


ILIZWI ELITHETHIWEYO

YIMBEWU YEMVELO ¹

 Enkosi, Mzalwana Neville. Sizakuba nenkonzo yobhaptizo phakathi kwexesha? [UMzalwana uNeville uthi, “Kwamsinya emva kokuba ugqibile.”—Mhl.] Emva kokuba ndigqibile. Kulungile? Uh-huh.

² Molweni ngalentsasa, zihlobo. Kuluvuyo ukubalapha! Kwaye ngalentsasa siqalisa ngethuba kancinci. Kwaye ukuxolisa ukungaboni indawo eyaneleyo yokuhlalisa abantu. Kwaye ndiyazi kunzima kuni ukuma. Kwaye ndichazile, ngalentsasa, ukuba eli iyakuba lixesha lokuba xa ndifuna ukuba nexesha elininzi. Kwaye ndiyacinga kuyakuba mnandi kakhulu, ndawonye, njengokuba inkonzo iqhubeka, okokuba ukuba abanye bangahlala phantsi, abanye bame, uhlobo oluthile lokuphumlisa omnye nomnye. Kwaye ukuba ufuna ukuphumela ngaphandle uze ujikeleze nje ithutyana, khumbula, ekubeni iyinkonzo ende, i—iyakuba kokulungileyo gqibeleleyo. Ngoko singatshintshiselana. Kwaye ngoku ba . . .

³ Siyazi bakwinkqubo yokwakha, apha emnqubeni, kwesakhiwo esikhulu kunye necawa enkulu enokuba negumbi elaneleyo lokuhlalisa. Kwaye ndiyacinga ukuba inkonzo apha ingahlalisa kuphela amakhulu amabini anamashumi amahlanu, amakhulu amathathu abantu. Kwaye mhlawumbi kukho ikhulu ngaphezulu kunoko elikhoyo ngaphakathi apha. Ke iya . . . Kwaye ndiyeza ndingene, ndibone abantu beqhuba besihla benyuka, bengenakufumana ndawo yokumisa imoto, jikelele. Kwaye—kwaye, kakade, xa besiya phaya emnyango baze babone iholo liphuphuma, neendonga ziphuphuma, nanjalo njalo, kunye nabantu, ngoko, konke eqongeni nanjalo njalo, ngoko ba—bayemka. Kwaye sifuna wonke ubani awuve uMyalazo weNkosi, njengoko sizama ukuWuzisa.

⁴ Ndifuna ukupapasha ukuba, kwamsinya, ndiyakuzama ukuthetha de kube yintsimbi yeshumi elinambini. Kuze emva koko . . . Kwaye ndiyakunqumamisa ngeshumi elinesibini, kwaye oko kuyakunika wonke ubani ixesha lokuya kufuna into edliwayo. Ngeli xesha, umlungiseleli, umalusi, uMzalwana uNeville apha, uyakuba nenkonzo yobhaptizo ngeli xesha. Kwaye—kwaye nina bantu abaphumayo niyokuthenga into etyiwayo, kwaye emva koko siyakubuyela. Kwaye ndiyakuzama ukuba sepulpitini ngqo ngentsimbi yesibini, ndize emva koko ndiqhubeka ngalemvakwemini.

⁵ Kwaye bendisemthandazweni kakhulu ngale veiki. Kwaye be—bendingenakho nditsho ukugqiba ukuba bendingafumananga kuqunyulwa mhlawumbi isine sawo, okanye mhlawumbi isithathu, kude, koko ndinqwenela ukukutsho ebantwini. Ngoku, ke, siyanibulela ngentsebenziswano yenu entle yokuza emihlanganweni, kunye—kunye noko nisenzele kona, nokusinceda nokusithandazela.

⁶ Kwaye ndibe nenyhweba, kumathuba ambalwa agqithileyo, ukuthetha kwindoda endala nomfazi, eyi... Sibazi njengoMzalwana noDade Kidd, ababenyanisekile kakhulu ukuhla kuyo iminyaka. Kwaye bemile imizuzu embalwa egqithileyo. Ndibaxelele ukuba beze ngapha, bendifuna ukubabona umzuzu. Kwaye enjani inyhweba ebe iyiyo yokuthetha kubantu abadala, ababeshumayela iVangeli ngelixa ndandise lu—lusana. Kwaye ezukileyo iVangeli iya isiba ngcono ngalo lonke ixesha, njengoko sisondela esiphelweni sendlela.

⁷ Kwaye ngoku kukho amalaphu okuthandazelwa alele apha, kwaye ndifuna ukuthandaza phezu kwawo, emva kwethutyana. Kwaye ngoku masithobise nje iintloko zethu umzuzu ukwenzela ilizwi lomthandazo.

⁸ Bawo Wethu waseZulwini, Utshilo eLizwini Lakho, “Ukuba Ndiyaphakanyiselwa phezulu ukusuka emhlabeni, Ndiyakubatsalela kuM bonke abantu.” Kwaye oko yinjongo yethu ebomini, kukuphakamisa, phambi kwesizukulwana esifayo sabantu, okokuba uYesu Kristu usenguNyana kaThixo, uMsindisi wehlabathi. Kwaye ndivuya kakhulu ukwazi ukuba ndiphila apho kukho abantu abakukholelwayo oko, kwaye ndawonye namawaka wabamamkeleyo Yena njengoMsindisi wabo.

⁹ Kwaye ukwazi, ukuba, emva kobubomi bugqityiwe, kuyakubakho ubomi kwelinye icala, obuyakuba luzuko olukhulu, ukuba oku kubulaleka kunye neeyure ezimbalwa esigqitha kuzo, lemithunzi kunye namathunzi obomi apha kumhlaba wovavanyo, okuba singena nje kwindlela yesijikelezi langa ngoku, silinde ubalo olubheka ezantsi. Ngokuba, kwamsinya kuyakufika ixesha apho xa ixesha likaThixo lizalisekile, ingalo enkulu ebambezele ixesha kade kangaka, iyakuyeka kwaye iBandla Lakhe liyakunduluka limke kulomhlaba, esithubeni, ngaphandle ngaphaya kuMhlaba apho kungasayi kubakho kugula, ntsizi, kuguga, kufa. Yilonto sihlanganise namhlanje, Nkosi, kukuvakalisa imvakalelo zethu malunga nezi zinto.

¹⁰ Sivuya kakhulu ukwazi ukuba oku asikokuzisa nje abantu elizeni; okokuba iqinisekisiwe inene enkulu kakhulu ihlabathi elakhe layazi, eyokuba uNyana kaThixo akafanga, Owenze izithembiso, kodwa uyaphila phakathi kwethu

ngonaphakade. Kwaye sivuya kakhulu ngale ntsasa, Nkosi, ngaphezu kweento zonke, nakubeni singabanikazi behlabathi kwaye sinokuba batsha amakhulu eminyaka, siyonwabele, kodwa iyakuba yeyexeshana nje xa ithelekiswa nexesha elilindele abo bamthandayo Yena. Ke, sizama ukukhombisa umzalwana nodade wethu kule yure inkulu esizelayo. Kwaye njengokuba sibona elaxesha lisiza, Nkosi, iintliziyo zethu ziyavutha. Sifuna ukulungiselela.

¹¹ Kwaye omnye nomnye siyehla ngendlela. Sisandula nje ukungcwaba omnye phakathi kwethu. Udadewethu Bell, umke msinyane, ngokwesicelo sakhe; msinya kakhulu, asikhange sibe nakho ukufika kuye, ukuba sithandaze naye. Kodwa ibisisicelo sakhe ukuhamba, ukubona Ulunge kangakanani ekusinikeni konke esithi sikunqwenele ezintliziyweni zethu. Akushiya nenye kuzo. Uyithembisile.

¹² Ngoku, siyathandaza ukuba Uyakuzisa iintliziyo ukuba zikuqonde Wena namhlanje, ezo zingakuqondiyo Wena. Zisa aboni enguqukweni, zisa abantu abagulayo kwimpiliso yolwazi kaThixo. Owu Thixo, sikelela abathanjiswa Bakho kwaye ubophe iintliziyo zabo zidibane. Kwaye njengoko eziteyiphu ziphuma zisiya kwi—kwizixeko namabandla, konke ngaphandle ngezizwe kwihlabathi jikelele, banga abazalwana abalungiselelayo, abathe mhlawumbi abaqonda, baqonde ngoku, ukuze iBandla Lakho libe nokulungela.

¹³ Kwaye ngoku, Owu Nkosi, Ondahlukanisileyo kumama wam, Ondondlileyo zonke iintsuku zobomi bam, undizise kule yure; ngenceba Yakho, ndiva ukuba ibiyintando Yakho yokuba ndicacise ebantwini, kutheni ndenze kwaye ndenza ngendlela endenze ngayo, yanga ingaba ngendlela apho abantu bayakuba nokuqonda okungcono, Nkosi, ukungaqheleki kwabakhonzi Bakho. Siphe ezi zinto, Bawo. Kwaye ezi Zibhalo, kunye nesiqandwana kunye namazwi esiwabhalileyo apha ngaleveki, sithandaza kwaye sifunda, anga angawela kumhlaba olungileyo naphina apho aviwa khona, umhlaba onokuwagcina kwaye uwakhulise. Kwaye emva koko uzuko lonke luyakunikezwa kuWe, kuba sikucela eGameni likaYesu. Amen.

¹⁴ Kubantu abangaphandle ezimotweni, abangenakho ukungena, ndincamathisele isixhobo apha ngoku. Kwaye vulela unomathotholo wakho kwishumi elinanye-mashumi mahlanu, ishumi elinanye-mashumi mahlanu, kwaye uyakuwufumana uMyalezo kanye kunomathotholo wemoto yakho. Ngoku, ingaba luqhagamshelo olu apha? Luvuliwe, ingaba, ukwenzela ii—iiteyiphu?

¹⁵ Ngoku, kwizihlobo zam zonke, abalapha kunye naphina apho eziteyiphu zingaya khona, ndiziva ndinetyala ebantwini, lokucacisa ngezinto ezininzi endizithethileyo nendizenzileyo. Amaxesha amaninzi kakhulu, abantu bazile kum, baza bathi,

“Umalusi wethu uthi...Kutheni uyenzile *lanto*, Mzalwana Branham? Kutheni uyitshilo *lento*? Kwaye yintoni ekwenza uyenze *ngalendlela*?” Ngoku, ngentliziyo yam yonke, yonke into endiyenzileyo, ndiyenze ngenjongo ezilunge kakhulu endizaziyo. Kwaye yonke into endiyithethileyo, ndiyithethe iphuma entliziyweni yam. Kwaye ndiyenze ngenjongo. Kwaye ndiyakuzama, ngale ntsasa, ngoncedo lukaThixo, ndicacise ngokweBhayibhile injongo, nokuba kutheni ndiyenzile.

¹⁶ Kwaye ngoku phaya, mhlawumbi, kwiqula labantu lomlinganiso ongaka, kukho mhlawumbi abaninzi abalungiseleli abahleli apha. Kwaye kuyakubakho abaninzi abayakuva oku. Kwaye ndinqwenela ukuba besinexesha elaneleyo lokuba ndi...ndibeke konke endithe ndacinga ngako, sikubeke ngokwesibhalo, sizise Izibhalo, gxebe, e—ebantwini. Kodwa, kubazalwana bam, nakubeni ningangavumelani kunye nam; ngoku ndithetha ngokubini apha nakwiiteyiphu. Usenokuba akuvumelananga kunye nam, kangako, ngenxa ye...ngento endimi kuyo ngokubhekiselele koko ndicinga ukuba kulungile. Kwaye unelungelo lokungavumelani nam, njengoko unokuyibona ngokwahlukileyo. Kodwa ndiyathemba ukuba mna, ngoncedo lukaThixo ngale ntsasa, ndiyakuba nakho ukukubonisa isizathu sokuba kutheni ndime koku. Kwaye andi—andizange... .

¹⁷ Kubekho amaxesha amaninzi endithe ndangxolisa amabandla, amahlelo, ukunxiba kwabafazi, nokwenza kwamadoda. Ndinga ukuba ndikuxhase ngokupheleleyo oko ngeSibhalo. Kwaye zange nangelye ixesha, uThixo uyayazi intliziyo yam, ukuba zange ndibe nemvakalelo embi ngokubhekiselele nakubani. Akukhathaliseki nokuba abavumelani nam, kangangeMpuma ukusuka eNtshona, ndisabathanda. Kwaye okoko ndisenoMoya kaThixo kum, ndiyakusoloko ndilithanda iBandla Lakhe, abantu Bakhe. Akukhathaliseki nokuba benza ntoni, okanye bandiphatha njani, oko akusayi kuba nanto yakwenza nayo. Ndisabathanda.

¹⁸ Ndikhumbula, ngelye ixesha indoda ebizwa ngoMoses. Abo bantu qho, siyakuyibiza ngokwentetho yethu yasamazantsi, bamchaphukisa yena, nje baqhubeka nokumgcina ehamba, yonke into inokumbombozela okanye ukukhalaza, nanjalo njalo. Kodwa, uMoses, xa yafika emboniselweni, xa uThixo wathi, “Zahlule kubo, ngoba Ndzakuthabatha wena ndiqale isizwe,” uMoses wazilahlela endleleni yomsindo kaThixo. Wathi, “Bulala mna, hayi abantu,” abo wababiza abaqhankqalazi, abavukela uThixo kunye naye. Kodwa, wayebathanda kakhulu de wathi, “Bulala mna, ubasindise bona.” Lowo yayinguKristu kuMoses.

¹⁹ Kwaye ukuba indoda, akukhathaliseki nokuba omnye ongomnye akavumelani kangakanani nayo, ukuba

akaziva ngala ndlela, ngoko kukho ukusilela kukaKristu, ndiyakholwa, ukuba okusuka entliziyweni yakhe (hayi imilebe yakhe, kodwa intliziyo) ukuba akaziva ngala ndlela ngokubhekiselele eluntwini.

²⁰ Ndandimangalisiwe ngelinye ixesha, hayi nje ukwenzela ukonwabisa ngelixesha. Kodwa kwakukho u—umhlangano eChicago, kwaye indoda yebala yayihleli apho, yaqhubekeka isithi, “Ndifuna ukubona uGqr. Branham.” Yayinomnqwazi omkhulu iwuthwele, iminqamlezo emikhulu, isibhozo okanye ishumi lee intshi ubude nobubanzi, ukunqamleza isifuba sayo, kunye nezambatho, kwaye inxibe ngokungaqhelekanga kakhulu, kunye nemisesane engaqhelekanga neendevu, nanjalo njalo. Ndaxelela uMzalwala uBaxter, owayengumncedisi wam, “Mxelele. Mzise egumbini. Ndi—ndiya—ndiyakumbona.”

²¹ Kwaye yahlala nam, yaze yathi, “Ndingakubiza njengo ‘bawo,’ okanye njengo ‘mhlonitshwa,’ okanye njengo ‘mdala’? Okanye ungathanda ndikubize njani?”

²² Ndathi, “Ukuba uyandithanda, ndibize ‘mzalwana.’” Kwaye yona, ngentlonipho, yenza njalo.

²³ Waze wandinika isihlonipho sakhe, esokuba, owu, ndiyakuthabatha imigca embalwa ukusibhala ephepheni, izihlonipho zegama lecawa, kunye nesihlonipho sakhe ecaweni. Kodwa yatsho into enye eyasoloko indihleli. Yathi, “Ndinomdla koku, Mzalwana Branham. Ndi. . .” Yandixelela eyayinomdla kuko, ecaweni yayo kunye nezi zinto. Yathi, “Mna ndinomdla kuhlanga olunye,” yathi, “olo luhlanga loluntu.”

Ndathi, “Apho siyakuxhawulana izandla.”

²⁴ Uhlanga loluntu, kuye wonke umntu, kuyo yonke inkolo, kulo lonke ibala, nakuye wonke umntu athe uKristu wamfela, lowo ngumnqweno wam ngale ntsasa. Kwaye ndizamile ukusoloko ndikwenza umnqweno wam—umnqweno wam.

²⁵ Ngoku ndifuna ukufunda. Kwaye—kwaye emva koko nje. . . andijonganga kushumayela, ngokuba iyakuba mhlawumbi kancinci, oko ndinako apha ukukutsho, kuyakundithatha mhlawumbi iiyure ezine okanye ezintlanu. Ke emva kwamalunga neeyure ezimbini ngoku, emva koko siyakunqumama size siye kwisidlo, emva koko sibuye ngentsimbi yesibini, malunga. Yibani lapha phambi kweyesibini, ngoba ndifuna ukuqalisa ngqo ngeyesibini. Yibani lapha malunga necala emva kweyokuqala, ukuba ninganakho. Ngoko siyakuphuma ngexesha ngobubusuku.

²⁶ Kufanele ndimke ngale mvakwemini, noko, ukuya eTifton, eGeorgia, apho ndimmelwe ukuba ndibe nenkonzo ngomso ebusuku, kunye negumbi lesikolo lentlangano apho, nje inkonzo yokushumayela. Kwaye emva koko ukusuka apho, andazi, nje apho Andikhokelela khona ukusuka apho.

Iindawo ezininzi, uMzalwana Arganbright kunye nabo batsale umnxeba osuka phesheya kolwandle, ukuba kuqaliswe ngokukhawuleza khona phaya; konke ukunqumleza iNtshona, ngaphandle ukuya eCanada, ihlabathi jikelele. Kodwa ndiya...niyakuyazi...kholwani...

²⁷ Ndiyakholelwa uyakwazi ngcono emva kokuba ndigqibile. Ukuba uThixo uyakundinceda ukuba ndiyizise kuni ngendlela ebinikezelwe ngayo kum, ngoko, emva kwenkonzo, niyakuyiquqonda, ndiyathemba. Kwaye emva koko ukuba kukho nawuphi umbuzo, enithi ningawuqondi, ndiyakunicela nize neencwadi zenu. Kwaye—kwaye emva koko nina ninezishicileli-mazwi, ningafumana iteyiphu nize nizibeke emakhayeni enu, nize nihlale phantsi ngentliziyo evulekileyo, nje intliziyo evulekileyo. Yondlale nje, uthi, “Nkosi, ndiphumlile nje ngoku. Ndizakuphulaphula.” Kwaye emva koko xa ubambe into ethile, vala isishicileli uze uye kuthabatha iSibhalo.

²⁸ Kwaye iBhayibhile ithe, uYesu uthe, “Zizo Zona ezingqina ngaM.” Yabona? Kwaye masijonge ngeSibhalo size sibone ukuba ilungile yonke. Ngoku ndifuna ukuvula...

²⁹ [Umntu othile uthetha kuMzalwana Branham—Mhl.] Uxolo? Kanye *apha*. Ebandibonisa owahlukileyo umboko wokuthetha emandiwusebenzise. Kukho emininzi yayo ngalentsasa, andazi ngowuphi emandiqale kuwo.

³⁰ Ngoku masityhile eSibhalweni. Ndizakuqala kwiGenesis, kwaye ndiyidibanise ngobubusuku kwiSityhilelo. Ndiyalikholwa iLizwi. Genesis, siqalisa kwisahluko soku-1, ndingathanda ukufunda indawana yeLizwi. Kwaye ngoku ukuba umntu othile angathanda, umntu othile ukuthabatha i...ufumane ipensile kunye namaphepha, nanjalo njalo, ngoba ndineZibhalo ezininzi. Ndifuna ukuqhubeka ndifunda ngalo lonke ixesha kwezi ziBhalo.

Ekuqalekeni uThixo wadala amazulu no...mhlaba.

Ke ehlabathini kwakusenyanyeni, kuselubala; kwakumnyama phezu kwamanzi enzonzibila. Kwaye uMoya kaThixo wafukama phezu kwamanzi lawo.

Wathi uThixo, Makubekho ukukhanya: kwabakho ukukhanya.

Wakubona ke uThixo ukukhanya, ukuba kulungile: waza uThixo wahlula...phakathi kokukhanya nobumnyama.

Wathi uThixo ukukhanya yiMini, wathi ubumnyama buBusuku. Kwahlwa kwasa yangumhla wokuqala.

Waza wathi uThixo, makubekho i...isibhakabhaka phakathi kwawo amanzi, kwaye sahlule amanzi ku—kumanzi.

Wasenza uThixo isibhakabhaka, wawahlula amanzi angaphantsi kwesibhakabhaka kuwo amanzi angaphezulu kwesibhakabhaka: kwaye kwaba njalo.

Waza uThixo wazibiza izibhakabhaka iZulu. Kwahlwa kwasa yangumhla wesibini.

...Wathi uThixo, Amanzi angaphantsi kwamazulu makahlanganiselwe ndaweni-nye, kubonakale umhlaba owomileyo: kwaye kwaba njalo.

Waza uThixo wawubiza umhlaba owomileyo iHlabathi; kwaye intlanganisela yamanzi wayibiza...yabizwa nguye uLwandle: kwaye wakubona uThixo ukuba kulungile.

Wathi uThixo, Umhlaba mawuvelise ingca, kunye nemifuno...nembewu, kunye nomthi wesiqhamo uvelise isiqhamo ngokohlobo lwawo, embewu eyayikuwo, phezu komhlaba: kwaye kwabanjalo.

Kwaye umhlaba waphuma utyani, nemifuno, kwaye wavelisa imbewu ngokohlobo lwayo, kwaye imithi yavelisa isiqhamo, embewu yayikuwo, ngokohlobo lwayo: waza uThixo wakubona oko kulungile.

Kwahlwa kwasa yangumhla wesithathu.

³¹ Ngoku ndifuna ukuqalisa ngale ntsasa, kunye nesiqendwana sam, ukusebenzisa oku: *ILizwi Elithethiweyo YiMbewu Yemvelo*. Ngoku oko koko ndinqwenela ukubeka isiqendwana khona. *ILizwi Elithethiweyo YiMbewu Yemvelo*. Ngoku ukuba niyaqaphela, uThixo wathi, “Mayivelise eyayo, ngokohlobo lwayo.” Nokuba yayiyintoni na, kufanele iveliswe ngokohlobo lwayo.

³² Ngoku, eli Lizwi likaThixo linguNaphakade. UThixo, ekubeni engongenasiphelo, akanakuthetha into aze emva koko, mva, ayiguqulele kwinto ethile engenye, kwisigqibo esingcono. Ngokuba, sonke isigqibo sikaThixo sigqibelele. Akanakho. Ekubeni iLizwi Lakhe lithethiwe kwaba kanye, Alisokuze life. Liyaphila oko, oko, oko, kwaye alisokuze life, ngokuba LinguThixo. ILizwi Lakhe alisokuze life kunokuba Enokufa. Seso sizathu sifunda kuYohane wokuQala okanye...uYohane oNgcwele, isahluko soku-1, okokuba, “Ekuqalekeni ebekho uLizwi, kwaye uLizwi ekuye uThixo, kwaye uLizwi enguThixo. Kwaye uLizwi wenziwa inyama.” ILizwi elinye elathethwayo ekuqalekeni, kunye nenjongo Yakhe engunaphakade, leza kwaye lenziwa inyama laza lahlala phakathi kwethu. ILizwi likaThixo!

³³ Kwiminyaka ethile egqithileyo, ndeva ukuba umfazi...Ngoku, le ingangabi yeyenene. Wakhotha ulwimi lwakhe kwiradium [isiqalelo esithile esisasaza imitha—Mguq.] xa wayeyixuba, ukuba ayibeke ezindaweni zokucofa iiwotshi

ezinkulu neewotshi ezincinci; yambulala umfazi. Kwaye emva kweminyaka mva, kugcinwe ukhakhayi lwakhe ukwenzela uxilongo, njengoko, bathi ungathatha izixhobo, nokuba yintoni abayisebenzisayo, uyibeke yoyame ngolwakhakhayi lwethambo, kwaye, kunye no—nokudidizela, ungayiva futhi laradium iqhubekeka, kukhakhayi lwakhe, emva kokuba ebefile, iminyaka. Iradium iyaqhubekeka oko.

ILizwi likaThixo liyaqhubekeka oko.

³⁴ Ndixelelwe, okokuba ukuba singachola isixhobo esinolibamba, oko lilizwi lomntu, ilizwi lam endilithethayo namhlanje, amashumi amawaka eminyaka ukusuka ngoku linokubanjwa emoyeni. Njengokuwisa igqabi embindini wechibi. Kwaye intwanana yamancinci amaza, emva kokuba engakhange abonwa liliso, aqhubekeka ade abethe unxweme. Kwaye iliza lomoya lamazwi ethu liqhubekeka lihamba jikelele najikelele ehlabathini. Ngenxa yoko, ngoko, ilizwi lethu, oko sikutshoyo, kuyakuba ngumgwebo wethu. Ubungqina bethu buyakuma ngokuchasene nathi. Amazwi ethu ayakuphinda ukuvakala ezindlebeni zethu, kwiSihlalo soMgwebo sikaThixo, xa esikhulu isixhobo Sakhe sibambisa lonke ilizwi elithethiweyo, lonke ilizwi elindumzelweyo.

³⁵ Kwaye ngoku kukho kuphela indlela enye yokunqanda elalizwi elingalunganga, oko kuku, guku. UThixo yedwa angalinganda. Ukuba ayenzeki, liyaqhubekeka lize lidibane nawe kuNaphakade. Ngenxa yoko, uThixo, ekubeni egqibelele, kwaye neLizwi Lakhe linguNaphakade, iLizwi ElileLakhe liyakufanela lilibambe. Ngenxa yoko, kufanele Agqibelele kuso sonke isigqibo, ngokuba, xa Athe watsho into ethile, kufanele Ithambe yonke indlela ize ibuyele eMgwebeni.

³⁶ Ngoku ukuba uyakuqonda ngenene, okanye uzame ukwenza, uyakubona ukuba kutheni ndisoloko ndisima kunye neLizwi likaThixo, endinalo; ngokuba zonke ezinye izinto mazibhange. UThixo nguNaphakade, kwaye iLizwi Lakhe linguNaphakade. Ngoku, njengoko ufundisisa...Kwaye ndiyakuzama ukuthetha nje ngokobude endinokuba nakho, ukuze ube nokuwafumana amazwi, kwaye ndikwenza oko ngenxa yeeteyiphu nazo. Ukuze, wazi ukuba leBhayibhile liLizwi likaThixo.

³⁷ Ngoku, siyazi ukuba siza eMgwebeni, nokuba iZwi likaThixo lizakusifumana, ndaweni ithile, ngokuba Lanikezelwa kwisidalwa sonke esifayo ukuba silive. Abalungiseleli banoxanduva lokuthabatha Lona. Kwaye ukuba eli Zwi likaThixo kufanele lifumane wonke umntu, ngoko si...kufanele ulive Lona, nokuba kulapha okanye kwiSihlalo soMgwebo.

³⁸ Ke, ukuba ibandla lineliZwi likaThixo, emva koko uze uve izwi lebandla, njengesikuxelelwa ngabantu bethu baseRoman

Catholic. Kwaye xa, kubo, bebhidekile kakhulu neyantlukwano kwimfundiso yabo, ubuRoma, ubuGrike, kunye neentlobo ezahlukileyo, ngoko akunakubakho nanye indawo yokuba nokholo. Ngokuba, yeyiphi eliBandla? Ingaba ibandla lobuRoma lichanekile, okanye ingaba ibandla lobuGrike lichanekile, okanye ingaba ezinye zamabandla zilungile? Ingaba amaLutere alungile, amaBhaptizi alungile, maWisile alungile, maRhabe achanekile? Okanye, ngubani olungileyo, xa kukho eninzi iyantlukwano phakathi kwabo? Omnye uqelelene kakhulu njengeMpuma kwiNtshona, ukusuka komnye.

³⁹ Kodwa, kolwam uluvo, iZwi likaThixo nguMgwebi. Ke, iZwi likaThixo, kwaye ukuba Ligqibelele kakhulu, kufanele Liphume kumthombo ogqibeleleyo.

⁴⁰ Kwaye ukuba umntu uyizisa ngandlela ithile kunye nenye indlela, kunye nezantlukwano zabo zamahlelo, ngoko akukho—akukho ndlela yokubeka ukholo ngokuqinisekileyo koko bakutshoyo. Ndiyathemba okolo kucacile. Yabona? Ngokuba, kwaye ukuba omnye uthi *iyilendlela*, omnye uthi, “Kufanele ujoyine *lecawa*. *Le cawa*, kuphela, enosindiso.” Leyo yinguqulelo yobuKatolika. UbuLutere buyeza buthi buyindlela. Naku kusiza ecaleni iWisile kunye nento ethile engenye, iBhaptizi kunye nento ethile engenye, eyakwaMoya kunye nento ethile engenye. Kwaye kubonakala kungumbhodamo omkhulu.

⁴¹ Ngoko, xa uthabatha eliLizwi libhaliweyo ulisa kubazalwana bethu, abaninzi babo bathi, “Kulungile, ezo ntsuku azisekho ngoku.” Omnye uthi, “Yimbali nje.” Omnye uthi, “Yincwadi yemibongo.” Omnye uthi, “Ibandla linelungelo lokuyiguqula.” Ngoko kuphi apho simi khona? Iphi indawo yokuphumisa ukholo lwethu?

⁴² Xa, uThixo, ekubeni enguNaphakade...ndiyakholwa, ukuba kufanele sigwetywe, kwaye sisoloko sinako, okokuba ukuba kufanelwe sigwetywe nangayiphi into, iyakufanela ibe ngeLizwi likaThixo elinike umyalelo.

⁴³ Ngoko, ukuba kufanele sigwetywe ngela Lizwi, ngoko uThixo uyakuba ngongelolungisa uThixo, ukubeka onjeya umbhodamo ehlabathini, kwaye ubuhlwempu bengqondo yomntu ididekile kakhulu, ayazi emayikwenze. Kwaye omnye uyakujoyina *lena*, emva koko ajoyine *leya*. Ihlwempu lomfo ezama ukucinga, uzama ukufumana indawo elungileyo, uyakuphulaphula *kwelihlelo*, emva koko uyakuphulaphula kwelinye ihlelo. Kwaye *eli* likhangeleka ngcono *kuneliya*; uyakuya. Kwaye, into yokuqala, ubuyela emva kwelokuqala kwakhona. Akazi nje amakakwenze.

⁴⁴ Kodwa ukuba uThixo uzakugweba ihlabathi ngento ethile, iyakuba ngeLizwi Lakhe. Ndiyakukholelwa oko.

45 Kwaye, ngoku, bazalwana bam. Ngoku, xa ndikutsho oko, andithethi kuphela eliqela lincinci apha ngale ntsasa, kodwa ndithetha apho ezi teyiphu ziyakuthunyelwa khona kwihlabathi jikelele. Ndi—ndinqwenela ukuba niyakundinyamezela ithutyana, nize nicinge ngoko, ukuba kufanele kubekho indawo ezisa isiGwebu.

46 Ngoko abanye babo bathi, “Inguqulelo ka King James, okanye ethile engenye inguqulelo. Kwaye ngoku benza i—inguqulelo eseMgangathweni, okanye into ethile.”

47 Ndiyakholwa, ukuba uThixo nguThixo ozimele-geqe, njengoko Enjalo, OnguNaphakade, kufanele Ayihoye. Kuxhomekeke kuYe. Ukuba ndifuna ukuya eZulwini, kwindawo Yakhe, kuxhomekeke kuYe ukundilungiselela indawo apho ndiyakukwazi emandikwenze, ndaweni ithile apho ungabeka isandla sakho uthi, “Lena Yiyo.” Niyavumelana noko? [IBandla lithi, “Amen.”—Mhl.] Kufanele . . . Ixhomekeke kuYe.

48 Uyakuba ngongelolungisa . . . Ukuba ndithe, “Nkosi, bendingumLutere,” kwaye omnye wathi, “Kulungile, be—bendingumKatolika.” Kulungile, nabo ababini bakho, bekhazazelana omnye nomnye. Ngoku, yintoni indoda elihlwempu ezakuyenza? Kulungile, kungathini ukuba ibandla lobuKatolika lilungile? Ngoko onke amaLutere alahlekile. Kutheni, ukuba amaLutere achanekile, onke amaKatolika alahlekile.

49 Yabona, kufanele ube nendawo apho ukholo lungafumana indawo yokuphumla kwalo. Kwaye kum . . . andazi ukuva nina niva kanjani malunga nayo. Kodwa, kum, iBhayibhile lelingenakuphosisa iLizwi likaThixo. Kwaye ndiyakholwa ukuba uThixo ulijongile iLizwi Lakhe, okokuba kungabikho nanye ethethiweyo esecaleni.

50 Intombi yam emva phaya, uRebekah, wayesithi, “Tata, esikolweni siyipuhlisile ukuba i . . . okokuba izigidi ngezigidi zeminyaka eli hlabathi lilidala. Ngoko akuchasenanga oko eBhayibhileni?”

“Hayi, mhlekazi,” ndatsho. “Ayinjalo.”

51 “Kulungile,” wathi, “ukuba i—isifundo esahlukileyo samatye nokubunjwa, kunye nekalika elengalenga emqolombeni kunye nekalika ethontsizelwa phantsi kunye nanjalo njalo, ibonakalisa njalo, ukuthontsiza, izigidi zeminyaka, kwaye uThixo wathi Wenza amazulu nomhlaba ngenye iyure engamashumi amabini anesine, ingaba ayiyiphikisi lonto, ukuyichasa iBhayibhile?”

Ndathi, “Hayi.”

52 Ukuba uyakuqwalasela, uThixo exelela uMoses malunga neBhayibhile, Wathi, “Ekuqalekeni uThixo wadala amazulu

nomhlaba.” Qwaba! Yathatha ixesha elingakanani, asiyondaba yethu leyo. Ngoko Waqhubekeka waqalisa ukuzisa ngexesha Lakhe lokubeka imbewu emhlabeni. Kodwa, “Ekuqalekeni,” isenokuba yayingamakhulu ezigidi zezigidi zeminyaka, ixesha elide kakhulu, kodwa, “UThixo wadala amazulu nomhlaba.” Qwaba! Igqityiwe. Elo linyathelo lokuqala. Yabona? Akenzi mpazamo.

⁵³ UPawulos, umshumayeli omkhulu, wathi, waxelela uTimoti uku, “Funda, ukuzibonakalisa, ngokulungileyo wahlule iLizwi likaThixo.” Lifunde Lona, ngentliziyo evulekileyo. Kwaye yilonto endizama ukuyenza.

⁵⁴ Ngoku, ngokholo lwam eLizwini ngolwahlobo, ngoko andinakuthabatha toliko lwabucala, ngokuba iBhayibhile itsho ukuthi iBhayibhile ayiyoyakuzicombululela. Ngoku uMoya utyhile nje oko. Ndiyasazi iSibhalo, kodwa ngoku andazi kanye ngqo apho ikhoyo eSibhalweni. Kodwa, nina eniyibhala phantsi, uyakuyifumana. Ndinga ikuPetros, ukuba, “IBhayibhile ayiyoyakuzicombululela.” Ngenxa yoko, ukuba umbhali ophefumlelweyo wathi, kwaye ukuba Oko akulunganga, ngoko kubekelaphi ezinye indawo zaSo ukungalungi? Kungabe konke kulungile okanye konke akulunganga. Akunakuyenza Yona ibe yenye into.

⁵⁵ Ke, wena, “Kulungile, malunga necawa,” uthi, “kulungile, ngoko, ibandla!” Hayi. Ukuba uya ecaweni, ngoko leliphu ibandla elungileyo? Leliphu ibandla elilungileyo? Yabona?

⁵⁶ Kufanele ubuyele emva kwakhona kwinto ethile olunokuphumla kuyo ukholo. Kwaye, kolwam, kuseLizwini likaThixo, ukukholelwa ukuba leBhayibhile yinkqubo kaThixo eyenzelwa abantu. Yasoloko injalo!

⁵⁷ UYesu wathi, “IZibhalo kufanelwe zizaliseke,” into yokuba, oko, “konke okubhaliweyo eZibhalweni.” Ngoku kugcine oku engqondweni, ngoba ufumana iteyiphu ngoku. Ekupheleni kweziteyiphu, uyakufumana ndibuyela emva kokuya kwakhona, ukuba konke okuseZibhalweni kufanele kuzaliseke. Ngoku mandikuyeke oku kuzike nje umzuzwana, klasi. Yabona? Konke okuseziBhalweni kufanele kuzaliseke. Ngoko, ukuba uThixo uthethe nayiphi into, nantso ke, kufanele izaliseke.

⁵⁸ Okanye, ukuba ayinjalo, asiloLizwi likaThixo. Ngoko, ukuba lilo, elo asiloLizwi likaThixo, ngoko kuphi apho sikhoyo? Masifumane into ethile ekhangeleka ngathi nguThixo, okanye nantoni esifuna ukuyenza; njengoko iBhayibhile ithe, “Yidla, sela kwaye wonwabe, ngokuba ngomso siyafa.” Yabona? Ngoko, ukuba oko asiloLizwi likaThixo, ngoko sonke silahlekile.

⁵⁹ Kwaye ukuba liLizwi likaThixo, uThixo ngokuqinisekileyo ubophelelekile. UThixo, Lowo ungumthombo wayo yonke

intembeko, Ongusiqalo sentembeko, Oyimvelaphi yako konke ukuthembeka, Oyimvelaphi yayo yonke iNyaniso, kufanele Eme koko Akutshiloyo.

⁶⁰ Kwaye ukuba oku asiloLizwi likaThixo, ngoko ngubani uThixo, uphi uThixo, okanye ingaba ukhona uThixo?

⁶¹ “Owu,” uthi, “Mzalwana Branham, ndiyayiva.” Owu, i—ihedeni lingakuxelela into ekwanye, kwisithixo salo. Ukuhamba kwenza into kuwe, xa uyibona ngokwakho. “Ke ndi—ndiyakholwa ndingajonga kwaye ndibone *oku*.” Ewe. “Ndiyakholwa ukuba...ndi—ndiyakholwa ngokubanda—ndandiguqulwe *ngolu* hlobo. Ngokuba...” Ndiyakwenza oko, nako. Kodwa, khumbula, abahedeni benza kwa into enye.

⁶² Kutheni, izimilo zase Afrika ziyakukhithika...Abanye bazo ezontlanga ziyakwenza amaMerika apha, azibiza amaKristu, azive enentloni ngeziqo zawo, izimilo nokucoceka phakathi kwabantu abanqula izithixo zobuhedeni. Ke, “Mhlawumbi nguThixo?” Yabona ndithetha ntoni?

⁶³ U—uyabona, xa ujonge kuyo into ebusweni, kukho isangqa esikhulu apha ekufuneka usigqumile, ke kufanele ubenendawo ethile ukuze ubuye ubeke isandla sakho.

⁶⁴ Ngoku masithathe izibango zobuLutere; basilela. Masithabathe amabango eKatolika; bayasilela. Masithabathe ibango leBhaptizi, abakwaMoya; basilela. Ke akunakubeka igqiniseko kubo.

⁶⁵ Kodwa akukho nento enye ebhalwe kuleBhayibhile kodwa oko uThixo akuqinisekileyo, ngomntu othile, okokuba yiNyaniso. Yabona? YiNyaniso. Ndisoloko ndisithi, mhlawumbi ukholo lwam alunakukhwela apho u-Enoki wakhwelayo, kodwa ngokuqinisekileyo andinakuma endleleni yakhe nabani onokukhwela phaya, ukholo olukhulu.

⁶⁶ Ngoku, ukufumana lemvelaphi, ukuba, unobangela wokuba ndikholwa iBhayibhile. Kwaye kulapho ndithabatha khona isiqendwana sam.

⁶⁷ Ngoku, into elandelayo endifuna ukuyitsho, yokuba, andikholelwa ukuba iBhayibhile Iyaziphikisa. Ndikhe ndacela umngeni, kwihlabathi jikelele, nabaphi abantu, ababanga into enjalo, ukuba eze ayibonakalise kum. Yabona? Yiza, yibonakalise. IBhayibhile Ayiziphikisi. Nguwe ophikisa iBhayibhile. UThixo akanakuziphikisa Yena. Ukuba Uyayenza, ngoko AkangoThixo. Kwaye ukuba eli Lizwi nguThixo, ngoko, kwaye Liyaphikisana, ngoko wenza uThixo Aziphikise. Ngoko uphi uThixo wakho ngoko? Ibanokuba lukhuni, ayinjalo, intsonkothile? Ukuba uThixo Uyaziphikisa, Akakho ngaphezu kunokuba ndinjalo, okanye akakho ngaphezulu kunokuba unjalo, ngokuba Angaziphikisa. ILizwi liphaya, kodwa Lifihiwe emehlweni ezilumko nengqondi.

⁶⁸ Yilonto omnye esithi, ukuba, “Mateyu 28:19, phi, ‘Hambani niye kufundisa kuzo zonke iintlanga, nibabhaptize bona eGameni likaYise, Nyana, Moya oyiNgcwele.’ IZenzo 2:38 zithi, ‘Guqukani nize nibhaptizwe, iGama likaYesu.’ Kukuziphikisa.”

⁶⁹ Asikokuziphikisa. Wonke umntu owakhe wabhaptiza, kufanele abhaptizwe eGameni likaYise, Nyana, Moya oyiNgcwele. Kwaye ukuba akubhaptizwanga, usebenzisa iGama lika “Yesu Kristu,” akubhaptizelwanga eGameni likaYise, Nyana, Moya oyiNgcwele. Ubhaptizelwe kwizihloko ezithile ezisingisele eGameni. Ukuba oko ku... ayisosityihlelo silungileyo, ngoko iBhayibhile iyakuba yengalunganga xa Iqhubekeka kwaye wonke umntu ebhaptizelwe eGameni lika “Yesu Kristu.” Kodwa ukuba iBhayibhile, yabhaptiza, bonke ngamnye kubapostile, konke ukuhla ngesigaba, babhaptiza eGameni lika “Yesu Kristu,” emva kokuba uYesu ebayalele ukuba bababhaptize egameni lika “Yise, Nyana, Moya oyiNgcwele,” ngoko iBhayibhile ngokuqinisekileyo Iyaziphikisa. Kodwa ukuba ujongu kuYo, Ayinjalo. Benza kanye oko Wakutshoyo. Hayi izihloko; kodwa iGama! Ke, akukho kuphikisana.

⁷⁰ Zingaphi ezingaphezulu endinokuzitsala khona apha, endide ndazibhala phantsi, apho bathe abantu Ziyaziphikisa. Ndebuzile, iminyaka emashumi mabini anesihlanu, phantse amashumi amathathu ngoku, ukuba umntu othile andibonise. Ayikho phaya. Hayi, mhlekazi.

⁷¹ Iphaya, iNyaniso, yonke iNyaniso, kwaye hayi enye kuphela iNyaniso. Kwaye ukholo lwethu luphumle kanye phaya, kanye phaya koko uThixo akutshiloyo. Suku—sukuzama ukuYitolika. Yitsho nje ngendlela Etsho ngayo Yona. Sukubeka nanye inguqulelo eyeyakho. Kwaye ndiyakholwa ukuba akukho nanye engenye into.

⁷² Ngoku, ndiyathemba, ukuba oku kuvisa kabuhlungu, okokuba ayibhekiselelanga apho. Ndizama ukutsho kutheni ndikholwa koko ndikukholelwayo, kwaye nendlela endenze ngayo ngendlela endenze ngayo, ngezinto endizenzileyo. Ndizama ukuzibonisa ehlabathini, okokuba ndikwenzile oku ngokuba oku kukuzibophelela kwam.

⁷³ Ndiyakholwa ukuba naliphi ilizwi elongeziweyo kuleBhayibhile, kwaye nabanina onetyala lokuyenza lonto, isabelo sakhe siyakususwa kwiNcwadi yoBomi. Isityihlelo 21. “Nabanina oyakuthi ongeze koKu, okanye anciphise koKu.” Andikholelwa ukuba naluphi uvumo-nkolo, nawuphi umgaqo, nayiphi into engenye, kodwa kuphela ubuqu beLizwi likaThixo, licebo likaThixo. Nayiphi engenye into kukona, kwaye iyakohlwaywa, ize ilahleke ngoNaphakade; nabani, naluphi uvumo-nkolo, naliphi ihlelo, okanye nantoni eyakongeza kuyo okanye inciphise nenge ethethiweyo yeli Lizwi.

⁷⁴ UThixo, Ongengothixo wayizolo, obhale incwadi waze wayinikezela kwigquba lezandla zabantu, kwaye—kwaye ayenze ukuba ibhidise kwaye yonke engenye into, emva koko azokugweba ihlabathi ngala ncwadi.

⁷⁵ Kodwa uThixo obhale Yona, uyaphila, uphila kuYo, kwaye elingqinela iLizwi Lakhe. Ngoku, ekufundeni iiteyiphu, ndifuna ukufundisise okuya ngenene kanye phaya, okwa kuphawula. Yabona?

Ngoku, ndiqalisa kwiGenesis.

⁷⁶ Ndingaphaya kwiZityhilelo ngoku, ndikuhlanganisa oku, okokuba oku liLizwi likaThixo. Isityhilelo sithi, ukuba, “Nabanina oyakunciphisa kuLo okanye ongeze kuLo, kwalonto iyakuncitshiswa, isabelo sakhe, sisuswe kwiNcwadi yoBomi.” Ndifike eSibhalweni, ndiyicaphule, emva kwethuba. Izityhilelo, isahluko sokugqibela.

Eso sisahluko soku-1, siyabonisa ngoku. Intoni?

⁷⁷ Yintoni iLizwi? Ngoku, LinguNaphakade. Akufanele liphazanyiswe, longezwe, okanye kuncitshiswe kulo. Yabona? Akufanele liphazanyiswe. UThixo uyayijonga lonto. Akufuneki kongezwe, nantoni kuLo. Akukho nto inokususwa kuLo, ngokuba LinguNaphakade. Yabona?

⁷⁸ Ngoku, ngoku ukusekela ngaphezulu, ukukubonisa wena ukuba oko ndizama ukukutsho kuphakathi koku, Genesis ukuya kwiZityhilelo, Ayiyi kuxubana nénye engenye into. Ngoku, apha kulapho sizakwahlukana khona, ukusuka apha ukuya kwintsimbi yesihlanu ngale mvakwemini. Yabona? Apha kulapho sizakwahlukana khona. Bangaphi abaya kuvuma ukuba *Lena* yiNcwadi kaThixo yoMgwebo, okokuba siyakugwetywa ngokweLizwi likaThixo? [IBandla lithi, “Amen.”—Mhl.] “Ayisayi kongezelelwa, okanye kuncitshiswe kuyo.” Ngoku kutheni oku kwenziwe? Ngoku singena kuyo. Kutheni oku kwenziwe ngendlela ekrwada kangaka? Ngoku sizakuyifumana, phakathi kweGenesis neSityhilelo, kanye ezantsi kwixesha lethu, ezantsi kwamanye amaxesha.

⁷⁹ Ngoku, mandikwenze oko kucace kakhulu, ngenxa yeeteyiphu. Ngoku, emva kokuba ndinixelele kutheni ndilikholelwa iLizwi, kunye noko akutshiloyo uThixo malunga Nalo, kunye nendlela ekungafanelekanga ukuba kuncitshiswe okanye kongezelelwe kuLo, kuncitshiswe, ndifuna ukuya kwindawo yayo emfiliba, emxholweni wesisifundo side endithe ndasithabatha, ndize ndinicacisele, ndize ndinibonise okwenzekileyo. Emva koko ningabona isizathu sokuba ndikholelwe oko ndikukholelwayo. Yabona? Ngoku, Ayinakuxutyani, kwaye Ayisayi kuxubaniseka nénye into engenye. Ayisayi kuxubaniseka.

⁸⁰ Namhlanje yimini enkulu yokuxubanisa izilwanyana, ukhozo, ingqolowa, ukwenza engcono ngokukhangeleka imveliso, kodwa ayilunganga. Ibolile. Akukho bomi kuyo. Iyafa; ayinakuzivelisa kwakhona. Ifile.

⁸¹ Ngokuba, yonke into esinayo emhlabeni namhlanje, ikwimeko yayo yemvelo, lilizwi eLithethiweyo likaThixo.

⁸² Yilonto lambongolo, isilwanyana esizalwe ngobugqakhwe kunye nokuxutywa kwegazi, ayinakho ukuzivelisa izibuyise kwakhona. UThixo wenza ihashe, waza Wenza imbongolo...okanye wenza idonki. Uyazixubanisa kunye zombini, ufumana imbongolo. Ngumxube, ngenxa yoko ayinakho ukuzivelisa izibuyise.

⁸³ Sizakubetha imbewu yenyoka, emva kwethuba, ngoku. Ayinakho ukuzivelisa izibuyise.

⁸⁴ Ngoku qaphela isiqendwana sam: *ILizwi EliThethiweyo Liyimbewu Yemvelo*. Ngoku ndifuna ukubonisa oko.

⁸⁵ Masityhile ngoku ngaphaya kuMateyu 24:35, nje ithutyana. Kwaye—kwaye njengoko siphanda ngeZibhalo, okwethutyana elincinane, kwaye ndiyakubona ukuba lingakanani ixesha esinalo. Kwaye ndifuna ukufunda apha iLizwi awalithethayo uYesu. Mateyu 24, kunye nomqolo 35. Isahluko 24, kunye nomqolo wama-35, ubonisa indlela elinguNaphakade ngalo eliLizwi, ebesithetha ngalo. “Inene...” 34.

Inene Ndithi kuni, Esi sizukulwana asiyi kudlula, zide zonke ezi zinto zizaliseke.

Amazulu nomhlaba ziyakudlula, kodwa amazwi am awayi kudlula.

⁸⁶ Ngoku, ungaxubanisa nantonina kunye nokuya ngoko? Ngoku, kwiNcwadi yeZityhilelo, isahluko sama-22 kunye nomqolo we-19, ndingathanda ukufunda oku. IZityhilelo, isahluko sama-22 kunye nomqolo we-19, kwaye ubone ukuba oku kuthini. Masiqalise ngomqolo we-18. “Kuba ndiyangqina kubantu bonke...” Ngoku khumbula, ukusuka kwiGenesis, apho Athethe iLizwi. Yabona?

Kuba ndiyangqina kubantu bonke (lowo ungumpristi, pope, bhishophu, umdala wesithili, okanye nantoni) abawevayo amazwi esiprofeto sale ncwadi, Xa athe nawuphi umntu wongeza kwezi zinto, uThixo uya kongeza kuye izibetho ezibhaliweyo kule ncwadi:

⁸⁷ Malunga naphi nemigaqo yenu? Malunga naphi neemvumo nkolo zenu ezingekho ngokwesibhalo eniphulaphula kuzo? Kuwo wonke amahlelo, akukho nalinye elimsulwa.

...ukuba ke uthe nawuphi umntu wasusa kuwo amazwi (athi asiyinto enye, uyazi, yabona)...kude,

amazwi encwadini yesi siprofeto, uThixo uya kususisa isabelo sakhe encwadini yobomi, nakuwo umzi ongcwele, nakuzo izinto ezibhaliweyo kule ncwadi.

⁸⁸ Nakubeni angaba ngumshumayeli, yabona, nakubeni angaba lilungu lecawa, bonke ubomi bakhe, nakubeni angaba ngubhishopu, okanye upopu; nabani na oyakususa iLizwi libe linye lalo *eli*, nje iLizwi elinye!

⁸⁹ Uyaqonda yayiliLizwi elinye awalithandabuzayo u-Eva, elabangela yonke ingxaki? ILizwi elithethiweyo elinye likaThixo, u-Eva wathandabuza ukuba yiNyaniso, kwaye yabangela konke ukugula, sonke isifo, lonke usana oluhluphekayo. Yabangela sonke isibhedlela ukuba sakiwe, lonke utyando olwakhe lwenziwa, konke ukufa okwakha kwafiwa, ngenxa yomntu omnye ukuba akholwe elinye... angakholelwa iLizwi elinye. Nako apho ukhoyo. Yintoni u-Eve awazama ukuyenza? Ukuyixubanisa Yona, ukuYixuba kunye nento ethile.

⁹⁰ Ufanele uYithabathe ngendlela uThixo Ayithethe ngayo. Ayisayi kuxubana nanto. Hayi, mhlekazi. UYesu ngelinye ixesha wathi, “Ukuba ninokholo olulingana nokhozo lwemostade.” Ndixelelwe ukuba ukhozo lwemostade alunakuxubaniseka. Akunakulixubanisa nanto. Ungazixuba ezinye iinkozo, kodwa akunakuxuba ukhozo lwemostade, yabona, ngoba aluyi kuxubaniseka. Kwaye ukuba unolwahlobo lokholo!

⁹¹ Lo ngulowo, uthabatha iLizwi elinye likaThixo, kulapho abaninzi abavangeli bacandeka khona. Siyakuyifumana mva. Indlela abatsho ngayo, “Owu, sikholelwa *oku*.” Kwaye bayakuthabatha okuya, kwaye bakholelwa ela Lizwi linye, kwaye bangenza okuya kusebenze. Kodwa malunga naphi nothile okufutshane kuyo?

⁹² “Unoyolo lowo uyenzayo yonke imiyalelo Yakhe, imithetho.” Yabona? “Uyakuba nelungelo lokugena eMthini woBomi. Kuba ngaphandle ngabakhafuli, izinja, abenzi bombulo, nanjalo njalo.”

⁹³ Ngoku, ndinebanga elixubeneyo, kodwa ndinomxholo omninzi apha oleleyo nje. Ke ndifuna nina bodade niqonde, nibone, niqiseke ngokuqonda.

⁹⁴ Ngoku, yilonto sikholelwa Yona. Kwaye IliLizwi likaThixo. Ngenxa yoko, iLizwi elithethiweyo likaThixo liyimvelo. Kwaye yonke into athe uThixo wayidala, wayithetha yabanakho, yimvelo.

Kwaye ungayixubanisa ixalenye yendalo Yakhe, okwesibini.

⁹⁵ Seso sizathu u-Eve wenza oko wakwenzayo, ngembewu eyiyeyakhe, ngokuba wayengekho kwindalo yemvelo. Yimveliso ecatsulwe endodeni, hayi kwindalo kaThixo. UThixo wadala yonke into, waza Wathabatha indawo yendalo Yakhe waza wenza umncedi.

⁹⁶ Seso sizathu unokuxubanisa idonki kunye nehashi, kodwa ayisokuze iqhubekeke. Kukufa.

⁹⁷ Kodwa imvelo inobomi. Ibuyela emva kwakhona. Ndiyathemba ninakho ukuyibona ngoku. Imvelo inobomi.

⁹⁸ Ke seso sizathu endicinga ukuba unqulo oluzondeleleyo, kunye namahlelo, kunye nemibutho, isifa. Imbali iyabonakalisa ukuba injalo, yonke kuyo, ifile. Zange zivuke kwakhona; azisokuze. Azinakuzivelisa kwakhona; azinanto yakuzivelisa. Zingamadlolo. Yilonto abantwana baka Eva besifa.

⁹⁹ Ndithabatha ixesha lam, ukuze, iiteyiphu, zinike abantu ixesha lokufundisisa. Andifuni kungxama. Ndifuna nje ukuthabatha ixesha lam. Andazi okuyakwenzeka ukusuka apha ukuqhubeka, kodwa ndi—ndifuna oku kuye ebantwini. Okokuba, nakubeni mhlawumbi ngenye imini uThixo endisusile ehlabathini, ukuba andiphilanga ukuze ndibone uKuza Kwakhe, uMyalezo uyakuba usaphila. Yinyani. Hlala neLizwi.

¹⁰⁰ Ngoku, khumbulani, lonke iLizwi elithethiweyo likaThixo liyiMbewu yemvelo. UThixo watyala yonke into emhlabeni, ngeLizwi Lakhe. Kwaye okoko nje uhleli nalambewu yemvelo, iyakuzizala kwaye—kwaye iziphinde izivelise kwakhona. Yixubanise, iyafa.

¹⁰¹ Kwaye u-Eva, umfazi, wayeyinto yokuqala exutyiweyo eyakhe yabakho. Ngoku, ndiyathemba anizicimi iiteyiphu zenu de sifike ezantsi size siyibonakalise lonto emva kwethuba, yabona, uboniswa nje ukuba kutheni. Wayengumxubi, umtshakazi. Qaphela, ngako okuya kweza ukufa, ngokuzama ukuthabatha iLizwi likaThixo aze alixube Lona kunye nobulumko. Yabona? Akufanelanga uyenze lonto.

¹⁰² Kwaye nokuba uyakholelwa Li . . . nobulumko bokuLicacisa. Yithi nje, “UThixo uyitshilo, kwaye igqityiwe. Kwaye uThixo utshilo njalo, kwaye kuko konke okukuyo.” Ukuba akunaLicacisa, liyeke Lona. Kodwa yithi nje, “Linjalo, ngoba uThixo utshilo njalo.” Yabona? Yilonto. UThixo uYitshilo.

¹⁰³ Ngoku qwalasela. Ngoku, Alisayi kuxubana. Akufanele iphazanyiswe. UThixo uyakumohlwaya lowo oyenzayo lonto. Kwaye aLiyikuxubaniseka nayiphi into engenye. LiLizwi likaThixo, lodwa. UThixo akadingi lizwi lakho kunye neLakhe. Asifanelanga kuthetha ilizwi lilelethu. Sifanele sishumayele iLizwi Lakhe, iLizwi likaThixo.

¹⁰⁴ Ngoku, ngenxa yoko, ubomi benene bungeza kuphela okanye buzivelise kwakhona ngokuzizala ngokwemvelo. Yabona, ubomi! Ngoku ke- . . . Ngoku fundisisa oko, ngoku, xa ufundisisa iiteyiphu. Kwaye zifundisise ngoku. Ubomi, ubo-m-i, bungaveliswa kwakhona ngozalo lwalo olungemvelo, ngendlela obaqala ngayo ekuqalekeni, ngoko buyazivelisa kwakhona. Yabona? Ayenzeki, ixutyiwe, iyapheliswa.

Abanye babo baphelelwe, isizukulwana sokuqala. Yabona? Iphelile kanye ngoko. Bayakuyifumana kwamsinya isemva. Ayinakuzisa ubomi obububo, ngokuba ngumxube.

¹⁰⁵ IGenesis 1:11, iBhayibhile yathi, Yes-...UThixo wathi, "Mayithi imbewu yonke ivelise ngokohlobo lwayo." Ngoku, xa uThixo wakutshoyo oko, kwagqibeka. Isoloko igqibeka. "Mayithi yonke imbewu ivelise ngokohlobo lwayo." Ukuyixuba, kuvelisa isivuno esingaphezulu. Sisivuno esingaphezulu santoni?

¹⁰⁶ Phulaphula ngoku. Masinxweme. Ukuyixuba...Ndizama ukubambelela. Sona esinjalo isiqendwana, ndingashumayela kuso. Kodwa ndizama ukuzinqanda ekwenzeni oko.

¹⁰⁷ Ukuyixubanisa, kuyakuvelisa esingaphezulu isivuno, njengoko ibonakaliswe. Kodwa luhlobo luni lwesivuno? Isivuno sobuxoki, ukufa. Xubanisa ukhozo lwakho, luvelisa isivuno esikhulu, esingcono isivuno, esijongeka ngcono, kodwa sifile. Lutyale kwakhona; alinakho ukuzivelisa kwakhona. Lugqityiwe. Luphelile.

¹⁰⁸ Njengo Eva, yabona, wavelisa umxube wesivuno. Khangela kuthi namhlanje, kwaye ungabhekabheka uze ubone ukuba oko kuyinyani. Uh-huh. Yabona? Ngokuqinisekileyo wayenza. Yayingeyonjongo kaThixo. Hayi, mhlekazi. Nje ukuzinqanda, malunga nento endicinga ngayo ngoku. Yabona?

¹⁰⁹ Ukuyixuba, izisa umxube wesivuno. Kwaye umxube wesivuno sisivuno esifileyo, kakhulu njengokuphinda uzalo. Ayisokuze izizale kwakhona. Ayinakho, ngoba uThixo utshilo njalo. Kufanele ivelise ngokohlobo lwayo, kwaye uyixubile. Ngoku ungalibona ibandla kanye apho, apho siyakuphelela khona. Yafela phaya, ngokuba ayinakuvelisa ngokohlobo lwayo. Kutheni? Ixutyiwe. Akunakwenzanto ngayo. Ifile. Iggqityiwe. Kulungile.

¹¹⁰ Yilonto isizukulwana ngasinye sinemvuselelo yaso, ithuba eLizwini, ngoko uThixo ozimele geqe eMgwebeni...Iqela lika John Wesley liyakuvuka, kwaye aba bahlanjwe-boma bamaWisile anamhlanje bayakuphendula. ULuther uyakuvuka. AmaKatolika ayakuvuka (emva kamva, u-Irenaeus, uMartin, uPolycarp kunye nabo) kwaye kuyakufanele beme eMgwebeni, ngokuxubanisa iLizwi likaThixo emigqweni. Eli qela lamaLutere elithe lalandela imvuselelo kaLuther liyakuphendula kwa into enye. Iqela labo bagxothwayo baseBhaptizi elalandela imvuselelo kaJohn Smith liyakwenza kwa into enye. Elika Alexander Campbell liyakwenza kwa into enye.

¹¹¹ Kwaye abakwaMoya bayakwenza kwa into enye. La mvuselelo yemvelo, xa uMoya oyiNgcwele wawayo, wabizela ngaphandle abantu, kwaye uThixo ezama ukufikisa iLizwi Lakhe kuyo. Kwaye bayenze umbutho, bahlala ngapha, bazenza ihlelo, baza bafela kanye apho.

¹¹² Uthi, “Kodwa jonga abakwenzayo.” Siyakuya koko, kamva kancinci, namhlanje. Yabona? Siyehla kanye siya kuzo zonke i...Ndifaka nje iMbewu ngaphakathi ngoku. Emva koko sizakukubonisa, emva kwethuba, kwenzeka ntoni. Uh-huh.

¹¹³ Ngoku, yilonto imvuselelo nganye inolwayo uvuselelo...Sizukulwana ngasinye sinemvuselelo yaso. UThixo Uzivusela indoda, ayinike iLizwi Lakhe, ayiqalise ngomyalezo weso sigaba. Kwaye kwamsinya isuswa la ndoda embonisweni, umntu othile uyayibamba aze ayixubanise. Ithi yonke iwele emva kwegqibeleleyo, yonke into, inga... .

Ndingema apha okomzuzu. Asingxamanga. Yabona?

¹¹⁴ Buyela emva. Apho kulapho iqale khona, emva ekuqalekeni, kwiGenesis. UThixo walungisa isivuno Sakhe sohlanga loluntu, waza u-Eva waluxubanisa. Bona okwenzekayo? Ke nanko umgwebo ka Eva.

¹¹⁵ ULuther waqalisa. Bonke! UKristu waqalisa. Abapostile baqalisa. Abaprofeti baqalisa. Akatsongo na uYesu, “Ngubani kuni, abangathanga ooyihlo babatshutshisa abaprofeti athe uThixo wabathumela?” Akafundisanga na Yena ukuthi ukumkani ngaxesha lithile wathuma isicaka sakhe, waza emva koko wathumela esinye isicaka, waza wathumela esinye isicaka, nanjalo njalo, kwaza ekugqibeleni wathumela unyana wakhe? Yabona?

¹¹⁶ Sizukulwana ngasinye samkela, ngoba siphinda kanye emva ku-E-...E-...Adam no Eva, kwakhona, isivuno sokuqala, emyezweni wase Eden. Isiqingatha sabo salahleka; intombi eyingqondi, intombi eleleyo. Isiqingatha sabo, esinye sagcina iLizwi, esinye salixubanisa; kanye emva naphambili, nje kalukhuni kangangokuba inokwenzeka, kanye ngolwahlobo. Ibe ikwisigaba nqobo ukuhla. Siyakuyibonakalisa ngeLizwi likaThixo kunye nembali apha. Injalo lonto. Ukuxubanisa!

¹¹⁷ Ukuxubanisa kwaqalisa kanye e-Eden, kwaqalisa kwiGenesis. Sisiqalo, kulapho. Kwaye iphela khona apha kwiZityhilelo, eKuzeni kwesibini kukaKristu.

¹¹⁸ Ngoku khumbulani, kakuhle. Yilonto isizukulwana ngasinye sinemvuselelo yaso, sifumana ithuba eLizwini. Emva koko balixubanise. Endaweni yokuhubekeka, baya ndaweni ithile engenye.

¹¹⁹ Injongo yam, ndiyakholwa, uThixo andibizele yona...Ndi—ndifanele nditsho izinto ezingam namhlanje, ngokuba yilonto ndinixeleleyo ukuba ndiyakuyenza, yabona, ndize ndixelele ihlabathi. Injongo yam, ndiyakholwa, emhlabeni, ku (intoni?) kukwandulela iLizwi elizayo, yabona, iLizwi elizayo elinguKristu. Kwaye uKristu, kuYe, uneMillennium [isigaba sexesha sewaka leminyaka—Mguq.], kwaye sinento yonke kanye phaya, ngokuba UliLizwi. Yabona? Kulungile.

¹²⁰ UYesu wathi, kuYohane 3:5. Ngoku, ukuba ufuna ukuphawula oko phantsi, Yohane 3:5. Siyayazi sonke, okanye ndiyakutyhila. Mhlawumbi umntu othile kwiiteyiphu angangabinakukwazi ukutyhila ngela xesha. Kwaye ndiyakufunda apha kuYohane oNgcwele, isahluko sesi-3 kunye nomqolo wesi-5. Kwaye siyakubona awakuthethayo uYesu. Singaqalisa nje kancinci phambi koko, isi-3.

Waphendula uYesu kuye, Inene, inene, Ndithi kuwe, Ngaphandle kokuba umntu athi azalwe ngokutsha, akanakububona ubukumkani bukaThixo.

Wathi uNikodemo kuye, Angathini umntu ukuzalwa emdala? angaba nako yini ukungena okwesibini esizalweni sonina, azalwe?

Waphendula uYesu, Inene, . . . Ndithi kuni . . . kuwe, Ngaphandle kokuba umntu azalwe ngamanzi nango . . . Moya, akanakungena eBukumkanini bukaThixo.

¹²¹ Ingaba yiMbewu leyo? Lonke iLizwi elithethiweyo likaThixo liyiMbewu. Injalo lonto. Ndizakuyibonakalisa lonto nje emzuzwini, apho uYesu watsho njalo. Lonke iLizwi elithethiweyo likaThixo liyiMbewu.

¹²² Ngoko, “Ngaphandle kokuba umntu azalwe ngokutsha.” Kutheni kufuneka ezelwe ngokutsha? Úfile, kunye nenyama akuyo. Úngumxube. Kufanele azalwe ngokutsha. Ngokuba? Wazalelwa esonweni, esonweni sika Eva, wakhawulelwa ebugwenxeni; weza emhlabeni, ethetha ubuxoki. Úlixoki, into yokuqala. Akukhathaliseki nokuba úchubeke kangakanani, úfundile, nantoni ngaphezulu, úlixoki. IBhayibhile ithi unjalo. Babengcwele kangakanani abazali bakhe, okanye nantoni malunga nayo; úlixoki, into yokuqala. Kwaye kuphela kwendlela anokuthetha ngayo iNyani, kukutsho oko iNyaniso ekuko, ngemilebe yakhe. Leyo kuphela kwendlela enokuvela ngayo iNyaniso. Nayiphi into echaseneyo kwelaLizwi, úlixoki, noko. Oko kunokutyhafisa, kodwa koko uThixo wakutshoyo. Uh-huh. “Malithi lonke ilizwi lomntu libe bubuxoki, lize elaM libe yinyaniso.” Yabona? Nayiphi into ephuma emilebeni yakhe, ichasene, ukuphika eliLizwi, okanye ilibeke Lona kolunye uhlanga okanye esinye isizukulwana, okanye nokuba yintoni, úlixoki. Injalo ngqo lonto. Kufanele azalwe ngokutsha, emva koko abone lonke iLizwi. Kuphela kwendlela anokuzalwa kwakhona, bobaBomi bukaThixo ngaphakathi kuye, buvelise obaBomi.

¹²³ Imbewu kufanele ibe namanzi, ukuze ikhule. Ngoku, ubeka imbewu emhlabeni. Ukuba akukho kufuma emhlabeni, luthuli, kwaye ayisayi kukhula eluthulini. Ayisokuze. Kufanele ibe nepesenti ethile yokufuma okanye

ayisayi kukhula. Injalo lonto? “Umbhalo uyabulala. UMoya uYidlisa uBomi.” Yabona? Ngoku, kufanele ibe nokufuma, ukuze ikhule.

¹²⁴ ILizwi Lakhe yiMbewu. Ngoku ukubonakalisa oko, masityhile kuLuka isahluko sesi-8, umqolo we-11, size sibone ukuba oku kuyinyaniso okanye hayi, ukuba—ukuba iBhayibhile ithi iLizwi Lakhe liyiMbewu. Luka, isahluko se-11 okanye. . . Isahluko se-8, gxebe, kunye nomqolo we-11, kwaye siyakubona oko uThixo akutshiloyo malunga nayo; isahluko se-8, umqolo we-11. Ngoku Uyaqhubekeka aze aqalise ukuxela. Kukho izinto ezininzi zokutsho malunga nayo. Masiqalise kowe-4, nje sifunde.

Ke xa abantu bathontelana ndaweninye, kwaza kuye abavela kuyo yonke imizana, wathetha ngemizekeliso:

Umhlwayeli waphuma waya kuyihlwayela imbewu yakhe. . . ukuhlwayela imbewu—yakhe: kwathi ekuhlwayeleni, enye yawela ecaleni kwendlela; yaza yanyathelwa, zathi neentaka zezulu zayidla zayigqiba.

Yimbi yawa elu. . . lwalweni; yaza. . . isahluma, yatsha, ngenxa yokuba ibingafumani kufuma.

¹²⁵ “Ukufuma.” maBhaptizi, maRhabe, maLutere, ngaphandle kwaManzi. Kwaye xa aqalayo ukuguquka, ukhangela ngqo kuKristu; uyakholelwa. Kwaye into yokuqala oyaziyo, ela hlelo limbophelele endaweni, kwaye ukufuma koMoya kumkile kuye. Uba lihlelo, kwaye ufile. Hayi kuphela amaBhaptizi, kodwa abakwaMoya. Abayikholelwa lonto, ndiyazi abaninzi benu abanjalo. Kodwa khawulinde nje kancinci, siyakubona apho iBhayibhile iyichaza khona ngoku, okanye hayi. Kulungile. “Ukungafumani kufuma,” igama lokugqibela kumqolo wesi-6 wesahluko se-8. “Ukungafumani kufuma.”

Yimbi yawa phakathi kwameva; yaza. . . yahluma kunye nawo, aza ayiminxa.

¹²⁶ Yabona? Yayiyintoni leyo? Uyaqhubekeka aze axele ukuba abanye, kwamsinya emva kokuba ba. . . Andizukutsala nesinye isithonga namhlanje, nakwintoni. Yabona? Nje oku ndicinga Amadoda Angoosomashishini AngamaKristu, kunye nabanye, aba bemibutho yakwaMoya, kunye naba bantu abakha zonke ezi zinkulu zezigidi zeedola izinto, ubutyebi behlabathi buliminxile uzuko kunye noMoya kaThixo. Iyafa, ngokuba iminxawe. Ihlabathi, amaxhala elihlabathi, ayabaminxa.

¹²⁷ Abafazi bafuna ukusebenza, kwaye baphotha iinwele zabo baze babe neenwele ezivuza amanzi ukuchetywa, benxibe ezimfutshana, kwaye bekhangeleka njengabo bonke abehlabathi. Umshumayeli uma epulpitini, kunye. . . balungiselele oo “amen,” babo kwaye

bayaloyika iLizwi likaThixo, ngenxa yetikiti lokutya. Ukuba abanakukhwela iCadillac, kwaye abasajongelwa njengabanomoya. Kulungile. Ukuba abanakunxiba kwezingcono iimpahla, baze benze yonke into engenye, ba—babalelwa, “Bawile. Abango *zibani-bani*.”

¹²⁸ Indoda endala emva phaya, omdala uMzalwana uKidd, undixelele ngale ntsasa, abasamfuni, ngokuba mdala kwaye uhlala ngqo neLizwi. Yintoni ingxaki? Baswele ukufuma. Kulungile. “Yawela. . .”

Yimbi yawela kuwo umhlaba olungileyo, yahluma, yaza yavelisa isiqhamo. . .

. . . ezithethile ezi zinto, wadanduluka, Lowo unendlebe zokuva, makeve.

¹²⁹ Owu, onjani umzekelo! Ndingathanda njani ukushumayela isiqendwana kokuya ngoku, intshumayelo. “Ezithethile ezi zinto,” isahluko sesi-8, okanye umqolo wesi-8 kunye nesahluko sesi-8.

. . . yimbi yawela kumhlaba olungileyo, yahluma, yaza yavelisa isiqhamo kalikhulu. Uthe ezithethile ezi zinto, wadanduluka, . . .

¹³⁰ Wadanduluka, into ethile mhlawumbi ingaba njengale, xa Wathi, “Iyakuvelisa kalikhulu”:

. . . Lowo unendlebe. . . makeve.

¹³¹ Uh-huh. Amanye amazwi, “Ukuba indlebe yakho ingqamene noThixo, makeve.” Yabona?

. . . abafundi bakhe bambuza, besithi, Ingaba yintonina lo mzekeliso?

Waza wathi, Nikuphiwe nina ukuzazi iimfihlelo zobukumkani. . .

¹³² “Iimfihlelo.” Yabona ukuba yintoni Athetha ngayo apha? Ngoku qaphela. Yintoni iimfihlelo zobukumkani? Qaphela nje umzuzu.

. . . iimfihlelo zobukumkani bukaThixo: kodwa kwabanye bona kungemizekeliso; ukuze bebona nje babone. . . bangaboni, besiva nje bangaqondi.

¹³³ Yabona? Kodwa iLizwi likaThixo liza kanye ngqo eMgwebeni, ukuze libagwebe, ngoba balibonile Lona. Lalilapho.

Ngoku umzekeliso nguwo lo: Imbewu lilizwi likaThixo.

¹³⁴ Yintoni iMbewu yoBomi? ILizwi likaThixo. Ngenxa yoko, ngoBomi, akunakuza ngovumo nkolo. Akunakuza ngehlelo. Kufanele uze ubuyele eLizwini, ngoku, iMbewu yoBomi. Kulungile.

¹³⁵ ILizwi Lakhe liyiMbewu Yakhe, kwaye uMoya Wakhe ngaManzi. Ngoku ukubuyela emva kanye kuYohane 3:14,

nako apho uyifumana kwakhona, uyabona. Yabona? UMoya uphakamisa... ngaManzi. Ngoku, jonga, uYohane 3:14. Siyaqonda ukuba ithetha ntoni. Ufuna ukuyifunda.

Kwaye njengoko uMoses wayiphakamisayo inyoka yobhedu entlango, . . . umelwe kukuphakanyiswa ngokunjalo uNyana womntu:

¹³⁶ Yabona? Ngoku, ukuba uMoses wayiphakamisa inyoka yobhedu, ngenxa yesosizathu sinye uKristu waphakanyiswa. Ngoku yintoni? UMoses waphakamisa inyoka yobhedu ukuze abantu ababetshabalala babenamanzi ukuze baphile. Jonga, uYesu. . . Owu Thixo! UYesu liLizwi likaThixo.

Ngoku sizakukubethelela oko, ngale mvakwemini, yabona, siyibonise lonto.

¹³⁷ UYesu liLizwi likaThixo. Kwaye Wagqajuzwa wavuleka, oba Bomi. UBomi bungaphakathi eMbewini. Oko, obu Bomi, obunguMoya, aManzi ampompozayo; uMoya phezu kweMbewu kaThixo, uyakuzisa uBomi beMbewu. Kwaye ukuba buzisa into engenye, kukho olunye uhlobo lwembewu apho ngoko. Amen. Ingaba niyayiqonda? [IBandla lithi, "Amen."—Mhl.] Ukuba uMoya kaThixo uyeza kunkcenkceshela iMbewu, ukuba yiMbewu ayinkcenkceshelayo, Iyakuvelisa uBomi beMbewu. Icacile lonto? ["Amen."] Ivelise uBomi beMbewu, kuba yilonto Enikelwe yona.

¹³⁸ Ndiyakholelwa ukuba iBhayibhile li—liLizwi, iNyaniso yonke. Kwaye uYesu liLizwi elibonakalisiweyo. Yena neLizwi Lakhe bayinto eNye. Waye Eyintoni? Ngoku jonga. Waye eyilaMbewu.

¹³⁹ Ndifanele ndigcine into ethile, ukuze, ndiyizise apha ngolu rhatya, uyabona. Kunzima.

¹⁴⁰ Waye eyilaMbewu owayefanele ukuba uyivelisile u-Eva. Ingaba uyayifumana? [IBandla lithi, "Amen."—Mhl.] Waye yiMbewu u-Eve waye. . . velisa. Kodwa wayixuba Yona, ngokungakholelwa iLizwi likaThixo.

¹⁴¹ Ke, waye EyilaMbewu. Kwaye kuphela kwendlela oba Bomi obabunokuba yiyo, ekuphindweni kwemveliso yoBomi, uBomi babufanele buze ngala Mbewu. Kwaye laMbewu yafanela ife, ukuze yandise uBomi. Owu! Aningeyiboni? Yilonto aManzi anikezelwayo, ukuze ankcenkceshele iMbewu. UMoya oyiNgcwele, owawusemyezweni wase Eden, yayikukunkcenkceshela iMbewu.

¹⁴² Umntu wayengenzelwanga ukuba afe; wayenzelwe ukuba apha. Kodwa ukuxubanisa kwazisa ubomi. . . ukufa apho, gxebe. Wayixuba Yona. Ngoku uyayiphika imbewu yenyoka? Ngoko ndiyakukubuza kutheni u. . . Zezantoni ezinkonzo zemingcwabo? Wayengumxube. Sonke thina singumxube ukusuka kwimvelo. Sesizathu uqhubekeka usifa.

143 Kodwa, Owu Thixo, kukho uKhozo loBomi oluphuma kwiMbewu yenene. Kodwa uThixo wabonakalisa ukuba yaYiyiMbewu Yakhe; Wamvusa Yena kwakhona. Yabona? Okokuba, ngoba Bomi buya kwiMbewu yemvelo, njengoko babunikezelwe ku-Eva, kwiBandla Lakhe lenene, buzisa uBomi kwakhona, ngoZalo, ngesibeleko soMtshakazi Wakhe. Yabona? Owu, ityebile kwaye iluzuko! Ndiyinika ithutyana ukuba ifundeke, ukuze izike. Uyila Mbewu. Uyila Mbewu eyaveliswa liLizwi likaThixo. “Makwenzeke kum ngokweLizwi Lakho.” Nantso iMbewu, yabona, ithabatha iLizwi. Yabona?

144 Ngoku, uYesu liLizwi libonakalisiwe. Yena neLizwi bayinto eNye, kwaye yilonto yenziwa Yabonakaliswa kuYe ngokugqibeleleyo. Seso sizathu uThixo Wazibonakalisa ngokugqibeleleyo kuYesu, ngokuba WayeliLizwi-Mbewu, uKhozo-Lizwi, Ngokwalo. UKhozo olungaphakathi eMbewini, obo buBomi eMbewini. Niyayifumana? Yabona? Yayiyi... WayeliLizwi-Khozo likaThixo. UKhozo nguMoya; uKhozo ngaManzi.

145 Kwaye uYesu kwafanele ophulwe avulwe phaya, ukuze laMbewu ikhuphe uBomi Bayo, bunkcenkceshele enye imbewu eyayisiza. Owu! Ingaba niyayibona? [IBandla lithi, “Amen.”—Mhl.] Wade Yena Wathi, “Ezinye izimvu Ndi... ezingezozabo nobubuhlanti, Ndinazo. Ziyakuyibona Lonto. Ziyakulifumana elaLizwi kwaye zihlala kunye naLo. Kwaye ndithumela uMoya ukuze uyinkcenkceshele Yona, kwaye Iyakuvelisa kanye ngqo.” Iyakuvelisa imimangaliso. Iyakuvelisa aMandla kaThixo. Iyakuvelisa. Kwaye ayiyikuphika nto, ngokuba yimbewu esisizalwana kunye neMbewu.

146 Ayinakuthi, “Mnu. Mhlabangula, yiza uhlale nam.” Hayi. Hayi, mhlekazi. Hayi, hayi. Ayisayi kuyenza yona. Hayi, soze. Ayinakuxubana. Akunakuxubanisa ukufa noBomi. Akunakuba ngofileyo ube ngophilileyo kwangaxeshanye. Uh-huh. Yabona?

147 Ke niyakubona endithetha kona? LuKhozo oluphuma eMbewini. Uyiyo. UliLizwi likaThixo elenziwe labonakala ngokugqibeleleyo. Seso sizathu sokuba kuYe kwaku... Intoni? Leyo yayiyinto eya... Ngokulungileyo unguNyana ophuma ku Adam wokuqala, yayinguNyana owayethenjisiwe ngo Adam, waqhubekeka kuhlanga loluntu. Kwaye u-Eva wayixuba, kwinyoka, waza wazisa isizukulwana sabantwana bobugqakhwe, abazalelwe ekufeni, ngaphandle koBomi. Kwaye uYesu uzile, kwaye eyilaMbewu. Wayibonakalisa. Yonke into u-Adam awaphulukana nayo, uYesu waye yiyo. Yibone? Ungulungileyo. U-Eva ekugqibeleni wayenokuzisa laMntwana. Kodwa wayixubanisa, wangenisa inamba ngaphakathi, waphulaphula ubulumko, ukuqonda, ulwazi.

148 Ngoku linda de singene kuMtshakazi kunye nokuya. Yabona? Yilonto i... Seso sizathu ndikholelwa oko ndikukholelwayo. Kufanele ibuyele emva kweliLizwi.

149 Seso sizathu ndisithi, ukuba umntu othile ufuna uku—ukuxoxa nam, thetha nam ngeliLizwi, yiza. Ilungile lonto. Ndanikezela ngoko, nangaliphi ixesha. Ukuba ucinga ukuba iGama lika “Yesu Kristu” asiyondlela ilungileyo yokubhaptiza, yiza uthethe nam malunga nayo. Uh-huh. Ukuba akukholelwa ukuba kukho into enje ngembewu yenyoka, yiza uzokubonana nam, masithabathe nje iLizwi. Ukuba akukholelwa ukuba abafazi kufanele babenenwele ezinde, kwaye sisigqubuthelo sakhe eso, yiza thetha nam malunga nayo, ngeLizwi. Ukuba akukholelwa ukuba isiphelo samaxesha sisondele, kunye nezi zinto endithetha ngazo, yiza thetha nam malunga nayo. Yabona? Yiza kunye nam. Mzalwana, Mbewu, yiza nje. Kulungile.

150 Akunakuba yiMbewu uze uphikisane neLizwi, ngokuba iLizwi liyiMbewu. Kwaye ukuba uliLizwi, ungaphikisana njani naLo? Uyakube uphikisana nesiqu sakho. Uyakube usoyisa injongo yakho.

151 Njengothile owathi, “Ubungathini...Kutheni uhamba kwa ukuhamba kunye naba bantu abanjeyana?” Kulungile, ukuba bendingayenzi, bendiyakuba ndoyisa kwa injongo enye endathunyelelwa yona apha. Kufanele ukuba kubekho ukuKhanya.

152 Ngoku njengoko sibheka ezantsi, sizakuzisa zona izinto kwaye sibonise nje ukuba sizibeke njani zona ngocwangco, nje ngokuchanekileyo ngokugqibeleleyo kunye neLizwi. Ngoku...Ewe, mhlekazi. Uli...

153 Yilonto uThixo wayenokusebenza Ngaye. Kwaye yintoni Awayitshoyo xa Wayelapha emhlabeni? “Andenzi nanye into ade uBawo andibonise Mna.” Ngokugqibeleleyo.

154 Kwaye yonke into Ayenzileyo, yasoloko ingqinelwe ngeZibhalo. Wathi, “Phengululani iZibhalo, ngokuba Zizo Zona ezingqina ngaM. Kwaye ukuba andizenzi izinto Ezathi Zizazenza, ngoko Andiyiyo laa Mbewu yemvelo. Kodwa ukuba Ndiyayenza into, ngoko kutheni ningandikholelwa Mna?” Injalo lonto. “Ukuba aninakho nokuNdikholelwa, indlela Endimi ngayo, ngoko kholelwani iLizwi eNdilithethayo, kholelwani imisebenzi endiyenzayo Mna, ngoba Eyam iMbewu ingavelisa kuphela oko Ndikuko.”

155 Umhlabangula ungaba kuphela ngumhlabangula. Ungawuxubanisa nayiphina enye into, kodwa uyakuhlala ungumhlabangula. Injalo lonto. Iyakubonakalisa. Seso sizathu oko, umbolombini, ngumhanahanisi. Ngumxube. Indoda ebanga ukuba iyindoda kaThixo, ize iphike iLizwi, ngumhanahanisi. Imbongolo ebanga ukuba ilihasha, ayilohasha. Yathi, “Ndiyidonki,” kwanye asiyiyo nénye. Ungumhanahanisi, ozalwe ngobugqakhwe, nje ngokuchanekileyo. Ingqwabalala, kodwa yilonto iyiyoyi.

Ibingajonganga ukuyenza lonto. Umntu wayenza lonto ngobulumko bakhe. Kulapho ayifumana khona. Kulapho bonke ubulumko bomntu buphelela khona, ukuba kube luzalo lobugqakhwe. Kulungile.

¹⁵⁶ Ngoku, yilonto uYesu wabonakaliswa ngokugqibeleleyo, uThixo wabonakaliswa ngokugqibeleleyo kuYesu, ngokuba WayeliLizwi likaThixo. WayelelikaThixo iLizwi. Seso sizathu Ingenakuvelisa nto koko nje ngokuchanekileyo uThixo. Kwaye ukuba uThixo ukuwe, yintoni engenye onokuba yiyo?

¹⁵⁷ Akatshongo na uYesu, kubaprofeti abo iLizwi likaThixo leza kubo. . .Ngobani iLizwi likaThixo eleza kubo? [IBandla lithi, “Abaprofeti.”—Mhl.] Abaprofeti. Akababizanga na uYesu “oothixo”? [“Amen.”] Kutheni? UThixo wabonakaliswa kubo. Yayiyintoni? ILizwi elithethiweyo libonakalisiwe. Yabona? Iyilonto. Wathi, “Ningaphika njani, nithi. . . Ukuba beninabo nabuphi ubulumko, beniyakuqonda.” Wathi, “Ndi. . . Ningatsho njani ni. . . Sibabiza. . . UThixo ngoKwakhe wababiza ‘oothixo.’” Waza wathi, “Ningatsho njani ngoko ukuba niyabakholelwa, nize nindikhanyele Mna, xa Ndisithi ndinguNyana kaThixo?” Kutheni bengazange bayibone lento ngoko? Into ekwanye namhlanje. “NdiyilaMbewu ekwakufanele ize, iMbewu yomfazi.”

¹⁵⁸ “Ndiyakuninika iMbewu.” Kwinamba, inamba seyimngcolisile. Wathi, “Kodwa iMbewu yakho, Endiyakukunika yona, iyakuyityumza intloko.” Iyakuyibuyisela lento kwakhona. Amen. Ndingwenela. . . Ndingwenela nje wonke umntu ebenokuyibona lento. Yabona? “Ndize kweyisa, kwaye ndilungise oko wakwenzayo u-Eva. Kuphela kwendlela Endinokwenza ngayo lonto kungomfazi othe wakholelwa iMbewu; apho, umfazi akazange ayikholelwe iMbewu.” Umfazi wakholelwa iLizwi; apho, omnye akazange Alikholelwe.

¹⁵⁹ “NdingulaMeyisi. NdinguLowo oze kunika uBomi, ukuze ngokufa Kwam, ndihlawule ityala loko wakwenzayo. NgoBomi Bam, buyakunikezelwa kuni, buphuphumele kuni. Kwaye niyakuba ngoonyana bakaThixo, neentombi zikaThixo, yabona, okokoko nje iMbewu iphakathi phaya.”

¹⁶⁰ Uyixubanisile Yona, kwaye akufumani nto kuphela ubuhlelo, umntwana wobugqakhwe. Yilonto kuphela. Yonke into ephika iLizwi. Ndixoleleni, bodade. Ndi—ndifuna nina. . . Kufanele nje ndiyitsho nje ngendlela Eyitsho ngayo *Apha*. Yabona? Kwaye yilo—yilondlela Eyiyo.

¹⁶¹ Bonke abangoonyana bakaThixo kufanele babe yinto enye. Ewe, mhlekazi. Ukuzalwa ngeLizwi noMoya, kusibuyisela eLizwini elithethiweyo kwakhona, njengaku Yohane 3. Yabona? Ukuzalwa ngaManzi kunye noMoya, Yenza ntoni? Ngoko ikubuyisela kanye emva kwakhona kwindawo apho

ubufanele ube ukuyo ekuqalekeni. Yabona? Seso isizathu sokufa kukaKristu, kusibuyisela emva kwakhona ko (phi?) nyana bakaThixo.

¹⁶² Ukuba u-Eva wayefanele ukuzisa laMntwana... Ngewayekwenzile oko ekugqibeleni. Akamxelelanga na uThixo, “Qhama wande kwaye uwuzalise umhlaba”?

¹⁶³ Kodwa kwafanele agqithe ngapha, adlale indawo yehenyukazi. Kulungile, uthi nje, “Ingqwabalala, Mzalwana Branham.” Kodwa linda nje intwana encinci, sizakufika phaya kamva kancinci. Yabona? Yabona? Uthi, “Ayinakuba njalo.” Kulungile, sizakuyifumana nje apho iLizwi lithi injalo, okanye hayi. Yabona? Ngoko, ilungile. Abakho njalo... Ayifihlwanga. Ukuba Injalo, Ifihlwe kwabo balahlekileyo. Yabona? Injalo. Yabona?

¹⁶⁴ Ngoku, ngoku, oku kukubuyisela kanye emva kwiLizwi elithethiweyo, ngoko siliLizwi likaThixo elibonakalisiweyo. Yabona? UYesu watsho kwa into enye. “Lowo ukholwayo kuM, izinto... kunye nendiNguye Mna, oko Ndizele kona, kunye nenjongo eNdiyenzayo, ukubuyisela umntu ekukholelweni iLizwi likaThixo aze angathabathi nanye into engenye kunye naLo, imisebenzi Endiyenzayo, úyakuyenza naye.” Nako ke apho ukhoyo.

¹⁶⁵ Kutheni ingenziwa namhlanje? Ngumxube, abantwana abayimigqakhwe, bexutyaniwe. Ayi... Yimbongolo. Ayikwazi ekukholelwayo.

¹⁶⁶ Imbongolo ayimazi uyise ngubani, unina ngubani. Ayazi. Ayilohashe. Akukho nto kuyo. Sisidalwa esingekho ngokwasemthethweni.

¹⁶⁷ Yilondlela namphi umntu, obanga ukukholelwa uThixo kwaye angalikholelwa iLizwi Lakhe, uyakuthabatha uvumo nkolo lobuhlelo aluxube kunye neLizwi. Yabona, akungokaThixo. Ufile. Akunakuba ngofileyo ube uphila, ngaxeshanye. Ke neLizwi likaThixo alikhuli nokukhula, udlala nje indima yomhanahanisi. Lonto mayiye kubhishopu, upristi, umongameli, nokuba ingaba ngubani. Injalo lonto. Kufanele ukuba ibe liLizwi, okanye ufile, nje ongekho ngokwasemthethweni umntwana, iLizwi likaThixo (Indima kaThixo) ayisayi kukhula. Ungakhula entsimini enye, njengoko sisiya kuyo ngqo, kodwa u—uqinisekile akukho ku—kumqulu. Ayisokuze ikhule. Kulungile. Kulungile.

¹⁶⁸ Siyaqaphela ngoko, yabona. ILizwi elithethiweyo, ngoko siliLizwi likaThixo libonakalisiwe. Yilondlela uThixo alifuna ngalo iBandla Lakhe, kukubonakalisa Yena. Angazibonakalisa njani Yena Buqu ngaphandle kokuba ide iMbewu EyeYakhe ibe ikulamntu?

¹⁶⁹ Ungazisebenzisa njani iingcinga zakho, aze uThixo Azibonakalise ngawe? Ungalithabatha njani ukholo

Iwakho, uze uthi, “Kulungile, umalusi wam ufundisa, olwam—olwam—olwam uvumo nkolo, olokuba le mihla yemima-...” Uzakuyenza njani lonto, uze emva koko ube ngobonakalisiweyo unyana kaThixo? Uzakuyenza njani lonto? Ukufa kukaYesu kwakungeyonto kuwe. “Owu, ndiyamamkela Yena njengoMsindisi wam.” Akwenzi njalo! Uthi uyayenza, kodwa akuyenzi. Imisebenzi yakho ingqina oko ukuko.

¹⁷⁰ UYesu watsho into ekwanye. “Ukuba nicinga ndizelwe ngokungekho semthethweni...”

¹⁷¹ Bathi, “Singunyana ka-Abraham, kwaye asidingi mntu wokusifundisa.”

¹⁷² Wathi, “Ukuba beningabantwana baka Abraham, beniyakundazi Mna.” Wathi, “Nguwuphi kuni ondigwebayo Mna ngesono, ukungakholwa? Ndiboniseni into ibenye athe uThixo wayithembisa ngaM, engathanga yazaliseka.” Huh! “Ndiboniseni Mna into ibenye athe uBawo wayithembisa, Endithe andayizalisekisa. Isono kukungakholwa. Masikubone uyivelisa ngoko.” Kuba, oko kwabophula iimpondo. Yabona? Ngokuqinisekileyo. Wathi, “Ngubani ondityholayo Mna? Ngubani onako—ngubani onokundigweba Mna ngesono, ukungakholwa? Yabona? Ukuba Andikholwa, ngoko kutheni uBawo esenza Ngam njengoko Esenza, lonke iLizwi athe Walithembisa? Ngoku Mandibone apho niyifumene khona kweyenu.”

¹⁷³ Ngubani ozalwe ngokungekho semthethweni ngoko? Yayingabo, ngabantwana abazelwe ngokungekho mthethweni bebanga ukuba nguThixo. UYesu wathi, “Ningabakayihlo uMtyholi, kwaye nemisebenzi yakhe niyayenza.” Luluphi uhlobo lwemisebenzi umtyholi ayenzileyo? Uzama ukuxubanisa iLizwi likaThixo, ngo-Eva.

¹⁷⁴ Yilonto ikwanye ngokuchanekileyo athi lamahlelo makhulu ayenze namhlanje. Imisebenzi kamtyholi, uyise wawo, ayayenza. Bazama ukuthabatha uvumo nkolo baze baluxube neLizwi likaThixo. Yilonto uSathana wayenzayo ekuqalekeni, uyise, umtyholi. UThixo anisikelele, bazalwana. Phumani kulo! UYesu watsho njalo. Unomkrwelo omncinci omnye kaThixo kuwe, kufanele ujonge uze ubone Oko. Umxube! Owu, bethu!

¹⁷⁵ Imisebenzi awayenzayo uYesu! Ukuba umntu uneMbewu kaThixo kuye, kunye noMoya kaThixo unkcenkceshela laMbewu, imisebenzi ekwaminye athe uYesu. . . yabonakaliswa kuYesu, Yena ekubeni eyiMbewu yemvelo kaThixo, ukufa kwaKhe kukubuyisela emva kweyemvelo iMbewu kaThixo. Kwaye ukuba uMoya okwamnye owawukuYe, ukuni, ngoko imisebenzi ekwaminye iyakubonakaliswa.

¹⁷⁶ Aniyikholelwa lonto? Kulungile. Mesityhile ngaphaya koNgcwele uYohane 14:12. Wena uthi, “Ndilikholwa,

Mzalwana Branham. Ngokuqinisekileyo ndilikholwa.” Kulungile. Ndizakubona ukuba uYesu uyakubiza njengelinnye na, sibone ukuba iLizwi likaThixo likubiza njengalo.

Inene, inene (ngokuqinisekileyo, ngokuqinisekileyo), ndithi kuni, Lowo ukholwayo kum, imisebenzi endiyenzayo uyakuyenza naye; nemikhulu imisebenzi kunale uyakuyenza; ngokuba ndiya kuBawo. (Yintoni? IMbewu Enye.)

¹⁷⁷ Ayinakugcina... Ungayityala njani ingqolowa *apha*, nengqolowa *apha*, uze uthi, “Ndizakufumana ikomkomere *apha*, nengqolowa *apha*”? Akunakuyenza lonto. Kuphela kwendlela oyakufumana ngayo iikomkomere, kukutyala ikomkomere. Ukuba uyixubanisile, ngoko ayisayi kuba yikomkomere. Iyakuba ngumhanahanisi. Ingaba injalo lonto? Iyakuba ngumhanahanisi, zihlobo. Nje—nje kufanele ndiyitsho. Asiyiyo nokuba ibenye. Asiyokomkomere okanye uyayixuba. Izaliswe ngokuxutywa, kwaye yimveliso embi. Kwaye ifile, kuyo, kwaye ayinakuzizala izibuyisele emva kwakhona. Ifile, kanye phaya. Emva, ayinakuya ndawo. Iyigqibile. Kuko konke. Kodwa ukuba ufuna ikomkomere, qala ngekomkomere.

¹⁷⁸ Ukuba ufuna iBandla, qala ngeLizwi likaThixo. Ufuna uBomi bukaThixo, qala ngeLizwi likaThixo. Yamkela iLizwi likaThixo ekupheleleni kwaLo, wonke umlinganiso waLo. Kwaye emva koko yenza... Kwaye ukuba oko kukuzaliseka kukaThixo kuwe, ngoko imvula ewayo iyakuvelisa ngqo oko kusesitiyeni sakho.

¹⁷⁹ Ngoko, ngoku, kuphi apho iMvula yenu yaMva ivela khona? Niyabona apho iya khona emva kwethuba, aniyiboni? Iya kuwo amagontsi asendle u-Eliya awayenawo, kwaye ecinga yayingamagontsi, okanye isikolo sabaprofeti phezulu phaya, elahlelo babenalo. Waqokelela amagontsi asendle, kwaye wacinga ukuba yayi—yayizimbotyi. Owu, kulungile.

¹⁸⁰ Ngoko, imisebenzi iyakubonakaliswa kuye, minye, ngokuba yiMbewu-Lizwi enye kaThixo. UNyana kaThixo wayengumzekelo Wakhe weMbewu, kwaye into uBomi Bakhe obabuyiyo xa uMoya wathululelwa phezu Kwakhe emva kokubhaptizwa Kwakhe. Kwaye uMoya oyiNgewele uza phezu Kwakhe. Kwa obaBomi Awabuvelisayo, ke, la Moya mnye unkcencheselayo kaMoya oyiNgewele uyakuzisa uhlobo olunye loBomi, benze kwa into enye Awayenzayo, ukuba yiMbewu enye. UNyana-ka-Thixo weMbewu uyakuzisa unyana-ka-Thixo weMbewu.

¹⁸¹ Ngoku, usizi kuni bafazi abanenwele eziphothiweyo. Usizi kuni bashumayeli abaphika loNyaniso, bathi, “Ilungile yonke lonto. Iinwele azinantó yakwenza naYo.” Kodwa uThixo uthe zinayo. Bona apho ikhoyo? Yabona?

¹⁸² Yilonto ndikholelwa iLizwi. LiyiMbewu. Kwaye ukuba iMvula iyawa phezu kweMbewu, Iyakuvelisa ngokohlobo Lwayo.

¹⁸³ Ngoku yintoni ingxaki ngezimvuselelo? Senza ntoni? “Senza izigidi ngaphezulu e ’44,” maBhaptizi, maRhabe, nangaphezulu, abakwaMoya.

¹⁸⁴ Kodwa kuphi okwakubonakaliswa kwemisebenzi kaYesu Kristu, “Andenzi nto de kuqala Andibonise uBawo”? Luvelaphi olwahlobo lweMbewu? UMoya oyiNgcwele uyakunkcenkceshela uze uzise la Mbewu. NgaManzi esiya eMbewini. Ukuba iMbewu ibityaliwe, yilonto kanye aManzi akholo yona.

¹⁸⁵ Ukuba aManzi awela kuwe, uthi, “Makasikelelwe uThixo, mandikuxelele into ethile, mshumayeli! NdinguZibani-ka-zibani, kwaye andikholelwa kuLanto.” Ulihlelo. Ungumhanahanisi nje omdala, into yokuqala. Lolo hlobo lwembewu olwalutyaliwe.

¹⁸⁶ Musani—musani—musani—musani ukundiva kakubi. Ndiyanithanda, sthandwa. Ndizama ukufikisa Oku kuni. Yabona? Ndiya—ndiya—ndiyakuma kuyo, xa ndigqibile namhlanje. Ndiyakuyiyeka ihambe. Kodwa ndifuna nazi, ngaxeshanye, yintoni elungileyo, kunye nesizathu endikholelwa koko ndikukholelwayo. Ndiyakholelwa umtyholi unqhathile. Ngokuphandle, ndiyazi uyenzile. NgokweLizwi likaThixo, Alinakusilela. Uniqhathile. Ewe, mhlekazi. Yilonto ndishumayela ezo zinto ngendlela endenza ngayo, ngokuba iLizwi likaThixo likutshilo.

¹⁸⁷ “Owu,” uthi, “kulungile, Mzalwana Branham, lona ngumhla owahlukileyo.” LiLizwi elinye, noko.

¹⁸⁸ Banengqolowa ethile kuvimba emva phaya, eyayikwixesha likaYosefu, bayibeka baza bayityala apha, kwiminyaka embalwa egqithileyo. Uyakubona oko kulindexesha? Yaza yavelisa isivuno sengqolowa. Yayiseyingqolowa, seso sizathu. Kuphela kwento ebiyidinga, nje ngamanzi.

¹⁸⁹ ILizwi likaThixo liyinto nje ekwanye njengoko Lalinjalo xa Walithethayo emva ngaphaya, amawaka eminyaka eyagqithayo. Kuphela kwento Eliyidingayo ngaManzi.

¹⁹⁰ Kutheni singafumani sivuno nje? Ngokuba sifake imbewu engeyiyo. “Bangaphi, nina nonke, kutheni ningaguquli umbhalo wenu?” Ngokuphindiweyo ngaphezulu abantwana besihogo kunokuba wawunjalo xa waqalayo. “Bangaphi kuni maWisile abanokuthanda ukuza babe yiBhaptizi? Nina maBhaptizi eninokuthanda ukuba ngabakwaMoya? Zisa nje ubulungu bakho ngapha.” Owu, imihlola! Ubuvuvu! Inkunkuma! Inkunkuma kamtyholi. Akukho Bomi kuyo, konke konke. Ingumxube, umhanahanisi, ifile, ife kabini, incothulwe

neengcambu. Akatshongo na uYesu, “Sonke isityalo athe uBawo Wam waseZulwini akasityala siyakuncothulwa”? Ihlelo, nokuba yintoni, iyakuncothulwa.

¹⁹¹ ILizwi likaThixo, lodwa, liyakuma. Injalo! Yilonto Wayitshoyo. “Lonke ilizwi lomntu bubuxoki, kodwa Elam liyiNyaniso.”

¹⁹² Ngoko kuphi apho siya khona? Kungcono ubuyele emva ezingqondweni zakho. Kodwa akunakuliva Lona ngaphandle ube wanyulelwa kwangaphambili ukuliva Lona. Siyangena kokuya. Akumangalisi nje isiwa njengamanzi kumqolo wedada, lenzelwe ukuwawisa amanzi, hayi ukuwafunxa.

¹⁹³ Umkhombe wawenziwe ngomthi wegofere nangomthi weshittim. Ngowona...Asiyonto kodwa nje into engenamphakathi. Akukho nto kuwo kuphela ngumphakathi ongenanto. Yonke into ikhutshiwe kuwo; ukhula ngalondlela, owona mthi okhaphu-khaphu okhoyo, ukhaphu-khaphu kunenziniba. Kutheni bayenzayo nje? Ukuze abe nako ukuyiqaba ngetela. “Wona ekubeni ibingum-oki,” wena uthi, “ingaba um-oki ubungena kwenza nje kakuhle?” Hayi, mhlekazi. Awusokuze ifunxe nangayiphi into. Iyayala. I—iyayikhaba; kwaye le na iyafunxa.

¹⁹⁴ Kwaye iMbewu yenene kaThixo iyafunxeka kuMoya. Bonke ubuhlelo buyakhutshwa. Konke ukungakholwa kuphumile. Kwaye xa uMoya oyiNgcwele usiza kwela Khozo loBomi olulele phaya, Uvelisa enye iMbewu, kanye ngqo. Omnye unyana kaThixo uyazalwa. Amen. Omnye uthixo omncinci, unyana kaThixo!

¹⁹⁵ NdinguBranham ngokuba ndazalwa nguCharlie no Ella Branham. Oko kundenza uBranham, ngokuba ndiyimbewu yabo. Izivumelwano zabo bobabini, kunye nembewu yabo ihlangene, yenza imbewu, kwaye oko kwenza mna.

¹⁹⁶ Xa uThixo kunye neLizwi Lakhe besiba banye, (Halleluya!) oko...Xa uMoya kaThixo unkcenkceshela iMbewu kaThixo, iLizwi likaThixo, Ivelisa uThixo. Kwaye ayiso siqu samntu. NguThixo, ngoba (intoni?) ufile. Akusenguwe kwakhona. Uyaziqonda ufile, ukhutshwe umphakathi, ulinde uKhozo-Mbewu. Ngoko yintoni? Asinguwe kwakhona; asingomntu. NguThixo emntwini. LuKhozo-Mbewu, njengasekuqaleni, iLizwi elithethiweyo. LiLizwi likaThixo libonakalisiwe emntwini. Ngoko, asingomntu; ngumntu othe wafa. Akanakuba ngumxube kunye nonyana, ngaxeshalinye. Angaba ngunyana wokufa okanye unyana woBomi. Ke ukuba ngunyana wokufa, uyisa ngaphaya kumtyholi aze amyeke ayibulale...Yinikezele kuThixo, bendithetha ukuthi, kwaye umeke Yena ambulale umtyholi okuwe, amkhuphele ngaphandle, mkhuphule ngaphandle. Emva koko, vumela uThixo atyale uBomi ObuboBakhe kuwe,

emva koko akusenguwe. BuBomi bukaThixo, ngokuba liLizwi likaThixo linkcenkceshelwa nguMoya oyiNgcwele, liyakuvelisa into ekwanye. Uyayibona?

¹⁹⁷ Ndiyathanda nje ukushumayela kokuya imizuzu embalwa; kodwa ngamashumi amathathu okanye amashumi amane amaphepha eSibhalo apha, kwaye ndisenesithathu okwangoku. Bethu! Kulungile.

¹⁹⁸ Ibonakalisiwe, imisebenzi ibonakalise into ekwanye nga—ekwanye ngathi, ngokuba LiLizwi elikwalinye. Ngoku, ukuba ufuna ukwenza imisebenzi kaKristu, yenza into ekwanye Awayenzayo. “Lowo ukholwayo kuM uyakubanayo imisebenzi Yam.” Yintoni leyo? Ukukholwa (intoni?) ukuba Yena uluKhozo-Mbewu yemvelo ethe yeza. Iphi iMbewu?

¹⁹⁹ Apha, mandithabathe ezitshefu. *Nantsi* indoda ebekufanele ibe yiyo. Kanye *apha*, lena yindoda ebekufanele ukuba yiyo.

²⁰⁰ Kwenzeka ntoni? U-Eva wayixubanisa, wayizalisa, into eyenzileyo. Emva koko yenza ntoni? Yajikela ekufeni; nje ukuqhubekeka ukufa, isifa. Ngoku yena lo uyeza, okuya kuphume. . .

²⁰¹ Ngoku *apha* kuhlala iLizwi, nje into enye. *Apha* liLizwi lilele apha, nje into enye. Ngoku kwenzeka ntoni? *Apha* liLizwi. Ngoku, iLizwi awalithethayo uThixo, “Ukuqhama nokuzalisa umhlaba,” Ayizange ibe nokufumana indawo yokuhlala.

²⁰² Ekugqibeleni, *eli* Lizwi, Labambelela esibelekweni sentombi. Sizakuthetha ngezibeleko ezibini, ngale mvakwemini, ngakumbi. Kwaye kwenzeka ntoni? Ngaye Yena kweza uKhozo-Bomi, into enikayo, aManzi anika i—i—ipete ithuba layo ukuba izivelise kwakhona. UMoya waphuma kuYe waza wenyuka.

²⁰³ *Naku* silapha. Sisuka kude. Kwenzeka ntoni? Siyayikholelwa. Siyayikholelwa. Ngoku, wathini uYesu? “Lowo ukholwayo kuM.” Yabona? “Lowo ukholwayo kuM, imisebenzi Endiyenzayo, izibonakaliso endi. . . UMoya oyiNgcwele uza ngendlela yehobe, uza phezu kwaM uze wenze oku, hayi ngokuxubanisa, kodwa ngozalo lobuntombi.” Hayi i—i—indlela yo—yobomi, njengokuzalisa umntwana, indoda emfazini; hayi, ayikuko oko. Hayi ngomxube, kodwa uzalo lobuntombi. “Ngoku, ngako oku, Ndinikezela ngobu Bomi, ukuze ukuba wena, ngokholo, uyakukwamkela oko uBawo, bonke abaprofeti, lonke iLizwi likaThixo, Ndiyakuthulula obu Bomi buhle buze phezu kwenu, kwaye niyaku. . . aninakwenza nto engenye koko niyakuvelisa kwa into enye Endiyiyo! . . . ? . . . Imisebenzi Endiyenzayo uyakuyenza naye.” Yintoni Awayenzayo? Njengoko uYise Emkhokelela, oko Akubonayo. UYohane oNgcwele 5:19, nje. . . “Andenzi nanye into ade uBawo aNdibonise.”

²⁰⁴ Waye eyintoni? Wazenza umntu. “UThixo wenziwa inyama, wahlala phakathi kwethu. ILizwi lenziwa inyama, lahlala phakathi kwethu.” ILizwi likaThixo elithethiweyo,

ngentombi, lazisa u—umzimba. Kwaye kulamzimba kweza a—aManzi, uMoya. “Saza sahlanjwa ngaManzi eLizwi.” Saza saya kuYe, sahlala kuYe, kwaye nako kuzisa uBomi bukaThixo ezibonakalisa Ngokwakhe ngoKristu. UThixo waye ekuKristu, Lowo uthanjisiweyo. UKristu uthetha “Lowo uthanjisiweyo,” Indoda eyayithanjisiwe. “Kwaye uThixo ehleli kuYe.” Yayiyintoni? UKhozo kunye nenyama, Lowo uthanjisiweyo, inyama ithanjisiwe ngoMoya kaThixo, yavelisa iLizwi likaThixo lenziwe labonakaliswa. “Kwaye sambona Yena, okuphela kwamzeleyo uBawo, ezele lubabalo.” Yabona?

²⁰⁵ Nako apho sasikhona, yabona. Waye EliLizwi likaThixo lenziwe labonakaliswa. Kwaye, ngoku, Wafa ukuze ahlawule ityala lokuxutyaniwa kwakho. Bethu! Bethu! Nantso iyiyo. Yintoni? Ukuze ufe kuwe, ude ungabinguwe konke, kwaye uzaliswe liLizwi Lakhe, ukholelwe iLizwi Lakhe. Kwaye ngoko uMoya oyiNgcwele, wawukuYe, uhle uyokuncenceshela elaLizwi, ulenze Likhule. Yabona? Ngoko yintoni? UThixo ebonakalisa, eqhubela phambili umsebenzi woNyana Wakhe wamazibulo, okuphela kwaMzeleyo, yabona, owafela ukuxutyaniwa kobomi bethu; ukuze Abenokusixolelanisa, ukuze sibe ngoonyana neentombi zikaThixo, ukuze ngalo iBandla kuphuphume uBomi obukwabunye, ngeLizwi, eqhubekaka ngomsebenzi obonakalisiweyo njengoko wawunjalo kuKristu. UKristu waye eliLizwi likaThixo lenziwe labonakaliswa. Kwaye Yena wafa, wanikela ngoBomi Bakhe, ukuze Abenokuthumela uMoya; athabathele phezulu umzimba Wakhe, aze athumele uMoya emva, ukuya kunkcenceshela, ahlawule intlawulo yentlangulo, ukuba siyakuyikholelwa. Yiyo leyo kanye phaya: ukuba niyayikholelwa. “Lowo ukholwayo kuM, imisebenzi Endiyenzayo. . .” Emva koko kuza uMoya oyiNgcwele phezulu kweLizwi elikwalinye likaThixo.

²⁰⁶ “Ngoku,” uthi wena, “kuphi—kuphi apho uyigibisela phi eBhayibhileni ngoko?”

²⁰⁷ IBhayibhile kufanele ibe kuwe. ILizwi liyiMbewu. Okoko Lisalele *apha*, alisayi kwenzanto. Kodwa xa Lisiza *apha*, xa Lisiza entliziyweni, ngoko Liyaqalisa ukubonakalisa, ngoMoya oyiNgcwele, imisebenzi kaThixo. Ngoko imibono iyeza, amandla ayeza, intobeko iyeza. Konke ukwazi-yonke-into kuyemka. Uba yinto engento. UKristu uba ngophilayo. Uyafa; Uyaphila. Nantso iyiyo. Ngoba, Wafa, ndiyaphila. Xa ndisifa, U—Uyaphila kwakhona. Kwaye xa ndisifa, Undithembise uBomi. Kwaye ndafa kwisiqum sam, ke ukuze ndibe noBomi Bakhe. Kwaye ndiyenza njani? Ngokuthabatha iLizwi Lakhe, iMbewu Yakhe. Ndibeke iMbewu Yakhe ngaphakathi *apha*, ngokholo, kwaye ndiyikholelwe Yona, ize emva koko Ivelise ngqo oko iBhayibhile ikutshiloyo.

208 Ngoku, bazalwana bam, phanda kwihlabathi lonke. Sifumana okuninzi ukulinganisa.

209 Masiqhubekeke nje ithutyana elide. Yabona? Kulungile. Imisebenzi, eminye ebonakaliswe eBandleni Lakhe, iyakuba njalo, eyabonakaliswa kuKristu. Watsho njalo, uYohane oNgewele 14:12. “Amazulu nomhlaba ayakugqitha, kodwa iLizwi Lam alisayi.” Ingaba injalo? [IBandla lithi, “Amen.”—Mhl.] Kulungile.

210 Omiselwa kwangaphambili, njengoko Wayenjalo, wenza iMbewu-Lizwi libe yinyama. Kungcono ndime apho ngoku. Mhlawumbi anisayi, kodwa umntu othile phaya kumhlaba weeteyiphu angaqon-...mhlawumbi angaqonda. Omiselwe kwangaphambili! Bonke oonyana neentombi zikaThixo zimiselwe kwangaphambili. Sizakufika kwiZibhalo, emva kwethuba. Ndiyakucaphulela nje. Ama-Efese, isahluko soku-1, umqolo wesi-5. Kulungile. Simiselwe kwangaphambili. Kutheni? UKristu yiMbewu yemvelo. Kwaye leMbewu yemvelo yamiselwa ngolwazi lwangaphambili lukaThixo, esazi ukuba ukuwa kuzakufika, kwaye wammisela Yena ukuba athabathe indawo yethu. Niyayifumana? Bonke oonyana neentombi zikaThixo bamiselwa kwangaphambili.

“Kodwa,” wena uthi, “ngoko Uyakubohlwaya abanye?” Hayi, mhlekazi.

211 Ulapha ngenkululeko yokuzikhethelela. Kodwa isizathu sokuba Azi...Yena, ekubeni enguThixo, Ongenasiphelo, njengoko bendithethe kuni, Wayazi kwangaphambili yonke into eyakuba yiyo. Wayesazi ukuba yayingobani.

212 Ngoku, Akazange abangele u-Eva enze lanto. Akazange ambangele ukuba makayenze, kodwa Wazi ukuba wayeyakuyenza.

213 Ngoku, akumangalisi, ndiyakholwa, kwisahluko se-12 kaLuka oNgewele, ndiyakholwa yiyo, Wathi. Ndi...Sukuyibhala lonto. Ndizakuyifumana. Ndinayo ibhalwe phantsi, kamva kancinci, oko. Wathi, “Banamehlo, kodwa ababoni. Baneendlebe, kodwa abeva. Isaya wathetha kakuhle ngani. U-Isaya wanibona kwangaphambili.” Kwaye nako bengabo, behleli phaya, namehlo, iindlebe, kunye nayo yonke into, kodwa noko abanakubona. Kutheni? Bayalichasa iLizwi likaThixo. Ngoko uYesu wathi, “Owu, nina bahanahanisi. Ninga—ningabantwana bakamtyholi, kwaye nemisebenzi yakhe niyayenza; ngoko ndigwebeni Mna,” Wathi, “yalani ulungiselelo Lwam.” Xa, ndibonise apho ulungiselelo lwakho luvelisa iLizwi elipheleleyo likaThixo, njengoko oLwakhe lwalunjalo. Yabona? Yabona?

214 Ngoku, omiselwe kwangaphambili, njengoko Wayenjalo. Ngoku uthi, “Kuza njani okwakumiselwa ngaphambili?” UThixo, ngokusesikweni...Ngoku, ukuba wonke umntu

akayi qondi lento, ndifuna uphakamise isandla sakho ngoku xa ndigqibile. Yabona? UThixo, ekuqalekeni, wayalela u-Adam no-Eva ukuba baqhame kwaye bawuzalise umhlaba. Yilondlela isondo lalinikelwe ngayo, seso sizathu labanjalo. Kodwa yintoni eyabangela ukuxutyani swa? Kuzise ukufa. Ngoku sifumana oko ngale mvakwemini, kwizibeleko ezibini. Yabona?

²¹⁵ Ngoku qwalasela. Ngoku, koku, uThixo wabona kwangaphambili waza wamisela ihlabathi loonyana neentombi. Wabamisela ukuba babe phaya. Kwaye ngenxa yokuxutyani swa... Ukungakholelwa iLizwi likaThixo kwabangela ukuxutyani swa. UThixo uyibuyisele kanye emva, kwakhona, okokuba akunyanzelekanga ukuba uxutyani swa kwakhona. Ungabuyela emva kanye kwiLizwi lemvelo uze ube ngunyana kaThixo njengoko wawufanele ukuba nguye ekuqalekeni. Yabona?

²¹⁶ UKristu akazange abenakho ukukunceda ukuba koko waye Ekuko; WayenguNyana kaThixo. Yilonto. Yabona ndithetha ntoni ngoku? Yabona, ukuba wawuzimisele, ubona iLizwi likaThixo, uyaLikholelwa. Ngokuba kutheni? (Kukho into ethile entsha.) Yabona? Kutheni?

²¹⁷ Wakhe weva ngengxaki, elusatsheni? Omnye, u—u—unyana, ngahlobo luthile uyakulinganisa uyise okanye—okanye unina, okanye uyisemkhulu, uninakhulu. Lo ngxaki, elusatsheni. Wakhe weva ngayo. Akuzange?

²¹⁸ Kulungile, yinto enye ukusuka kulonyulo lwangaphambili. Wawufanele ubekho apha ngendlela elungileyo, ekuqalekeni. Kodwa, ngenxa yokuba weza ngendlela oze ngayo, unyanzelekile ukuba uwe. Kodwa, ngenxa yokuba wonyulwa kwangaphambili, uva iLizwi. Likubuyisela kanye emva apho wawonyulelwe khona. Amen. (Zange uyibone ngaphambili.) Ikubuyisela kanye... Yintoni—yintoni ekwenza ukholelwe iLizwi likaThixo, uze uyeke ezinye zezi izinto? Kungokuba wawu... Kukho into ethile ngaphakathi kuwe. Kude ngasemva phaya, wawufanel... Intoni? Wenziwe ukuba uphile apha ngonaphakade.

“Ndifuna iSibhalo ngalonto, mshumayeli.”

²¹⁹ Nantsi isiza. “Bonke abo Wabaziyo, Wababiza; bonke abo Wababizayo, Wabuya wabagwebela; kwaye bonke abo Wabagwebelayo, sele Waba zukisa.”

“Yintoni isizathu sokushumayela, Mzalwana Branham?”

²²⁰ Kukho—kukho isivuno khona phaya. Kuphela kwento endiyenzayo kukuphosa umnatha. NdiLiphosa nje phandle phaya, kwaye ndibone apho Liya khona. Ukuba bayalala, intsila yehlabathi kwaye amahlelo aligatyile Lona, andinakuyinceda. Kodwa ukuba kukhona omnye phaya

ngaphandle onokuLifunxa, uyakujika abengunyana kunye nentombi kaThixo, nje ngokuqinisekileyo njengehlabathi, amen, ngoba yanyulwe kwangaphambili.

²²¹ Seso sizathu sokuba uThixo anokusebenza imisebenzi Yakhe ngoYesu, WayenguNyana owanyulwe kwangaphambili. “WayeyiMvana exhelwe phambi kokusekwa kwehlabathi.” Phambi kwamakhulu ezigidi zezigidi zezigidi ziphindwe kathathu zeminyaka eyagqithayo, oko sikutshilo kwiGenesis 1:1 yathetha ngayo, ngethuba eligqithileyo, Wayenyulelwe kanye ngoko ukuthatha indawo Yakhe. Amen. Seso sizathu i—intando kaBawo Wayenzayo. Waye eliLizwi libonakalisiwe.

²²² Kwaye wonke ngamnye kwabanye boonyana uyakuba nokubonakaliswa okunye, kwaye abo ngabo babenyuliwe kwangaphambili. Ela qela lincinci, kuso sonke isizukulwana, liyakuza eluvukweni, yonke indlela ukusuka ekuqalekeni kwehlabathi. Kwaye isizathu, labambelela kuLo. Nkqu uPawulos wathetha ngalo kwiSityhilelo, okanye ku—kumaHebhere isahluko se-11, wathi, “Babhadula benxibe iimfele zeegusha neenganga zebhokhwe, beswele, bebandezelwe, bephathwa kakubi; elalingabafanelanga elihlabathi.” Amen. Bengenanto yakutya, beleqwa, begujululwa, betshutshiswa, besarhwa kubini, njengokwenziwa kulsaya, kunye nabaninzi babo. UPawulos ethetha ngawo amadoda. Wayengubani, wathi, wathetha ngo “sarhwa kubini”? U-Isaya, umprofeti, wanyulwa kwangaphambili nangaphambi kokuqala kwehlabathi. Kwakufanele Uze ngesibeleso sika Eva. Kodwa ngoko waza ngesibeleso—ngesibeleso somfazi; umoya wakhe kwakufanele uze apha ube lingqina.

²²³ Ke uYesu wayekho, kananjalo, weza ukuza kungqina ngokufa, ukungcwatywa, novuko; okokuba umntu uyakufa, kodwa aphile kwakhona ngaYe, ngokuba UyiMbewu ekufanele ivele. Amen. Ndiyathemba niyayibona. Kulungile.

²²⁴ Onyuliwe kwangaphambili njengoko Wayenjalo, kwenza iMbewu-Lizwi inyama kuwe, iBandla Lakhe, iLizwi likaThixo.

²²⁵ Uthi, “Ngokuqinisekileyo, Mzalwana Branham. Lonke iLizwi, ndiyaLikholelwa.” Ngoko suku ngoko musa ukuhlelwa xa uzuza isithethe sakh. Yabona?

²²⁶ Hlala ngqo nelaLizwi. Kwaye uhlale nako Okuya, qaphela kwenzeka ntoni. Uthi, “Owu Nkosi, ndiyaLikholelwa. Thumela uMoya oyiNgcwele.” Emva koko qaphela. Ngoko ukuba Uya ekunikeni ubungqina, ngoko uyazi uWufumene. Hayi ngemizwa; iidemoni ziyakwenza oko. Hayi ngommangaliso othile; amademoni ayakwenza oko. Kodwa ngokuqhubeka kokukholwa kwakho eLizwini likaThixo, kunye nobomi obuphilayo, ungazange waphika nto. Kulungile. Oko kwenza iLizwi libe yinyama, yabona, inyama kunye naManzi-Moya omnye.

Ngoku, linda umzuzu. Andinakugqitha ecaleni koku. Yabona?

²²⁷ UYesu wayeyiMbewu ka Abraham, ngokwentetho yenyama. Lonto injalo? [IBandla lithi, “Amen.”—Mhl.] IMbewu eyonyulwe kwangaphambili ka Abraham. Kwaye xa uMoya wawa phezu Kwakhe, lolunjani uhlobo loBomi Awabuzisayo? Wazisa uBomi bokholo. Uhlobo olunjani loBomi?

“Uthetha ukuba Uza kuba ngumphambukeli njengo Abraham?”

²²⁸ Kulapho abantu baphixaniseka khona namhlanje. Bazama ukucinga ukuba indoda kaThixo kufanele yenze *oku*, ize ilandela *oku*, ize yenze *okuya*. Owu, inceba, hayi. Yayiyintoni . . .

²²⁹ Wayeyiyo kanjani uKristu iMbewu ka Abraham? Hayi koBakhe. . . kakhulu ezimbeni Wakhe. Ngoba, u-Isake, la mbewu ka Isake ekugqibeleni yawa yaza yafa, yakreqa yaza yaxubaniseka, nayo. Sizakufika kuyo, ngokungqalileyo. Yabona? Kodwa iMbewu kholo luka Abraham, eyokuba wakholelwa iLizwi likaThixo kungakhathaliseki nokuba imeko zithini! Nako ke apho ukhoyo. Whew! Uyazi, ndiziva ndifuna ukukhwaza. Jonga. Yabona? Jonga. IMbewu yokholo ka Abraham, yayiyintoni? Hayi umzimba ka Abraham, kodwa ukholo luka Abraham. Ukholo luka Abraham kwi (ntoni?) iLizwi likaThixo. Nokuba kuza ntoni, wabiza yonke into echaseneyo kuYo njengokungathi yayingekho nokubakho. Owu, mna, ingaba oko bekungasayi kukrazula lamahlelo abe ziziqwenga? Hum, hum, hum, hum! Ngenene ibeyakwenza njalo.

²³⁰ Ukuba iNyaniso nkqu neyo*Mtshato NoQhawulo mtshato* yayivelisiwe kuphela ngokukhanya kwako oko kulapha, eBhayibhileni, ibiyakwaphula yonke ibandla kwesi sixeko, nasiphi esinye isixeko, zama ukubuyela kuyo. Bona, macala omabini, abalungisanga. Ndingayibonakalisa ngeLizwi. Abalungisanga macala omabini. Kulungile. Nokuba indoda ifanele yenze *lena* okanye *leya*, okanye umfazi *lena* okanye *leya*. Andizukuyitsho, ngokuba ndinokubhidisa okwaneleyo ngoku phakathi kwabo. Yabona? Uh-huh. UYesu wathi, “Bayekeni. Imfama ikhokela imfama.” Ngokuba, bayaphaphazela nje malunga nayo. Abayi kuyikholelwa. Ukuba bazalelwe kuBomi obunguNaphakade, bayakulikholelwa iLizwi. Yabona? Kulungile. Ukuba abenzi njalo, uThixo Uyakuzibonakalisa kubo. Ukuba abaLikholelwa, ngokuba, abayi kuLikholelwa. Kuko konke.

²³¹ Masiye koku, kuqala. Singafika mhlawumbi kokuya, mva ngelinye ixesha. Kodwa masihoye oku, kuqala, bona, kwaye ubone kutheni kufuneka sikholelwe ezi zinto, senze njani ukuba sizikholelwe. Kufanele uzikholelwe. Ukuba akwenzi njalo, ulahlekile. Unjalo.

²³² “Kholelwa ntoni, Mzalwana Branham? Wena?” Hayi, mhlekazi, hayi mna. Ukholelwe mna, kwaye. . .

²³³ Nditsho iLizwi. Andibeki nanye into apha. Ndikuxelela nje oko iBhayibhile ikutshiloyo malunga nokukholelwa eliLizwi. Kwaye koko endikwenzileyo, kukuzama ukukholelwa ela Lizwi nje ngendlela eLibhalwe ngalo; andongezi nto, andinciphisi nto. NdiyaLifunda nje ngendlela nje eLiyiyo, kwaye ndiLikhohle nje ngolohlobo. Kwaye ngenceba kunye noncedo lukaThixo uSomandla, Úlingqinile Lona.

²³⁴ Kwaye ndicela nabani aLiphikise. Ngoku, nina bakwiteyiphu, yizani niyenze. Ndixeleleni ixesha libelinye endakhe ndanixelela nantoni engalunganga, engazange ingenzeki. Ndixeleleni nantoni na, nangaliphi ixesha, apho uThixo angazange angqine kwaye yenzeke twatse ngokwendlela ibithethiwe. Kulungile.

²³⁵ Enyulwa kwangaphambili, njengoko Wayenjalo, wenza iMbewu-Lizwi aManzi amanye kulo (intoni?) eli Bandla namhlanje. Ingaba uMtshakazi wanyulwa kwangaphambili? Ingaba uThixo utshilo na ukuba Uyakuba noMtshakazi ongenachaphaza namibimbi? [IBandla lithi, “Amen.”—Mhl.] Ngoko Wanyulwe kwangaphambili. ALinjalo? [“Amen.”] Yabona? Kulungile, uKristu wayenyulwe kwangaphambili. WayeyiMbewu yaseBukhosini ka Abraham, kwaye yintoni eyakwenzayo? Xa uMoya weza kuKristu, Waba nobungqina beLizwi likaThixo. Kwaye xa a—xa aManzi-Moya ewela phezu kweMbewu-Lizwi, iMbewu yaseBukhosini yokholo luka Abraham kwiLizwi likaThixo iyakuvelisa uhlobo olunye lwesivuno.

Uthi, “Andiyikholelwa lonto.”

²³⁶ Kulungile, masiyikhangele. Masihambe ngoku size sibone. Ingaba siyiMbewu ka Abraham? IGenesis 17. Yiya emva kwiGenesis uze ufumane isahluko se-17. Ndishiyelela ezininzi zezi khona apha, kodwa ndi—ndifanele ndibethe ezinye zazo khona apha. Ngoba, omnye umgxeki angeza ecaleni athi, “Andiyikholelwa lonto.” Ke, sizakubeka nje okuncinci khona phaya, ukuze Abenakho ukumthintela angayitsho lonto. Yabona? Kulungile, 17:7, masiqalise kumqolo wesi-6.

Kwaye Ndiyakukuqhamisa kakhulu kunene (IMbewu ka Abraham), kwaye ndiyakwenza izizwe ezininzi (Iintlanga nazo zonke). . . nookumkani bayakuphuma kuwe.

Kwaye ndiyakumisa umnqophiso wam (ngoku qaphela) phakathi kwam nawe nembewu yakho emva kwakho kwizizukulwana zayo ube ngumnqophiso ongunaphakade, wokuba ndi—wokuba ndibe nguThixo kuwe, nakwimbewu yakho emva kwakho.

237 Yintoni iMbewu ka Abraham ngoku? Hayi inyama yakhe. UPawulos wathi, “UmJuda, ongumJuda ngaphandle, asingomJuda. UmJuda ngaphakathi.” Yabona? Yintoni iMbewu ka Abraham? Abo bakholelwa iLizwi lonke likaThixo, akukhathaliseki nokuba leliphi ihlelo, okanye utata, okanye umama, nokuba ubani omnye uthini. Bakholelwa lonke iLizwi likaThixo. UThixo wathi, “Ndiyakumisa umnqophiso wam kanye ngoku, ndiwumisela kwangaphambili lo mnqophiso kunye nawe kunye neMbewu, kwisizukulwana ngasinye emva kwakho, esiyakuwukholelwa.” Nako ke apho ukhoyo, iMbewu ka Abraham. Ngoku uthi...Ngoku qaphela. UThixo wathi, “Ndiyakuwumisa kunye neMbewu.”

“Kulungile,” uthi, “Mzalwana Branham, oko kunika wonke umnt-...”

238 Linda ngoku nje umzuzu. Masiye kwabase Efese ngoku, ngaphaya kwiNcwadi yabase-Efese, kwaye siyakuqala kwisahluko soku-1 sama-Efese. Kwaye emva koko siyakufunda intwana encinci apha kwaye sibone oko uThixo akutshoyo malunga nalo—nalomxholo. Ngoku phulaphula. UPawulos, ngoku qaphela indlela abeka ngayo oku ngoku.

239 Wonke umntu nge—ngenyawo zakhe ngoku, kuphela nje sine...okanye yiba sekuqwalaseleni kwakho. Sinemizuzu nje embalwa ngoku, emva koko siya...Malunga namashumi amane anesihlanu emizuzu, into ethile, emva koko siyakunqumamela isidlo sasemvakwemini. Ngoku jonga.

UPawulos, umpostile...

240 Yintoni *umpostile*? “Lowo uthunyiweyo.” “UPawulos, othunyiweyo kaYesu Kristu.” Ingaba injalo? [IBandla lithi, “Amen.”—Mhl.] “Ngentando yeQumrhu lamaJuda?” Ndikufunde ngokuphosileyo oko, akunjalo? “Ngentando ka—kaLuther, okanye i...”? Kulungile, nakanjani:

UPawulos, othunyiweyo kaYesu Kristu ngokuthanda kukaThixo, kwabangwele...

241 Ibhekisela kubani, wonke umntu? Hayi, mhlekazi. Umntu wonke akanayithabatha. Uh-huh. Injalo.

...kwabangwele abase Efese, nakubo abakhohlwayo ku Kristu Yesu.

242 Kwabo abasele bephaya. Ngabo endithemba ukuba ndithetha kubo, kulerhamente bandla ngale ntsasa, abo abasele “be Kristu kuYesu.” Ngoku, kulapho oku kubhek-...

243 Yabona, akunayixela i...ezo—ezo ntsana khona phaya malunga naLo. Azinakuyitya inyama. Zifanele zisele ubisi. Zisezimveku. Yabona? Ke, khumbulani, azinakutya inyama eqinileyo.

...ngoku kwabanyanisekileyo ku Kristu Yesu.

Makube lubabalo kuni, noxolo, oluvela kuThixo uBawo wethu, neNkosi uYesu Kristu. (Kulungile.)

Makabongwe uThixo noYise weNkosi yethu uYesu Kristu, lowo wasisikelelayo. . .

244 Ngoku, uthetha kwiBandla, ngoku. Asinguwo umhandle. Eli liBandla.

. . .ngazo zonke ezomoya—ezomoya iintsikelelo kwezasemazulwini iindawo. . .

245 Njengale ntsasa, abo baLithandayo kukuLitya nje. Yabona?

. . .kwezasemazulwini iindawo kuKristu:

Njengokuba wasinyulayo. . .

246 Ingaba samonyula Yena? Huh? “Owu, Mzalwana Branham, ndi—ndiyaxolisa. Ndayenza.” Hayi. Wena, ngokweLizwi, akuyenzanga.

247 UYesu wathi, “Ayinini abanyule Mna. Ndininyulile.” Owu, ehe. WaLinyula nini? Xa uYesu athi Wanyula iBandla Lakhe? “Ngaphambi kokusekwa kwehlabathi.”

248 “Ngokokunyula ngokusinyulela Kwakhe kuYe,” kwimvuselelo egqithileyo apho uGqir. *Zibani-ka-zibani* wabanayo? Hayi, hayi. Ungayifunda lonto kuvumo nkolo, incwadi yeziqendwana, kodwa hayi kuLe. Yabona?

Njengoko wasinyulela kuye ngaphambi kokusekwa kwehlabathi. . .

249 Sanyulwa nini thina, kwimvuselelo egqithileyo, ngobabusuku sasindiswa ngabo? Ngokuba, xa—xa kwakungekho hlabathi, kungekho nkwenkwezi, kungekho zi atoms, kwakungekho zimolekyuli, kulelolixa esanyulelwa ngalo. Amen. Owu, sanukundenza ukuba ndiqale ukushumayela koko. Ndizama ukucacisa into ethile apha. Kulungile.

. . .ngaphambi kokusekwa kwehlabathi, okokuba sifanele ukuba. . .

250 Intoni? “Amalungu”? Hayi. “Sifanele, owu, emva kokuba sisindisiwe, senza nje ngendlela ofuna ngayo”? Hayi.

. . .kufanele sibengcwele kwaye singabi nachaphaza phambi kwakhe kwi. . .

251 “Ubulungu”? Hayi, hayi. Lu “thando.” Asilulo? Injalo. Kulungile. “Eluthandweni.” Uxolo. Ndiyanqunqa nje, ndiyaqikelela, ngoku. Andifanele ndiyenze. Kulungile.

. . .eluthandweni:

Athe (Intoni? W-a-s-i-n-y-u-l-a kwangaphambili. Owu!) wasinyulela kwangaphambili wasamkela njengabantwana (iMbewu ukusuka ekuqalekeni, yabona). . .njengabantwana ngoYesu Kristu kuye, ngokwenkolelo yokuthanda kwakhe,

252 Ngubani owayenzayo? NguThixo. Wayenza nini Yena? Ngaphambi kokusekwa kwehlabathi. Ngoko ukuba siza ngokozalo olungekho ngokwasesikweni ngokonakala kuka Eva, awasenza sonke abantwana bakhe kunye nabafanelwe kukufa, ngoko inceba ezimele geqe kaThixo kwafanela yenze indlela yokuhlangula abantwana Bakhe. “Kwaye bonke abo uBawo Andinike bona bayakuza kuM. Kwaye akukho mntu unokuza ngaphandle kokuba uBawo Wam amtsale.” Owu, bethu! Ngoku iphi into yakho enkulu oyenzileyo? Akuzange wenza nto. Kufanele ube neentloni. Thixo, Owenze zonke izinto! Ivili lisebenza nje kakuhle.

253 Umntu othile weza, ngenye imini, wathi umntu othile uthethe into embi malunga nam, kwaye—kwaye wandityhola ngento ethile eyayingalunganga. Ndaza ndathi, “Owu, libala ngayo.”

254 Wathi, “Ungathini ukuyithabatha kanjalo? Ibandakanya usapho lwakho, lonto.”

255 Ndathi, “Owu, bethu!” Ndathi, “Oko kwanyulwa kwangaphambi kokusekwa kwehlabathi, ukunika mna uvavanyo.” Ndathi, “Owu, bethu, bethu, bethu! Ngokuqinisekileyo. Ngoko kulungile konke koko.”

Wathi, “Uyenza njani?”

256 Ndathi, “Ukuba bendijonge ezantsi kanye *ngale* ndlela, bendiyakuwa lonke ixesha.”

257 Yilondlela abantu bangayo namhlanje. “Ukuba ndiyayamkela iNyaniso yeLizwi likaThixo, Mzalwana Branham, bayakundikhabela ngaphandle.” Kulungile, yintoni ojonge yona *apha*? Jonga apha ekupheleni kwendlela. Bona, indoda ekhangeleka ka *njena*, ayazi apho iya khona, ijonga *ngale* ndlela. Kodwa ukuba ujongangaphaya, akukhathali kwenzeka ntoni ngoku, uyazi apho uya khona. Yabona? Yilonto. Jonga apho uya khona. Hlala ungqamene neLizwi. Kulungile.

258 “Sanyulelwe kwangaphambili ekwamkelweni.” Niyakholwa na ngoku ukuba sasonyuliwe kwangaphambili? [IBandla lithi, “Amen.”—Mhl.] Ngoku, ingaba uYesu wayenyuliwe kwangaphambili? [“Amen.”] WayeyiMvana kaThixo, sele ixheliwe ngaphambi kokuba kwabakho ukukhanya, ngaphambi kokuba kwabakho ikhwezi, ngaphambi kokubakho kwemolekyuli, atom, nantoni. WayenguNyana kaThixo, exheliwe. Owu, ubukhulu bukaThixo!

259 Ngoko ezi zinengqondo encinci elingana nendongomane eziphuma kwencinci eyenziweyo, kwisifukamisi esingaphezu kwendalo ngapha, zizama ukuxoxa Oko zithi Ayilunganga. Lusizi. Ungubani wena?

260 Nkqu nabanye babo bathi, “Akukho sihogo.” Kwaye uhleli kwimbiza yaso mihla yonke, amawaka asibhozo eemayile

ubungqindilili, nje ngaphantsi kwakho, intabamlilo; kwaye emva koko ujonge phezulu uze udele uThixo neLizwi Lakhe. Xa udelela iLizwi, udela uThixo. Injalo.

²⁶¹ Owu, bethu, indlela Omkhulu ngayo, Nkosi! Indlela esifanele sibe nombulelo ngayo! Kulungile.

²⁶² Ke, amakholwa, eLizwi noMoya, kufanele abe manye. Niyayifumana? [IBandla lithi, “Amen.”—Mhl.] Makholwa, iLizwi noMoya, ngokuqinisekileyo banye. Akwenzi ngcinga yakho. Akusebenzisi ingqondo yakho. Iyamangalisa? [“Amen.”] Inginga eyayikuKristu ikuwe. Yabona? Inginga ikuKristu, kwaye uyakuthabatha iLizwi nje ngoko Wenzayo, ngoba Waye eliLizwi. Kwaye ingcinga kaKristu ikuni, niliLizwi. NiliLizwi likaThixo eliphilayo, abameli Bakhe, apha emhlabeni, injalo, niqhubekeka nomsebenzi. IBandla kufanele libe ngala ndlela. Kwaye xa ke, iBhayibhile ibonakalisiwe kwakhona njengakwimihla yabafundi. Nje ngomfundi, iBhayibhile iyaphila kwakhona, kuni.

²⁶³ Ngoku masibone. Ndifanele ndizame ukufumana okuncinci, malunga neshumi elinesihlanu lamaphepha apha, ngokukhawuleza. Ndiyakucaphukela nje ukwenza oko. Kodwa ndizakufanela nje ndigqithe kuyo. Ngoba, andiyenzi, ngoko ndiyakuba njalo ngale mvakwemini... Ndinentlanganiso ngomso, kwaye—kwaye kufuneka ndikhawulezise ngoku. Kulungile. Ngoku sizakuzama ukuyenza ibe yekhawulezayo kancinci, ukuba singanakho, siqhekeza kuyo. Niyakholwa? [IBandla lithi, “Amen.”—Mhl.] Kulungile.

²⁶⁴ Kwaye xa ke, iBhayibhile ibonakalisiwe kwakhona njengakwimihla yangaphambili kaKristu. Yabona? Ngoba, uyiMbewu eyanyulwe kwangaphambili nje ngoKristu wayenjalo. Kwaye xa iMvula isiwela kwiMbewu, uBomi buyazivelisa Bona, xa uMoya oyiNgewele usiwa.

²⁶⁵ Xa Isiwela la kwezaMbewu athe... uYesu wathi Wazinyula zona (nini?) ngaphambi kokusekwa kwehlabathi, ngoko zaziyiMbewu eyanyulwe kwangaphambili. Ingaba injalo? [IBandla lithi, “Amen.”—Mhl.] Ngoko, apha bazitsalela phezulu, kwigumbi eliphezulu, eziMbewu, iLizwi. Kwaye iLizwi lalilele apho, ngaphandle koBomi kuLo. “Ngequbuliso kwaza isandi siphuma eZulwini njengaManzi eqalisa ukuphokoka, kwaye eneneni Yazalisa indlu yonke apho babehleli khona.” Kwaye iiMbewu zaqalisa ukukhula. Yaqalisa ukuzibonakalisa Yona, iLizwi likaThixo libonakalisiwe. Kulungile.

Kutheni ngoko imililo yemvuselelo yayeka?

²⁶⁶ Ngoku, ndinamalunga neshumi leZibhalo apha, ukuba ungayiqwalasela khona apha, ekufanale ndiyitsho. Kodwa ndifanele nditsibe ngaphaya kweninzi yayo, kwaye ukuze ufike kubume bayo. Kulungile.

267 Kutheni ngoko imililo yeemvuselelo iyekile? Ngoku kufanele ndibize amagama. Andiyi kuyenza emva kwale 'phandle kokuba uThixo andixelele ukuba ndiyenze. Kodwa kufanele ndibize amagama. Kufanele nditsho izinto endingafuni kuzitsho, kodwa, ukuze ndenze oku kucaze.

268 Ningabona ngoku apho ndiya khona, isizathu sokuba ndenze oko ndikwenzileyo. Ndiyakholwa *Eli* liLizwi. Kwaye ndiyakholwa ukuba uKristu uneBandla, kwaye iBandla yintsimi. Sizakufika kuyo, emva kwethuba. Kwaye kufanele ufikise iLizwi entsimini ngaphambi kokuba uMoya wenze nantoni. Yabona?

269 Kutheni ngoko imililo yemvuselelo iyekile? Akuva kakhulu ngoBilly Graham, njengabakhulu abavangeli. Oral Roberts, akasatshisi isizwe njengoko wayeqhele ukwenza. Imihlangano yam ayiviwa nokuviwa. Naso isithathu. Yintoni ingxaki?

270 Ngoku sizakufumana eyona inzulu imfundiso. Yabona? Ndzakufanela ndiyisebenzise nje ngoku. Kwaye ukuba leteyiphu ingawela ezandleni zikaBilly Graham, Oral Roberts, ndifuna nazi, bazalwana bam, okukuba andiphikisani nani. Ndiyazithabatha, ukuba niaqwalasela, khona phaya, njengomzalwana wenu eVangelini. Kwaye ndiyacinga, emva koku, niyakuba nokuqonda okungcono, bazalwana, okokuba kutheni ndikwenzile endikwenzileyo. Kwaye ndiyathemba ukuba ndiyakufumana inceba emehlweni kaThixo, naphambi kwenu, ngokuthembeka nokunyaniseka ukunixelela isizathu sokuba kutheni.

271 Ngoku, Billy Graham, ihlabathi belivutha apha kungekudala ngoBilly Graham. Okunqabe kakhulu ukuva oko ngoku. Usaqhubekeka, kodwa yintoni ingxaki? Oral Roberts, kutheni, ukutshisa nje umhlaba; kuyaphela. Tommy Osborn. Bonke babo balungile, amododa anobuthixo. Kwenzeke ntoni? Ekholelwa ukuba uThixo undibizele ulungiselelo, kwenzeke ntoni kolwam? Ngoku apha kuzakuphendulwa imibuzo ethile. Yabona? Kwenzeke ntoni?

272 Nithi, "Mzalwana Branham, olwakho lolona lufe kakhulu kunawo onke awo." Oko, oko yinyaniso. Injalo lonto.

273 UBilly Graham ngoyena kuviwa kakhulu ngaye kunam, kwaye uBilly ngoyena uviwa kakhulu ngaye kuno Oral. U-Oral ngoyena uviwayo, ngemini enye, kunam ngeenyanga ezintandathu. UTommy Osborn, Tommy Hicks, nawuphi kulomadoda anobuthixo, ngabona baviwayo. Ke, kangangokuba oko kusingisele, olwam lukude kakhulu kunabo bonke. Kwenzeke ntoni?

274 "Mzalwana uBranham, uyakutsho oko, oko usixelela kona apha ngoku okokuba ngenene uyalikholelwa iLizwi kunye nento yonke, kulungile, kwenzeke ntoni kuwe ngoko? Yintoni eyenzekileyo?" Yilonto esifuna ukuyazi. Yilonto esifuna ukuyazi.

275 Ngoku, mbeke engqondweni yakho ngoku. Hlisa i-ambrella uze uvuthulule imvula, kwaye uvule intliziyo yakho nje umzuzu uphulaphule.

276 Khumbulani, iBhayibhile ithe kwiGenesis, isahluko soku-1 siyafunda, ukusekela ingcinga yethu yanamhlanje, yi, “Yonke imbewu ngokohlobo lwayo.” Iyakufuneka ivelise ngokohlobo lwayo. Injalo lonto. Yonke imbewu kuyakufuneka ivelise. Khumbulani, umhlaba uzele ziimbewu, kwaye imvula yenza uvelise ngokohlobo lwawo.

277 Ndiyakholwa kukufutshane kwixesha lokuvuna. Aniyikholelwa lonto? [IBandla lithi, “Amen.”—Mhl.] Nonke niyavumelana noko. [“Amen.”] Sikufutshane nexesha lokuvuna. Ngoku, iimbewu zityaliwe. Yilonto iyingxaki nayo. Iimbewu zityaliwe. Owu!

Owu Thixo! Ndingqwenela ubunokubona okugqithe phambi kwam ngoko.

278 Iimbewu zityaliwe. Khumbulani, kukho ixesha lokutyala, emva koko ixesha lokuvuna. Bayazi batsho njalo. Kulungile.

279 Ngoku, kube kukho iindidi ezintathu zeembewu zityaliweyo. Ihlelo, uBilly Graham, wayegumtyali oyintloko. U-Oral Roberts, engowabakwaMoya. Imbewu yabakwaMoya ityaliwe; ndithetha malunga nombutho ngoku. Kwaye, ngoko, iLizwi belityaliwe. Ngoku kufuneka niqonde, bakuthi. Andikutsho oku ngaphezulu kokuba uThixo andixelele. Ndifuna nikufumane oku kulungile kwaye kucacile. Iimbewu ezintathu zityaliwe.

280 Seso sizathu, ukutyalwa, kumalunga nokugqitywa. Yabona? Kuphelile. Iimbewu kufanele zityalwe ngaphambi kokuwa kweMvula. Injalo lonto? [IBandla lithi, “Amen.”—Mhl.] Okanye, ngenye indlela, uMoya. Ngoku nizakungavumelani phaya, kodwa yibambeni nje umzuzu. Yabona? Iimbewu kufanele zityaliwe; kuze emva koko iMvula ine, inkcenkceshele iMbewu. Ingaba injalo lonto? [“Amen.”] Ngoku ndifuna . . .

281 Ingaba ukhona nawuphi umntu apha osiqondayo isiHebhere, owaziyo amagama esiHebhere? Kulungile. Ungalijonga ukuba uyafuna.

282 Ngoku, siva kakhulu, kwaye amaninzi amahlelo kunye nento yonke ithetha malunga, “Sikwimvula yamva.” Ubuvuvu. Akukhonto injalo ngoku.

283 Owu, into ethile iyenzeka. Ndingayibona nje igqitha phambi kwam. Yenzile iwubambile uMoya. Yabona? Amen. Ndiyazi ukuba oku yiNyaniso. Ngu ITSHO INKOSI. Ngombono, yabona, nje ukushukuma, kusiza. Kunzima nokujonga ezantsi apha. Yabona? Lonke ixesha ndijonga, ndiyibona nje inyuka phambi kwam, *ngolwa* hlobo, kwaye iqhekeka; ize ihambe *ngale* ndlela, kwaye ijonge *ngale* ndlela.

Bendizama ukuqaphela abanye abafu behlala phantsi khona apha. Ukujonga kude, kwaye naphina apho ndijonga khona, kukhangeleka ngathi nantso iyiyo. Yabona? Kulungile.

²⁸⁴ Masibuyele emva siyizame kwakhona ngoku, ukuqiniseka ukuba ndiyafika phaya. Andazi ukuba kwenzeke ntoni kanye kanye ngokwala mgca. Jonga.

²⁸⁵ Ndiyakholwa ukuba kukufutshane kwixesha lokuvuna. Iimbewu zityaliwe, imbewu zeecawa zamahlelo, ngokohlobo olunje ngeeVangeli, njengeBhaptizi, neRhabe, kunye namaLutere. Kunye neembewu zabakwaMoya zityaliwe kumbutho wabakwaMoya, ngamadoda abalulekileyo anjengo Oral Roberts, Tommy Hicks, no Tommy Osborn, amadoda abalulekileyo kaThixo. Yabona? Kwaye ndiyakholwa ukuba iLizwi likaThixo libe lityaliwe, lingakrexezwanga, kude ukusuka nakwiminye yaloo mibutho. Yilonto iyigxaki. Yabona? Imbewu kufanele ibe . . .

²⁸⁶ Isityalo esiyiMbewu kufanele sibe naManzi eMbewu ngaphambi kokuba Ikhule. Kufanele ukuba ibe naManzi, ine, ngaphambi kokuba iMbewu ebe ityaliwe ikhule.

²⁸⁷ Ngoku, “Kulungile,” uthi, “Mzalwana Branham, kube kukho eyethu . . .” Ndiyazi. Injalo lonto. Ibambisa ingcinga yakho ngoku, uyabona. Akunakho nje ukuyifihla ngoku. Uhuh. Kulungile. Ke, lumka ngoko ukucingayo.

²⁸⁸ Ngoku, iMbewu kufanele ityalwe. Kwaye emva koko kufanele Ibe naManzi, ukuze ikhule.

²⁸⁹ Ngoku, uthi, “Kulungile, Mzalwana Branham . . .” Ndizakuvakalisa ingcinga zakho ozicinge phaya. “Sibe sinawo aManzi.” Ke makubenjalo. Ilungile lonto. Nibe ninawo aManzi.

²⁹⁰ Wakhe watyala ikhaphetshu okanye nantoni, okanye iimbewu, okanye into ethile engenye enjalo? Ngesiqhelo, zifumana amanzi phaya, galela nje intwana kuzo. Yabona? Kulungile.

²⁹¹ Kodwa, ngoku, linda. Yintoni ebesinayo kwelaxesha lokuhlwayela? Imvula yangaphambili.

“Owu,” uthi, “Mzalwana Branham, ubuvuvu!”

²⁹² Ngoku linda nje umzuzu. Thabatha igama “ngaphambili,” kuYoweli 2, kwaye ujonge kulo, uze ubone ukuba igama lesiHebhere . . . Uya kumaHebhere, uze ubone ukuba ayinjalo. Ukuba ufuna ukuyibhala phantsi, m-o-u-r-e-h, *moureh*, uze ufumane igama lesiHebhere, litolike, jonga ukuba *umoureh* uthetha ntoni. Imfundiso, “imvula” efundisayo iphumile.

²⁹³ Imvula yemfundiso yehlelo iphumile, “Izigidi ngaphezulu ngo '44,” amaBhaptizi. *Athile-thile, athile-thile*, amalungu ebandleni. U-Oral Roberts kunye nabo abazalwana kunye nentshukumo yabakwaMoya, eyezoqoqosho . . . intshukumo

enkulu yabakwaMoya, banyukela phezulu kwizigidi. Yabona? Injalo lonto. Kwaye iMbewu iphumile, iLizwi, lisiya kwingcuntswana, iqela.

²⁹⁴ Ngoku qaphela. Ngoku khumbula, igama m-o-u-r-e-h, *moureh* lithetha imfundiso, i “mvula yangaphambili.” Lithi *imoureh*, “mvula,” imvula efundisayo. Imvula efundisayo iphumile. UBilly Graham ulibethile ihlabathi; abakwaMoya balibethile ihlabathi; kwaye neLizwi lilibethile ihlabathi.

²⁹⁵ Ngoku, yintoni ingxaki ngoku? Lilindile ngoku “imvula yangasemva.” Kuxa livelisa iziqhamo salo. Owu! Hum! Ndiyathemba uyalifumana. Uhlobo lwembewu oyihlwayeleyo entsimini yakho iyakuba luhlobo lwesivuno oyakusivuna. Ukuba amahlelo afuna amalungu amaninzi, yilonto ayakuyifumana; yilonto ayifumeneyo. AbakwaMoya bafuna abangaphezulu abakwaMoya; yilonto bazakuyifumana. Injalo. Kodwa iLizwi lizakovelisa oonyana neentombi zikaThixo. Uh-huh. Uh-huh. Injalo. Iyeza, nayo. Qaphela. Jonga kwenkulu imvula yangasemva efaanelwe kukuyenza, indlela abayakuqabela ngayo ngaphaya kodonga, batsibele ngaphaya, nendlela abayakuba ngumkhosi ozayo. Linda nje umzuzu. Uh-huh. Uhlobo lwesivuno oyakusifumana, luhlobo lwembewu oyifake entsimini yakho. Kulungile.

²⁹⁶ Intlobo ezimbini zamahlelo, niyaqonda, intlobo ezimbini zamahlelo ziyakuhlangana kunye, ukuya eSodom.

²⁹⁷ Kodwa iLizwi liyakuhlala nowoNyuliweyo, iMbewu yaseBukhosini. Amen. Yabona? UYesu wathi, “Njengokuba kwakunjalo ngemihla yaseSodom, kuyakubanjalo ekuBuyeni koNyana womntu.”

²⁹⁸ Iingelosi ezimbini zehla, abalungiseleli abathanjisiweyo ababini behla baya eSodom, ukuya kuzama ukukhupha indoda eyayiwile, inentlantsana kaThixo malunga nayo. Kunye nomfazi wayo, umtshakazi wayo, niyazi kwenzeka ntoni kuye; wahlazeka. Kwaye jonga kwiintombi zakhe; uze ujonge into eqanduselweyo emva kokuba ephumile ngaphandle. Yasoloko iyinwele kwiqebengwana. Niyazi ukuba injalo. Ndicela oxolo ngalo ntetho; kodwa, niyazi, into ekhonyulukisayo. Ke oko kuyi... Yasoloko iyilonto. Siyakwazi oko. Ngoku, akunakuliphika iLizwi likaThixo.

²⁹⁹ Kodwa kukho Omnye owashiyeka no Abraham, owanika umqondiso. Ehe. Injalo lonto? [IBandla lithi, “Amen.”—Mhl.] Kulungile. Kulungile. Omnye washiyeka.

³⁰⁰ Yintoni u-Abraham neqela lakhe ababebizwa ngayo? Imbewu eyonyuliweyo engazange iwe. Babengabaphambukeli. Bahambela *apha*, bahambela *phaya*; bahambela *apha*, bahambela *phaya*; abangengabehlelo.

³⁰¹ Kodwa ihlelo lehla laza lazenzela isixeko. Kwaye uLote waba ngumpristi, okanye ubhishopu, okanye i...uyazi,

nokuba yayiyintoni phaya, indoda enkulu, wahlala—wahlala esixekweni waba waba ngumgwebi, othi (ubhishopu, umdala wesizwe), “Hayi, asinakuba nala mfo phakathi kwethu. Hayi, mhlekazi. Akavumelani nemfundo yethu yezobuthixo. Asinakuba nayo.” Nanko uLote omdala. Nanko ehleli. “Ukuba akanancwadi yesiqinisekiso esuka kwiqela lethu, asinakuba naye, konke konke.” Ngubani okwenze umgwebi phezu kweNdlu kaThixo, wena mxube? Uh-huh. Huh! ILizwi likaThixo liyakushunyayelwa, nakanjani.

³⁰² UMartin oNgcwele waya kwiqela elinje ngeliya, kwaye lamfo akazange ame kwa ukuma, ukuba amnike imbeko, emva kokuba ephule amasango. UThixo wada watshisa ingubo yakhe yasuka kuye, umva wakhe, wamenza wavuka wakhahlela la mprofeti kaThixo owangena esixekweni. Uh-huh. Injalo lonto. Isihlalo sakhe satsha, apho wayehleli khona, itrone awayekuyo. Injalo lonto. Niyifundile imbali yebandla. Ewe, mhlekazi. Wehla waya phaya kunye neLizwi eliyinyaniso, wenza imimangaliso kunye nemiqondiso; wabonakalisa, eLizwini, ukuba wayekho. Babenoobhishopu babo, kwaye babenoko babekufuna, kwaye oko koko nje babekufuna. Kodwa uThixo uzakubona oko...Ingaba yayingabantwana abathile abanyuliweyo khona phaya, kwaye kwafuneka aye kubathabatha. Injalo lonto.

³⁰³ Ke, khumbula, yayiyintoni? Ngoku masime apha nje umzuzu. ULote wakhe waba nokhetho lokuba abe ngongelohlelo, ngokwakhe. Injalo lonto? [IBandla lithi, “Amen.”—Mhl.] Wakhe wabanokhetho lokuba ahambe no Abraham, kodwa ukuthanda ihlabathi kwamkrwitsha. Yilonto eyenzekayo namhlanje.

³⁰⁴ Kwaye, khumbula, abo basezantsi eSodom zange babone nomnye walo mimangaliso ingaphezu kwendalo. Babenokumfanyekiswa. Kwaye ukushunyayelwa kweLizwi kumfamekisa amehlo ongakholwayo. Yilonto uBilly Graham kunye nabo abayenzayo, ukumfamekisa amehlo abo bangakholwayo khona phaya. Injalo lonto.

³⁰⁵ Ngoku akunakuphika ukuba uYesu wathi, “Njengokuba kwakunjalo ngemihla yaseSodom, kuyakubanjalo ekuBuyeni.” Nantsi apha, eBhayibhileni. Yabona? Iyakuba yinto ekwanye ekuBuyeni koNyana womntu.

³⁰⁶ Ngoku qaphela. Kodwa kwakukho Omnye owayeliLizwi. Waye eliLizwi, kwaye kuphi apho Wahlala khona? Kunye nothenjisiweyo, owonyuliweyo. ILizwi lahlala nowonyuliweyo. Kwaye iLizwi likaThixo, namhlanje, liyakuhlala naLowo wonyuliweyo, iMbewu yaseBukhosini ka-Abraham, ngesithembiso.

³⁰⁷ Yintoni uhlobo lwemisebenzi Eliyenzileyo? Xa Labonakaliswayo malunga namakhulu asibhozo eminyaka

kamva, kwimo kaYesu Kristu, Lenza kwa imisebenzi leyo Lowa wayenzayo phaya, iLizwi layenza, esangweni ententeni ka Abraham. Lihleli Lifulathele intente, laxela igama lika Abraham lalingu Abraham; hayi Abram, oko lalisoloko likuko, elo igama lakhe. Kodwa igama lakhe yayingu Abraham, 'ngoba uThixo wadibana naye kwintsuku ezimbalwa phambi koko, wamxelela igama lakhe yayingu Abraham. Wathi, "Uphi umfazi wakho," hayi S-a-r-r-a. S-a-r-a-h, "Uphi umfazi wakho, uSarah?" Ngokungathi Wayengazi.

Wathi, "Usententeni, emva kwaKho."

³⁰⁸ Wathi, "Ndizakukutyelela." "Ndi," isimelabizo somntu, "Ndizakukutyelela, ngokwexesha lobomi," owu, "kwaye uzakuba nala nalomntwana obumlindle."

³⁰⁹ Imvula yangasemva ilungiselela ukuna. Uyibambile laMbewu khona phaya ngokwaneleyo ngoku, ngokukholwa. Kwaye ujonge uNyana ozayo, kwaye Uyeza. Amen. Elo liBandla lokwenene namhlanje, yabona, laMbewu yanyuliweyo. "Ube ufuna Yena, kwaye Ndizakumthumela Yena kuwe." Amen. Yintoni eyatsho oko? LiLizwi.

"Owu," uthi, "elo yayiliLizwi?" Uxolo.

³¹⁰ U-Abraham wambiza Yena, "Elohim," Lowo nguSomandla, Lowo uziphilelayo. Waye eliLizwi, Elohim.

³¹¹ Kuphi apho Weza khona? IMbewu ka Abraham. Ngoku, khumbula, Akazange abe nanto yakwenza kunye nawo amahlelo. Wahhlala kanye nowoNyuliweyo, waza washumayela, injalo lonto, waza wabonakalisa umqondiso. Kwaye uYesu wathi. . . Ngoku linda nje umzuzu omcinci.

³¹² Ngoku, uSarah, ngaphakathi kuye! Khangela okwakungcoliseka, yabona. Ngoku, eneneni, ukungakholwa Oko, uThixo wayenokumbulala kanye apho. Ubuyazi lonto? Kwaye waphuma waza waphika. Abraham. . . Wabobotheka, ngamanye amazwi, ngaphakathi kuye. Ngoku, akazange, mhlawumbi, aqhekeke luncumo. Kodwa, ezantsi entliziyweni yakhe, wa-wa-wa ngahlobo luthile wahleka kancinci. "Mna, umfazi omdala, ikhulu leminyaka ubudala; amashumi amahlanu eminyaka ndiyekile ukuya exesheni, ixesha lobomi. Ndahlala naye yonke la minyaka! Kulungile, asikhange sihlale njengendoda nomfazi, amashumi amabini anesihlanu eminyaka, mhlawumbi amashumi amathathu. Yabona? Kwaye uthethe ukuthi ndizakuzonwabisa kunye nenkosi yam, u-Abraham?" Indoda yakhe!

³¹³ Lolohlobo lwabafazi nonke enifanele nibe ngabo, ekufanelekileyo. UPawulos watsho kwa into enye. Yithande indoda yakho ngolohlobo. Hayi ukuxutywa kwento khona apha. Yabona? Khumbula, iingcinga zakho. . . Sizakufika

kulanto, ngale mvakwemini, i “sibeleko, ingcinga.” Ke ngoku...Kodwa, kokuya, wayemthanda u-Abraham kangangokuba wambiza inkosi yakhe.

³¹⁴ “Inkosi yam ekubeni indala, nayo, kwaye nam ndimdala, kwaye mna ndibe nokonwaba kunye naye kwakhona?” Kwaye wa...[UMzalwana uBranham ulinganisa ukuhleka kukaSarah okuthuleyo—Mhl.]

³¹⁵ Kwaye iNgelosi yambonisa u-Abraham nguBani Eyayinguye, okokuba yayinguLizwi. Yathi, “Uhleka ntoni uSarah?”

Ke wambiza, waza wathi, “Andikhange.”

Wathi, “Kodwa uhlekile.”

³¹⁶ Intoni? Olo lubabalo. Yabona? Kanye phaya, uThixo ebenokumbulalela kanye phaya, kodwa Akabanganako. Owu! Yabona ubudenge bethu? Ebeya kubulala sonke kuthi ngabanye, kodwa Akanakho. Ukubulala uSarah, kufanele Athabathe u-Abraham, ngoba uSarah wayeyinxalenye ka Abraham. Babebanye, ngomanyano. Kwaye ukuthabatha iBandla aze alitshabalalise Lona, Akanakuyenza lonto, ngokuba Liyinxalenye Yakhe, uKristu; inxalenye Yakhe, iLizwi lenziwe inyama. Owu! Ubabalo olumangalisayo, ivakala kamnandi njani! Ebengenakuyenza. Niyayifumana? [iBandla lithi, “Amen.”—Mhl.] Ebengenakumbulala. Ebengenakubuthabatha ubomi bakhe, ngokuba wayeyinxalenye ka Abraham. Yabona? Wayeyinyama yenyama yakhe, nethambo lethambo lakhe.

³¹⁷ Kwimpazamo zethu, musa ukuthi, “Kulungile, ndi—ndisilele.” Hayi, oko akubenzi bona...U-Abraham wasilela, naye. Yabona?

³¹⁸ Kodwa Wayengenakulithabatha iBandla. Akanakubulala aboNyuliweyo, Akanakubuthabatha ubomi bakho, ngokuba uyinxalenye Yakhe. UliLizwi. ILizwi likuwe. Liyazibonakalisa ngokwaLo, liziqinisekisa ngokwaLo; uthando, uvuyo, uxolo, ukuzeka kade umsindo. Onke aMazwi kaThixo, ukholelwa ngalinye Kuwo onke ayasebenza, kwaye uThixo esebenza ngawe. Yabona? Uyinxalenye yeLizwi, elinguKristu. Kwaye siyafundiswa ukuba UliLizwi. “Kwaye siyinyama yenyama Yakhe, nethambo lethambo Lakhe.” Nako ke apho ukhoyo.

Ngoku siyehla siza kwinto ethile.

³¹⁹ *Moureh, moureh*, imvula, “yangaphambili” imvula, imvula yokuhlwayela iphumile. Ngoku kwenzeke ntoni? Imvula yangaphambili yahlwayelwa; imvula yangasemva yana. Kwenzeka ntoni? ISodom nabaseSodom batsha; u-Abraham wazuza unyana wesithembiso. UYesu wathi, “Ziyeke zikhule zombini. Ukhula luyakubotshwa, luhlanganiswe, luze lutshiswe. Uvi-...Ingqolowa iyakuya kuvimba.” Yabona? Imvula yangasemva ikufuphi nje. Sizakufumana...

320 Andifuni kulinda thuba lide koko, ngoba ndinokuthile okulunge ngenene emva apha kokuya, ndiyazi. Yabona?

321 Amahlelo amabini ayakuhlangana, abakwaMoya kunye naba abanye, kwaye bayakuhlangana. Kodwa i—iLizwi liyakuhlala neMbewu ethenjisiweyo ka-Abraham, njengoko Laba njalo ngoko. UYesu wathi, “Njengokuba kwakunjalo ngoko. . .” Ingaba nineendlebe zokuva, amehlo okubona, ingqiqo yokufunda ngayo? [IBandla lithi, “Amen.”—Mhl.] UYesu wathi, “Njengokuba kwabanjalo, ayibhalwanga na. . .Ingaba Angathi, ukuba Ebeme apha ngale ntsasa, akange—akangekutsho Yena oku, “Akubhalwanga na, okokuba, njengemihla yaseSodom, kuyakuba njalo ekuBuyeni koNyana womntu”? [“Amen.”] Aniziboni izivuno ezibini zinyuka apha, zisamkela ukumanziswa kwazo kokugqibela? Ziye zeza kokwakumanziswa kokugqibela. Yabona? Emva koko kwenzeka ntoni? IiNgelosi neNkosi zinyamalala. Emva koko imvula yana. Kulungile.

322 Ngoku qaphelisisa ngoku. Ngoku, ndiyakholwa bendikulo mxholo apha, ehe, kwimvula, kwaye engasem-. . .ngemvula yangasemva. Yonke imiqondiso yalathe ekupheleni ngoku. Wonke umntu, olikholelwayo iLizwi likaThixo, uyakwazi oko. Nkqu. . .

323 Mandime kwenye kanye apha. Ndizakufanela ndibize igama. Andijonganga kuba krwada, kodwa ndifanele. . .ndi. . .ndimxelele uThixo a—a—andibuyi ngamva, ndizakuba kanye apha ndize nje ndivakalise ngqo oko ndikwazileyo bonke ubomi bam, kwaye emva koko kukho into ezithile khona ngapha ekugqibeleni ekuzakufuneka ndizibambe, ndiyazi, kodwa ndi—ndiza—ndizakuvakalisa kuni, kangangokuba Endivumele ndikwenze. Kuqala, ndiza. . .

324 Nksk. Wood uyazi ukuba emva kokuba ndifumene oku, kunye namaninzi angaphezulu amaphepha ngaphandle koku, uMoya oyiNgcwele uthe, “Sukuyenza lonto.” Ingaba ndikubizile, Nksk. Wood, ndaza ndathi, “Undixelele ukuba ndingayenzi lonto”? Ke ndibuyele emva ndathandaza. Kwaye ngoba busuku Weza kum embonweni, wathi, “Hamba uye kwenza oku. Thabatha Oku uze ukubeke Kona phaya, ngoba abakukuqonda Oku. Asiloxesha lako Oku okwakalokunje. Kubeke Oku apha.” Kwaye ndayenza. Injalo. Yabona? “Ukuthobela kungcono kunomnikelo.” Yabona? Kulungile. Ukuthobela!

325 Ngoku, ngoku jonga. Si. . .Ukubonisa wena ukuba sisekupheleni kwexesha, nkqu nokuq-. . .Umzekeliso wentombi eyingqondi nowentombi—ntombi esisiyatha ikuthi. Ngoku, jonga. Intombi—intombi esisiyatha. . .Uxolo. Intombi esisiyatha izakubangumxube. Yabona? IbineMbewu, ngaphandle kwe Oli, umfumo ukuyenza Ikhule. Ngoku, kwaye yintoni eyenzayo? A—amaqela amabini, iqela lakwaMoya kunye nehlelo lehlalathi (amaqela obuvangeli), zihlangene

kunye. Yabona? Ukwenzela ntoni? Ukuya eSodom, yabona, yabona, ngoku qwalasela, ukuvuna esisivuno. Qwalasela intombi—intombi esisiyatha.

³²⁶ Ingaba ukuqwalasela oko, nkqu nomnye wabahlobo bam abakhulu, ofunde kunene, indoda echubekileyo, ekrelekrele, ebukhali, eyakwaMoya indoda? Kwaye ndiqaphele abazalwana bam kuMadoda angooSomashishi obuKristu akhwaza imibongo kaThixo, ngokuba, khona phaya, bafumene abashumayeli bolawulo looBhishopu, abapristi bamaKatolika. Andazi nokuba loomadoda alele ubuthongo. Ingaba niyaqonda? Bathi, “Owu, yeyona nto inkulu owakhe wayiva, Mzalwana Branham. Kutheni, aba bantu bolawulo looBhishopu beza khona ngapha baze bathi banoMoya oyiNgcwele. Bathetha ngeelwimi. Benza ezi zinto. Uzuko kuThixo! Ndiyakuxelela, nje ba—ba—ba...Kutheni, ibandla labo liguqulwe.” Owu, bethu!

³²⁷ Bazalwana, aniyazi ukuba yintoni lento? Luphawu. Xa intombi eyingqondi ifuna iOli...Okanye, intombi esisiyatha, gxebe, ifuna iOli, kwaye, xa isayithenga Yona, elo lixsha ayakuthi uMyeni afike. Owu, nina bakwaMoya, yintoni ingxaki? Kulungile, aninakuyibona de uThixo abe uyanibonisa, leyo into iqinisekile. Ukuba—ukuba akuzange uzalwe emva ngaphaya, wanuyelele kuyo, uzakuyiphosa. “Zisikelele iindlebe ezinakho ukuva.” Zisikelele iintliziyo ezinakho ukuqonda, ngokuba ixesha likufuphi. Wonke umqondiso walatha kulo. Yabona?

³²⁸ Jonga uhlobo lweemvuselelo abanazo. Imvuselelo enkulu, abathe babanayo. Ikhangeleka lungileyo, ayinjalo?

³²⁹ Uthi, “Kulungile, Mzalwana Branham, ngoku usifumene elungwini.” Kulapho ndinifuna khona.

“Nizakwazi njani okulungileyo nokungalunganga?”

³³⁰ Yinike uvavanyo lweLizwi. Yilondlela yokuchaza ukuba ilungile okanye ayilunganga. Yiyo, nje—nje yinike uvavanyo lweLizwi, jonga ukuba ithini malunga neLizwi. Nawuphi umoya, jonga ukuba uthini malunga neLizwi. Ukuba uyaliphika iLizwi, asingokaThixo. Yabona? Akukhathaliseki nokuba yintoni, ukuba uphika iLizwi, awungokaThixo. Jonga, wunike uvavanyo lweLizwi, uze ubone kwenzeka ntoni.

³³¹ UYesu wasiyala ngezi zinto. UMateyu isahluko sama-24 kunye nomqolo wama-35, ndifuna nje ukubhekiselela koko, ngoba ngenxa yeetyiphu. Nje ithutyana ngoku. Asinalo kodwa nje malunga namashumi amabini ngaphezulu emizuzu de sinqumame, kwaye—kwaye ndiqinisekile asizukufumana nesinye kwisithathu ukungena kuyo, kodwa ndifanele ndikufunde oku nakubeni kunjalo. Yabona? UMateyu 24:35. Ngoku phulaphulisisa ngokuzondeleleyo oko uYesu wakuthethayo. Ngoku, injani le...Indlela Asixelele ngayo,

ukuba, “Imimoya emibini iyakusondelelana kakhulu, iyakulahlekisa naboNyuliweyo. . .” Niyakwazi oko. Ayinjalo? Ngoku, izakubayinyaniso? Ewe, mhlekazi. UMateyu 24:35 uthi:

Amazulu nomhlaba ayakugqitha, kodwa amazwi am awayikugqitha.

³³² Yabona? Ngoku u. . . Okokuba imimoya emibini isondelelene kakhulu, ngoku ifanele ibe ngala ndlela. Ifanele ukuba ngala ndlela. I—ihlelo lakwaMoya kufanele lilinganise ngokwenene, njengelenene, ade uYesu athi kuphela ngabaNyuliweyo abangasayi kulahlekiswa. Oku kuyandibulala, kuphantse. Kodwa, bazalwana bam behlelo, aniboni kutheni—kutheni ndikwenzile endikwenzileyo? Yabona? “Isondelelene kakhulu, ukuba ibenokulahlekisa naboNyuliweyo, ukuba bekunokwenzeka.”

³³³ Kodwa, kwaboNyuliweyo, abonyulelwe uBomi obunguNaphakade. Ngoku, uthetha ngokubetha oku, sizakuyibetha emva kwethuba, sikubethe ngenene. Yabona? I. . . Khumbulani, ngabo, aboNyuliweyo kuphela kohlobo oluyakuyibamba Yona.

“Kulungile,” uthi, “ukwazi njani ukuba akulunganga?”

³³⁴ Ngoko ndivavanye ngeLizwi. Yiza, vavanya ihlelo lakho ngeli Lizwi. Masibone ngubani olungisileyo. “Cikida zonke izinto,” iBhayibhile ezitshiloyo.

³³⁵ Uthi, “Ayenzi namnye umahluko, bhaptizwa *ngale* ndlela okanye *ngaleya*.” Ayiwenzi umahluko. Yilonto uSathana wayixelela u-Eva.

³³⁶ Umntu othile sele ebhaptiziwe, kwiZenzo 19. Indoda yomKristu elungileyo yababhaptiza, nayo, uYohane umBhaptizi. UPawulos wathi, “Namamkela na uMoya oyiNgewele nakholwayo nje?” Sathi. . .

Wathi, “Asazi nokwazi ukuba kukho uMoya oyiNgewele.”

³³⁷ Wathi, “Ngoko nabhaptizwa kanjani?” Ukuba nanibenakho ukuyibamba, naninokuba nakho ukuyazi. Yabona? “Kodwa ubunokubanakho njani. . . Nabhaptizwa kanjani—njani?”

Wathi, “KuYohane, indoda enkulu eyabhaptiza uYesu.”

³³⁸ UPawulos wathi, “Oko akuyi kusebenza ngoku. Kuba, uYohane zange abhaptize, kuphela kwinguquko, hayi ukuxolelwa kwezono; iDini lalingekenziwa.” Kwaye xa bakuvayo oku, babhaptizwa kwakhona, eGameni likaYesu Kristu.

Kwakunokuthini ukuba uMoses wayenokuthi. . .

UThixo wathi, “Khulula izihlangu zakho, Moses.”

³³⁹ Wathi, “Uyazi, ndiziqinisile kancinci ukuzibopha ngalentsasa, Nkosi. Ndizakubonisa ibheko engaphezulu, ndiyakuthula umnqwazi wam”? Lonto ibingenakusebenza. Akazange athi umnqwazi. Wathi izihlangu.

³⁴⁰ Kwaye lowo ngumtyholi ozama ukuhlamba asuse Oko, njengoko wenzayo kumama u-Eva. Lilonke iLizwi yiNyaniso, nje ngendlela uThixo athe walenza Labhalwa ngayo phaya. Yilondlela endiLikholelwa ngayo.

³⁴¹ Ngoku, ungaqhubekeka. Ukuba uthi, “Kulungile, sineNyaniso,” kulungile, ungaqhubekeka ngoko. Ilungile yonke lonto. Ukuba umfameke ngolohlobo, qhubekeka, ugxadazela ebumnyameni. Eli liLizwi lizakugweba, mzalwana, hayi uvumo nkolo lwakho.

³⁴² Owu, ikhangeleka lungileyo. Ewe, mhlekazi, ikhangeleka lungileyo. Kwaye uthi, “Kulungile, Mzalwana Branham, linda umzuzu. UThixo asikelele, ndibabonile bephumela phaya baphilise abagulayo.” Owu, ngokuqinisekileyo, nam ndinjalo. “Owu, ndibabonile bethetha ngeelwimi.” Ewe, mhlekazi, nam ndenzile.

³⁴³ Andizange ndakholwa, kwaye akukho namnye unokuyibonakalisa ngeLizwi likaThixo, okokuba isiqinisekiso sokuqala sikaMoya oyiNgcwele kukuthetha ngeelwimi. Ndifuna umntu eze ayenze. Ndikucele umngeni oko lonke ixesha. Ndiyakholelwa ekuthetheni ngeelwimi. Ewe, mhlekazi. Kodwa ndibone iidemoni zithetha ngeelwimi. Amagqwirha nabathakathi bathetha ngeelwimi, baze bazitolike, bephika ukuba kwakhe kwakho into efana noYesu Kristu. Ndibone amadoda ethetha ngeelwimi, ihlala nomfazi wenye indoda; isima, indijonge ngqo ebusweni, umbono phambi kwayo; wayibizela ecaleni, wamenza ingqina kuyo. Kwaye uyibize lonto uMoya oyiNgcwele? Owu, ewe.

³⁴⁴ Uthi, “Kulungile, Mzalwana Branham, ukukholelwa ukuba uMoya oyiNgcwele uthetha ngelwimi?” Ewe, mhlekazi. Kodwa wunike uvavanyo lweLizwi. Yabona?

³⁴⁵ UYanes noYambres benze imimangaliso. Injalo lonto. Akenzanga njalo? Ewe, mhlekazi. UYanes noYambres, xa uMoses wehla waya eYiphutha, yonke into awayenzayo uMoses ngendlela yomqondiso, uYanes noYambres, wona amagqwirha amabini, ayenokwenza kwa into enye. Iidemoni ezimbini! UMoses wayeyakuthi, “Iintakumba!” Bathi, “Iintakumba!” UMoses wathi, “Intonga emhlabeni!” Bathi, “Intonga emhlabeni!” “Inyoka!” “Inyoka!” Injalo lonto. Babenokwenza imimangaliso.

³⁴⁶ IBhayibhile yathi, oko, “Kwimihla yokugqibela, oko, iidemoni ziyakuvuka, zenze imimangaliso, kwaye ziyakulahlekisa abantu.” Imbi kakhulu, mzalwana, kodwa kufanele wazi iNyaniso.

³⁴⁷ UYesu wathi, “Abaninzi bayakuza kuM ngaloo mini bathi, ‘Nkosi, Nkosi, ndandingenzanga oku na, ndenza nokuya, ndenza nokuya, nanjalo njalo, eGameni Lakho?’” Uyakuthi, “Mkani kuM, nina basebenzi bobugwenxa.” Yintoni

ubugwenxa? Into oyaziyo ukuba ayilunganga, uze uyenze, nakubeni kunjalo. Kwaye uyazi ukuba iLizwi likaThixo lilungile. Kutheni udlala ubuhanahanisi? Ngenxa yombutho wakho, uze uchole intwanana *apha* kwaye ungaze ulithabathe Lonke. Wena msebenzi wobugwenxa! Wathi, “Mkani kuM. Andizange ndanazi.” Ngoku, oku ku... Ungabe ugxovuza esihogweni apha okanye emva kwangoku. Ke, yabona? Ngoku, khumbula, oko yinyaniso. Yilonto uYesu wayitshoyo.

³⁴⁸ UYanes noYambres bamelana noMoses. Khumbula. Kwaye iBhayibhile ithe, “Njengoko bamelana noMoses, kwimihla yokugqibela bayakuvela kwakhona, loo mimoya, kwakhona.” Intoni? Kanye phambi kwenkululeko yabantu. Haleluya! Ixesha lenkululeko lilapha.

³⁴⁹ UYesu wathi, kuMateyu 24 ngaphaya, ukuba—ukuba, “Bayakulahlekisa abaNyuliweyo, ukuba bekunokwenzeka.” Nje abaNyuliweyo bayakuLibamba, nje *enye* apha *naphaya*. “Abona baNyuliweyo, ukuba bekunokwenzeka.”

³⁵⁰ “Njengoko uYanes noYambres bamelana noMoses, nawo lamadoda angqiqo zincanyiweyo ngokubhekiselele kwiLizwi, ngokubhekiselele kwiNyaniso.” Kwaye iLizwi yiNyaniso. Ingaba kunjalo? Ngoku, eli asilobisi labantwana, sihlobo. Yabona? Jonga. Ba...

³⁵¹ IBhayibhile ithe, wathi uYesu, yona, “Ziyakusondelelana kakhulu okokuba bezinokulahlekisa nabaNyuliweyo, ukuba bekunokwenzeka.” Kodwa akunakwenzeka. La Mbewu izakuwela phaya, ngokuba yaYanyulelwe ukuwela phaya. Iimbewu ziphumile; amahlelo ahlwayele. ILizwi lihlwayelwe. Yabona?

³⁵² Kwaye uYanes noYambres, ba, bona abantu, iBhayibhile yatsho ezi demoni ziyakuvuka kwimihla yokugqibela kwaye ziyakulahlekisa abantu, ngalemimangaliso kunye nemiqondiso ezinokuyenza. Uzakuwazi njani umahluko? ILizwi. I... Nkqu neTestamente eNdala yathi, “Ukuba abathethi ngokomthetho nabaprofeti, akukho Bomi kubo,” ukuba baphika into enye.

³⁵³ Ngoko ndibonise umntu abemnye owakhe wabhaptizwa, kusetyenziswa izihloko zegama u “Yise, Nyana, Moya oyiNgcwele.” Kutheni niyenza ke ngoko? Uvumo nkolo, ukuxubanisa, abantwana abafileyo, abantwana abayimigqakhwe, bafe ngokuphindiweyo, banyuthulwe neengcambu! “Kwaye yonke ingcambu athe owaM... Sonke isityalo esingathanga satyalwa nguBawo waM waseZulwini, siyakunyothulwa. Amazulu kunye nomhlaba ayakudlula, kodwa iLizwi Lam aliyi kudlula,” watsho uYesu.

³⁵⁴ Ngoku niyabona kutheni ndiye ndema ngendlela endenze ngayo? Ndiboniseni indawo ibe nye, ukuba ayisisiqalekiso kumfazi ukucheba iinwele zakhe. Nako ke apho ukhoyo. Ngoko nikhazela mna.

355 Ngoko abantu bathi, “UMzalwana Branham ngumprofeti. Owu, niyamkholelwa okoko nje ethetha ebantwini, ebaxelela izono zabo, kunye nezinto ezinjalo. Kodwa xa esiya ekufundiseni, ningayikholelwa Lonto.” Kulungile, wena lusizana lomhanahanisi. Akwazinto. Ayitsho na iBhayibhile, “ILizwi leNkosi leza kubaprofeti”? Andizibizi ngokuba ndingumprofeti. Andingomprofeti; kodwa nitshilo njalo. Nditsho oko nikutshiloyo, nize nijike nitsho into enjalo? Ningathi aniyenzanga. Ndide ndanayo ishicilelwe, apho niyitsho khona. Beningayazi lonto, akunjalo? Ndifuna nje nithi anikhange, kube kanye. Yilonto kuphela endifuna niyitsho. Ilizwi lenu malidlalele kwa nina.

356 “Njengoko uYanes noYambres bamelana noMoses.” Abasebenzi bemimangaliso, kodwa laliphi iLizwi, iLizwi lenyaniso? Kwakukho abafu besenza imimangaliso. Kwakukho abafu ababenokwenza yonke into kwezemimangaliso enoku. . .

357 Kodwa kwakho abaprofeti abathanjisiweyo ababini beme phaya, okanye umprofeti omnye kunye nomncedisi wakhe. Kwakukho umprofeti othanjisiweyo obizwa uMoses, eme phaya, eno ITSHO INKOSI. Ekupheleni, yabonakaliswa yonke, phambi kokuhlangulwa. Ingaba injalo? Osinga-basebenzi-bemiqondiso bafela kanye phandle.

358 Kwaye yintoni abazama ukuyenza, bazama u—ukuvelisa imvula yangasemva. Ubuvuvu. Kutheni, imvula yangasemva iyakutshayela ihlabathi, mzalwana. Ibiyimvula yangaphambili, ihlwayela amazwi. Injalo lonto. Ngoku niyakubona oko imvula yangasemva ikuvelisayo. Niyakufumanisa ukuba kuyakubakho ukuzimanya. AbakwaMoya kunye nawo onke amaqela ayakuhlanguka, kwaye ayakuvala iingcango kubo abafu abangasayi kuphulaphula kuyo. Akusokuze nkqu uvunyelwe ukuba uvule umlomo wakho. Injalo. Kuxa Ayakuza. Kuxa Ayakubonakala. Kuxa uyakubona imvula. Owu, bethu! Yithi cwaka. Zola. Uh-huh. Yiyeke. Owu!

359 Kodwa iLizwi lalinalowo mthanjiswa womprofeti, ngokuba iLizwi leNkosi leza kumprofeti. Ngoku, uThixo Akaguquli inkqubo yakhe. Hayi, hayi. Akazange aguqule inkqubo Yakhe.

360 Ngoku, yayiyintoni? Nako kumi abathathu kwakhona. Nako kusiya uYanes noYambres, besenza imimangaliso. Njengoko behlayo, eSodom, benza omnye omncinci ummangaliso, ukumfamekisa abantu. Yabona? Nako kumi u-Abraham othanjisiweyo, kunye noThixo, nomncedisi wakhe uSarah. Injalo lonto? Naku kumi uYanes noYambres, besenza imimangaliso, nantoni uMoses anokuyenza ngophawu lwemimangaliso, imiqondiso. Nako kumi iLizwi elithanjisiweyo, umprofeti, kunye nomncedisi wakhe, umncedi wakhe.

³⁶¹ Owu, ndinqwenela bendingashumayela koko ngoku, nje malunga nezimbini ezintle iyure. Kulungile. Kwi Genesis 1, khumbula, “Yonke imbewu ngokohlobo lwayo.” Kufanele ihlale naphakade injalo. Nazo zonke ezontlobo.

³⁶² Indoda eyakuthi, enokukholwa, ukuba iBandla liyakudlula kwixesha leMbandezelo, andazi ukuba uyakuyifumana phi na imbewu yoko? Xa nkqu... “Kulungile,” uthi, “Ndiyakholwa Itsho *oku*, okokuba bayakuyenza.” Injalo lonto. Ingaba niqwalasele emva ngaphaya apho iimvula ziwa khona kwamanye amaxesha? Yana phi? UNowa wayesemkhombeni phambi kokuba umgwebo ubethe. ISodom; uLote wayengaphandle kweSodom kwa phambi kokuba yenzeke. Yabona? Iqinisekile. Siya... .

³⁶³ Asiyikudlula kwixesha leMbandezelo. Niya kuXhwilo, ngenye yalemihla. Ngokuqinisekileyo. Yintoni esiye... . Kutheni kufanele nigwetywe? Wamela imbandezelo yam; uYesu Kristu. Kulapho imbandezelo yam yenzeka khona, kanye phaya. Ehe. Ndamamkela Yena, kwaye ndikhululekile. “Xa Ndibona iGazi, Ndiyakudlula ngaphaya kwakho.” Injalo lonto. UMoses wayekhuselekile kunye noSirayeli, ngelixa imbandezelo isiwa. Injalo lonto. Kulungile.

³⁶⁴ Yonke imbewu mayizengokohlobo lwayo. “UTHixo wenza umntu ngokomfanekiselo Wakhe, ngokohlobo lwaKhe,” abe liLizwi Lakhe emhlabeni. WaLibonakalisa kuYesu Kristu. Yayiyintoni? UThixo wayekuKristu. Lowo yiNdoda emva kwemfuzo Yakhe. Yabona? Xa uThixo, oliLizwi... . Bangaphi abaziyo ukuba UliLizwi? Xa iLizwi lalikuKristu, iNdoda, iNdoda engumntu, Lizibonakalisa ngaYe, lowo yayinguThixo, iLizwi, kuKristu, lizibonakalisa Lona.

³⁶⁵ “Kwaye uThixo, ekuqalekeni, wenza umntu ngokomfanekiselo OngoWakhe.” Kwaye olo luhlobo lomntu athi uThixo alwenze namhlanje. Isikolo kunye nesifukamiso sokuqandusela sijika sibe ligquba lemixube, yabona, izikolo. Kodwa xa uThixo ebiza umntu, ukumfanekiselo Wakhe, iLizwi lenziwe laphila kuye. Injalo lonto. Nanko enguye. Yindoda kaThixo, indoda kumfanekiselo OngoWakhe, kowona mfuziselo Wakhe. Kwaye uYesu wathi, okokuba, “Iyakwenza imisebenzi Endiyenzayo.”

³⁶⁶ Ke, “UTHixo wamenza umntu ngokomfanekiselo OngoWakhe, ngokwemfuzo Yakhe.” Imfuzo Yakhe! Yintoni imfuzo Yakhe? ILizwi. UliLizwi. Ngoko ukuba umntu uphika iLizwi likaThixo, angaba kumfanekiselo kaThixo njani? Buza nje umbuzo. Zibuze. Ungaba kumfanekiselo kaThixo njani uze uphike iLizwi likaThixo, ngelishesha iLizwi likukubonakaliswa komfanekiselo Wakhe?

“Owu,” uthi, “Ayithethi Oko.”

³⁶⁷ Umfanekiselo obonakalisiweyo kaThixo uthi, “Owu, ndiyitshilo Lonto, kodwa bendingathethi Yona. Be—bendingalungisanga phaya. Ndi—ndixhasa. Ibeyeyelinye ixesha. Bendingathethi Yona”? Owu, itarhu! Inkunkuma, ubumdaka bukamtyholi, owabudlisa u-Eva. Ungamvumeli ukuba azame ukunyhala akuhlise ngentamo yoNyuliweyo, nakubeni kunjalo. Hayi, mhlekazi. Abasayi kuyikholelwa lonto. “Yiza nje ujoyine iqela lethu.” Sukuzimanya nanto!

³⁶⁸ Kufanele uzalwe, hayi ukujoyina; isidalwa esitsha, ewe, kumfanekiselo OngoWakhe, wemfuzo Yakhe, ube—ubeliLizwi Lakhe libonakalisiwe emhlabeni. Ngoku, uYesu wayeliLizwi likaThixo libonakalisiwe. Niyayikholelwa lonto? [IBandla lithi, “Amen.”—Mhl.] Ngoko kufanele sibe yintoni? Oonyana bakaThixo, nathi, kunye neLizwi elibonakalisiweyo eBandleni, liqhubekeka. Lowo nguMzimba oyimfihlo kaKristu, uqhubekeka nemisebenzi ekwaminye awathi uYesu wayenza xa Wayelapha emhlabeni. Yabona? Leyo yimfuzo Yakhe.

³⁶⁹ Ngoku, ungaba nemfuzo yobuLutere efuze ubuLutere, imfuzo yobuWisile efuze ubuWisile, imfuzo yobuKatolika efuze ubuKatolika, imfuzo yabakwaMoya, imfuzo yaboBunye, eyobuTriniti efuze bona.

³⁷⁰ Kodwa ukuba uyimfuzo kaThixo, oko ngumohluko, yabona, ungumfanekiselo obonakalisiweyo weLizwi Lizidandalazisa ngokwalo. Owu, bethu! Kutheni, ifanele ibenjalo. Ukuba amanzi awela kuYo, Ifanele iyenze lonto. Ngoko, emva koko imnike uZalo, uhlobo, kwaye a...emva...Thixo wenza umntu ngokomfanekiselo OngoWakhe. A—andicingi ukuba ndinexesha loku kulandelayo ukubonakalisa. Ibuthathaka. Kodwa andi—andifuni...Lonke iLizwi likaThixo libuthathaka, yabona. Kwaye jonga apha apho bendifanele ndibekhona, kwi—kwixesha lesidlo. Ndikude malunga *nokuya* kuyo, malunga nesinye kwisithandathu sayo. Hum. Kulungile. Ndinga...Masiyiyeke nje phaya. Nithini? Kuze emva koko si...Ehe. Bangaphi abanokuza ngalemva kwemini? Phakamisa isandla sakho. Ehe. Ehe. Kuhle. Andifuni kunigcina xesha lide. Nje ndiza—ndiza...Andifuni kunidinisa. Kwaye ngoku ndiza...Ngoku, nina makhwenkwe eteyiphu ziyekeni iiteyiphu ziqhubeke nje umzuzu, kwaye ndiya—ndiyakunqumla oku emzuzwini nje, ngokwam. Kulungile, mhlekazi. Ngoku si... .

³⁷¹ Ingcinga yethu yokugqibela ibe, ikukuba, uThixo wenza indoda ngokomfanekiselo OngoWakhe, ngokwemfuzo Yakhe. UThixo wenza umntu, ngokomfuziselo Wakhe. Niyayifumana? [IBandla lithi, “Amen.” Mhl.] Umntu, ngokwemfuzo Yakhe. Kulungile, luhlobo luni lweNdoda Awayeyiyo? Ukuba ungajonga emva uze ubone into Awayeyiyo xa Wenziwa inyama, olo luhlobo lwendoda Ayenzayo. Ingaba injalo? [“Amen.”] Indoda, ngokwemfuzo Yakhe. Amen. Injalo lonto. Ayinjalo? [“Amen.”] Olo luhlobo lwendoda Yakhe.

³⁷² Wathi, ngelinye ixesha, ngaxesha linye, kwindoda, “Wena unga ntliziyo EyeYam.” Indoda esondele entliziweni EyeYakhe, uDavide. Niyayikhumbula lonto? [IBandla lithi, “Amen.”—Mhl.] UMoya kaThixo kuDavide. UDavide, ukumkani owaliweyo. Soloko echaswa owonyuliweyo. UDavide, ukumkani owaliweyo, wenyuka induli xa abantu abangabakhe. . . Ndiyakuyishumayela lento ngemizuzu mithathu ilandelayo. Xa abantu bakaDavide bafanele. . . Imfuzo yakhe yambukuqa, unyana wakhe, waza wamsusa etroneni.

³⁷³ UDavide wehla waya phaya, nkqu nomnye wabo waphuma phaya emtsicela, la kumkani uthanjisiweyo. Kwaye lomfo unciphileyo mdala weza phaya, elimele kwimfundiso yakhe. IBhayibhile yathi wayelimele, uyazi. Kwaye walandela, etsicela kulakumkani. Qaphela uKristu. Entsicelal kuye; lamthunywa ecaleni lakhe, (ingelosi, imelwe), yakhupha ikrele, yathi, “Ingaba intloko yalanja ifanele ihlale; itsicela kulakumkani?” Ingelosi yathi, “Ndiyakumxabela afe.”

³⁷⁴ UDavide wathi, “Beka ikrele lakho. Ndifanele ndikwenze oku.” Wenjukela phezulu endulini, yeJerusalem, wajonga ngasemva ezantsi, ukumkani owaliweyo, waza walila.

³⁷⁵ Amakhulu asibhozo eminyaka ukusuka phaya, uNyana kaDavide, uMoya owawukuDavide, kwisahlulo, wema kwa kwinduli enye; uKumkani owaliweyo, etsicelwe kwaye esenziwa into yokonwabisa. Injalo? [IBandla lithi, “Amen.”—Mhl.] Ndinombono kaThixo esithi. . . IiNgelosi zijikeleza phaya kunye Naye, xa Wenjukayo ukuya eKalvari ngolwahlobo. “Ingaba intloko yalanja ifanelekile ukuba ihlale kuyo?”

“Myekeni.” Owu, bethu!

³⁷⁶ Kuza ilixa. Kodwa maxa waphi xa uDavide wabuyelayo? Iballi laguquka. UDavide uza ekhwele uloyiso. Lo mfo uyabaleka, akhalele inceba. Ngokuqinisekileyo.

³⁷⁷ Bayekeni. Uyakuza ngenye imini, emandleni. Ngoko abo, babehleka, bayakujika ngenye indlela. Injalo lonto. Bayekeni nje bona.

³⁷⁸ Kodwa, uThixo wathi, “Davide, uyindoda esondeleyo entliziweni EyeYam.” Xa uThixo edala indoda, iyimfuzo Yakhe.

³⁷⁹ UDavide wathi, “Ilizwi Lakho ndilifihle entliziweni yam, okokuba ndingakoni Wena, Nkosi.” Kuphela kwento awayeyidinga yayiyimvula. UDavide ngewayelungise kuko konke ukuba nje wayenokufumana lamvula, kodwa uMoya oyiNgcwele wawungekanikezelwa. WayeneLizwi, kwaye iLizwi lalikuye, kwaye wayenako ukulazi Lona. Wathi, “Ndilifihle entlizwiweni yam, Nkosi. Alisokuze lityatyambe lize Lenze ngohlobo elifanele lenze ngalo, kodwa ndiLifihle phaya, Nkosi. NdiLifihle phaya.” Kodwa xa uYesu weza, owayeliLizwi libonakalisiwe, wathabatha uKhozo loBomi

walikhupha kuLo, waza waLibuyisela eLizwini ngoku. Kwaye ukuba indebe kaDavide iyaphuphumala, ifanele yenze njani eyethu? Ngokuqinisekileyo. Ngaphandle koMoya . . . Amen. Akamangalisi? [IBandla lithi, "Amen."—Mhl.] Niyamthanda? ["Amen."]

Akamangalisi Yena, mangaliso, mangaliso?
Ayimangalisi iNkosi uYesu wam?
Amehlo abonile, iindlebe zivile,
okushicilelweyo eLizwini likaThixo;
Ayimangalisi iNkosi uYesu wam?

³⁸⁰ Akanjalo? Bangaphi abaLithandayo? Bangaphi abamthandayo Yena? Owu, bethu! Ummangaliso!

³⁸¹ Ngoku, irhabaxa, sihlobo. Irhabaxa kakhulu. Andijonganga ukuba njalo, ngokunokwam. Ehe. Ndiyathemba niyakuqonda oko. Yabona? Kodwa namhlanje ndinika inkcazelo yokuba kutheni ndizenzile ezi zinto endizenzileyo.

³⁸² Ngoku, ngokwengcaciso encinci, phambi kokuba siqumamele i—isidlo, yile. Ndifuna nazi ukuba ndi . . . Lena ibiyinjongo yam nombono wam, liLizwi likaThixo. Injongo yam kukukholisa Yena. Kwaye andinakumamela kuyo yonke into ndize ndikholelwe iLizwi likaThixo, ndingenakho nokumamela kwinto yonke ndize ndikholise uThixo. Injongo yam kukwazi iLizwi Lakhe nokukholisa uThixo, ngokumkhonza Yena ngeLizwi Lakhe. Hayi ukuba ndinento ngokuchasene . . .

³⁸³ Ngoku, wonke umntu apha ozelwe ngoMoya kaThixo, okwiqela eNyuliweyo, wayekhe mhlawumbi wangumWisile, Bhaptizi, Rhabe, owakwaMoya, okanye into engenye, ndaweni ithile. Ngoku, niyakwazi oko. Niyakwazi oko. Ke ngoko, niyabona, xa nithi, "Yiya kubo," yilonto ekufanele niyenze. Kukho umntu phaya, ukuba uhlwayele iMbewu, kuyakubakho isivuno, ngenye imini. Iyakuwa . . .

³⁸⁴ Enye yayo iyakuya, ukuthi, "Aha, akayonto kuphela i . . . Ungumlahlekisi." Abatshongo into ekwanye ngeNkosi yethu? "Akukhonto kulaNto." Kulungile, ngoko, kutheni ningayiphandi Yona kum? "Asiyonto kuphela umlahlekisi!" Yabona? Ngoko yiphande ngeLizwi. Yabona? Ukuba asiloLizwi, ngoko iyalahlekisa. Yabona? Ngoku, ukuba imfundo yakho yakwalizwi yahlukile eLizwini, ngoko ayilunganga. Yabona?

³⁸⁵ Ngoku, abanye bayakugqitha bathi, "Kulungile, uyazi yintoni, ndiyakholwa ndiyakuyizama Yona ithutyana." Uyakurwitsheka. Injalo lonto. Yabona?

³⁸⁶ Kodwa xa ngenene ukhuphele ngaphandle, uthi, "Nkosi Yesu, hayi mna kwakhona, kodwa nguWe, ukusukela ngoku." Yabona? Ngoko Iyakuzisa kalikhulu ngokuphindiweyo. Niyayikholelwa lonto? [IBandla lithi, "Amen."—Mhl.] Ndiyayikholelwa Yona, nam, nge—ngenkululeko nobulungisa

kubo bonke. Injalo lonto. Ewe, mhlekazi. Ndiyazibophelela kwiNkosi Yam, yabona, ekushumayeleni iLizwi Lakhe nokuma eNyanisweni Yakhe.

³⁸⁷ Ukuba indidla ubomi bam, ndiyakuqhubekeka ngendlela enye. Ngokuba andi. . . Iyakuba yinto enkulu kum, ukungafuni kuyenza, kodwa ukuba bekufuneka ndiyenze, iyakuxuba igazi lam kulomhlaba, njengabo baxuba igazi labo ngenxa yento ekwanye. Njengabo bafayo emihadini yengonyama; njengabo bafa eminqamlezweni; abo basarhwayo kubini; abagxothwayo emibuthweni yabo; babhadula benxibe imefe zeegusha nengaga zebhokhwe; kwaye bedinga. Ibiyakuba yinyhweba enkulu kum. Njengabafundi bakaKristu bebuyela emva, kwaye bekubalela konke elonwabeni ngokuba babenakho ukumelana nesinyeliso esasibekwa eGameni Lakhe. Babenokuva ubunzima ngoko ngenxa Yakhe, ukuva ubunzima okuncinci kwabo. Andifuni kuva bunzima. Akukho mntu ufuna ukuva ubunzima.

³⁸⁸ Ndingathanda ukuhlanganisa izandla zam kunye nawo onke amahlelo, ndithi, “Bazalwana, masihambeni.” Ndingathanda ukukwenza oko. Ukuba ndiyakwenza, ndisusa isandla sam kweSakhe. Makube le kum ekwenzeni oko. Ukuba ndima ndedwa, ndima naYe kunye neLizwi Lakhe. Ngokuba, njengoko u-Eddy Perronet wathi:

KuKristu iLitye eliqinileyo ndimile;

Yonke eminye imihlaba yintlabathi ezikayo.

Kwaye uKristu liLizwi. “Ekuqalekeni. . .”

³⁸⁹ Kwaye yintoni? Lonke iLizwi liyavelisa. “Yonke imbewu ivelisa ngokohlobo lwayo.” Imbewu yehlelo iyakuvelisa ngokohlobo lwayo. Umbutho wabakwaMoya uyakuvelisa ngokohlobo lwawo. IBhaptizi iyakuvelisa ngokohlobo lwayo. Yintoni? Umbutho, rhoqo, rhoqo. Sizakubonisa, ngale mvakwemini, uThixo ethandile, ukuba aqala kanjani, kwaye yintoni eyabangelayo, kwaye kuphi apho iBhayibhile ithe bayakuyenza, nendlela abaya kuphela ngayo, kanye into esiyakuba yiyo isiphelo.

³⁹⁰ UThixo anisikelele nonke, emotweni. Abaninzi, nina nonke abasezimotweni, abangakhange babenakho ukungena, niphulaphule ngalomboko. Kwaye uThixo anisikelele nina abame ukujikeleza iindonga; nani bahleli apha ngale ntsasa.

³⁹¹ Kwaye ndiyathemba ukuba, ngenceba kaThixo, andizisanga nasinye isikhubekiso, kodwa ndizenza ndicace. Ngoku, ukuba nikholelwa into ekwanye nale ndiyitshiloyo ngalentsasa, aningemi ngendlela ekwanye? [IBandla lithi, “Amen.”—Mhl.] Ngokuqinisekileyo, beniyakwenza.

Masithobise iintloko zethu nje ithutyana.

³⁹² Bawo waseZulwini oneNceba, asizami kuphelisa lomhlangano, kodwa nje ukuma ukwenzela ukuphumla okuncinci, okwemizuzu embalwa. Kwaye ngoku zanga

ezimbewu ebezihlwayelwe ngalentsasa, zanga zingaba ziwele phezu kolungileyo, ochumileyo umhlaba. Zanga zingavelisa obuninzi, Nkosi, obuninzi uBomi obunguNaphakade. Ngoku siyathandaza, Bawo, okokuba ezimbewu ezityaliweyo ziyakulala, zilinde imvula yangasemva ine. Zilinde! “Abo balinde eNkosini, bayakuhlaziyeka emandleni.” Thixo, sanga singangabaleki ngaphambi kweLizwi; sihlale neLizwi. Siphe oko, Nkosi. Sisikelele ngoku.

³⁹³ Kwaye abo baphumayo baya kudla, ndiyathandaza ukuba Uyakubanika izidlo zabo, kwaye—kwaye usikelele ukutya kwabo, kwaye ubanike amandla, uze ubabuyise ngale mvakwemini, ngethuba kakhulu, Nkosi. Banga bangahlala etempileni apha, belindile.

³⁹⁴ Kwaye wanga Ungandinceba njengoko ndisiya kuthandaza, ndize ndibuye. Ndiyathandaza Uyakuhlaziya ukuthanjiswa kwam ngale mvakwemini. Siphe oko, Nkosi, okokuba ndingazisa oko ndikholelwa ukuba liLizwi Lakho, ebantwini. Siphe oko, Bawo.

³⁹⁵ Ndiyathandaza ukuba Uyakusikelela owethu othandekayo, esimthandayo umalusi, uMzalana Neville, owethu oxabisekileyo umzalwana. Imizuzu embalwa, ukungena emanzini apha, kunye neqela labantu, ukuya elubhaptizweni.

³⁹⁶ Kwaye, Bawo, ukuba kukho nabani apha ngale ntsasa, obhaptizwe ngenye indlela kunobhaptizo lobuKristu, okokuba isicaka Sakho esikhulu uPawulos...Kwaye wathi, kuba wayeneLizwi likaThixo ngaphakathi kuye. Kwaye wathi, “Ukuba umntu nokuba yingelosi, nkqu neSithunywa siyehla sisuka eZulwini,” njengoSathana wayekwimo yeSithunywa, “ihle kwaye sithethe nantoni eyahlukileyo kunoko akutshiloyo, masisingelwe phantsi.” Bawo, siyazi ukuba oko kubhaliwe eZibhalweni. Kwaye ndiyathandaza, Bawo, okokuba, ukuba iyaku—iyakuzika ezintliziyweni zabo, okokuba uPawulos wayengoyena owenza abantu, ababengabhaptizelwanga eGameni likaYesu Kristu ukwenzela ukuxolelwa kwezono zabo, wayengulowo owabayalela ukuba babhaptizwe kwakhona. Yanga ingaya ebantwini, Bawo. Banga bangaqonda oko, lenkonzo yobhaptizo inyukela phezulu.

³⁹⁷ Banga bangaqonda ukuba oko kuyiNyaniso, besazi ukuba abanakovelisa nelinye iLizwi eSibhalweni, ukuxhasa uluvo lwabo lobutriniti looThixo abathathu. Bawo, si, kakade, siyakholwa Ungumtriniti ngezikhundla, zikaYise, Nyana, noMoya oyiNgcwele. Ngokuqiniseke ngenene siyayikholelwa lonto, Nkosi, kodwa hayi ukukwenza Wena ooThixo abathathu. Sikwenza uThixo Omnye okhonze kwizikhundla ezithathu, ngokuhlangeneyo uBawo, Nyana, noMoya oyiNgcwele, kwaye iGama laloThixo lalibizwa uYesu Kristu. Ngoku, elo liGama likaYise, Nyana, Moya oyiNgcwele.

³⁹⁸ Bawo, banga abantu bangayibona baze bathobele ubhaptizo lwamanzi, ukwenzela ukuxolelwa kwezono zabo. Kwaye anga lamazwi ambalwa, obhaptizo, angawela nzulu ngoku entliziyweni yakhe wonke ubani, ngokuba asazi sinaxesha lide kangakanani, Bawo. Iyasondela kakhulu.


³⁹⁹ Utshaba, njengoko silindele ukuthetha ngalo ngale mvakwemini, likhula nzulu, ngobunganga kakhulu, lonke ixesha. Ukusukela ekuthabatheni kwabo itrone. Bayangena kanye ngaphakathi. Nkosi, siyibona kuso sonke isandla. Hayi ubukomanisi, Nkosi. Banga abantu bangakwazi ukuqonda ukuba bubuRoma, “Unina omdala olihenyu kunye namahenyukazi akhe.” Kwaye siyababona, Nkosi, bengena, umfanekiso werhamncwa. Kwaye naku silapha.

⁴⁰⁰ Bawo Thixo, yiba nenceba ngoku. Kwaye senze sonke singene kukhuseleko, eMkhombeni, kwaye silungele imvula yangasemva. Sikucela eGameni likaYesu. Amen.

⁴⁰¹ Ngoku kuni balapha esakhiweni, ngoku, ukuba niyafuna ukunyebelzela niye kufumana into ethile yokutya, kulungile, kwaye ukuba uyafuna. Emva koko buyelani, ngenani apha nje ngokukhawuleza onokuba nakho emva kwenkonzo.


⁴⁰² Ngoku masime nje okwethutyana. Masi—masime, sonke. Bangaphi abakholelwa iLizwi leNkosi? Phakamisa isandla sakho. Amen. Owu, bulela iNkosi! *Owu, Indlela endimthanda ngayo uYesu.*

Owu, indlela endimthanda ngayo uYesu,

⁴⁰³ Nkosi Yesu, sikelela ezitshefu. Nika bona, Nkosi, intambiso kaMoya . . . ? . . . eGameni likaYesu. 

ILIZWI ELITHETHIWEYO

YIMBEWU YEMVELO ²

 Kulungile, ngoku, oko kuhle, Mzalwana uKidd. Yinzwana. Ngokuchanekileyo kulapho sikhona. [UMzalwana Kidd uthetha into kuMzalwana Branham—Mhl.] Amen. Ufuna ukutsho ilizwi malunga nempiliso yakhe.

² [UMzalwana uKidd uthi, “Ewe. Ndingumfo othe waphiliswa, kwiminyaka emibini egqithileyo. Kwaye ndenziwe ndalungela ukungena ngesiqingatha kwibhokisi yokufihla. Umama ubize uMzalwana uBranham, kwaye weza ngaphaya, yena kunye—yena nonyana wakhe. Kwaye bashiya ikhaya ngentsimbi yesibini, kwaye weza waza wandithandazela. Njani... Andikhangе ndive nto ukusukela—ukusukela—ukusukela esinqeni sam, ukuhla, nentwana le. Kwaye emva kweyure endithandazele, wemka, invakalelo zonke zabuya. UThixo undiphilisele kumhlaza. Bathi, ‘Akanazintso.’ Ndinezinye ezitsha. Andazi, kodwa uThixo uzenze zaqalisa. Kodwa ndim ekwenzekileyo. Amashumi asibhozo ananye eminyaka ubudala, bendiphanda ndawo zonke iminyaka, ndinceda ukuzisa uhlaziyo kwabakwaMoya. Oko kundinyumbazela ukufa. UMzalwana uBranham uyayichaza, ‘Bonke bakha iindonga ezincinci zemivalo phakathi komnye nomnye, kwaye abakwazi ukuba nemvuselelo.’ Injalo lonto. Uchanile malunga noko.” IBandla liyahleka—Mhl.]

³ Injalo nje lonto. Mzalwana Ed, leyo yinto eyenzayo. Owu, akumangalisi oko? Ndiyabuthanda obabungqina buncinci, mzalwana.

⁴ Ngoku unomathotholo wemoto uxhonyiwe, koko abakutshoyo khona apha, lendawo apha.

⁵ Wonke umntu uziva mnandi ngoku? [IBandla lithi, “Amen.”—Mhl.] Kulungile, ngoku, sizakuqalisa kanye ngoku kude kubesezinzulwini zobusuku, emva koko siza. . . [“Amen.”] Sivuya kakhulu ngokuba iNkosi isincedile kwaye yasisikelela.

⁶ Ngoku, phambi kokuba siqalise kwakhona, masibe nje nelizwi elincinci lomthandazo kuLowo esithetha kuYe ngoku.

⁷ Bawo waseZulwini onoBabalo, Uyabuva obubungqina bale inobuthixo, engwele, indoda endala. Ukuhla ngesigaba, yona nomfazi wayo omncinci, besebenza kunye, kwaye indlela athe wabambelela kuWe, kwaye wakubongoza Wena ukuba wenze umyeni wakhe abe ngumshumayeli, kwaye nanku elapha. Kwaye ngexa ibilele phaya, isifa, abangcono ogqirha esizweni besithi, leya, “Imkile. Akanakuphila kodwa iiyure

ezimbalwa. Igqityiwe. Umzimba wakhe utyiwe ngumhlaza. Akanakuhamba elinye inyathelo. Isifo emaqatheni akhe, nanjalo njalo, kumthathile kwamgqiba.” Nanku ekhona apha, iminyaka emva koko, esahamba. Sinombulelo nje kakhulu, Bawo. Iyangqina, ukuba, xa iLizwi lityaliwe, emva koko linkcenkceshelwe, Liyakuzisa isivuno.

⁸ Ngoku siyathandaza, Bawo, okokuba Uyakusenza siwondlale amaZwi ngalemvakwemini, evela eLizwini Lakho. LiLizwi Lakho, kwaye sifuna ukulondlala Lona nje ngendlela Elililo. Uze emva koko Ulinkcenkceshele Lona, Nkosi, ngoMoya. Siyacela, njengoko sizinikela, kunye noMyalezo, kuWe, okokuba Usisebenzise, eGameni likaYesu. Amen.

⁹ Ngoku ukukhawulezisa. Unkosikazi wam ebendixelela, ngale ntsasa, malunga nendlela ekunzima abantwini, niyazi, kwaye imilenze yabo isiba nenkantsi kunye nezinto; amanenekazi, kwaye—kwaye abaninzi abantu njengam, besiba badala kancinci, kufanele bame ngolwahlobo. Ndiyakuncoma oko, ukuthembeka kwenu. Kwaye ngoku siyakubuyela ngqo kuMyalezo size siqhubeke. Andifuni kungxama kakhulu, nakubeni kunjalo ndifuna ukungxama ngokwaneleyo ukuzama ukugqiba ngalemvakwemini, ukuba ndingabanakho.

¹⁰ Ngoko, kwamsinya sakugqiba, siyakuya ngqo ngoko e—eTifton, Georgia, hayi ukuyela isigx-...umhlangano oqhubekekayo. Sikwihlo lentlangano kwisikolo samabanga aphakamileyo phaya, nje ubusuku obunye. Lowo ngungomso ebusuku, kwaye nje umhlangano wentshumayelo. Kwaye ndiyakuba nesiqhelekileyo isiqendwana esincinci, okanye into ethile endiyishumayeleyo kanye apha, ngokuba lutyelelo nje kunye nabantu phaya. Abanamhlangano osisigxina okanye nantoni. Ke si . . .

¹¹ Kwaye ngoku, si—sishiye, ngale ntsasa, sithetha kwisiqendwana sethu sifumaneka ngaphaya kwiGenesis, isahluko soku-1, u—umqolo we-11, ngobuninzi. *ILizwi EliThethiweyo LiyiMbewu Yemvelo.*

¹² Kwaye ngoku injongo yam ngale ntsasa, nanamhlanje, kukuzama ukucacisela abantu. [UMzalwana uBranham ubuza umntu othile, “Ingaba ivuliwe? Ehe.”—Mhl.] Ndizama ukucacisela abantu, ngesenzo sam, ngoku, kutheni ndizenzile ezi zinto endizenzileyo. Kwaye ndiqonda, ukuba, eziteyiphu ziyashicilelwa kwaye ziyakuthunyelwa ngaphandle. Abantu abaninzi mhlawumbi bayakuziva emva kokuba ndimkile apha, ukuba uYesu ulibazisile. Kodwa ndifuna ukutsho ukuba ndikholelwa iLizwi likaThixo, ukuba Lona, Elo, liyiNyaniso.

¹³ Ngoku, sishiye apho oko ko...kwemihla yokugqibela, kwenzeka ntoni kulungiselelo lwabavangeli abo kwiminyaka embalwa egqithileyo olwaluvuthisa isizwe, kwaye kukhangeleka ngathi bonke kubo bayekile. Ngoku, anditsho

ukuthi bamkile entsimini. Basaqhubekeka, kodwa akukho siphumo, kukhangeleka njalo. Ababheki ndawo. Yabona? Yintoni ingxaki? Intsimi igqityiwe ukuhlwayelwa. Yabona? Ngoku khumbula. Sukulibala.

¹⁴ Umntu othile undicelile ukuba ndiphinde elagama lesiHebhere kwakhona, kuYoweli, isahluko sesi-2, Yoweli 2:28, apho athetha ngokubuya kwemvula yangaphambili neyangasemva. Igama “ngaphambili” ligama lesiHebhere m-o-u-r-e-h, *moureh*, elithetha imfundiso. Ngamanye amazwi, iyakuba yimvula yemfundiso kunye nemvula yokuvuna. Ngoku sibenayo imvula yokufundisa, kwaye silungele ngoku imvula yokuvunisa. Niyazi, imvula yokuqala kuxa uhlwayela imbewu, oko kuqalisa ukukhulisa isivuno sakho. Emva koko nje phambi kokuba sivuthwe, kuza esinye isivuno. Oko koko bakubiza imvula yokuvunisa. Siyazi ukuba kuxa kunini. Iimvula zasentlakohlaza, kwaye emva koko iimvula malunga noJuni, yenza isivuno sakho. Ngoku, imvula, siyafumanisa, yayinguMoya.

¹⁵ Kwaye ngoku sishiye apho ndivakalise izimvo zam ezokuba iyakuba yintoni yonke lento. Oko koku, ndiyakholwa ukuba i—ukuba i—imvula izisiwe, imvula. Eso sisizathu sithulisiwe, ngokuba umhlaba sowuhlwayeliwe. Akunakufumana naphina, nzima, kodwa oko kuhlwayelweyo. Kwaye iphumile ngonomathotholo, umabonwakude, iiteyiphu, ilizwi, yonke into. Ihlwayele ihlabathi. Zimbewu ezilinyiweyo. Ngoku, zeziphi iimbewu ezilinyiweyo, akunakufumana nto engenye kuyo kodwa ezombewu bezilinyiwe. Ningaba ninyaqonda ngoku? Iyakuba yimbewu ebilinyiwe. Ngoku, uMoya uyakuwa, kodwa Uyakuzisa isivuno sembewu Owele kuso. Ngoku, khumbulani. Kulungile.

¹⁶ Ndiyaqikelela ukuba amaqela amabini obuhlelo, abakwaMoya neqela lobuvangeli, ayakusebenzisana kubuhlelo, ayakuzihlanganisa kunye kwaye ayakuba lilungu, onke, iManyano yeQumrhu lamaBandla, okanye iQumrhu lamaBandla. Sele ekulo, onke. Kwaye kuyakuza, ngawo, isinyanzeliso, okanye ugwayimbo, oluyakumisa yonke into kuphela ekoluya manyano lweecawa. Yilonto i...IBhayibhile itshilo ukuba kuyakubakho ugwayimbo, nkqu nangendlela iyakubangela abantu bangathengi okanye bathengise bade babe bazuze oku: uphawo lwerhamncwa, ntoleyo ibubuRoma; kunye nomfanekiso werhamncwa, ntoleyo ibubuProtestanti. Okokuba umfanekiso...Irhamncwa lalinamandla, igunya, lokunika umfanekiso ubomi, ukuba uthethe, kwaye yakwenza. Kwaye leyo yiMbumba emanyeneyo yamaBandla, xa bebumbana.

¹⁷ Ngoku kukho abantwana abancinci abaninzi apha. Andazi, uYesu angeza ngale mvakwemini. Angeza kulonyaka uzayo. Andazi UyaKuza nini. Kodwa, khumbulani, ukuba andiphilanga ukuba ndiwubone la Mhla woKuza Kwakhe...Ntoleyo, ndithemba ndiyakwenza njalo, kwaye

ngandlela ithile ndiyakholwa ndiyakwenza njalo. Ngoku, ukuba andiwuboni, sanukuyeka eli Lizwi limke ezindlebeni zenu nasezintliziyweni zenu. Yabona? Khumbulani nje, ndithetha eGameni leNkosi.

¹⁸ Ngoku, ndiyakholwa ngentliziyoyam yonke, okokuba leyo yindlela eyakuphetha ngayo. Kuyakubakho efana nomanyano, u—ugwayimbo. Zonke ezondawo ezinje ngezi apha ziyakuvalwa. Kwaye akuyi kubanakho ukuthetha ude ube ne—nemvume, okanye impephamvume esuka kuleManyano yamaBandla, ukubamba inkonzo. Iphantse...Ibonakalisa ukuba yenza oko ngoku, nkqu nasehlelweni. Ibonakalisa ukuba iphi apho ikhoyo. Ewe, mhlekazi. Kufanele ubenayo. Kwaye kulapho iyakuphethela khona. Leyo yingqikelelo yam, njengomkhonzi kaKristu, ngokuqonda endinako ngeLizwi, kunye nentumakalelo. Kulapho iyakuvela khona. I...Zonke iimpawu zalatha ekupheleni. Ndisandula ukugqiba ukuthetha ngalonto. Kwaye ikwakuyo i. . .

¹⁹ Intombi esisiyatha iqalisa ukulilela iOli. Ngoku, khumbulani, wayeyintombi. Kwaye ukuba uyintombi, ulibandla. Yabona? Sizakufika kokuya ngale mvakwemini, kwiSityhilelo 17. Ukuba yintombi, libandla, kuba ibandla yintombi.

UPawulos wathi, “Ndinendisela kuKristu, njengentombi enyulu.”

²⁰ Ihenyukazi, leSityhilelo 17, yayilibandla. UYohane wayincoma ngenxa yabo u—ubuhle, into eyayiyiyo. Wayeyinto entle. Kodwa, noko, “Kuye kwafunyanwa igazi laye wonke ongcwele kaYesu Kristu, ababulawelwe kuye.” Injalo lonto. Ndiyakholwa zizigidi ezingamashumi amathandathu anesibhozo, kwimbali yababulawelwa inkolo, okokuba ibandla iRoman Catholic yabulala ukusukela—ukusukela kuSaint Augustine wase Hippo. Amashumi amathandathu anesibhozo ezigidi zamaProtestanti abulawa, kwaza kwabhalwa kwiincwadi zababulawelwa inkolo, yicawa yobuKatolika, ngokuba bengavumelani nemfundiso yayo. Akumangalisi iBhayibhile yathi, “Kuyo kwafunyanwa igazi laye wonke obulawelwa inkolo.”

²¹ Ngoku, ngoku, akathanga uYesu kuza ilixa, “Bayakunibulala, becinga benza umsebenzi kaThixo”? [IBandla lithi, “Amen.”—Mhl.] Kwaye banyanisekile malunga noko. Abangengobahanahanisi. Bayayikholelwa lonto. Bafundiswe lonto.

²² Kwaye xa ela Lizwi...Xa—xa ela eLizwi lityaliwe phaya, Lifanele lizise isivuno. Ngokuqinisekileyo, Lifanele. Khumbulani, sihlala nayo, “iMbewu.” Eso sisiqendwana sethu, iMbewu yethu. ILizwi elithethiweyo likaThixo liyiMbewu. Yabona? Lifanele libuyele emva kweliLizwi, kwaye ela Lizwi liyakuvelisa oko Likutshoyo.

23 Seso sizathu ndikholelwa kwimpiliso eNgcwele. Seso sizathu ndikholelwa kwimibono. Seso sizathu ndikholelwa kwiiNgelosi. Seso sizathu ndikholelwa kulo Myalezo, kungokuba Uvela kwiLizwi likaThixo. Kwaye nantoni na engaphandle kweLizwi likaThixo, andiyikholelwa. Ingaba njalo, kodwa nokuba kunjalo ndiyakuhlala nje noko uThixo akutshiloyo, ndize ndiqiniseke ukuba ndilungisile. Ngoku, uThixo unakho ukwenza oko Akufunayo. UnguThixo. Kodwa okoko nje ndisahleli neLizwi Lakhe, ngoko ndiyazi ukuba konke kulungile. Ndiyakukholwa oko.

24 Ngoku, le isisiyatha intombi ngumfazi. Ulibandla, kodwa usisiyatha. Yabona? Ube ngongakhathaliyo, kwaye noko ubizwa ngokuba—ubizwa ngokuba nguMtshakazi.

25 Kwaye khumbulani, yonke into ihamba ngokwesithathu, ukwenza ingqibelelo. Isithathu linani lengqibelelo.

26 Izikhundla zikaThixo: Yise, Nyana, Moya oyiNgcwele. UThixo uYise wayenguThixo owayehleli kwiNtsika yoMlilo. Wayezama ukutsalela uSirayeli kuYe. Babengafuni kuza. UThixo uYise wahlala kuNyana, owamenza Yena uThixo uNyana; uThixo okwamnye, umfanekiselo kaThixo obonakalisiweyo, iMbewu kaThixo ibonakalisiwe, ezama ukutsalela abantu kuYe. Bambethelela Yena. UMoya oyiNgcwele ukwanguThixo omnye owayesekuqalekeni, kuNyana kaThixo, kwaye ngoku apha (esinye isikhundla sikaThixo) kwimihla yokugqibela, ephila eBandleni; ezama ukuzisa iLizwi, iLizwi elithethiweyo, njengokuba ezinye izikhundla ezimbini zenzayo, ebantwini, kwaye balichasa Lona. Yinto ekwanye. Zizikhundla ezintathu okanye ukubonakaliswa koThixo omnye esebenza. Kwaye uThixo ebantwini baKhe namhlanje, esebenza, nguThixo esebenza. Yabona? NguThixo esebantwini.

27 INkosi ithandle, ndifuna ukuthetha koko, ngomso ebusuku, “UThixo endalweni Yakhe, uThixo ekuNyana Wakhe, uThixo esebantwini Bakhe,” nanjalo njalo. Ngoku, ndithethile ngoko ngaphambili, apha, ndiyakholwa.

28 Ngoku, ngoko, le ntombi isisiyatha, xa yahamba yayakuthenga iOli. Yathunywa ukuba iye kuthenga iOli. Xa yenzayo, yafumanisa ukuba yayishiywe lixesha kakhulu. Ngokuba? Ngokuba, sihlobo? Iimbewu zigqityiwe ukutyalwa. Yabona? Kwakukho isithathu, phezulu kwixesha laseSodom.

Kwasoloko kungamanani amathathu, lonke ixesha.

29 Kukho ukuza kukaKristu okuthathu. Weza kuqala ukuza kuHlangula uMtshakazi Wakhe. Uyeza, okulandelayo, kuXhwilo, ukuthabatha asuse uMtshakazi Wakhe. Uyeza kwakhona, kwiMillennium, kunye noMtshakazi Wakhe.

30 Yonke into ingokwesithathu. Isithathu linani eligqibeleleyo. Isihlanu linani lobabalo; isixhenxe,

ukugqithwa; ishumi elinesibini, unqulo; amashumi amabini anesine...okanye—okanye amashumi amane, ukulingwa; kunye namashumi amahlanu ngumbhizyo wesikhumbuzo. Kwa igama, *pentecost*, lithetha *umbhizyo wesikhumbuzo*, “amashumi amahlanu.” Yabona? Ngoku, kwaye ngoku, uThixo, kumanani Akhe, Ugqibelele emananini Akhe. Ugqibelele eLizwini Lakhe. Ugqibelele esenzweni Sakhe. Ugqibelele kwinto yonke, ngokuba UnguThixo ogqibeleleyo. Ehe.

Kwaye siyakubona oko kwezintombi . . .

³¹ Ngoku, khangela, kukho okubizwa i “henyukazi,” eBhayibhileni. Ngoku, ndifuna oodade bam ba—bandixolele. Ndi . . . Yilonto iBhayibhile eyithethileyo. Namhlanje ndithetha nje ngokuphandle. Imbiza, “Ihenyukazi, kunye nonina wamahenyu,” ntoleyo ekwanye. Ngoku, ukuba uyaqwalasela, kukho i “henyukazi” ekuthethwa ngalo, eBhayibhileni, elo libandla. I “henyu” ethetha ngalo, leBhayibhile, elo libandla. Kwaye u “Mtshakazi” ekuthethwa ngaye, eBhayibhileni, kwaye lowo liBandla. Naso isithathu. Sizakufika kuzo, emva kwethuba, sibonise ngabatshakazi bakabani abaya, kwaye baliwe njani, kunye nako konke malunga nako, ukuba iNkosi ithandle.

³² Ngoku, into yokuqala, ndifuna ukutsho lento phambi kokuba ndilibale. Ningakhe, ningaze niboyike ubukomanisi. Ubukomanisi busebenza nje kuphela ezandleni zikaThixo. Ngumcimbi nje ongenabuthixo njengoKumkani uNebhukadnetsare wayenjalo, kodwa Wamthumela khona ngaphaya waza wasika uSirayeli ngenxa yokungathobeli kwabo. Xa, umprofeti wabaxelela okwakusiza, kwaye wabaxelela ukuba bahlale emhlabeni wabo kwaye bakhumbule uThixo. Babengasayi kuyenza lonto. Baqhubekeka, nakanjani, kwaye ukumkani waphuma kanye waza wabafumana, nakanjani, ngoba Wathi wayeyakwenza njalo. Ubukomanisi yinto e . . .

³³ Isizathu sokuba ubukomanisi buvuke kungenxa yokungabikho sikweni kwecawa yobuRoma, phesheya kweelwandle, eRashiya. Bathabatha yonke imali, baza ba—bafumba yonke into, kwaye kuko konke ekwaba yiyo. Oko kuko kanye kwenza ubukomanisi.

³⁴ Xa laa nkwenkwana incinci yavuswa ekufeni, phezulu phaya eFinland, wona amajoni amakhulu obukomanisi eme phaya ekhahlela xa ndandigqitha, kwaye iinyembezi zisihla ngezidlele zawo. Athi, “Siyakumamkela uThixo onjengalowa, ngokuqinisekileyo, uThixo onokuvusa abafuleyo kwaye agcine iLizwi Lakhe. Ngokuqinisekileyo.” Yabona? Kodwa xa iba nje kukuya ecaweni, kwaye uphile nje ngomtyholi kunye nento yonke engenye, nje ngehlabathi lonke, ungenzi nto, ngoko abakholelwa kuyo. Kwaye, ukunyaniseka, andiyenzi nam. Injalo lonto. Injalo lonto.

³⁵ Akukho Sibhalo esithi ubukomanisi buyakulawula ihlabathi. Kodwa sikhona iSibhalo, kwaye sonke iSibhalo, sithe ubuRoma buyakuyenza. Ke gcina amehlo akho kokuya.

³⁶ Jonga, ngobubusuku. Jonga nje kwenzeke ntoni nkqu nangobusuku obugqithileyo. Lomlawuli waseKentucky, wathi malunga nokuba abeRepublican kwi—kwisihlalo phezulu phaya ngoku, emele isizwe saseKentucky. Waza wathi, “UngumProtestanti, kwaye engagobi phondo ngabo,” yena engumKatolika. Babanokuzithemba kangankokuba benakho. Kwaye, khumbulani, kukho ezinye izinto ezihamba nokuya.

³⁷ Ixesha leentombi eziziyatha, siyakubona oko. Izinto ezingazanga zenzeka, ekungekho namnye kuwo amadoda, abafundisi, ukuhla ngezigaba owayenokutsho ezi zinto njengokuba sinokuba nakho ngoku, ngoba zilapha. Ngoku, intombi esisiyatha kunye nabakwaMoya abaxutyiweyo, leyo yinto ekwanye, ukuxutywa nezinto zehlabathi.

³⁸ Ngoku khumbulani, ndingowakwamoya, kodwa hayi owakwaMoya ngobuhlelo. Ndiyakuchasa oko. Ndingowakwamoya ngamava. Sifanele sibe...AmaWisile angabakwamoya, amaBhaptizi ngabakwamoya, amaKatolika angabakwamoya, ukuba banamava akwamoya. Akunakwenza umbutho ubuPentekoste, ngokuba nga—ngamava, kwaye nguThixo. Kwaye uThixo akanakwenziwa umbutho.

³⁹ Ngoku, ngoku, uYesu usixelele ezi zinto ziyakuza, ngoku, usixelele malunga nokuyakwenzeka; intombi esisiyatha iyakuvuka, kunye nezinto eyakuzenza; kwaye nendlela abantu abaya kubiza ngayo, ngemihla yabo, kwaye bafune iOli, kodwa baya kushiywa lixesha. Yabona?

⁴⁰ Ngoku qaphela zona izithathu, wona amabandla amathathu. Nalo ihenyu; akazelanga ilize, ngoku, lizikhathalele lona. Kwakukho intombi esisiyatha, leyo ilibandla lobuProtestanti. Kwaye kwakukho noMtshakazi. Yabona? Ngoku, nango amabakala amathathu ebandla kwimihla yokugqibela. Ngoku qaphela. Sizakuwazisa kanye ngqo ukusuka kwiGenesis, kwaye siwazise apha siwabeke kwiZityhilelo, kuXhwilo, iNkosi ithandle.

⁴¹ Zonke ezi zinto zikhangeleka ziyinene. EyakwaMoya ikhangeleka iyinene. Cinga i...“Kutheni, ndingowombutho wabakwaMoya.” Oko akuthethi nanto kunokuba ubuhlala ehokweni yehagu. Ayinakwenza nomncinci umahluko. Ayisayi. Yixina nje ehlokomayo necangci elikhenkezayo, ehe, nokuba ungowayiphi, ukuba akuzelwanga ngoMoya kaThixo kwaye wamkele uMoya oyiNgcwele. Kwaye isizathu... .

⁴² Ukuba akuyenzanga, akulikholelwa lonke iLizwi likaThixo, akukamamkeli uMoya oyiNgcwele okwakalokunje. Injalo. Injalo ngqo lonto. UMoya oyiNgcwele...Xa usiva iNyaniso, kwaye uMoya oyiNgcwele ungakukhokeleli

kuYo, ngoko kukho moya wumbi khona phaya okugcinela kude kuYo. Ke, umoya onawo ngaphakathi asingoMoya oyiNgcwele. Owu, ehe.

⁴³ Ngoku siyafumanisa, njengokuqhubeka, wathi, “NjengoYanes noYambres bamchasayo uMoses.” Sithethile malunga noko, indlela ezi zinto ziyakuba ngayo kwimihla yokugqibela ngoku.

⁴⁴ Kwaye ucaphulo lokugqibela esinalo, yayileli, “UThixo wenza yonke imbewu ngokohlobo lwayo.” Leyo yeYakhe...Yabona? Emva koko xa Wenza umntu Wakhe ngokomfanekiselo Wakhe, yayiyiMbewu yeLizwi Lakhe. Kwaye xa uYesu wenziwa inyama, Wayeyi—yinyama yeLizwi likaThixo. Kwaye xa sifumana iLizwi likaThixo, ngoko siba liLizwi likaThixo enyameni yethu. Yabona? IBandla kufanele libe kulameko.

⁴⁵ Ngoku, emva koko, emva kokuba Enze umntu ngokomfanekiselo OnguWakhe...“Ngomfanekiselo kaThixo wamdala yena.” Ngoku, emva kokuba Eyzenzile lento...Ngoku ungakuphosi oku. Emva kokuba uThixo enze oWakhe—oWakhe umntu ngokomfanekiselo OnguWakhe, ngeLizwi ElileLakhe elithethiweyo, ngoku, lowo yayingumntu ogqibeleleyo. Kodwa apho ukuwa kweza khona, kuxa Wakhupha kuye imveliso ephuma kwenye imveliso, waza wamenzela umtshakazi. Kulapho ingxaki ikhona ngoku. Ukuba ubungowomoya, sowuyibambile. Yabona? Yabona? Wa...Asingo Adam owangena engxakini. Asingo Adam owathandabuza iLizwi. Yayingumtshakazi wakhe owathandabuza iLizwi.

⁴⁶ Kwaye asingoYesu othandabuza iLizwi, ngokuba Waye eliLizwi. Yabona? NguMtshakazi Wakhe. Nako kulapho apho ukuxutywa kuza khona.

⁴⁷ Zange kuze ngo Adam. Usizi kuwe ongakuboniyo oko. Yabona? Asilotyala lika Adam. Wayengenanto yakwenza nayo. Ukuba ukufa kuza ngo Adam, ngoko kuza ngoThixo. Ukufa kuza ngokuxutyani swa ngokuphambanisa.

⁴⁸ Ukufa akunakuza ngeLizwi likaThixo. Ukufa kuza ngokuxutyani swa ngokuphanjaniswa kwaLo kunye nehlelo, kunye nemvumo nkolo endaweni kaKristu, imigaqo endaweni yeLizwi. Ayizi ngeLizwi. ILizwi buBomi. UYesu wathi, “AMazwi aM abuBomi.” Kwaye uMoya uvuselela ela Lizwi uze ulenze Lona uBomi. Ukulixubanisa ngokuphambanisa Lona, apho kulapho ukufa kusuka khona.

⁴⁹ Kwaye ukuba u-Adam liLizwi likaThixo, iLizwi Lakhe elithethiweyo, iMbewu Yakhe yemvelo, ngokuba Wayengowokuqala ngoko ngokudalwa, emva koko u-Adam Wakhe wesibini naye wayengokudalwa, iLizwi elithethiweyo. Niyalandela? [IBandla lithi, “Amen”—Mhl.]

50 Ngoku, u-Adam zange alahle-...zange walahlekiswa. Kodwa umtshakazi wakhe walahlekiswa. UKristu, namhlanje, akalahlekiswanga. ILizwi alilahlekisi. Ngumtshakazi owenza ukulahlekisa, ngeLizwi. Niyayibona? [IBandla lithi, "Amen."—Mhl.]

51 Ngoku, Wamnika umtshakazi, umfuziselo ka-Adam wesibini. Wanika u-Adam wokuqala umtshakazi; wawa. Wanika u-Adam wesibini, uKristu, umtshakazi; wawa. Yilonto ngqo. Kutheni? Akangowemvelo. Yimveliso ephindiweyo.

52 Umtshakazi namhlanje yimveliso ephuma kwenye. Yabona? Yena, yena uzibiza umtshakazi. Kodwa into ayiyo, wenziwe ngezinto zombutho, hayi ezeLizwi; kangangeLizwi elikulo, lokuyenza uhlobo oluthile lwemveliso ephindiweyo, ukuyenza ibebuhananisi. U-Eva wakholwa ubuninzi beLizwi, kodwa wathandabuza indawo enye yaLo. Namhlanje, akanakufunama nkqu neZenzo 20...okanye uMateyu 28:19 esemgceci neZenzo 2:38. Yabona? Iyambhidisa. Leyo yindawana nje encinci, kwezingamakhulu zezinye.

53 Ngoku, umtshakazi ka-Adam wayengumfuziselo womtshakazi wesibini ka-Adam. Ngoku, umtshakazi ka-Adam...

[Indawo engenanto eteyiphini—Mhl.] Ndiyinqumle iteyiphu?

54 Umtshakazi ka-Adam zange akwazi kulinda. UThixo wamxelela u-Adam no Eva, "Qhamani nande niwuzalise umhlaba." Yayiyinto ezakuza, isithembiso. Wayengengomfazi wakhe, okwangoko, ngokuba zange ahlale naye.

55 Umtshakazi kaKristu akangomfazi Wakhe okwakalokunje. ISidlo sangokuhlwa soMtshato kufanele senzeke. Niyayifumana? Qwalasela, owu, oku kutyebile.

56 Wangxama, kwaye yintoni awayenzayo? Waphambanisa imbewu yakhe. Wayixuba kunye nembewu yenyoka. Kwaye xa wakwenzayo, wazisa i—i...Yintoni awayizisayo? Wazisa umntwana wokufa. Umntwana, athe, wagqwetha wonke umntwana emva kwalonto.

57 Kwaye xa ibandla likaYesu Kristu laligqwethiwe ngexesha leRoma, emva kozalo lwalo lobuntombi, kwaye lanikelwa kuKristu ngePentecost, ya...Yenza ntoni? Yazixubanisa ngokuziphambanisa nemigaqo yaseRoma. Kwaye ibandla lobuProtestanti lenza kwa into enye. Alinakulinda.

58 Umfazi oganelwe kwentle, esentsha, ecocekileyo indoda, kwaye phambi kokuba bahlangane, wenza ntoni? Ufunyanwa ekhuleliswe ngomnye umntu. Ngoko imbewu eyeyeyakhe, eganelweyo...Umzimba ongowakhe, oganelwe isihlobo sakhe esenkwenkwe, umyeni wakhe amganileyo, ufunyanwa uzele yimbewu yenye indoda. Elinjani ihlazo!

Yilonto ngqo u-Adam awayifumanayo.

⁵⁹ Yilonto uKristu awayifumanayo. Ayizange ikwazi kulinda. Yilonto iyingxaki nabantu namhlanje. Abakwazi kulinda oyena wenene uMoya oyiNgewele wokulithabatha iBandla ulibeke endaweni. Bafumana besenza into ethile, benze into ethile. “Obona bungqina, ukuthetha ngeelwimi,” ukufumana amalungu amaninzi ebandleni. Zonke ezintlobo zobuvuvu, endaweni yokulinda kwiNkosi ukubonakaliswa kwenene kovuko lukaKristu Ezazisa phakathi kwabantu. Alinakulinda.

⁶⁰ Yenza ntoni? Yaphuma layakuzenza likhuleliswe bubhlelo. Elokuqala yayi Assemblies of God, emva koko kweza aboBunye, emva koko nabaphi emva koko. Ngoku obizwa umtshakazi ukhuleliswa zizo zonke iintlobo zobuvuvu, ihlazo. Abafazi abayi kuhoya kwanto koko likutshoyo iLizwi likaThixo, kunanto ehlabathi, nawo amadoda, okanye nkqu nabashumayeli, emva koko babize okuya umtshakazi.

⁶¹ Yintoni? Ukhulelwe. Umtshakazi kaKristu ukhulelwe lihlabathi, unxiba njengehlabathi, wenza njengehlabathi, ambandla amakhulu, amahle. Intoni? Ibonisa into ayiyo. Ungokamtyholi. Yilonto uSathana wayenzayo endaweni yokuqala, yayikuzama ukwakha obukhulu obuhle ubukumkani eZulwini, kwaye wakhutshelwa ngaphandle ngenxa yalonto, wagxothwa eZulwini. Kulapho umtshakazi kaKristu walemihla akhoyo, ukhutshelwe ngaphandle, ngokuba ugxothiwe kuThixo, ngokuba elihenyukazi kwaye engeyiyo intombi. Inzulu, kodwa ndiyathemba niyayifumana.

⁶² Umtshakazi ka-Adam zange abe nakulinda, kodwa waxuba imbewu yakhe, ngokungekho mthethweni. Ngokungekho mthethweni!

⁶³ Sifanele sikholelwe iLizwi likaThixo, kwaye Lona lodwa. Ngoku, bazalwana, apha nakwiteyiphu, niyabona kutheni ndilwela ela Lizwi, iLizwi ngeLizwi? Ndinixelele ndikholelwa ukuba leya yiNyaniso kaThixo. UThixo uyikhusele la Bhayibhile. Kufanele Agwebe ihlabathi ngento ethile, ngaye uYesu Kristu oliLizwi. Kwaye eli Lizwi lenziwa inyama, ukuze libe nguYesu Kristu. Ndiyayiyeka nje Izike. Khumbulani iLizwi!

⁶⁴ Kwaye ngoku Umfumana oniwe. Ucinga Uyakutshata into enjenga leya? Sokuze. Ungcwele. Akakwazanga kulinda. Okungekho mthethweni!

⁶⁵ Yilonto u-Adam wayifumanayo. Ngoku, bazalwana, dade, jonga emva. Ukuba ujonge esithunzini nokuba sesantoni, sikokona kubonakaliswa kowona mfanekiso ozayo. Ke, uyabona, u-Adam kwafuneka amfumane umfazi ekhulelwe. Kwaye wathi, “Inyoka indilukuhlile.” Ngoku si . . . u . . .

⁶⁶ Ndizakuyithabatha kumacala omabini, nje kwimizuzu embalwa, iNkosi ithandle, yabona, ikubonisa ukuba oko akukwazeki ukuba ibe yenye into engenye.

67 Ngoku, umtshakazi ka-Adam akazange akwazi kulinda, kodwa wabheka phambili kuqala.

68 Yilondlela, namhlanje, umtshakazi namhlanje. Ufuna ukwenza into ethile. “Uzuko kuThixo,” kufanele ayisebenzise, eqongeni. Kufanele abe nento yonke. Yabona? Yintoni ayenzayo? Wenza into ethile.

69 Khangela apho iya khona. Ungabona akukhonto kuyo. Yinkqatho. Injalo ngqo. Ukuba ibingeyiyo, elihlabathi beliyakuvutha ngaMandla kaThixo; ibandla beliyakuvutha. Owu! Intoni? Abafileyo bebeyakuvuswa, kwaye zonke iintlobo zezinto beziyakwenzeka.

70 Kodwa yintoni ahlwayelwe nayo, phambi kokuba uKristu abenokufika kuye. Phambi kokuba Afike kuye, ukutyala eYakhe iMbewu, yintoni ewayenayo? Ukhula lwembewu, ihlabathi, iimbewu zamahlelo. Sesizathu ivuna isivuno sayo kanye ngoku.

71 Ndiyathemba akuzicaphukisi, kodwa ndiyathemba Ingena kanye ihle kwindawo ndiyakuthemba ukuba uThixo uninikile Yona. Yabona?

72 Ngoku, waxuba imbewu yakhe, ngokungekho semthethweni, ngokungekho semthethweni eLizwini. Yintoni awayezama ukuyifumana? Ngoku phulaphulisisa. Yintoni awayesemva kwayo? Ubulumko.

73 Ubulumko! Kwaye yilonto eyenzayo namhlanje. Uthumela abashumayeli bakhe bamke baye ezikolweni, ibafukamisele, kumatshini, ipychology, zonke iintlobo zezinto ezifanele... ezingekhoyo nkqu naseBhayibhileni. Kwaye wafukamisela awakhe—awakhe—awakhe amaqanda. Kwaye xa wagqibayo, wakhupha imveliso ye—yegquba labantu abaya—abayakwenzelela yonke into, kwaye bachase owona Myalezo kaThixo, ingazi ukuba yenza ntoni. Akakhathali ngalonto. Akakholwa, akacingi ukuba ayilungisanga.

74 Naye u-Eva zange acinge ukuba akalungisanga. U-Eva wacinga ukuba wayelungisile. Kwaye ukuba lowo yayingumfuziselo, kwaye lona ngundoqo, iyakufanela ukuba yenze kwangohlobo olunye umfuziselo wenza ngalo. Ngoku oku kuko nje, kum, oku nje sisibini siphindwa kabini ze silingane nesine.

75 Ngoku qwalasela kwenzeka ntoni kubantwana baka-Eva, kowokuqala owazalwayo.

76 Ngoku, ukuba uThixo uthe, “Qhamani nande,” kumtshakazi wakhe, ku mtshakazi ka Adam, “kwaye niwuzalise, qhamani nande kwaye niwuzalise umhlaba,” lowo yayingumyalelo kaThixo. Kwaye wayenakho ukuyenza lonto u-Eva, kwaye naye Adam, ukuzihlanganisa kunye. Kodwa kwenzeka ntoni? Xa u-Adam walungela ukuya kuye, wayesele engumama. Yabona oko ndikuthethayo?

⁷⁷ Ngoku into ekwanye yenzekile ebandleni likaKristu, umtshakazi kaKristu. Ngoku sibuyela emva kude kunoko, emzuzwini.

⁷⁸ Qwalasela, kulomtshakazi, wenza ntoni ngoko? Umntwana wakhe wokuqala weza, yayingumntwana ongumgqakhwe. Kwaye wayezele kukufa, kwaye wabangela ukufa, kwaye wonke ubani ukusekela ngoko kukufa. Ngoku uyabona kufanele ibe yayikukwabelana ngesondo. Kutheni nisifa, ukuba yayingekuko ukwabelana ngelesondo?

⁷⁹ Xa, uThixo wanika umyalelo ongenakutshabalala. iLizwi likaThixo linguNaphakade. Alinakusilela. Xa Wathi, “Qhamani nande kwaye niwuzalise umhlaba,” leyo yayiyijongo kaThixo enguNaphakade. Ukuqhubelela oko, akunakufa. Ngokuba LiLizwi Lakhe, kufanele uphile.

⁸⁰ Ukuba la mntwana ebeziswe kakuhle, bekungasayi kubakho kufa. Kodwa zange akwazi kulinda.

⁸¹ Yilonto iyingxaki namhlanje. Ufuna uhlobo lwenkqatho olwenziweyo, nokukhwaza, ukuxhuma, ukuthetha ngeelwimi, okanye into ethile, endaweni yokulindela elenene iLizwi likaThixo lenziwe libonakale ngoMtshakazi.

⁸² Lona uhlobo, oluthatha iLizwi, nguMtshakazi kaThixo wenyaniso uzisa aBantwana. Abanakufa. UMntwana uMtshakazi amzisileyo eLizwini, akanakufa, ngokuba LiLizwi. Amen. Niyifumane? Akanakufa, ngoba uyi...La Mntwana akanakufa, ngokuba nguMntwana-Lizwi, nguMntwana-Mbewu, nguMntwana kaNaphakade. Haleluya!

⁸³ Yilonto kanye uYesu Kristu awayeyiyo, othethiweyo, uMntwana waPhakade. Akufunekanga afe, kodwa Wayenza ukwenzela ukuhlawula ityala. Kuphela kwendlela elalinokuhlawulwa ngayo. Akukho namnye umntu owayenokuyenza; babezelwe bonke ngokwabelana ngesondo, kumtyholi, icebo lakhe. Niyifumene ngoku? Yabona?

⁸⁴ Kodwa wonke umntu, akukhathaliseki nokuba ungupope, mpristi, bhishop, nantoni ayiyo, uyafa ngokuba ungu—ungumxube. Injalo ngqo. Wazalwa phakathi koSathana no-Eva. Kwaye bayibiza nantoni oyifunayo. YayinguSathana no-Eva. ILizwi lemvelo lalingenanto yakwenza nayo. ILizwi lemvelo lalibuBomi. Walixubanisa Lona, kwaye lazisa ukufa.

⁸⁵ Kwaye xa ibandla, namhlanje, ezibiza abakwaMoya, ezibiza Bhaptizi, nantoni abayifunayo, xa bexubanisa eli Lizwi nemigaqo, ivelisa umntwana ofileyo. Kwaye ayinakho ukuba noBomi kulo. Lifile, kwaye abantwana balo bafile. UThixo wathi, “Ndiyakumphosa kumandlalo wakhe wokuthanda ihlabathi, kwaye ndibulale abantwana bakhe.” UThixo watsho njalo, kwiZityhilelo. Bangaphi abayaziyo oko ukuba yinyaniso? [IBandla lithi,

“Amen.”—Mhl.] “Ndimbeke kumandlalo wokuthanda ihlabathi,” kulapho akhoyo, “kwaye ndibulale abantwana bakhe, kwanangomlilo.” Siyaqaphela apho i...Kwenzeka ntoni kumdiza ophakathi kwengqolowa? Uyatshiswa.

⁸⁶ Owu, akunakulenza iLizwi lixoke. LiyiNyaniso. Ngamanye amaxesha uyalinyamekela, kwaye singaLenza ngendlela engeyiyo. Kodwa ukuba uLigcina libaleka tye, Liyakubaleka isinye-mbini, isinye-mbini, isinye-mbini, isinye-mbini, ukuqhubeka.

⁸⁷ “Amlahle emandlalweni wokuthanda ihlabathi.” Akanakuzisa nto kuphela abantwana abafileyo. Ngoko, ukuba ihlelo linokuzisa kuphela umntwana ongumxube, kutheni lento ufuna ukuba ngowalo?

⁸⁸ Ngoku, bazalwana, seso sizathu ndichasene nayo. Li “henyukazi,” okokuqala. IBhayibhile ithe yayi “lihenyu.” Lawo ngamazwi ahandle, kodwa ndinixelele ukuba bendizakuthetha phandle namhlanje. Yilonto eliyiyo. Lenza imibulo ngokwasemoyeni, ngokuthatha imigaqo novumo nkolo endaweni yeLizwi, lifundisa abantwana balo ukwenza kwa into enye.

⁸⁹ Ngoku, abantwana balo baphuma esibelekweni, befile. Kufanele life, injalo ngqo lonto, nje ngokunye njengamntu wonke. Phulaphula. Nje ngokuqinisekileyo njengaye wonke umntu ongefayo oqhekeza isibeleko somfazi eyakufa, kunjalo kuye wonke umntu ozelwe ngabo uyakufa, ngoba ngumxube, ngokungekho sesikweni, kwaye abantwana balo ngabangekho ngokwasesikweni. Ilungile lonto. Ndiyathemba lonto ayigqithi phezu kwentloko zenu.

⁹⁰ Ngoku, uYehova wayenomtshakazi, kanye. U-Adam waba nomtshakazi. UYesu waba nomtshakazi. UYehova waba nomtshakazi. Niyayazi lonto? Kwafuneka amale. Waba lihenyukazi, ke Wamala. Yilonto ngqo Wayitshoyo. Wabalihenyukazi, othengisa ngomziba. Yintoni eyabangela enze lonto? Bendingwenela ukuba besinexesha lokuyifunda. Ndingafika kwenye yayo, emva kwethuba. Okwakaloku nje...Kwakungexesha likaSamuweli, xa uSirayeli waba noKumkani, uThixo. Kwaye wayeyintombi. Wayezakuvelisa into ethile. Kwaye kwenzeka ntoni? Waqalisa ukubhekabheka waza wabona ezinye izizwe zinookumkani, ke wafuna ukufana nazo zonke.

Nina bahlanjw'imihlana bakwaMoya, yilonto ngqo eniyenzileyo.

⁹¹ Lo mshumayeli mdala uhleli apha, phantse ikhulu leminyaka ubudala, namhlanje. Xa abakwamoya batyhobozayo, emva phaya, wawungenakubaxelela nto malunga nombutho. Babengasayi kuphulaphula kulonto. Babeyibiza lonto izinto zikamtyholi, kwaye bona abo bantu babelungisile.

⁹² Kodwa yintoni eniyenzileyo? Nisuke nenza njengamanye amabandla. Nisuke nayenza umbutho. Emva koko, njengoko etshilo, nakhe iingcingo phakathi kwenu, naya kufundisa, “Ungafundisi *oku*. Uzuko kuThixo! Haleluya! *Ngale ndlela*,” kwaye uxhuma-xhume uze uthethe ngeelwimi. Wathi, “Mbeke njengelungu; ulifumene.” Akabhaptizwanga kakuhle, kungengawo namanzi noMoya. Akalunganga, kwaye iziqhamo zakhe ziyibonakalisile. Unohlobo olungalunganga lwembewu ekhulayo. “Makasikelelwe uThixo, mzalwana, sizakubeka izandla kuwe apha, sikwenze umdala. Ndizakuxelela ukuba u—u... Sizakwakha lombutho apha de ube mkhulu kune Assemblies.” Leyo yindlela nje ehambe ngayo. Funda imbali yabakwaMoya uze ubone ukuba oko akunjalo, okanye nayaphina eyebandla. IBhaptizi ifuna ukugqitha amaWisile. AmaWisile afuna ukogqitha amaLutere. AmaLutere afuna ukugqitha amaKatolika. Wonke umntu ufuna ukogqitha, ukugqitha omnye umntu. Yabona? Lowo ngu—lowo ngumoya wombutho.

⁹³ UYesu wathi, “Kodwa bambalwa phaya abaya kusindiswa. Lithe ngqo isango, kwaye imxinwa indlela, kwaye kodwa bambalwa abayakulifumana.” Nje abambalwa! Ukuba Wathi “bambalwa,” elo liLizwi likaThixo, laMbewu, bayakubambalwa. Akuyi kuba ngamashumi eebhiliyoni neebhiliyoni. Iyakuba nje ngabambalwa abayakulifumana Lona. Abo banyulelwa Lona, bayaLiva.

Imvula yangaphambili iphumile ngoku.

⁹⁴ Ngoku, uYehova wayenomtshakazi Awayemthanda, kodwa uhambe ehula (Yintoni ayenzayo?) emva kwa—kwamanye amandla ehlabathi.

⁹⁵ Kwaye Wenze ntoni nalo unobuthixo, mdala, uthanjisiweyo umprofeti? Ntoleyo, iLizwi leNkosi liza kumprofeti. Weza. La mprofeti mdala, uSamuweli, waya kuye. Wathi, “Bantwana, hlanganiselanani kum umzuzu. Ndifuna ukuthetha nani, nonke kuni. Nimfunela ntoni ukumkani? UYehova nguKumkani wenu.”

⁹⁶ Nilufunela ntoni uvumo kholo? IBhayibhile luvumo lwenu lokholo. IBhayibhile yiNyaniso. Imvumo nkolo bubuxoki. Nifile, into eyenziwe ngumntu.

⁹⁷ “Uvumo kholo lwaba ‘Postile,’ ndibonise oko eBhayibhileni. Ngubani owakha weva into enjalo, “Ndiyakholelwa kuqhagamshelwano lwabangcwele”? Nabani uyakholelwa kuqhagamshelwano lwabangcwele, ngumvumisi, ukuqhagamshelana nabafileyo. Mnye kuphela umxolelanisi phakathi koThixo nabantu, nguKristu; kwaye Akafanga, kodwa Uphila ngonaphakade, wavuka ekufeni. MaProtestanti kuginyeni oko, kunye nekhola ezisangqa, kwaye andiyazi

engenyane; kunye nazo zonke iikhatkizim zamabandla, yiginyeni ihle kanye ngendlela enye. Bayayithanda, ngokuqinisekileyo, njengehlabathi lonke.

⁹⁸ “Owu, niyazi, sasiqhele ukuba ngabakwamoya. Sama ezantsi ekoneni, netamborina esandleni sethu, kwaye sathandaza. Kwaye abafazi abame phaya, kunye neenwele zabo zijinga, kwaye bedumisa uThixo, kunye nezinto ezinjalo.”

⁹⁹ Owu, bethu, yinina! Nazi ngecono kunokwenza oko. Bayakuhleka ngqo ebusweni bakho, umKristu wenene oyakuyenza; ame phaya kunye nesixa seenwele eziphothiweyo phezulu *ngoluhlobo*, kunye nepani elikhulu lepeyinti eqatyweyo *ngolwahlobo*, kunye nelokhwe ekhangeleka njengethe nca. Kwaye ukuphumela ngaphandle ngolwahlobo, kwaye uzibize, phandle phaya, “ongcwele kaThixo”? Wazi ngecono kunoko. Ke nalo ihlabathi lazi ngecono kunoko. Usizi kuwe. Kungcono uhlalele kude ekoneni, akunakuvelisa okungcono kunoko. Andigxeki. Andikho secaleni kwisiqu sam. Ndinixelela iNyaniso, kwaye niyakukufumana kwintsuku ezizayo, oko. Kodwa inje ngokuba isoloko injalo. Iyakusoloko igqithela ngaphaya, ngoko abayi kuyibona de ibe kude kakhulu. Bayenzile ngamaxesha onke. Bagqibile bayenzile.

¹⁰⁰ Umtshakazi kaYehova ufuno ukuhenyuzisa emva kwabantu, njengabantu bonke. Yilonto umtshakazi kaYesu afuno ukuyenza.

¹⁰¹ USamuweli omdala, lowo iLizwi leza kuye! Ngubani eliza kubo iLizwi? Umprofeti. Intoni? La mprofeti mdala wenyuka, wathi, “Ngoku nje umzuzu, bantwana. Yintoni eniyifunayo emva kwalanto?” Wathi, “Ndakha ndanixelela nantoni eGameni leNkosi, kungekuko okwenzekayo?” Niyayikhumbula lonto? Bangaphi abakhe bakufunda oko? Ngokuqinisekileyo, nenzile. “Ndakhe ndanixelela nantonina eGameni leNkosi, oko kwenzakayo? Enye into, ndikhe ndahamba, ndibamba imikhankaso emikhulu okanye njalo njalo, kwaye ndithathe yonke imali yenu kuni? Ndakhe ndayenza?” Wathi, “Ndakhe ndacela nantoni?” Ndithetha ngoSamuweli ngoku, ehe, umntu iLizwi leNkosi eleza kuye. Wathi, “Ndakhe ndanicela ukuba ni—ni—nibeke *kangaka*, nize nenze *oku-noku*?”

¹⁰² “Hayi.” Bathi, “Hayi, zange ukwenze oko. Zange usixelele nanye into kuphela oko kulungileyo.”

Yena wathi, “Ngoko kutheni nifuna ukulandela emva *kokuya*?”

¹⁰³ Bathi, “Samuweli, wena, wena uchanile kakhulu. Kodwa sifuna yona, nakanjani.”

Koko kanye ibandla lakwaMoya likwenzileyo.

¹⁰⁴ Seso sizathu ndingazibandakanyi nabo. Ngokuqinisekileyo. Ndifuna ukuhlala ndiyintombi phambi koThixo, kunye neLizwi Lakhe. Nokuba ba... Andinyanzelekanga

ukuba ndibe nemiboniso emikhulu njengoku. Ndiyalile. Andifunanga kuzibophelela. Ibingengobulumko bam; ibibubulumko bukaThixo. Ukuba bekufanele ndiphumile, ke ndinga...ndifanele ndicele uncedo jikelele ebantwini nakumtyholi, kwaye ndibaxelele, “Ewe, kufanele ndibe *nengako* ukwenzela upapasho kumabonwakude, kwaye kufanele ndibe *nengako* ukwenzela *oku*. Kufanele ukhulawulele oko,” Bendiya kufanele ndenze inzame ngolwahlobo, nam. Kodwa andizange ndanixelela nto eGameni leNkosi kuphela koko kwenzekayo. Andizange ndanixelela nto kuphela iLizwi. Gwebani, ngokwenu. Ndakhe ndanicela nto? Hayi, mhlekazi. Hayi. UThixo ubesoloko ekukhathalele oko. Andinazinkqubo zinkulu zokuba ndizixhase. Bendingenakubanayo nenye. Wonke ongokaThixo uyakuva uThixo. Nje ukuziva ukhokelelwa nguMoya apho mawuye khona nomawukwenze, kwaye enze oko, kuko konke oko okuyimfuneko. Gcina oko. Hayi inkqubo yokwenza imali eninzi enezigidi zeedola kuyo, izigidi nezigidi nezigidi, kwaye abanye babo ngoku bakha izigidi nezigidi zezigidi zeedola kuyo.

¹⁰⁵ A—andiva kakubi malunga nokugxeka. Ifanele igxekwe. Andifuni kuvisa buhlungu mvakalelo zamntu. Kodwa kungcono ndivise ubuhlungu iimvakalelo zomntu, kunokuba ndivise ubuhlungu imvakalelo kaThixo. Ukuba Ukuthumile kwaye ukuthumele apha, yenza ezi zinto, kwaye uzingqine phakathi kwabantu, ngoko kufanele uve Lona. Ndinixelela iNyaniso. UThixo uyangqina ukuba yiNyaniso. Kuphela nge...Hayi kuphela imiqondiso Yakhe, kodwa Uyayingqina ngeLizwi Lakhe, yiNyaniso. Injalo ngqo lonto.

¹⁰⁶ Ke umtshakazi kaYehova wahamba ehenyuza. Kwaye wenza ntoni? Wazisa igquba labangekho ngokwasesikweni kwakhona. Ingaba injalo lonto? Siyazi ukuba yiNyaniso. Kwade kwafanela ukuba athatyathwe amkiswe nguKumkani uNebhukadenetsare, nanjalo njalo.

¹⁰⁷ Umtshakazi kaKristu wenza kwa into enye. Yintoni ingxaki? Akakwazi kulinda. Owu, hayi. Huh-uh. Nje akakwazi kulinda. Bafanele benze into ethile. Abakwazi kulindela kuMoya oyiNgewele ukuba aze angene eBandleni. Yabona, kufanela bafumane okungaphezulu ehlelweni labo.

¹⁰⁸ Ukuba ibinokuhlala ngendlela ebingayo emva ngaphaya, iminyaka elikhulu eyagqithayo okanye amashumi amahlanu eminyaka eyagqithayo, xa eyakwamoya yaqalisayo apha kulo mhla wangasemva, xa iLizwi laqaliswa ukushunyayelwa; ukuba ibinokuhlala ngolwahlobo, mhlawumbi ebengenakuba nokungaphaya kwamashumi amahlanu amalungu, namhlanje. Injalo lonto. Kodwa bebeya kuhlanjwa ngeGazi. Bebeya kubanaMandla kaThixo kubo. Ihlabathi beliyakungcangcazela phantsi kwegalelo lakhe elikhulukazi leLizwi, inyama, lithethwa, iLizwi ngeLizwi.

109 Kodwa, namhlanje, kutheni, yinkcenkce ekhenkcezayo nexina ehlokomayo. Injalo lonto. Nje iba yimfitshimfitshi, intlekisa, ihlazo ehlabathini, ihlazo kuThixo.

110 Ndaya endaweni, abazalwana abathathu. Abazalwana ababini kunye nam saya kwindawo ngaphaya ukusuka eSpringfield, eMissouri, ngenye intsasa ukuya kutya isidlo sakusasa, sisuka e-Arizona. Kwaye inenekazi elincinci phaya awathi uMzalwana Wood watsala umdla wam kulo, elalikhangeleka njengoDade wethu uCollins; gwangqa, imfumba yeenwele ngasemva. Kwaye wathi, “Akakhangeleki lowa njengomfazi kaMzalwana Wilbur Collins?”

111 Ndathi, “Injalo.” Naku kusiza inenekazi elidala. Ndathi, “Ndiyacinga ukuba lowa ngunina. Jonga kwimfumba yeenwele.” Ndathi, “Kulungile okuya apha kwibandla le-Assembly of God, undlunkulu we Assembly of God. Kulapho . . . isizathu benjalo.”

112 Kwaye inqwaba yoodade abancinci behleli khona phaya kunye neenwele ezivuzayo, phandle enjeya *ngolwahlobo*. Abo yayingabafundi. Uxengaxengayo omncinci kunye nabo bonke phandle phaya, uyazi, beqhubekaka. Bonke befake iiBhayibhile phantsi kwamakhwapha abo. Ke sababukela de bonke baphuma, begigitheka, behleka, beqhubekaka, njengabalemihla. Eso—eso sisivuno sakwaMoya esizela ingomso, ukuba likhona. Kutheni? Kutheni? Kutheni? Ngokuba leyo yimbewu ebihlwayelwe. Injalo ngqo.

113 Xa waphumayo, bonke baphuma, eli nenekazi lincinci leza lajikela, lathi, “Ikhona into enifuna ndinenzele yona?”

Ndathi, “Ndingathanda ukukubuza umbuzo.”

“Ewe, mhlekazi.”

114 Ndathi, njengomhambi. Ndacinga kusenokwenzeka ukuba uyasazi. Kwaye ndathi, “Ingaba ayisosikolo seBhayibhile ngaphaya?”

Wathi, “Ewe, mhlekazi, siso.”

115 Ndathi, “Ndiyacinga nifumana urhwebo oluninzi olusuka phaya.” Ngoku, lowo yayinguMzalwana uFred Sothmann ehleli phandle phaya, kunye noMzalwana uBanks Wood phaya, ababini bamathenjwa ebandla. Kwaye ndathi . . .

Wathi, “Ewe, yiyo.”

Ndathi, “Ndiyacinga ungowaphaya?”

Wathi, “Hayi.” Wathi, “Ndicela uxolo. Andingowaphaya.”

116 Ndaza ndathi, “Isizathu sokuba ndicinge oko kuba zeziya zintle, zinde iinwele onazo. Ndiyacinga lowa ngumama wakho?”

117 Wathi, “Hayi, mhlekazi.” Wathi, “Usebenza nje apha.” Wathi, “Hayi, andi . . .” Wathi, “Ndiyazithanda iinwele

ezinde. Ndinentombi encinci. Ndimenze ukuba abe nenweele ezinde, nayo.” Kwaye wathi, “Umyeni wam uyazithanda iinwele ezinde.”

¹¹⁸ Ndathi, “UTHixo amsikelele.” Kwaye ke wathi, kulungile, wathi...Ndathi, “Kulungile, ayiqhelekanga. Ingaba bona bebengabafundi apha, wona amantombazana enenwele ezityhalelwe ngaphandle zichetyiwe ngolwa hlobo, njengenekazi lokuqala?”

“Ehe.” Xa sasihamba...

Ndathi, “Enkosi.”

¹¹⁹ Saphuma semka. Ndathi, “UTHixo ubeke lamfazi phaya esenzela isohlwayo kwelagquba labantwana abazelwe ngobugqakhwe ngaphaya kwelecala lesitrato.” Injalo lonto.

¹²⁰ Ngokungekho sesikweni, emva kwezinto zehlabathi! Bangaphi abafazi emva koJezebhele, inenekazi lokuqala lelalizwe, bangaphi kubo ocinga baseZulwini, ngobubusuku, namhlanje? Yabona? Yabona? Izinto zehlabathi! “Ukuba uthanda ihlabathi okanye izinto zehlabathi, uthando lukaThixo alukho nakuwe.” Nako ke apho ukhona. Yintoni leyo? Ucwambu lwesivuno sangomso, kwaMoya, eyona ntshukumo inkulu esizweni. Nako ke apho ukhona. Lowo ngumtshakazi. Andiyifumani. Kulungile.

¹²¹ Yintoni ezama ukuyenza? Owu, wenza ukuxhuma okuncinci eqongeni. Andenzi ntlekisa ngalonto; ilungile yonke. Yenza enye into. Kutheni? Ukuze ifumane amalungu ecaweni. Yintoni ingxaki? Ayinakho nje ukulinda. Yabona? Ayinakulindela kuThixo ukuba ayenze. Bafanele bafumane amalungu phaya ndaweni ithile. Ke bayabaxelela, “Kufanele nenze lanto,” kwaye bemke baya kude. Yabona? Nantso imbewu, isiza. “Kufanele uyenze.” Ndi...

¹²² Ndiyimishinari. Ndiwabonile ama-Afrika ethabatha igazi lesilwanyana baze bazigalele ngalo, *ngoluhlobo*, beze, amadoda nabafazi. Beziqabile ebusweni. Kulapho ivela khona. Iziqabi buso zisuka kwimikhwa yabahedeni; asiyoyethu thina bantu, amaKristu, amakholwa, ayizange. Yayinge...Umfazi omnye, kwiBhayibhile yonke, owakhe waziqaba, yayinguJezebhele, idemoni. Ke ngoko wa...Baqaba isiqabi ebusweni babo. Ezinkulu ezinde izinto ezindlebeni zabo, njengeziqobo zomthi, amaZulu. Sisiqobo somthi, senze inyama yendlebe ijinge ukubheka ezantsi *phaya*. Ngamanye amaxesha bacande imilebe yabo, baze bayikhuphele ngaphandle kakhulu. Bacinga ukuba ikhangeleka intle. Bafake, ngaphezulu kwamabele abo nasezantsi ukujikeleza imilenze yabo kunye nezinto, igazi, emva koko bathabathe baze benze imigca enjengeqwarha. Bakhwaze, badanise bekumoya, baze bathethe ngeelwimi, baze banqule iidemoni. Ubungqina bukaMoya oyiNgcwele?

123 Bendikhona phaya e-Indiya xa babenabahambi mlilweni, kwaye yonke into engenye, kwaye besazi ukuba yinyaniso. Isithixo esikhulu kakhulu phaya kunye namatye anqabileyo ezindlebeni, bewenza amajikazi, kunye nezinto ezinjalo. Kwaye bazicente, baze bahlohle izinto enyameni yabo, kwaye—kwaye bazibethe. Kwaye bathunge imilebe yabo ukuba baxokile, kwaye benze intlambululo. Baze bahambise isabile emilebeni yabo *apha*, okanye ngesilevu, inyuke iphume ngempumlo zabo, ize ivele ngaphandle *ngolwahlobo*. Bathatha amagwegwe amakhulu okubamba intlanzi, aneebhola ezinje ngezomthi weKrisimesi kuwo, bawazalise ngamanzi, aze arhityele amawaka awo emizimbeni yabo, ukugqobhozela iphumela enyameni. Baze baye ngaphaya baze badanise bejikeleza esisithixo, ngolwahlobo, baze babulale ibhokhwe kwaye benze unqulo ngoluhlobo. Kwaye bahambe phezu komlilo oshushu, ngaphandle kokutsha. Abanye benu bakwaMoya bayayizama.

124 Kodwa yayenziwe, abantwana bamaHebhere, kodwa zange bayilinga iNkosi uThixo wakho. Babephoselwe nje kuwo. Zange bazame ukwenza into ethile.

125 Yilonto eyingxaki kunye nabakwaMoya namhlanje, benza into ethile. Abakwazi kulinda. Owu Thixo! Abakwazi nje ukulinda, ngoko benza ukrexexo. Amen. Umdiza, ukwenza into ethile, kwaye yintoni eyizisayo? Njengoko yenzayo kwityeli lokuqala, umtshakazi wokuqala ongazange akwazi kulinda.

126 Wazisa ukufa ngomntwana ozalwe engumgqakhwe, esingabantwana bakhe thina sonke. Kodwa uThixo weza esenyameni, ukuza kusinika olunye uZalo, ukuza kusibuyisela ekubeni ngoonyana neentombi zemvelo zikaThixo. Yabona? Nako apho ukhoyo. UBomi mbewu buka Eva zange benzeke. Ayizange iyenze. Kutheni? Wayixuba. Wayigcinela kude, endaweni yokuba u-Adam eze kuye amenze umtshakazi, xa ixesha elibekiweyo lifika. NjengoKristu eyakuba njalo, wayenokuza kwiqela. UKristu ebenokuza kwiBandla Lakhe. Wathembisa ukuyenza lonto.

127 UThixo wathembisa ukubandisa, kodwa kwakufanele balinde kude kube lixesha likaThixo.

128 Yilonto eyingxaki namhlanje. Abafuni kulinda ixesha likaThixo. Bafuna ukufumana enye into engenye. Kwaye ke umtyholi ufake ubulumko kanye phaya ukuba abanike bona, benze umbutho, babe bakhulu kunabanye bonke.

129 Ngoku niyabona kutheni ndichasene nawo? Ngokuqinisekileyo. Ndichasene nawo, ngayo yonke into ekum. Okoko nje iLizwi lisephaya, Liyakusoloko lichasene nayo. UThixo uchasene nayo. UThixo wathi Wayenjalo. Injalo lonto.

130 Nje ayikwazanga kulinda, ngoko imbewu ka-Eva zange yenzeke. Yaxutyaniswa nobuxoki bukaSathana,

othandekayo umtshakazi wakhe wangcoliseka. Kwaye ubenjalo nomtshakazi kaKristu. Umtshakazi, yintoni emenze wangcoliseka, umtshakazi ka-Adam, ngoku? Ngokuba zange ahlale neLizwi likaThixo. Injalo lonto?

¹³¹ Ndiyabuza. Ngoku, ukuba ayinjalo, sukuyitsho. Kodwa ukuba injalo, yitsho. Isizathu sokuba uThixo... Isizathu sokuba umtshakazi ka-Adam... Naso isithathu: Adam, Kristu, Thixo. Isizathu sokuba umtshakazi ka-Adam angazange azale kakuhle, uMntwana woBomi, kungokuba zange akholelwe iLizwi likaThixo. Ukuba oko kunjalo, yithini, "Amen." [IBandla lithi, "Amen."—Mhl.] Isizathu umfazi kaYehova awagxothwelwa sona, okanye umtshakazi Wakhe, kwakungokuba wala iLizwi likaThixo, umprofeti. Injalo lonto? ["Amen."] Isizathu agxothelwa sona umtshakazi kaKristu ngoqhawulo mtshato, sesokuba ulalile iLizwi likaThixo, njengoko wenzayo u-Eva, njengabo bonke benzayo. ["Amen."] Ngqo. Onke amahenyukazi, bonke abadyobhekileyo, abayeni babo abazange bafikelele kubo. Babesele bekhulelwe phambi kokuba abayeni babo bafike kubo. Owu Thixo, ukuba oko akungombono umbi! Cinga ngendoda esentsha isiza kumfazi, ize imfumane enembewu yenye indoda kuye. Enjani into! Yilonto uThixo ayenzileyo. Yilonto u-Adam ayenzileyo. Yilonto uKristu ayenzileyo. Owu! Ewe.

¹³² Zange ahlale neLizwi, waza wabangela u—umxutywa wemeko. Yilonto uSirayeli wayenzayo. Yabona kuphi apho akhoyo? Yilonto umtshakazi kaKristu wayenzayo. Yabona apho akhoyo? Kanye emva kunye nabo bonke.

¹³³ Umtshakazi kaKristu wakwaMoya wenze kwa into enye. Akanakuzisa abakamoya, aBantwana beLizwi, ngokuba ungxumxube yena buqu. Angayenza njani, xa engumxube yena buqu kunye namahlelo? Ugqibile ukuzibandakanya nawo, kunye nento yonke, nje into ekwanye njengoko benjalo. Phakathi kunye neQumrhu leeCawa, nayo yonke into, nje ukuxutywa njengabo bonke benzile. Angayenza njani? Akanakho.

¹³⁴ Ngoku, ndinokungaka endinokutsho, kwaye kufanele ndingxame koku. Ndi... Nganye kuzo ndifuna ukushumayela kuzo. Yabona? Ngoku qaphela.

¹³⁵ Umtshakazi wenyanyiso, haleluya, Uyakubakho. Kutheni? Wanyuliwe kwangaphambili. Akasokuze abe lihlelo, ngokuba Wenyuliwe kwangaphambili. Yabona? Akanaxhala malunga nahlelo lithile. Sele anyuliwe kwangaphambili ukuba athabathe indawo. Jonga. NjengoMariya...

¹³⁶ Ndifuna nikufumane oku ngoku, kwaye ningasileli. Ningaba nikulungele? Yithini, "Amen." [IBandla lithi, "Amen."—Mhl.]

¹³⁷ Xa uKristu esiza kuMntshakazi Wakhe, Yena umtshakazi uyakuba yintombi njengokuba wayenjalo uMariya. Ngokuba

uThixo akayikuzisa uKristu ngesibeleko sehenyukazi, kwaye Engayi kuzisa Mtshakazi. Akanakuzisa iLizwi Lakhe ngehenyukazi leLizwi Lakhe.

¹³⁸ Wona ngamazwi amabi kakhulu, kodwa yilonto iBhayibhile eyitshoyo. Nditsho oko Ikutshoyo. Ngoba, Iyi. . . Oku kufanelwe kuqondwe.

¹³⁹ Isiqinisekiso, uMtshakazi wenyaniso, njengoMariya, uyakuba nesibeleko sentombi soMtshakazi weLizwi, onguKristu. Xa uKristu, iLizwi, esiza kuMtshakazi, Yena umtshakazi uyakuba yinto enye njengokuba enjalo UKristu, intombi ngokweLizwi. Owu Thixo!

Ndiyathemba—ndiyathemba iyagqitha, Mzalwana Neville. Ndi. . .

¹⁴⁰ Yabona? Yabona? Ndiyathemba uyaqonda. Waye Eyintoni? ILizwi, iLizwi likaThixo. “Phezu kwesinxibo Sakhe WayeneGama libhaliwe, ‘ILizwi likaThixo.’” “Ekuqalekeni ebekhona uLizwi, kwaye uLizwi ebekuye uThixo, kwaye uLizwi ebenguThixo. Kwaye uLizwi, wenziwa inyama waza wahlala phakathi kwethu.” UnguThixo, kwaye uThixo liLizwi.

¹⁴¹ Kwaye xa uMtshakazi Wakhe esiza, Uyakuba yimveliso enye Ayiyo. Intombi! Ingaba uKristu ungowehlelo? Ingaba uYehova? Akunjalo nakuMtshakazi Wakhe. Uyinxalenye Yakhe. Akadingi mgaqo. Akasokuze abe nawo nomnye. Uyakuba yintombi egqibeleleyo. Njani? NgeLizwi. Amen. Uyakuvumelana naliphi iLizwi alitshoyo uThixo, ngo, “Amen! Amen!” Owu! “Makwenzeke kum ngokweLizwi Lakho. Amen!” Owu, bethu! Nako ke apho ukhoyo. Ukuvumelana neLizwi likaThixo.

¹⁴² Unesibeleko sentombi. Uyakuphuma kwintoni Yena? Isibeleko sentombi, iLizwi. Waphuma kwintoni uYesu? Isibeleko sentombi. Yabona?

¹⁴³ Xa u-Adam weza kumfazi wakhe, wayekhulelwe. Wayenze into ethile. Wayexutyiwe. Wayexubekile, umntwana, kwaye yafa. Kodwa xa uYosefu waya kumtshakazi wakhe, wayekhulelwe, kodwa enoBomi. Umfazi ka Adam, okanye umtshakazi ka Adam, xa u-Adam. . . Phambi kokuba bahlangane; nje ngoYosefu noMariya, nje ngoKristu neBandla ngoku. Aniyiboni? [IBandla lithi, “Amen.”—Mhl.] Yabona?

¹⁴⁴ Kwaye phambi kokuba bahlangane, u-Adam no-Eva, wayekhulelwe imbewu yokonakala esuka enyokeni. Kwaye xa u-Adam weza emfazini wakhe, wamfumana ekhulelwe ekufeni. Yabona? Ukufa! Njani? Ngokomoya nangenyama efile.

¹⁴⁵ Kodwa xa uYosefu, umntu, esiza kumfazi wakhe. . . Uzuko! Akakwazi nokumbamba. Wayekhulelwe uBomi, iLizwi likaThixo, inyama esibelekweni sakhe.

¹⁴⁶ Buyisa ela Lizwi lithethiweyo, buyisa ela Lizwi likaThixo elaye iliLizwi apha, lisiza ngesibeleko somntu. Amen.

Uyakuyenza uThixo, nakanjani. Wayithetha, kwaye ifanele ibenjalo. Amen. Lowo nguThixo wethu. Owu, oko kutyebile, bazalwana, ukuba unako ukuLicola, ungaLibetha.

¹⁴⁷ Kulapho wafumana khona, xa—xa u-Adam weza kumfazi wakhe, wayekhulelwe imbewu engalunganga. Xa uYo-. . . La mbewu yafa. UYosefu weza kowakhe, wayekhulelwe. Ngoku, yintoni eyabangela ukukhulelwa okwahlukeneyo? Ngokuba la mfazi ka-Adam wathandabuza iLizwi. Injalo lonto? Umfazi kaYosefu walikholelwa iLizwi. Umahluko.

¹⁴⁸ Ke, yintoni, ngoko? LiLizwi, owu, ela Lizwi lixabisekileyo. Lilo. Ihlabathi labunjwa ngeLizwi likaThixo. Haleluya! Nantso indawo yam, khona kanye phaya. Mawathi onke amahlelo kunye nento yonke ziwe, zenze oko ziza kwenza. Kwela Lizwi ndimile.

¹⁴⁹ Yilonto ndenze oko ndikwenzileyo. Yilonto ndiwathobile amahlelo. Bathi, “Kulungile, yena nje uyi. . . uchitha amabandla.” Batsho kwa into enye ngeNkosi yethu. Yabona? Bayayitsho ngalo lonke ixesha. Yabona?

¹⁵⁰ Ngoku, ngoku, Wamfumana. UKristu uza kumtshakazi Wakhe; Umfuna eyintoni? Into ekwanye. Kutheni? Xa waqala ukuphuma. . . Ngoku phulaphula. Andifuni nikuphose oku. Xa waqalisayo ukuphuma, wayeyintombi. Wayezakuba ngolungileyo. Waphuma ngqo waqhubeka, elabandla langaphambili, laliqhele ukuba lelimangalisayo. UThixo wamnika Yena umtshakazi, kwaye yintoni awayenzayo? Ukuba uyayazi imbali, ngo 606, wehla kanye phaya waza wazikhulelisa ngomgaqo weRoma, umbutho. Kwaye ukusuka apho, ukuqhubekeka, lowa mdala “umam’ uhenyukazi,” mdala eBhayibhileni, wazala amabandla, kwaye babengama “henyu,” ntoleyo ilihenyukazi. Abo ngamaProtestanti, ngokuba babenjalo, bonke, bezalwa yiyo, kwaye bonke elowo wathabatha eyakhe into, umbutho. Ngoku niyabona kutheni ndichasene nayo? Kulungile.

¹⁵¹ Ngoku, ukuzalwa kweLizwi kunguKristu, hayi ngokungcoliseke ngamahlelo. IBandla lokuqala, ingengomahlelo, nje iLizwi, kunye noMoya unkcenkceshela. Mzalwana, i. . . UThixo walibeka iLizwi phantsi ngokolahlobo, kwaye uMoya oyiNgcwele waLinkcenkceshela, kwaye nalo iBandla lihamba. Lazisa abantwana. Ngokuqinisekileyo.

¹⁵² Kodwa eli bandla alinakuyenza. Lilihlelo kakhulu. Yabona? Alinakuyenza. Liye lavumela ihlabathi laxubana kakhulu nalo. Jonga into abayenzileyo, ngoku. Ngoku intoni?

UThixo ulingqinele iLizwi Lakhe ngoMzimba Wakhe. Injalo lonto? [IBandla lithi, “Amen.”—Mhl.]

¹⁵³ Ngoko lahamba lihenyuza, njengomfazi ka-Adam wenzayo e-Eden, kunye nomfazi kaYehova wenzayo ngemihla kaSamuweli, owathabatha ukumkani. Waqhawula umtshato

noThixo, andiselwe kuye uMyeni kunye neLizwi Lakhe; kunye nomprofeti Wakhe, umjelo Wakhe kwiLizwi Lakhe; laza lahamba lihenyuza, njengezizwe zonke. Kwaye uThixo wamala. Into ekwanye Ayenzayo namhlanje. Isenzo esinye.

¹⁵⁴ Oonyana bomtshakazi benza ukrexezo, yabona, kunye no...uMtshakazi, uNyana kaThixo...uMtshakazi wakhe ophuma ePentekosti, enyulu kunye neLizwi, wahamba ehenyuza waza wenza nokrexezo njengomfazi ka-Adam wenzayo, njengomfazi kaYehova wenzayo. Kwaye nanku umfazi kaNyana, uhamba ehenyuza, wenza ukrexezo kunye nezithixo zaseRoma; ubuninzi, izithixo! Kwaye ngenxa yezithandwa zakhe, izithixo zaseRoma, wazama ukuthabatha ongowakhe uMyeni wamcakaca Yena wamenza isithathu, ukukholisa izithandwa zakhe. UThixo makabe nenceba kwi...Ngokuqinisekileyo, banamakhulu ezithixo; owu, ngokuqinisekileyo, u-Astarte, uthixo welanga, kunye—kunye noBaalim, uthixo welanga, nekumkanikazi yezulu, nayo yonke lento phaya. Ke, umtshakazi, ukwanelisa ezidume kakubi izithandwa zakhe.

¹⁵⁵ Akathethanga na ngaphaya kwiiNgoma zikaSolomon uThixo, kwaye waxela malunga nendlela umfazi Wakhe awayengoyonto ngayo koko ihenyukazi, kwaye ehleli evulekile lonke ixesha, kwaye ethabatha sonke isithandwa esizayo? Ndithetha phandle, kodwa yilonto iBhayibhile yayitshoyo. Yonke indoda efuna ukubaleka naye, inokubaleka naye.

¹⁵⁶ Yinto ekwanye ayenzileyo umtshakazi kaKristu. Wazivulela kubo bonke ubumdaka obudala, imikhwa yokungcola kwawo wonke umbutho abakhe banawo, besenza into ekwanye.

¹⁵⁷ Ndizakufumana ukugxekwa ngaLento. Ilungile yonke lonto. Ndizakusikelelwa ngenxa Yayo, ngokunjalo, ngokuba Iyakuba yiNyaniso. YiNyaniso kaThixo. Ngoba, Ufuna Ithethwe, kwaye naku I...Ndizama ngokungcono kwam ukuyitsho Yona. Yabona?

¹⁵⁸ Wazama ukukholisa izithandwa zakhe ezininzi. Ukwenza njalo, waxubanisa, wazama ukuxubanisa kunye nezithandwa zakhe, iLizwi likaThixo. Ngoko ibingenakusebenza, ngoko wathi, “Yichase Lonto,” kwaye wenza ilizwi elilelakhe. Ngoku ubanga ukuba liLizwi, ngokwakhe. Kodwa sukuvumela amaKatolika...okanye amaProtestanti abize amaKatolika, ngoba enza into ekwanye kwiqumrhu leecawa zabo, ukuhenyuza. Akumangalisi bebizwa amahenyu. Irhabaxa, ayinjalo? Ishukumise ufele lusuke emhlana wakho, kodwa kuthabatha oko ukuyenza, ukukuvusa ngamanye amaxesha. Injalo. Yilonto ngqo eyayenzayo. Yamshiya uYesu, uMyeni-Lizwi.

¹⁵⁹ Kwaye njengoSamuweli, bamshiya uSamuweli bathabatha uSawule. Bashiya umprofeti, othanjiswe ngeLizwi, baza bathabatha ukumkani kunye nentonga yobukhosi. Xa, ekugqibeleni ebeyakuza kuKumkani, intonga yobukhosi

kwiMillennium. Kodwa ngoku waliwe umtshakazi. Umkile waya kwiNtlanga ukuya kuzifunela uMtshakazi. Injalo lonto? [IBandla lithi, "Amen."—Mhl.] LiLizwi.

¹⁶⁰ Ngoku, yamshiya uYesu, iLizwi; uYesu, iLizwi; yaza yatshata enye indoda, ebizwa ngopope, kunye nemigaqo. Ngoku ayisenaYesu. Ino pope. Ngoku asina. . . AmaProtestanti akanaYesu. Inehlelo, into ekwanye, umfanekiso werhamncwa. Ke, ayinakukhupha uZalo-Lizwi kubantwana bayo, nakomnye kubo. Ulihenyu, ngokwakhe. IBhayibhile ithe wayenjalo. "Wayenendebe esandleni sakhe, kwaye wayenikeze ngemfundiso yakhe ebantwini, ntoleyo yayingamasikizi, ukungcola kombulo wakhe." Yintoni umbulo? Kukuphila ngokungacocekanga. Kwaye ngokwemfundiso yakhe ayinikezela ebantwini, kukungcola kombulo wakhe. "Kwaye ookumkani bomhlaba, nabo bonke, banxiliswa yiwayini yombulo wakhe." Injalo ngqo. Bajonge. Nkwenkwe, bayakukunqumla umqala, ngomzuzu, ngenxa yoko. Hayi kuphela amaKatolika, kodwa amaProtestanti.

¹⁶¹ Phulaphulani, nina maWisile. Ngubani owabulala uJoseph Smith? Ngoku dliselani. Nakubeni, ndingakholelwa kwimfundiso yakhe, andikholelwa nakweyenu. Ayikho phandle phaya; ilapha. Seso sizathu. UJoseph Smith wayanelungelo elingako lokushumayela inkolo yakhe apha kwesi sizwe, njengoko ninalo nani, kodwa nambulala phezulu apha e-Illinois. Namdubula, ngaphandleni kwesizathu, ngokuba wayenento ethile eyahlukileyo. Ngoko ningxola malunga necawa yobuKatolika. Phumani kwelagquba lemfithimfitshi, nina maWisile enanyulelwe kuBomi obunguNaphakade. UJohn Wesley uyakugquka engwabeni lakhe; nisenza ngolwa hlobo. Ngokuqinisekileyo, iyakuyenza. UJohn Wesley zange amise ibandla elinjalo elilolo hlobo. Igquba loo xengaxengayo noozidenge liyenzile emva kokufa kuka John, injalo lonto, hayi uJohn Wesley.

¹⁶² Hayi bona abadala abakuqala abakwamoya zange benze siphumo esifana nesi. Liqela elinye, emva koku kufa. Injalo lonto. UYesu Kristu ebengenakumisa into efana nesinayo ngoku, ebizwa Pentecost, naye uMoya oyiNgcwele. Kodwa yinto eniyifumana apha, endaweni.

¹⁶³ Kodwa uMoya oyiNgcwele yinto abangenakho ukuyibulala ngoku. Uzakuthabatha uMtshakazi, nakanjani. Amen. Uzakuwuthabatha Wona, nakanjani. Utshilo Uzakuyenza; umanyule Yena kwangaphambili.

¹⁶⁴ Yamshiya uYesu, uMyeni-Lizwi wakhe, yaza kutshata upope, ngoko ayinakuZala, uZalo lukamoya. Ingazala uzalo lobuhlelo, ngoku. Ineembewu ezininzi zoko. Ayinakuzala uZalo lokomoyo. Lona, ngokuba yayilihenyu, kuphela kwento enokunikeza bubomi bobuhlelo kunye nokuninzi kwengxolo.

165 Ibandla iKatolika, ngokwayo, yakhelwe phezu kwenkolelo ezimbalwa zobuKristu kunye—kunye nemfumba yobuRoma.

166 Kwaye ibandla lakwaMoya alilunganga nje nalo, igquba labaxhumayo, nabakhwazayo, nabathetha iilwimi, kunye nezinto ezinjalo. Xa lisihla, owaneleyo umsindo wokulwa ingxolo yesarha, baze bakugxothe kwirhamente yabo. Ukuba uThixo ungena ngaphakathi phaya aze avuse ofileyo, ukuba akuvumelani nabo, bayakukukhuphela ngaphandle ukuba akungowombutho wabo.

167 Ngoku, lo umdala “unina wehenyu,” ndibuyela kuye umzuzu. Ubanga amandla okuxolela izono. Kodwa, akugwetywa ngemizango zakho, akwaziwa ngamabango zakho. Waziwa ngemisebenzi yakho. Angasixolela njani isono? Khawumjonge.

168 Xa uYesu wenza into ekwanye, bathi...“Ndigwebeni Mna, Ndiboniseni apho Ndingalikholelwanga iLizwi.” Ubanga amandla okuxolela izono, kodwa oko kuza kuphela ngeLizwi. Injalo lonto. UThixo, yedwa, onokuxolela izono. Ingaba injalo lonto? [Ibandla lithi, “Amen.”—Mhl.] Abakutshongo na oko abaya baFarisi? Yayiyintoni ingqiqo, ingxaki negquba labamfamekileyo labahanahanisi? Kutheni? Ngokuba babengaboni ukuba elo yayiliLizwi limi kunye nabo. Yena uliLizwi. Uzuko kuThixo. Seso sizathu Wayenokuxolela izono. Waye enguThixo. Waye eliLizwi libonakalisiwe.

169 Ngoku ibandla lobuKatolika lithi uYesu walinika amandla. Wayenza; Unika iBandla amandla. Injalo lonto. Siyayikholwa lonto.

170 Zonke iintombi zayo ngamahenyu. Zonke iintombi zayo, iintombi zayo zamahlelo, ngamahenyu. “Mzalwana Branham, elo liLizwi elikhulu.” AsiloLizwi lam. LiLizwi Lakhe. Injalo ngqo. Asilolam. LeLakhe. Kulungile.

171 “Njani,” nithi, “banjani, babengamahenyu njani? Kulungile, bangabantu abalungileyo, *zibani-ka zibani.*”

172 Anditsho kwanto malunga noko. Anditsho oko bakuko. Anditsho ukuba iKatolika asingabantu abalungileyo, balunge njengaye nawuphi omnye umntu. Bangabantu, njengoko sinjalo nathi. Kodwa, xa isiza kulacawa indala, ayilunganga. IProtestanti ilunge ngokunjalo nayo. IWisile ilunge njengeBhaptizi okanye abakwaMoya, okanye nabani ongomnye. Zonke ziyafana.

173 Kodwa into yayo yile, kanjani ukuba ibe lihenyu? Kutheni? Yinike uvavanyo lweLizwi. Yilondlela oyakwazi ngayo. Uh-huh. Yivavanye eLizwini, kube kanye, uze ubone ukuba ithini. “Owu, kakade, sifundisiwe esikolweni sezakwalizwi ukuba—ukuba zona iintsuku azi...Iyi...Kwakuqhele ukuba ngalandlela, kodwa, huh, kwakukudala kakhulu ngemihla yabapostile. Oko kwakukokwabapostile, kuphela.” Nina nibizwa ibandla likaKristu, “Thethani apho iBhayibhile

ithetha khona, kwaye nithule...” Kulungile, ndingathanda ukuniva nithetha ngoku ukuthetha okuthile. Uh-huh. Uh-huh. Uh-huh. Hayi. Yithini cwaka. ILizwi likaThixo lithulisa yonke into, mzalwana. Akukho ndoda inokuqhayisa. Injalo lonto.

¹⁷⁴ Zonke intombi zayo ngamahenyu. Kanjani? Kwangendlela enye njengonina, ukwenza umbulo ngokwasemoyeni ngokuchasene neLizwi. Yilondlela ibandla lobuKatolika yaba lihenyukazi ngalo, yilondlela intombi zayo ziba ngamahenyu ngayo, into ekwanye, umbulo ngokwasemoyeni ngokuchasene neLizwi.

¹⁷⁵ Yona neentombi zayo banesibeleko sokuhenyuza. Kukufa kodwa okunokuphuma kubo. UThixo akanakuzisa ubomi ngokufa. Kwaye yonke into ezelwe ifile ayiphilanga. Kwaye inganakho i...NjengoYobhi wathi, “Ungakhupha into ecocekileyo kwinto engacocekanga? Hayi, nakanye.” Kulungile. Ingazala njani, ngokwayo, xa ifile, ngokwayo? Ingaba yintombi enyulu njani xa ilihenyukazi? Yabona? Nako apho ukhoyo. Yilonto yonke. Owu, bethu!

¹⁷⁶ Ngoku sizakubetha into ethile etyebe ngenene, izele zizondlo, ukusuka kwiGenesis ukuya kwiSityhilelo. Qwalasela.

¹⁷⁷ Kwaye yona neentombi zayo inesibeleko sokuhenyuza. Kukufa kodwa okunokuphuma kubo. Ukuba ufuna ukujoyina umbutho, ucinga ukuba ulungisile, uyabona apho ugaxeleka khona. Ugaxeleka kanye embindini wokufa. Kanye ngqo. Ukuba akukuboni oko ngoku, uyimfama ngokwasemoyeni. Yabona?

¹⁷⁸ Ngoku, masibuyele emva ngoku sichole kwakhona, size sihle ngenxa yokuthile. Niyakhumbula ukuba ibiyintoni inkonzo yeCawa ephelileyo? “Isango eliya emphefumleni.” Niyakhumbula? Ngoku, naso isibeleko sesiqu. Kukho isibeleko somoya. Nikholelwa yilonto? Kukho isibeleko sokomoya kunye nesibeleko sesiqu. Kwaye ingqondo sisibeleko esiya kumoya. Kutheni?

¹⁷⁹ Ngoku khumbulani. Ndinixelele kwiCawa egqithileyo, kwaye ndanizobela yona apha. Ezi zimvo zintlanu ezingenisa lembewu isuka ngaphandle; ukubona, ukungcamla, ukuchukumisa, ukujoja, ukuva. Ezintlanu ngaphakathi; ukuqonda, na—nanjalo njalo, ukusuka ngaphakathi kwisihlanu sangaphakathi. Ngoku, kwicala loBomi, kukho enye kuphela. Leyo, ukwimihlaba yokuzikhethela ngokwentando yakho, yokuba wamkele, ungenise ngaphakathi okanye ukhuphela ngaphandle. Yabona?

¹⁸⁰ Yilondlela ukrexezo. . . [Indawo engenanto eteyiphini—Mhl.] Umzuzu nje. [Indawo engenanto eteyiphini.]

¹⁸¹ Yilondlela ukrexezo lwenzeka ngayo, ngokomoya; xa wena, usazi ngcono, ngeLizwi likaThixo, ngonxulumano lwengqiqo, ukuthabatha ubuxoki bukamtyholi, ngokuchaseneyo neLizwi likaThixo.

182 Yilonto kanye u-Eva wayenzayo, ngonxulumano lokomoya, kuqala, oko kuza ngokukholelwa ubuxoki bukaSathana, kuye esibelekweni sengqiqo yakhe. Oko kwangcolisa umphefumlo wakhe, kwabeka ukufa emphefumlweni wakhe, emva koko isenzo sasenyameni senzeka.

183 Kwaye kuphela kwendlela umfazi angenza ukrexezo ngokuchasene nendoda yakhe, kukuqala ngokuvumela indoda ethile imthethise malunga noko, emva koko amkele enye indoda engeyiyo indoda yakhe. Ngoko wenze ukrexezo.

184 Kwaye xa umtshakazi kaYesu Kristu evumela ezenziwe ngabantu imvumo nkolo nemigaqo zithabathe indawo yeLizwi likaThixo, uyakrexeza. Akatshongo na uYesu, “Nabani osukuba ejonga umfazi... sele ekrexezile kunye naye entliziyweni yakhe; ukujonga kumfazi ukuba umkhanuke, selukrexezile kunye naye”? Kutheni? Iyivumela ukuba ingene engqondweni yayo. Eso sisibeleko esiqalisa ukwenza izinto zenzeke. USathana uyangena.

185 Sasihlwayelwe neLizwi. “Ngenye imini, Ndiyakuzisa uBomi emhlabeni ndize ndiwuza—ndiwuzalise umhlaba.” Oko u-Eva wahlulekayo ukukwenza, uMariya wakwenza. Wathabatha iLizwi. U-Eva wathabatha ubuxoki bukaSathana. UMariya wathabatha iLizwi likaThixo. Kwaye ngeMbewu kaMariya, uyawuzalisa umhlaba kwakhona, ngoMtshakazi Wakhe, ngeLizwi, kwaye uyakuzisa iMillennium. Ngako oko kuphuma iLizwi, kwaye iLizwi lityaliwe kuyo yonke intliziyo eyanyulwa kwangaphambili. Kwaye uMoya uyehla uLinkcenkceshele, kwaye abanakufa. “Ndiyakumvusa kwakhona ngemihla yokugqibela.” Owu, mzalwana, dade, oko yi—oko yinene.

186 Yintoni? Ingqondo sisibeleko somoya, (Intoni?) ukungenisa ngaphakathi okanye ukukhuphela ngaphandle. Yilondlela benza ngayo ukrexezo, kukuthabatha, ukuvumela uSathana othile, umoya wedemoni ubeke kubo into echasene neLizwi likaThixo. Ngoko wenze ukrexezo.

187 U-Eva wamkela...Phulaphula koku. Imbewu-Lizwi engalunganga, ubuxoki bukaSathana ngokuchasene neLizwi likaYehova, iziphumo yaba kukufa.

188 Ngoku, sizakuwuyeka lomxholo, kwimizuzu embalwa. Kodwa ndifuna ukuyiqandula kakuhle kakhulu ngaphambi kokuba ibheke ezantsi, indawo endifanele ukuma kuyo. Ndizakutsiba iphepha apha, malunga nangoku, umzuzu.

189 Ngoku jonga. U-Eva, yintoni—yintoni awayenzayo? Wamkela imbewu engalunganga. Wayenza njani? Ngokukholelwa ubuxoki bukaSathana. Bangaphi abathi oko kunjalo? [IBandla lithi, “Amen.”—Mhl.] Kutheni, ngokuqinisekileyo, injalo. Ngokuqinisekileyo. Wamkela ubuxoki bukaSathana. Wazisa ntoni, ngokuyenza lonto?

USathana wathi, “Uyazi, oku kuyamangalisa. Lena yinto emangalisayo. Uyayazi ukuba wawenzelwe lonto? Kutheni, wawenzelwa lenjongo kakade.”

“Owu, ndandenzelwe yona?”

¹⁹⁰ “Owu, intle elisweni. Ilungile. Ufanele. Ufanele uyizame.”

¹⁹¹ “Kodwa iNkosi uThixo yathi, ‘Hayi—hayi—hayi leya, hayi ngoku.’ Linda, linda umzuzu. Hayi. Hayi.”

“Kodwa, uyazi. . .”

“Owu, ukuba siyenza, siyaku. . .”

“Owu, ngokuqinisekileyo anisayi kufa.”

¹⁹² Ela lwimi-liqhophololo likamtyholi. Akanampuphu kunye nomsila-folokhwe, hayi, njengoko bebeyakuzama bakwenze ukholelwe njalo. Uliqhophololo emva kwepulpiti. Injalo. Uh-huh. Okanye, othile omncinci uxengaxengayo eneenwele zakhe zikanywe zehla njengedada, lihleli ngomhlana walo phandle phaya, ukuvisa ubuhlungu intombi yomama othile, lowo ngumfo oza emhle kancinci-nje kancinci. . .Owu, ndiyakuyiyeka lonto.

¹⁹³ Ngoku, isibeleko, U-Eva wamkela imbewu-lizwi engalunganga. Ngoku phulaphulisisa ngoku. Sizakuyiqhuba ihle kanye ibheke ezantsi, ukuba iNkosi ithandile. Wamkela ilizwi elingalunganga. Lenza ntoni? Yayibubuxoki bukaSathana, wathi, “Uyakuba ngolumkileyo.”

¹⁹⁴ “Kulungile, angaba ngowecawa enkulu. Ebeyakuba ngocingelwa kakuhle esixekweni. Kutheni, ebeyakuba njengabantu bonke.” Huh! Ngokuqinisekileyo. Yilonto ngqo umtshakazi kaYehova awayikholelwayo. Yilonto ngqo.

¹⁹⁵ Yilonto ngqo uSathana ebeya kuyizama ukuyitsho xa iLizwi leza kuMariya. Kodwa wamvuthululela kude.

Wathi, “Ingenzeke kanjani lento?”

¹⁹⁶ Wathi, “UMoya oyiNgcwele uyakukusibekela. LiLizwi likaThixo.”

¹⁹⁷ Wathi, “Makwenzeke kum ngokweLizwi Lakho.” Oko kwazisa uBomi. Nako ke apho ukhoyo.

¹⁹⁸ “Kulungile, uyazi,” USathana wathi, “bayakukuhleka bonke.” Lowa zidlele-zibomvu wentombi encinci zange ahoye kwanto kokuya.

¹⁹⁹ Ngqo ukunyuka ukuya kwaYuda. “Uyazi, ndizakuba noMntwana,” ngaphambi kokuba ave kwanto, ngokuba iLizwi laliselihleli phaya. Kwakuphele apho. Zange kufuneke aye kungca wokuthandazelwa, okwesibini, uyazi. Hayi, hayi. Hayi, mhlekazi. Hayi, mhlekazi. Wayikholelwa. Wayengenalo kwanaphawu lobomi. Wayengazange abe nampawu zokukhulelwa, konke konke. Zange ave nto. Njengoko. . .Yonke into yayinjengokuba yayinjalo. Kodwa

wahamba, exelela wonke umntu, “Ndizakuba noMntwana.” Kutheni? “Wayetshilo uThixo.” Yintoni leyo? IMbewu yasebukhosini ka Abraham.

“Uzakuba nomntwana, Abraham, ngala mfazi?”

“Utshilo uThixo.”

“Kulungile, undixelele oko, kwiminyaka engamashumi amabini anesihlanu egqithileyo.”

“Ndiyazi, kodwa utshilo uThixo.”

²⁰⁰ Yilonto. Nako ke apho ukhoyo. Yinto ekwanye. Uthini namhlanje?

“Kulungile, uyazi ihlelo liyakukhabela ngaphandle.”

“Kodwa utshilo uThixo. Utshilo uThixo.”

“Kulungile, uyazi, ukuba ubhaptizelwa ngolwahlobo . . .”

²⁰¹ “Kulungile, utshilo uThixo.” Yilonto. Yilonto. Nantso intombi yakho. Nanko. Hayi kuphela elubhaptizweni, kodwa yonke enye into, iLizwi lonke. Yabona?

²⁰² Ke, intoni? Oku kwakumacala, enyameni nasemoyeni, ngo Eva. Kuqala, kunye nangeliphi ixesha.

²⁰³ Ndinixelele, kwaye ndanicela, ngalentsasa, bodade, ukuba nindixolele, ukuze ndikukhankanye okuya. Ngalo lonke ixesha umfazi ethabatha inyathelo elingalunganga . . . Ndithetha malunga noKristu kunye noMtshakazi ngoku.

²⁰⁴ Kodwa ngalo lonke ixesha umfazi ethabatha inyathelo elingalunganga, kufanele aqale ayamkele engqondweni yakhe. Injalo. Elinye iqhophololo kufanele limcenge, kwaye aphulaphule kuyo ngokuchasene nembono yakhe engcono, emva koko isenzo siyenzeka.

²⁰⁵ Ke, kuqala, iyabetha, uSathana wabetha ingqondo ka Eva. Kwaye esibelekweni sengqondo yakhe, wathandabuza iLizwi likaThixo, emva koko kwaza isenzeko.

²⁰⁶ Kwaye kuphela kwendlela esinokuba nakho ukuzalwa ngokutsha, kuqala, esibelekweni sengqondo, samkele iLizwi, kuze emva koko uMoya uze phezu koKuya kwaye ukuzise Kona eBomini. Nako apho ukhoyo. Yilonto eyenzayo. Leyo yimfundiso yenene yeVangeli, mzalwana. Ndiyakholwa, ukuba uPawulos oNgcwele ebemile, namhlanje, ebeya kufundisa kwa into enye endiyenzayo, kule yure. Kulungile.

²⁰⁷ Yayiyintoni iziphumo kunye—kunye naye? Ukufa enyameni nasemoyeni.

²⁰⁸ Yintoni iziphumo zabo abamkela enye indlela? Iya kulomdlalo namhlanje abanawo, ukufa kokubini enyameni nasemoyeni. Kokubini umzimba nomoya ziyakutshatyalaliswa, zingabikho. Injalo kanye ngqo.

²⁰⁹ Qwalasela, isibeleko sikaMariya. Isibeleko sikaMariya, ingqiqo yenyama, yabona, yayisisibeleko sentombi. Kutheni?

Wakholelwa iLizwi likaThixo. Akukhathaliseki nokuba nabani wayegxeka kangakanani, zingaphi izinto umntu othile azithethileyo, zange ibe nanto yakwenza kunye nayo. Wakholelwa iLizwi likaThixo, nokuba kutheni. Owu, ndinga ndingakugqithisa okuya. Niyayifumana? [IBandla lithi, “Amen.”—Mhl.] Yabona? Yabona? Kuqala yayiyiqondo yakhe. Phambi kokuba isenzeko senzeka kwisibeleko sakhe senyama, isenzo kwafuneka senzeke *apha*, kuqala, ukuvumela uMoya uze ukuze ugqibezele umsebenzi. Owu, bethu!

²¹⁰ Uzuko! Phambi kondoko, uZalo lomoya lwenzeke, iLizwi kufuneka Lizifumane engqondweni yakho, likholelwe Lona. “Lowo uthi aweve aMazwi aM, kwaye akholwe kuLowo waNdithumayo, unoBomi obuNgunaphakade, kwaye akasayi kuza eMgwebeni, kodwa u... okanye kwixesha leMbandezelo, kodwa udlulile ekufeni wangena eBomini.” Yilonto. Owu, bethu!

²¹¹ Ngoku qwalasela. Isibeleko sentombi, ingqondo yakhe; ingqondo yentombi, ukukholelwa iLizwi likaThixo.

²¹² Uthi, “Ngoku jonga apha. Owu, uthi, Mzalwana uBranham, ayinakuba yila ndlela. Ayinakwenzeka. UJohn Wesley wayenokuyibona. *UZibani-kazibani* wayenokuyibona.” Huh!

²¹³ Ngokuqinisekileyo, umtyholi wayenokutsho kwa into enye kuMariya. “Ungubani wena? Kutheni, unguyena uhlwempuzekileyo wesixeko. Akuyonto kuphela oselula, ishumi elinesithandathu iminyaka ubudala, ishumi elinesibhozo, ezantsi apha esikha amanzi ale mpompo. Uyihlo, ufile; umana wakho, umfazi omdala oyimfama ezantsi phaya. Kungathini ehlabathini wakhe... Kanjani?” UHana wayengumama wakhe, siyaxelelwa. “Njani kwihlabathi wena ube ungenza lonto?”

²¹⁴ “Phulaphula, umama wam omdala ngumfazi oyimfama, kodwa ungonobuthixo umfazi. Ngemilebe yakhe, utyale imbewu entliziyweni yam. Ndiyifunde iphuma eLizwini likaThixo, okokuba uThixo utshilo, ku Isaya 9:6, ‘Intombi iyakumitha.’”

²¹⁵ Haleluya! Niyayibona? ILizwi lithabatha inyama. Nako apho ukhoyo. UThixo uzakuba neBandla. Lizakuzalwa ngeLizwi likaThixo, gokuba LiLizwi eliphilayo likaThixo. Niyayibona?

²¹⁶ “Niyazi njani? Kutheni, iza... Uyazi ozakubizwa ngako, ukusuka ngoku? Uzakubizwa...”

²¹⁷ “Andikhathali nokuba ndibizwa ntoni. Lonto ayinanto malunga nayo. Makwenzeke kum ngokweLizwi leNkosi.” Owu, angatsho na wonke umntu namhlanje? Owu, ukuba—ukuba abantu banakho ngenene, ukusuka entliziyweni yakho, sonke kuthi singatsho oko, yabona, “Makwenzeke kum ngokweLizwi Lakho, Nkosi.” Bethu! Bhekiselele kuyo ngenene. Omnye okanye ababini, okanye ndaweni ithile phaya, Izakuchola abathile abonyulwa kwangaphambili abathetha lonto ngenene.

Kwaye, mzalwana, uzakubona iintlantsi zibhabha kanye ngoko. Injalo lonto. Xa ngenene ufumene okuya phaya, ukuze uhlangabezane nokuya kuzayo, olwankcenkceshelo luyaqalisa ukuwela kwela Lizwi. Ewe, mhlekazi.

²¹⁸ Ngoku, yayiyintoni? Ingqondo yentombi, isibeleko, isibeleko sentombi senzelve usana. Iziphumo? UBomi obuNgunaphakade.

²¹⁹ U-Eva, umfazi olungileyo njengoko wayenjalo . . . njengoko waye, intombi njengoko wayenjalo, kodwa kuqala wavumela intandabuzo ingene, ngelizwi, ubuxoki bedemoni. Yenza ntoni? Yamzisa ekuhlanganeni nendlela engalunganga. Waba yintoni umntwana wakhe? Ukufa.

²²⁰ UMariya, ingqondo yentombi, isibeleko sentombi. Xa umtyholi wazama ukumhenda, kwaye waza . . . Kwaye iNgelosi yeza kuye emva koko yathi, “Uzakuba nosana.”

USathana wathi, “Ngoku, aha, kungcono ubuzise malunga Noko.”

Ingelosi yathi, “Sisenzo sikaThixo.”

²²¹ Kwaye ngaphandle kwentandabuzo wacinga ngo Isaya 9:6. Wathi, “Nako umkhonzazana weNkosi.” Yintoni iziphumo? Uzalo lwentombi, iLizwi elinguNaphakade kuye, kwaye wazisa uBomi obuNgunaphakade. Kulungile.

²²² Umtshakazi kaYehova uxutyiwe, umtshakazi kaYehova waxubanisa imbewu. “Uyitsho njani ngoku, Mzalwana Branham? Ngale ntsasa, uthe, ‘umtshakazi kaYehova ukrexezile.’” Andisayi kuyishiya.

²²³ Ngoku masiqaphele ngokuzondelela kakhulu ngoku. Ngoku sinenye iyure, ndiyaqikelela. Ndinezinye ngapha, ndizakufuneka nje ndiyitsibe ezinye, emva koko ndiqalise ukufunda nje kwimizuzu embalwa, yabona, kwaye ndifunde nje ngokukhawuleza kangangoko ndinakho, ukuze ndiyikhuphe. Ngoku, enye iyure, ndiyakholwa siyakuba singaphandle, ukuba ninokundinyamezela kwaye nithandaze nam. Yabona?

²²⁴ Ngoku, kuphi apho umtshakazi kaYehova wakhe wenza ngokungalunganga? Kulungile. UYehova wathumela ntoni ezantsi kumtshakazi Wakhe eYiphutha? Wathembisa u-Abraham ukuba umtshakazi Wakhe, imbewu, iyakuphambukela eYiphutha amakhulu amane eminyaka. Injalo? [IBandla lithi, “Amen.”—Mhl.] Ixesha liyeza ukuba iLizwi lizaliseke.

²²⁵ Singaba silixesha lokuzaliseka kweLizwi? [IBandla lithi, “Amen.”—Mhl.] Ngokuqinisekileyo. Ukuhlangukwa, ukuthatyathwa. Kulungile.

²²⁶ Balifumana njani iLizwi? Ingaba benza umbutho, igquba lamadoda lihlanganisene, kunye nabapristi, baze bathi, “Ngoku, bazalwana, sizakuba ne—nevoti apha. Kwaye yenziwe,

ngokumanyeneyo, okokuba sizakuba nombutho obizwa aba 'Farisi', kwaye, ngayo lonto, uThixo uzakusebenza"? UThixo akazange enze into enjeya, zange ayenze.

²²⁷ Wabathumela ntoni Yena? UMprofeti. "Kwaye iLizwi leNkosi leza kumprofeti." Wamvusa kanye phakathi kwabo, umprofeti. Kwaye wamthambisa waze wamngqinela, kanye phakathi kwawo wonke amanye amademoni esebenza, ngemimangaliso kunye nayo yonke enye into engenye, ngokuba uMoses wahlala neLizwi.

²²⁸ Wachola ela gquba labantu; indibandiba yaqala ngabo. Xa bawelelayo, ngakwicala lomhlaba wesithembiso, ngaphambi kokuba bafike phaya, umtshakazi Wakhe oxabisekileyo wakrexeza kunye noMowabhi. Ndixelele ukuba zange ayenze lonto, ngoku. Wayenza njani? Umprofeti oxokayo, ngokuchasene neLizwi likaThixo. Noko, wayenayo yonke imiqondiso, nako konke okulisiko, wayengokumoya njengoMoses, okanye nje ngokufanelekileyo.

²²⁹ Jonga. Phulaphula. Phulaphulisisa ngoku. Naku ehleli uSirayeli emiqubeni, ongelohlelo. Injalo. Yayiyintoni? Babethambise umprofeti kunye nabo. BabeneNtsika yoMlilo. Iitye ekwaphuma kuwo amanzi, ukubaseza. Babesenza kakuhle. Kwaye intoni? Babenezibingelelo ezisixhenxe. Igqibelele lonto. Kuzo izibingelelo kwabekwa izilwanyana ezisixhenxe ezihlambulukileyo, iinkunzi zeegusha. Kwaye iinkunzi yegusha yamela uKuza kukaKristu.

²³⁰ UMowabhi. Kwenzeka ntoni xa uBhileham wehlayo phaya? Wakha izibingelelo ezisixhenxe kanye ngqo ngokufanayo nababenako. Sukuthetha kubo, ngokongqondongqondo, ngoba kungcono wazi malunga nothetha ngako.

²³¹ UYesu wathi, "Iphantse ilahlekise nabaNyuliweyo." Ngokomoya, ityhiliwe. NiyaYifumana, ngoko LiLizwi, niyalibona iLizwi libonakalisiwe.

²³² Jonga. *Apha* babephuzulu phaya; *apha* yayinguMowabhi. Ukuhlala kwakhe... Akukho ntandabuzo kodwa wayengubhishop, ngokuqinisekileyo, umfo omkhulo. Kwaye wakha izibingelelo ezisixhenxe. Wabeka iinkunzi zeegusha ezisixhenxe kuzo, ethetha ukuba uyakholelwa kwakukho uMesiya ozaya. Mzalwana, ukuba baza kongqondongqondo, uThixo kwafananela abathathele ingqalelo bobanini.

²³³ Xa uKayin wakhela iNkosi isibingelelo, unyana kaSathana wakhela iNkosi isibingelelo, wakha into ekwanye yesibingelelo awasakhaya u-Abheli. Bobabini banqula. Bobabini baya ebandleni. Bobabini bahlala amatyala abo. Bobani bazimisela. Bawa phantsi banqula uThixo omnye. Kwaye omnye wamkelwa, waze omnye walahleka.

Yenzeka njani? UYesu wathi, "Phezu kweli litye Ndiyakulakha iBandla Lam."

234 Ibandla lobuKatolika lithi, “Kukho ilitye phaya, iBandla lakhelwe kulo. Okanye i...Kwaye uPetros wayelilitye.” Kwaye ibandla lobuKatolika lithi uPetros ungcwatyelwe phaya. Bubuxoki obo, kodwa, ngendlela endinokubona ngayo. Ukusukela kwixesha abathi uPetros ungcwatyelwe phaya, iBhayibhile ithe wayengapha eYerusalem. Yabona? Zange abe sePal...khona ngaphaya. Kodwa, nakanjani, bathi wayephaya. Akukho kwa mbali ishicilelweyo kaPawulos awakhe waphaya, kodwa kwimbali. Kodwa bathi “uPetros,” ubengcwatyelwe phaya, ukuba wayenjalo. Mahluko mni ekwenzayo oko? Asiyiyo lonto uYesu wayethetha malunga nayo. Bona indlela abaphixanisa ngayo izinto eziphathekayo?

235 Kulungile, umProtestanti uthi, “Hayi. UYesu wathi WayeliLitye.” Ngoku, Akazange ayitsho.

236 Wathi, “Usikelelwe wena, Simon, nyana kaYona. Inyama negazi azikutyhilelanga Oku kuwe, ‘Wena unguye uKristu, uNyana kaThixo ophilileyo.’ Inyama negazi...Akuzange wayifunda Yona esikolweni sakwalizwi. Asingawo amahlelo athile akufundise Oku. Kodwa uBawo Wam oseZulwini ukutyhilele Yona. Kwaye phezu kweli litye, okomoyo, iNyaniso etyhiliweyo yeLizwi likaThixo, Ndiyakulakha iBandla Lam. Kwaye namasango esihogo awanakuloyisa Lona.”

237 UMowabhi wenza kwa into enye. Wehlela ezantsi phaya kwaye wafundisa abantwana bakaSirayeli, wathi, “Ngoku jonga apha, sihlobo.” Ngoku, leyo yinto ekwanye eyenzayo owakwaMoya. Ngoku jonga. “Ngoku jonga apha, asibanyanga na? Asikholelwa Thixo omnye? Sibanye sonke.” Abantwana bakaMowabhi babengabentombi kaLote. Yabona elagquba lidala, lazimela ezantsi phaya? Iselunwele kwiqebengwana. Yabona? Nabo ke, bayakhonyulukisa. Yabona? Babephezulu phaya. Kwaye babe...“Kutheni,” wathi, “ngoku jonga apha, niyazi ukuba sibanye.” Bangaphi abaziyo ukuba yayingabantwana bakaLote? [IBandla lithi, “Amen.”—Mhl.] Ngokuqinisekileyo. Ukusuka kutata wabo, ukrexezo, kwaye bathi, “Ngoku, sonke sibanye.”

238 “Niyazi, nina maWisile, nani maBhaptizi, nathi maRhabe, nani nonke...Kutheni, ngokuqinisekileyo, sifuna enye yeOli yenu. Sibanye sonke.” Kwaye yintoni abayenzayo? Batshata phakathi kwabo. Kwaye yilonto abakwaMoya abayenzileyo kumaProtestanti. Yatshata kwibhunga leecawa. Yazenza ihlelo. Kwaye iphi? Kanye ngqo njengoSirayeli wabanjalo, waliwa esalelwa kokubini umbulo ngokwasemoyeni nokrexezo lwasenyameni. UThixo wayala, ukusukela ngoko. Nkqu nabo abantwana ababangamaSamariya babeqalekisiwe. Injalo lonto? [IBandla lithi, “Amen.”—Mhl.] Ngokuqinisekileyo, wayenjalo. UYehova wamgxotha.

239 Umtshakazi kaKristu wenza into ekwanye, waxubanisa imbewu yakhe yobuhlelo, waze wabeka uKristu, umyeni

aganelwe kuye, kude. Nina bahlanjwe boma gquba labakwaMoya! Yintoni ingxaki nani? IZityhilelo, isahluko sesi-3 kunye nomqolo wama-20, siyafumana, kwisiprofeto, uYesu Kristu engaphandle kwebandla Lakhe, kwesiSigaba saseLawudike, enkqonkqoza emnyango, ezama ukungena ngaphakathi. [UMzalwana uBranham unkqonkqoza epulpitini amatyeli amahlanu—Mhl.] Owona mfanekiso ulusizi eBhayibhileni. Yenze ntoni? Yathabatha uhenyuzo.

²⁴⁰ Xa uYesu esiza, Unkqonkqozela ntoni? UYesu uyabuya ukuza kwamkela uMtshakazi Wakhe, kwaye xa Esiza kunkqonkqoza emnyango, Wayebotshelelwe. [UMzalwana uBranham unkqonkqoza epulpitini amatyeli amathandathu—Mhl.] “Kutheni, akunakungena apha. Akunakubamba mvuselelo. Hamba...Ndibonise impepha zokubekwa kwakho.” Indoda ezaliswe nguMoya kaThixo, elenene, elinyanisileyo iLizwi likaThixo, iLizwi likaThixo libonakalisiwe phakathi kolungiselelo lwayo, kungekho nenye into onokuyitsho ehasene nayo, ngokungekho similweni okanye nantoni. Ngubani ongammangalela ngayo? Yiza ehlelweni, “Kutheni, akangowoBunye. Akongom-Assembly. NgumTriniti. AkangomTriniti. Ngum-Assembly.” Nina gquba lamahlwempu abangekho ngokwasesikweni. Usizi kuni. UThixo, ngaphandle!

²⁴¹ Kodwa wathini uYohane, lamthunywa wokugqibela ezantsi phaya, phambi koKuza Kwakhe? “Unakho kulamatye ukumvuselela abantwana u-Abraham. Musani ukuza, nithi, ‘Singaboku. Singabokuya.’ UThixo unakho, la matye, uvuselela u-Abraham abantwana.” Kulungile.

Njengoko siqhubeka ngoku, owu, indlela endikuthanda ngayo oku!

²⁴² Umtshakazi kaKristu, ngohlobo olunye awayelulo umtshakazi ka Adam kunye nabo bonke, waxubanisa imbewu waza wakhuphela uKristu ngaphandle, ngenxa yehlelo lakhe. Wayenza ngokuqinisekileyo. Ngokuchanekileyo wayenza. Wamala uThixo, owayezakuba ngumyeni wakhe, njengo Eva wenzayo. Wamkela ikhula lobuxoki bokufa bukaSathana. Kwiziphumo, elifileyo, elomileyo ibandla lazalwa kuye. Ngoku, “Uyaxoka.” Uthi, “Bubuxoki obo.” Kuphi okwakho kwakwaMoya? Ukoma okungaphezulu kunamaBhaptizi enjalo. Ngokuqinisekileyo. Uyazi intoni? Ikhangeleka ingumfanekiso ombi kanye ngoku, ayinjalo?

²⁴³ Kodwa wathini uYoweli, kuYoweli 2:28? “Kodwa Ndiyakubuyisela, itsho iNkosi.”

²⁴⁴ [Indawo engenanto eteyiphini—Mhl.] Uh! Njengoko u-Adam wafumana umfazi wakhe ekhulelwe imbewu yokufa, yobuxoki bukaSathana awayamkelayo.

²⁴⁵ UYosefu wafumana umfazi wakhe ekhulelwe yiMbewu kaThixo, lona, iLizwi awalamkelayo.

246 Imalunga nantoni? Yintoni endizama ukuyitsho? Ngoku, kuni bantu abase—abasemoyeni, nina bantu basezimotweni, nina bantu emnqubeni, niyabona kutheni ndihleli ngendlela endizame ukuyihlala kanye apha, kwaye ndikugxeke okuya? Asikuba ndinayo nantoni ngokuchasene nawo amadoda, abaya bafazi. Andinayo nenye into ngokuchasene nabo, kodwa andinakho—andinakho ukuya kula—kulamhlaba. Andinakho ukuyenza, ngokuba ayilunganga.

247 Ndisifumene njani iSibhalo apha endingathanda ukusithabatha, kuYesu, ekuhendweni Kwakhe, xa wazama ukumfumana Yena! Wathi, “Ndiyakubunika Wena bonke obu bukumkani behlabathi. Bobam.” Yabona? Into ekwanye weza ngayo ku Eva. Yabona? Kuqala, ngokujika isonka, malunga nokutya, njalo njalo. Yabona? “Ndiyakukwenza konke oku ukuba Uyakunqula kum. Yiza nje uzihlomele eqeleni lethu.”

248 UYesu wathi, “Kubhaliwe, ‘Umntu akaphili ngasonka sodwa, kodwa ngalo lonke iLizwi eliphuma emlonyeni kaThixo.’”

249 Yintoni? Abanye benu bashumayeli ngoku, aboyika kakhulu ukumela indawo yenu, noyikela ukuba abayi kunivumela ningene embuthweni. Yeyiphi enye eniyakuyenza, ngoko? Bayakunikhabela ngaphandle. Ndinivela usizi, into yokuqala, ngobuthakathaka benu. Injalo lonto. Luphi ukholo lwenu kuThixo?

250 Bandixelela kwa into enye. Ngokuqinisekileyo. Ndisebenze iminyaka elishumi elinesixhenxe, de uThixo wandikhupha waza wandakhela koku, kwaye emva koko ndacinga, “Ngoku, Sathana, uyeza ngoku, jonga ukuba iphi.”

251 Xa ngenene uqonda ukuba uThixo utyhile kuwe iNyaniso yento, akukho nto ehlabathini eya kukweyisa kuyo. Yilonto yonke. Ngokuqinisekileyo ungongenakoyiswa; hayi wena, kodwa uThixo ongaphakathi kuwe. Hayi uKristu, kodwa, hayi umzimba, kodwa Oku, iLizwi elalikuYe. Hayi uMariya, kodwa iLizwi elazalwa kuye.

252 Ngoku, ke, umntu uyakuphila ngantoni? Hayi ke ngetikiti lakhe lokutya, kodwa ngeLizwi likaThixo. Hayi ngombutho wakho okuboneleli ngendawo. “Kulungile, mandibonise iincwadi zakho zesiqinisekiso. Ingaba umi kakuhle? Kufanele uyiphonononge. Kulungile, ewe, wena, ume ngoluhlu, malunga nekhulu lepesenti. Kulungile, singakwamkela okwentsuku ezimbalwa, ngenxa yemvuselelo, sikuzame size sibone ukuba uyakwenza ntoni.” Owu, bethu! Angasebenza njani uThixo kwigquba elinjalo, “Bafe kabini, bancothulwe ngeengcambu,” batshele, babolile, kunye nayo yonke enye into? Owu, bethu! Nanko omnye.

253 Owu, bantu, uThixo anisikelele! Ndiveni! Andinakukholelwa nto kuphela iLizwi likaThixo. Ndifuna Libe bubomi bam, yonke into endiyiyo. Ndifuna nani

nenze into ekwanye. Mayithi ihambo yenu, intetho yenu, ukwenza kwenu, yonke into eniyenzayo, ibe seLizwini likaThixo. Inginga kaKristu mayize kuni, kwaye—kwaye oko kuyakunikhulelisa ngeLizwi. Ukuba anenzi njalo, ukuba nivumela ingcinga yehlelo ingene, niyakukhuleliswa lihlelo. Ukuba nivumela ingcinga kaKristu ingene kuni, Akanakuphika iLizwi ElileLakhe, ngoba UnguThixo. Khulelwani iLizwi, kwaye niLikhohle. Andikhathali nokuba bayanixotha, banikhabela ngaphandle, banilahle, kwaye lonke isango livaliwe, niyakhamba nje ngendlela ekwanye. Amen. Whew! Ndifanele ndikhawulezise ngoku. Ah!

²⁵⁴ UKristu Uzithabathela uMtshakazi ngoku, ukuba akhulelwe yiMbewu-Lizwi EyiyeYakhe esibelekweni Sakhe umtshakazi, isibeleko-somoya e—engcingeni Yakhe, kwaye akayi kuyixuba nayiphi inkunkuma yobuhlelo kunye nayo. Uyintombi kuYe.

²⁵⁵ Owu, ndikhumbula ndihleli phaya egumbini, iintsuku ezintathu khona phaya, ndithandaza kwaye ndilinde eNkosini, kwaye ndizilile. Xa okuya kwandibethayo, ndacinga, “Owu Thixo, yintoni? Naku ndilapha, emfanekisweni. Ndilapha. Ukuba ndizisa oku kungaka ecaweni, ndiyakubaphi? Ndiyakuba nabo esebeni. Yintoni endingayenza? Ndilibonile ibandla njengawo wonke umfuziselo nesithunzi, kunye nayo yonke engenye, ibonisa ukuba liphelile. Yintoni oyakuyenza Wena?”

²⁵⁶ Ngoko ndacinga ngelaLizwi, “Ndiyakubuyisela, itsho iNkosi. Ndiyakubuyisela.” Khumbulani umthi omdala wepayini, xa umlilo wawubethayo waza wawutshisa; wawuthulula imbewu, nakubeni kunjalo. La mbewu ivelisa omnye omtsha. Injalo lonto. Imithi emidala iyatshiwa kunye nombutho nayo yonke engenye, kodwa kusasele iMbewu yeLizwi. Kwaye iLizwi likaThixo, Liyakubuyela emva, Lizivelise kwakhona, nje ngokuqinisekileyo njengehlabathi. Ewe. Ngoku, ngoku, akayi kuyiphosa. Qwalasela. Kodwa uKristu. . .

²⁵⁷ Siyakholwa sikwixesha lesiphelo. Asinjalo? [IBandla lithi, “Amen.”—Mhl.] Niyakholwa ukuba phambi kokuba ube nesivuno, ngoku, kufanele utyale imbewu? [“Amen.”] Niyabona kutheni ndiyeke amabandla andigxotha, andixelele yonke into, andibize ngeendidi zonke zamagama, yonke into engenye, kwaye ndihlale nje kanye nela Lizwi? [“Amen.”] Yabona? Nako kutyalwiwe, iMbewu ityalwiwe. Sele ityalwiwe, sihlobo. Seyenziwe. Ndingayitsho ngoku. Igqityiwe. Kunjalo. Igqityiwe ukutyalwa. Owu, ehe. Ngokunjalo nembewu yehlelo, bonke kubo.

²⁵⁸ Njengowethu omkhulu, obalulekileyo uMzalwana uBilly Graham watshoyo kanye apha eLouisville, wathi, “UPawulos wayenokuthabatha iBhayibhile. . .” Athabathe iBhayibhile, wathi, “Ngoku, uPawulos wayenokuya esixekweni aze abambe imvuselelo. Wayenokuba nomguqulwa omnye. Abuyele kunyaka

olandelayo, afumane amashumi amathandathu aphuma kulowa omnye.” Wathi, “Ndingaya ndize ndibambe invuselelo yeeveki ezintandathu, ndize ndibe—ndibe namashumi amabini amawaka abaguqulwa. Ndize ndibuyele kwinyanga ezintandathu kwaye ndingafumani namashumi amabini.”

²⁵⁹ Yintoni? Abangobaguqulwa. Ngabaguqulelwa kubuhlelo, yilonto yonke. Ngokuqinisekileyo. Batyalwa...Yabona, utyala imbewu yehlelo, yilonto oyifumanayo. “Yiza ngoku, mzalwana, joyina ibandla, beka igama lakho encwadini.” Yilonto yodwa abayaziyo. Kunjalo.

²⁶⁰ AbakwaMoya benza kwa into enye. “Thetha ngeelwimi, nanjalo njalo, yilonto kuphela ekufanele uyenze. Oko kukuyifumana. Yiza, zihlomele ecaweni.” Kulungile. Fumana ubhaptizo lwakho lobuxoki, nanjalo njalo, uze uqhubekeke, “Kwaye yilonto kuphela ekufanale uyenze.” Yabona?

²⁶¹ Kodwa xa uKristu esiza, UZela intombi ne...IBandla elingenasiphako okanye mibimbi yehlelo okanye nayiphi enye into, imigaqo exutywe nayo. Izakuba liLizwi, kwaye Lona lodwa.

²⁶² Ngoku, owu, bantu, naku silapha! Mayisikelelwe iNkosi! Ngoku siza eMzimbeni sibe nguMtshakazi kaKristu, ngoku sibe yeYakhe i “nyama yenyama Yakhe, nethambo lethambo Lakhe.” Ngoku, sizakukhawuleza ngoku. “Inyama yenyama Yakhe, nethambo lethambo Lakhe.” Kutheni kunga... .

²⁶³ Ndikubuzo umbuzo. Kutheni iimvula zenu zonke, emva ngaphaya, zingazisanga umtshakazi kuKristu? Ndifuna nindiphendule apho. Ukuba...Ukuza Kwakhe kubambezelekile. Siyayikholwa. (Njengoko kwakunjalo ngemihla kaNowa, ukuzeka kade umsindo, Wenza uMtshakazi Wakhe ulungele.) Kutheni ezimvula...Kutheni nina bakwaMoya emva ngaphaya, kwiminyaka embalwa egqithileyo, xa naqalisayo, amashumi amane, amashumi amahlanu eminyaka egqithileyo, kutheni ningamzisanga uKristu, uMyeni, kumtshakazi? Ndizakuyeka oko kuzike, umzuzu. Kutheni? Ngokuba nimkhulelisile yena, ngokwenu, ngehlelo lenu. Yilonto ngqo eniyenzileyo. Akasokuze atshate ihenyukazi. Uyakutshata intombi. Icacile, kodwa leyo yiNyaniso. Niyayazi Yona, ngendlela ecacileyo. Aninakubhideka. Andikhubeki malunga Nayo. Ndinixelela iNyaniso. Kutheni ingamzisanga yena? Kutheni ingazisanga uKristu, ingazisanga uKristu kuye? Ngokuba akalunganga. Wamfumana ekukrexezeni.

²⁶⁴ Ngokuchanekileyo isizathu abantwana bengaphili ngonaphakade xa bezalwa; u-Adam wamfumana umfazi wakhe ekhulelisiwe.

²⁶⁵ Seso sizathu uYehova kwafuneka athabathe uMtshakazi oyiNtlanga; wamfumana ekhulelisiwe.

²⁶⁶ Yilondlela ngokuchanekileyo uKristu ekufuneka Amfunele uMts Shakazi ngoku; Ufumene ababizwa iqela bekhulelisiwe. Uzakuhlwayela iMbewu Yakhe. Umntu uthile uzakuyifumana Yona, ngokuba bamiselwa kwangaphambili ukuba babe liBandla ekupheleni kwendlela.

²⁶⁷ Njengo Adam nokaYehova, Wabafumana bekhulelisiwe ngemfundiso yomntu yamahlelo. Njenge Nyaniso kaThixo, kwiGenesis 1, “Yonke imbewu ivelise ngokohlobo lwayo.” Ke, xa uMoya wawela kuye, umntu ebephaya esibelekweni sakhe, waza wasizalisa ngembewu yobuhlelo yengcinga yakhe, ke yilonto ekufanele ukuba abe yilendlela ayiyo, kwaye uKristu akanakuza kuye. Hum! Inzima, ayinjalo?

²⁶⁸ Ngenye imini, ndandiphezulu eGreen’s Mill. Ndandithandaza iintsuku eziliqela; ibe iyiminyaka emininzi egqithileyo. Ndenyuka ndaya eMishawaka. Andizange ndikutsho oku eteyiphini ngaphambili. Ndaya eMishawaka. Niyakhumbula malunga nenkwenkwe entsundu? Ndandisandula ukufumana abantu bakwaMoya; ndingazange ndazi ukuba kukho into enjalo. Kwaye ndenyukela phaya ndaza ndabafumana; ndacinga ndandifumene igquba leeNgelosi. Ndababona bona bethetha ngeelwimi kunye nezinto. Andizange ndive ngayo, ngaphambili. Kodwa nabo belapho, benyuka besehla ngomgangatho, bethetha ngeelwimi. Ndacinga, “Bethu, oko kuyamangalisa.” Endala i-U.P.C., kunye ne P.A. ye W., nazo zonke intlobo, babedibene. Babene... Kwakukho ucalucalulo phakathi kwabamhlophe nabantsundu ngoko. Kwakufanele babe nenkomfa yabo phezulu emantla. Kwakuse Mishawaka, Indiana. Bethu!

²⁶⁹ Ndandine dola namashumi asixhenxe anesihlanu eesenti, nje eyaneleyo yokundifikisa ekhaya. Ndebekela iisenti ezintlanu zayo kwezindala i-...idonatsi ezindala okanye—okanye amaqebengwana, malunga nezimbini okanye ezintathu iintsuku zindala. Ndehla ndaza ndafumana ingqayi yamanzi, embhobheni wamanzi. Ndaza ndemka ndaya kumasimi erhasi. Ndaza ndakhupha izihlalo zeFord yam endala, ndasibeka phantsi; ndacinezela ibhluhkwana yam ukulungiselela oba busuku, ibhluhwe ekhanyayo endandiyinxibile, kunye nesikipa esincinci esidala. Kwaye ngentsasa elandelayo ndehla kwakhona. Zange ndifune ukutya nabo. Ndandamkelekile, kodwa zange ndifune ukutya nabo, ngoba ndandingenanto yokubeka emnikelweni wabo.

²⁷⁰ Kwaye ke ndaya ukuya kukhangela. Ngala mini, bebeyakudanisa, kwaye bebeyakutshakadula, kwaye bebeyakucula bekuMoya. Ndacinga, Owu, bethu, ivakala lungileyo. Uh!” Enye indoda ibiyakuphakama ize ithethe ngeelwimi, ize *lena* inike utoliko. Kwaye, mzalwana, yayinjalo. Yabiza abantu, emva phaya esihlweleni. Ndacinga, “Owu, mzalwana, iyamangalisa lonto.”

271 “Xelesa uNkosazana Jones,” okanye u*Zibani-ka-zibani*, “yiza kanye ngoku. INkosi iyambiza.” Nanku esiza. Injalo lonto.

272 Emva koko *lena* ithetha ngeelwimi, enye iyatolika. Ndacinga, “Owu, bethu, bethu! IMillennium ilungiselela ukuqalisa. Lena yiyo. Kwaye, ke, ukuba nje ndingaxhawula izandla zala madoda anobuthixo,” ndacinga.

273 Kwaye ndaya ngaphaya kwenye yawo, xa ndandingaphandle, ndijikeleza. Babengandazi. Ndandingumfo omdala onciphileyo phandle phaya. Kwaye ndaya ndijikeleza ibandla, kwaye emva kwethuba, xa bebasaphumlile kancinci. Kwaye ndadibana nendoda phandle phaya, ndaza nda...enye yawo. Ndaza ndaxhawula isandla sayo. Ndathi, “Kunjani, mzalwana?”

274 Ngoku, niyazi, uThixo undinike isipho esincinci apha, sokufumana izinto xa Efuna ndizazi. Yabona? Ndacinga, “Ukuba ndingamenza athethe, kwaye ndimenze athethe into ethile, ndiyakufumana okokuba ibiyinyani ngenene okanye hayi.”

275 Ke ndakubona oko, kukhangeleka ngathi zinkokheli zako. Ndaxhawula isandla sayo. “Uphila njani, mzalwana.”

Wathi, “Uphila njani!”

276 Kwaye ndathetha naye ithutyana elincinci, kwaye wayengowenene umKristu. Wayenguye. Ndacinga, “Makabongwe uThixo!”

277 Emva kwethuba xa ndandijikela idolo, ndadibana nale iyenye indoda. Ndathi, “Uphila njani, mzalwana?” Ndaza ndathetha nayo. Ukuba ndakhe ndathetha nomhanahanisi, lowo yayingomnye wabo. Wayeyindoda enentloko emnyama, kwaye wayenomntwana kumfazi onentloko egwangqa. Abantwana ababini kumfazi onentloko egwangqa. Ndayibona embonweni kanye phambi kwam.

278 Ndacinga, “Ngoku ndibhidekile ngenene. Ngoku, angathini la Moya mnye, omnye abe kwindoda, kwaye enobuthixo indoda, omnye abe kwidemoni, umhanahanisi?” Ndacinga, “Thixo, kungcono ndi—ndishiye yonke into yodwa. Andazi.” Ndandimalunga neshumi elinesithoba, amashumi amabini eminyaka ubudala. Ndacinga, “Kungcono ndiyiyeke lento. Kulungile, andazi. Ingathini ehlabathi lento ukuba njeya? Andinakuthetha nto malunga nayo, andinakutsho nto ngokuchasene nayo, kodwa ndiyazi ukuba la ndoda ayilunganga.” Kwaye la Moya mnye, ndawuqaphela Wona, Ubuya kuwa, kwenzeke into enye. Ndacinga, “Kukho okungalunganga apha, ndaweni ithile. Yilonto yonke eyayilapho kuyo.” Ndathi kule ndoda...

Yathi, “Wakhe wawamkela uMoya oyiNgcwele?”

Ndathi, “Andikholelwa ukuba ndinako oko nina bafondini eninako.”

Yathi, “Uzuko kuThixo! Wakhe wathetha ngeelwimi?”

Ndathi, “Hayi, mhlekazi.”

Yathi, “Akunayo.”

²⁷⁹ Ndathi, “Kulungile, a—andicingi ndinawo.” Yabona? Ndathi, “Lena yinto entsha. Andizange ndiyibone Yona, ndive ngaYo.” Ndathi, “Kulungile. . .”

²⁸⁰ Yathi, “Kulungile, hamba uye phaya uze uyifumane. Ngokuqinisekileyo. Yeyakho.”

Ndathi, “Enkosi, mhlekazi.”

²⁸¹ Ndacinga, “Mzalwana, andifuni oko ukufumeneyo.” Ke ngoko nda—ndajonga kuyo kancinci. Ndajikeleza, ithutyana elincinci, ndaza ndajikela.

²⁸² Ndaya ematyholweni ngoba busuku, ndaza nda—ndacinga, “Thixo, yiba nenceba. Ndiyagoduka.” Ndagoduka. Zange nditsho kwanto ngokuchasene nayo.

²⁸³ Ngaxesha lithile, ndandiphezulu apha eGreen’s Mill, kumqolomba wam omncinci apho ndisoloko ndisiya, enaziyo malunga nawo. Ndandilapho, ngento ethile. Ezintathu okanye ezine iintsuku, ndandilapho ndizilile kwaye ndithandaza. Kwangunda emqolombeni, ndaza ndaphumela ngaphandle, ngenye imva kwemini. Kwakukuhle, kwaye ilanga likhanya, amagqabi. Kwakukho isiqobo esidala esasiwe phantsi *ngoluhlobo*, nje phantsi kwawo, ezantsi ngasemfuleni. Ndaza ndahlala phantsi khona phaya, ndahlilikhla amehlo am, bendisemva phaya kobabumnyama bomqolomba ithuba elide. Ndabeka iBhayibhile yam phantsi *ngolwa* hlobo. Ndacinga, “Kulungile, ndiyakholwa ndiyakufunda okuthile eBhayibhileni. Kwaye ndiyokoyama ngesisiqobo apha ndize nje ndiziphumze, ndoyame.” Ndandinothuli, ndonke. Kwaye ndaqalisa ukufunda.

²⁸⁴ Kwaye xa ndachola iBhayibhile, yayingamaHebhere, isahluko sesi-6. Yabona? “Kuba akunakwenzeka kwabo bathi bakhanyiselwa, baba ngamadlelana oMoya oyiNgcwele, baza babuya bakreqa, ukuba babuye bahlaziyelwe enguqukweni. Bona imvula isiza phezu kwawo umhlaba, futhi, ukuwulungisa, iwulungiselele oko sinako, ameva nenkunzana, awunto yanto, kufanele kutshiswe.”

²⁸⁵ Ndacinga, “Kulungile, yintoni lonto? Yima.” Ndacinga, “Tbiyintoni lonto? Owu,” ndathi, “qikelela nje into.” Yemka. Ndandingekho. . .Ndandiphezulu phaya ndithandazela enye into. Ndaza ndayibeka phantsi iBhayibhile yam kwakhona.

²⁸⁶ Ndathi, “Kulungile, ndiyacinga ndiyakutyhila ndifumane enye into yokufunda,” ngolwahlobo.

²⁸⁷ Kwaye umoya weza wayivuthelela emva kanye. NdandikwiTestamente eNdala. Wayivuthelela emva kanye kumaHebhere, isahluko sesi-6. Ndajonga phantsi kwakhona.

Nantso yayilapho. Ndayonga. Ndayichola. Ndayifunda kwakhona, into enye. “Kulungile,” ndacinga, “bethu, uya usiba neenkolelo, Bill?”

²⁸⁸ Ke ndacinga, “Kulungile, ndizakufunda apha.” Kwaye nda—ndaqalisa ukufunda, kwaye zange ndibenamdlana nakwintoni. Ndacinga, “Kulungile, ndiyakholwa ndiyakuphakamisa nje izandla zam ndidumise iNkosi.” Ndabeka iBhayibhile phantsi, *ngolwa* hlobo. Ndaphakamisa izandla zam, ndadumisa iNkosi.

²⁸⁹ Xa ndaphakamisa izandla zam, umoya wagqitha, “Whew!” Wavuthela kwakhona. Kwaye xa wenzayo, ndajonga ezantsi phaya, amaHebhere isi-6. Ndayifunda kwakhona.

²⁹⁰ Ndacinga, “Ingaba ithetha ntoni lonto? Andiqondi.” Ndandilibeke malunga noluvo lwabakwaMoya. Ngoko ndacinga, “Ingaba ithetha ntoni lento?” Ndandihleli phaya. Ndacinga, “Ingaba ikhona into phaya, Nkosi?”

²⁹¹ Ndacinga, “Ngoku, ndiyakholelwa kulonyulo. Ehe. ‘Abo bakha bakhanyiselwa, babangamadlelana oMoya oyiNgcwele,’ yabona, ‘kwaye bangcamla iLizwi likaThixo.’” Ndathi, “Ngawo amakholwa asemdeni abayakufikelela kanye phezulu, phantse kwinto yenene, baze emva koko babuyele emva, nje kanye ngabo babengexesha likaYoshuwa.”

²⁹² UYoshuwa noKalebhu bawelela ngaphaya. Kodwa ababahlala nje emdeni, yabona, “bangcamla.” Babeyibonile imisebenzi elungileyo kaThixo, emva koko bayala. Abantu bahlala ecaweni, lonke ixesha, bathi, “Ndiyayikholelwa Lonto, Mzalwana Branham,” kodwa soze basondele kuYo. Yabona, akukwazeki kwabo ukuba bawelele. Ke, ngoko, bafika kulandawo. Kwaye uyashumayela kubafazi benenwele ezimfutshane, kunyaka olandelayo bane nwele ezimfutshane nje ngokufanayo. Ushumayeke emadodeni ukuba enze, benza nje—nje into ekwanye, uyabona; soze babone. Amakholwa asemdeni athi, “Owu, ewe, ndiyakholwa Ilungile.”

²⁹³ Ndathi, “Kakade, ndiyayikholelwa lonto.” Kodwa, lena, xa ifika kulandawo, ‘Kodwa inkunzane nameva, awunto yanto, isiphelo sabo kukutshiwa.’” Ndacinga, “Ithetha ntoni lento? Andiyifumani.”

²⁹⁴ Ndahlala phaya ithutyana elincinci. Ndacinga. “Thixo, ukuba lena yinto Ofuna ndiyazi? Ndiqhezu apha ndifuna umbono kuWe, Nkosi, ukuba ndazi emandikwenze malunga nolungiselelo ezantsi phaya, kwaye ndifuna Wena undixelele, Bawo.”

²⁹⁵ Kwaye ndajonga ngaphaya komwonyo, ndinyukela phezulu kufutshana... Kwakuphezulu phesheya kweCharlestown, ndisiya ngase New Market, *ngala* ndlela. Ndanqumla ngaphaya kwenduli. Kwaye ndajonga, ndaza ndabona

phaya njengomnyama undada phezu kwentlambo. Kwaye ngalomnyama, ndabona into ethile ijika. Ndajonga, kwaye yayihlabathi. Kwaye naku kuhamba iNdoda inxibe mhlophe.

²⁹⁶ Ngoku, abaninzi benu bantu apha baselula kakhulu ukuba bazi oku. Niyakhumbula xa sasiqhele ukusasaza iimbewu ngeyethu i...ubeke ingxowa enkulu ecaleni lakho, uthathe isandla sakho uzigibisele? Mnu. Woods, uyakhumbula oko, ukusasaza iimbewu ngolwahlobo. Uzithabathele ezandleni zakho uzitshize *ngolwahlobo*, uyeke umoya uyivuthelele e—enkunkumeni.

²⁹⁷ Kwaye ndabona iNdoda inxibe ezimhlophe, inqumla *ngolwahlobo*, ihlwayela iimbewu. Ndayibukela Yona isiya kutshona egopheni lomhlaba. Ndacinga, “Ingaba ithetha ntoni lento?” Emva koko ndajonga. Nje kwamsinya Esiba nomhlana Wakhe ujika, naku kusiza elona qhophololo, leza ekujikeleni, likhangeleka *ngolwahlobo*. Lalinengxowa ezeleyo, kwaye lalihlwayela ukhula emva kwaYo. Lajikela ngaphaya komhlaba, ndisajongile, lichwechwa, uyazi, lizigibisele nje *ngoluhlobo*. Kwaye lajikela ngaphaya komhlaba.

²⁹⁸ Emva koko ndayibona iphuma, kwaye naku kuphuma ingqolowa. Kwaye kwaphuma ukhula, izinti, ameva, iinkunzane. Kwaye zombini zazikhula, ndawonye.

²⁹⁹ Kwaye naku kusiza imbalela enkulu. Kwaye ndabona langqolowa incinci inyusa lo ntloko yayo incinci, isiya, “Heh, heh, heh, heh, heh, heh, heh!” Isifa nje ifuna amanzi. Kwaye ndabona omdala omncinci umhlabangula kunye nentloko yayo igobile, “Heh, heh, heh, heh!” Usifa ufuna amanzi. Kwaye wonke ubani waqalisa ukuthandazela amanzi.

³⁰⁰ Kwaye konke ngaxeshanye, iimvula ezinkulu zeza, iphendula umthandazo. Kwaye mgama kwaye iimvula, ukunqumla umhlaba. Kwaye kwamsinya nje ukuba amanzi abethe umhlaba, langqolowa incinci yaxhumela phezulu, yathi, “Uzuko! Uzuko! Uzuko! Uzuko!” Kwaye wenyuka waxhuma umhlabangula, wakhwaza, “Uzuko! Uzuko! Uzuko! Uzuko!”

³⁰¹ Kulungile, ndacinga, “Ngoku yintoni leyo?” Kwaye nje emva koko...“Kulungile, la ngqolowa yayikhwaza. Ndiyakubona oko. Kodwa wawuthetha ntoni la mhlabangula?”

³⁰² Ngoko Wathi, “Funda amaHebhere 6.”

³⁰³ “Imvula iwela kumalungisa nakwabangengomalungisa.” Yilonto ingxaki. Yilonto si...kutheni singenaye uMtshakazi olungele uKristu ngoku. Sihlwayele imbewu yehlelo endaweni yeLizwi. Yenze ntoni? Izise abangaphezulu abantwana behlelo. Injalo lonto. Kodwa phakathi kwaphaya imbewu ethile iwile. Injalo. Kodwa, jonga, uMoya okwamnye owenza elinyaniseke ngenene—elinyaniseke ngenene ikholwa lithethe ngeelwimi, uMoya wenene owenza ikholwa loqobo umKristu, yabona, ngokuba Unkcenkeshela iLizwi, iMbewu. La Moya mnye

wenza into ethile, ithathe indawo Yawo, njengokuxuba kuka Eva, wenza umxube nje uvuye, nje ukukhwaza okungako, uziva nje uvuya kangako malunga naWo njengabo bonke. Kodwa yintoni inyaniso yayo? Imbewu ayilunganga, into yokuqala. Ke konke ukubonakalisa kwenyama akuthethi nto.

³⁰⁴ “Nokuba ndingathetha ngelwimi zabantu nolweeNgelosi, ndingenalo uthando, akundincedi lutho. Nokuba ndingasusa iintaba, kwaye ndingenalo uthando, akundincedi lutho. Nokuba ndinganikela ngempahla yam yonke ukondla amahlwempu, kwaye ndingenalo uthando, akundincedi lutho; ukuba ndithetha ilwimi njengabantu neNgelosi, iba njengenxina ehlokomayo necangi elikhencezayo.” Yabona? Asiyonto.

³⁰⁵ Phulaphula, cawa! BakwaMoya? Asinto! Kutheni? Yimbewu exutyiweyo. Ayinakuza eLizwini. Ngoku, nako apho ukhoyo.

³⁰⁶ UMzimba ozala uMzimba kaKristu, kwakhona, kufuneka usuke kwisibeleko sentombi, iLizwi. Injalo.

³⁰⁷ Yilonto. Phulaphulani koku. Yilonto ivelise, “Izigidi ngaphezulu ngo ’44.” Leyo yayiyintetho yaseBhaptizi. Yilonto amahlelo akwaMoya, ayengenakho ukuba noZalo lomoya, ukuzisa izibonakaliso kunye noKristu, ngokuba yayiyimvula yokuhlwayelwa kuphela. Kwaye yazisa ibandla lobuhlelo. Kwaye imanyene kunye ne—kunye nobuVangeli obukhulu, kwaye imke ngendlela kaKorah. Imkile kunye namahlelo. Yilonto.

³⁰⁸ Ngoku masibuyele kwiTestamente eNdala, ukwenzela imifuziselo. Emva koko, ndizakuqala apha, kwimizuzu embalwa, kwinto ethile, ndize ndinikhulule. Masibuyele kwiTestamente eNdala, ukwenzela imifuziselo, ukubonakalisa ezi zinto. Ngoku, ndithathe iiyure eziliqela apha, ndisondlala oku. Ngoku sizakuguqula umxholo, siguqule inkqubo.

³⁰⁹ Ngoku, kuqala, ndininto ethile, nje xa ndifika kwi...ndina—ambalwa amaphepha apha, emva koko ndizaku...Owu, bethu, bethu, bethu, ngokuqinisekileyo hayi, oko. Kuyakufuneka nje ndikhawulezise, ngokukhawuleza ngenene. Ndizakuyifunda, yabona, ukuyifunda nje ngokukhawuleza endingabanakho, ngoba ndiyazi asinalo kodwa nje e—elincinci kakhulu ixesha ngoku. Yabona? Ngoku, ingaba nidiniwe? [IBandla lithi, “Hayi.”—Mhl.] Owu, kulungile, ngoko, ndim. Kulungile. Qhubela phambili, ilungile yonke lonto.

³¹⁰ Ngoku, yilonto sinazo zonke ezi zinto esinazo. Ngoku, zonke ezi zinto ndizitshiloyo, ukuba azidibani neBhayibhile, okanye—okanye azihlangani neLizwi likaThixo, azilunganga, azilunganga, wonke lo mfanekiso. Ngoku ndizakukhawulezisa nje ndigqithe kokunye koku, andizukukucacisa. Kodwa nje ndikhawulezise ndigqithe kuko, ukuze sifike kuko, kwaye, ndiyarithembisa, ngokungxama endinokwenza ngako.

³¹¹ Ndinendawo apha, apho ndifike kakhulu kuMoya. Bendi...ndilivusile ibandla, ukuba ndilibonise kwaye ndibonakalise eLizwini apha, ngokuchanekileyo kwenzeke ntoni, lonke elithuba. Kwaye xa ndakwenzayo oko, ndacinga, “Nkosi, ndibenze abantu bema apha ngoku. Ndiyakubenza beme phaya. Yintoni endingabaxelela yona? Andinakuqikelela ikamva. Andinakubaxelela emabakwenze. Yintoni endiyakuyenza? Ndiyakubayeka beme esithubeni.” Ndaphakamisa isandla sam, ndathi, “Thixo, ndicinga ukuba ndenza oku ngentando Yakho. Andizange ndikwenze oku, zange ndikwenze ngaphambili, ngoba iMbewu ibingekahlwayelwa.” Ndathi, “Ngoku ndine...Ndi—ndiyakholwa lixesha lam lokuyitsho. Kodwa, ngoku, yintoni endizakuyitsho ngoku?”

³¹² Kwaye nje ngokuphandle njengokuba nisiva ilizwi lam, Into ethile yathi, “Chola usiba lokubhala lakho.”

³¹³ Ndizakunifundela, emzuzwini. Kwaye xa ndagqibayo, nantso yayikho, nje impendulo. Ndandingazi nkqu nendandikubhala; nje ndaqalisa ukubhala. Kwaye xa ndagqibayo, ndabeka usiba lokubhala phantsi. Ndajonga. Ndacinga, “Thixo, yiba nenceba! Nantso, kanye apho. Yilonto ndifuna yona.” Ngoku, kukho izinto ekufuneka ndizitsibe. Sizakufika kuyo, kwithutyana elincinci, iNkosi ithandile.

³¹⁴ Yonke iTestamente eNdala yayingumfuziselo owalatha kuKristu nakwiBandla Lakhe. Niyakholelwa ukuba u-Adam no Eva babesalatha kuKristu neBandla Lakhe? [IBandla lithi, “Amen.”—Mhl.] Niyakholelwa ukuba uYehova nomfazi Wakhe balatha kuKristu kunye neBandla Lakhe? [“Amen.”] Kulungile, ukuba bona ba—ba—bayimifuziselo, kwaye oku ngundoqo, ifanele ibenjengomfuziselo. Ngoba, umfuziselo uthabathela kwi—kwi...Undoqo uthabathela kumfuziselo.

³¹⁵ UKristu yiNtloko, iLitye lenyaniso likaThixo. Niyakukholelwa oko? [IBandla lithi, “Amen.”—Mhl.] ILizwi elinyanisileyo! UMtshakazi nguMzimba. Ufuna iZibhalo ngako oku, ukuze ubenakho ukuzikhangelela? Be—bendizakufunda iZibhalo, kodwa andisayi. UPetros wokuQala 2:1 ukuya kwi-6, ama-Efese 5:22...Yabona? UPetros wokuQala isi-2:1 ukuya kwis-6, ama-Efese 5:23. Funda esa sahluko, zombini, khona phaya. Yabona? ITestamente eNdala: uKristu.

³¹⁶ Jonga apha. Masithathe nje lena, umzekelo. Mhlawumbi ukuba umfazi wam akayithathanga idola yam...Nantsi. Ukuhlawulela amaqebengwana, ngethuba eligqithileyo. Uxolo, zihlobo, andifanele ndikutsho oko. Kodwa ndinomfazi olungileyo. Ngoku, emva kwale dola...Ukuba bekungekho ngenxa yakhe, bendingenakubanayo idola, ndiyacinga. Inceba kaThixo wasinika yona, kwaye yena endinceda.

³¹⁷ Ngoku, emva koku, ikhangeleka, ukuba leyo yimali yethu, itywina leMerika kwisandla sasekunxele sedola kufanele kube

litywina elikhulu kwesi sizwe. Ingaba injalo? Kodwa kutheni injalo, ipyramid, ebizwa ngetywina elikhulu? Nkqu nemali yakho kufanele ingqine ngako. Ewe.

³¹⁸ Ngalo lonke ixesha uthumela ikhadi leposi, okanye imbalelwano, kufanele ungq- . . . Iyangqina, “Unyaka weNkosi yethu, 1962.” Yonke into iyangqina ngoKristu. Yabona?

³¹⁹ Ingaba uyiqwalasele lonto, itywina elikhulu, yipyramid? Wonke umntu wakhe wazi ukuba ipyramid zange ibe nelitye lentloko kuyo? Bangaphi abayaziyo lonto? [IBandla lithi, “Amen.”—Mhl.] Ngokuqinisekileyo. Ndandilapho eYiphutha, eCairo. Ehe. Zange ibenalo ilitye lentloko. Kutheni? Lalaliwe, ilitye lembombo. Elo yayililitye lembombo elalibambe esi sakhiwo, kunye nelitye elibalulekileyo. Bangaphi abalaziyo ilitye elibalulekileyo yintoni? Xa igophe lisakhiwa, ngoko ilitye elibalulekileyo liyasibamba lisihlanganise. Iilitye lembombo lilo elibamba lihlanganise isakhiwo. Ingaba injalo? [“Amen.”] Kwaye ilitye lembombo kwipyramid yayililitye lentloko, yayililitye elibalulekileyo, libambe isakhiwo sonke sihlangane. Ngoku, eli litye libalulekileyo lalaliwe. Ingaba niyiqaphela phezulu phaya? Lime ngasentla kwayo, phezulu ngasentla kwepyramid.

³²⁰ Ngoku yayimele ntoni lonto xa u-Enoki wayakhayo? Nantsi into eyenzekileyo. Ifana nje neBandla leVangeli lisiza. Yabona?

³²¹ Ngoku, ezantsi kwindawo ebanzi yepyramid, imele imihla yangaphambili yokuhlaziya. Nje ukuzibiza umKristu, ukuphika ibandla lobuKatolika, ithetha ukubulawa ngenxa yalonto. Emva koko kuza . . . Bashumayela ugwetyelo ngokholo. Emva koko . . .

Ngoku qaphela *ezintathu* zibuya kwakhona.

³²² Kweza uJohn Wesley, eshumayela ungcwaliseko. Ibandla laba kwigcuntswana ngakumbi, yabona, yiza *ngale* ndlela.

³²³ Kwaye ngoko emva kwemihla ka John Wesley yongcwaliseko, kweza ibandla labakwaMoya, waza uThixo wathabatha intsalela wayikhupha koko. Ngamnye owamkela iLizwi. Yabona? Ngoku, xa isihla isiya kwabakwaMoya, inqunqela kufutshane kakhulu, ngokuba yayikukubuyiselwa kwezibabalo, ukuzizisa kanye apha phezulu.

³²⁴ Yintoni? Ezantsi *apha*, yindlela kude ekukhangelekeni kwentloko. Ezantsi *apha*, ikufutshane kancinci entloko. Phezulu *apha*, ikufutshane kancinci. Kodwa ifanele ibenjalo, ngokuqinisekileyo, ukulingana nayo yonke. Ifanele ilolwe.

³²⁵ Kula pyramid, ungathabatha irayizara bhleyidi kwaye akunakuyihambisa phakathi kwawo amatye apho ilitye lokusila lalikhona; incamathele idibene kunye. Bathi itempile kaSolomon yayikwa yinto efanayo. Yabona?

³²⁶ UThixo uthabatha uMonyulwa emkhupha kwelabandla lakwaMoya, la mxube, emkhuphela Yena ngaphandle, kwaye

egqibezela iLizwi. Kwaye ifanele isondele kakhulu lide iLizwi ngoKwalo lihlangane neliLizwi. Nalo lisiza iLitye-ntloko, likhwaza, “Inceba, inceba, inceba emangalisayo.” ILitye-ntloko!

³²⁷ Naku apho ukhoyo, njengoku, yabona, khona *phaya*. Yabona indlela exande ngayo ukuhla *apha*? Kwaye iqhubeka ukuba bucuthana, bucuthana, bucuthana, ulungiselelo. Emva kwethuba, naku kusiza... *Apha* nguLuther; ugwetyelo, ugwetyelwe. *Naku* kusiza uWesley; ingquba elingcwalisekileyo. *Naku* kusiza abakwaMoya; ubuyiselo lwezibabalo. Ngoku uThixo uthabathela phaya, elola igquba, ukwenza ulungiselelo nje ngokuchanekileyo ngokufana nela Lizwi phaya, ngokuba ifanele ilungelelane neLizwi. Nanko uMtshakazi; mthabathe umnyuse Yena.

³²⁸ Ngoku, uKristu wabonakaliselwa ukutshabalalisa imisebenzi kamtyholi. Uyayikholelwa lonto? Ngoku, andinakho ukucacisa konke oku. Ndizakungena nje kuko, nje ngokukhawuleza ngoku, ndibethe indawo ephezulu ukuze ningahlali thuba lide. UKristu wabonakaliselwa ukutshabalalisa imisebenzi yokuxubanisa kamtyholi. Ingaba injalo lonto? [IBandla lithi, “Amen.”—Mhl.] Niyakukholelwa konke oko nonke. Kungenxa yonke Yena... Wayeyintoni Yena? ILizwi likaThixo, elitshabalalisa imisebenzi yokuxubanisa, umtyholi. Ingaba injalo? Wayenziwe, ukwenza lonto. Wayezalelwe ukuba yilonto, ukutshabalalisa imisebenzi kaMtyholi.

³²⁹ Ngoku, uMzimba Wakhe kufanele wenze into ekwanye. Ngokuba, uMzimba nguwo, intloko nomzimba zidibene. Injalo lonto? Ukuba uKristu yiNtloko, wayeliLizwi, uMzimba Wakhe kufanele ube yinto enye njengeNtloko Yakhe yayinjalo. Injalo lonto? IBandla leLizwi, lizalwe ngeLizwi, uzalo lwentombi oluphuma eLizwini! Hayi ihlelo ngoku; uzalo lwentombi oluphuma eLizwini!

Indlela uMzimba osebenza ngayo ungowkeNtloko. Injalo lonto?

³³⁰ Umzimba wam awunakushukuma ide intloko yam iwuxelele ukuba ushukume. Kulungile, ingathini ukuba intloko yam yinyama kwaye umzimba wam ube yikokrithi? Huh! Awunakushukuma. Intloko ingathi, “Shukuma, shukuma, shukuma, shukuma,” kodwa akukho nto yokuthumela umyalezo kuyo. Injalo lonto? [IBandla lithi, “Amen.”—Mhl.]

³³¹ Kulungile, ukuba iNtloko yam nguKristu, kwaye umzimba wam lihlelo, izakusebenza njani? Bungasebenza njani ubunyulu nobuhenyu kunye? Uh-huh.

³³² Ndiyayithanda, bazalwana, ndizakunixeleva. Ndiyathanda ukushumayela kokunye koku, ithuba. Indlela uMzimba osebenza ngayo ungowkeNtloko, kwaye iNtloko liLizwi. Injalo lonto? INtloko liLizwi.

333 Thelekisa ibandla lanamhlanje ngoku. Kutheni singenamimangaliso kuyo? Kutheni singena Lizwi kuyo? Ayinakufumana Lizwi kuyo. Ihlelo liyaYinqanda. Ngokuqinisekileyo. Lithi, naku kusiza elungileyo, engcwele indoda kaThixo, ishmayela iLizwi likaThixo, nje ngokuthe ngqo ukusuka eBhayibhileni kunokuba njalo; ihlelo, “Uhm! Hayi. Hayi, mhlekazi. Mkhuphele ngaphandle apha.” Yabona, umzimba ngekhe ushukume. Yabona? Yomiwe, ifanale ibe njalo.

334 Ngoku, uMzimba wenza imisebenzi, uqhubekeka emisebenzini, kwaye wenze imisebenzi ethe iNtloko yawuyalela Wona ukuba iwenze. Ha-ha-ha!

335 Ndixelele kuphi apho Yakhe yathi, “Zenze umbutho.” Ndixelele kuphi apho iNtloko konke—konke yathi, “Kulungile ukuba abafazi bachebe iinwele zabo.” Huh? Yichaze. Ayikho phaya. Ndixelele apho iNtloko yakhe yathi, “Le misebenzi Ndiyenzayo, kodwa nina anisayi kuyenza.” Ndixelele lonto.

336 Kodwa, iNtloko yakutsho oku. Ufuna ukubhala iSibhalo phantsi, ndizakukunika. Yohane 14:12, “Imisebenzi eNdiyenzayo niyakuyenza nani,” lowo nguMzimba Wakhe. Yabona?

337 Yabona ngoku kutheni ndibe ndingonenzondelelo ngo—ngohlobo lweMbewu endiyitalileyo ukwenzela uMzimba? Imvula izakuna kwamsinyana ngoku; ndithetha, imvula yenene. Kwaye ifanele ibe neMbewu ewela kuyo. Ndiyathemba ndiyakuphila ukuba ndiyibone. Niyaqonda ngoku? [IBandla lithi, “Amen.”—Mhl.] Iyakuba liLizwi eliphilayo njengoko Lalinjalo ekuqalekeni, iLizwi elithethiweyo likaThixo; linaMandla Akhe, ngokuba LikuYe, eMzimbeni OngoWakhe, lisebenza ngendlela EngeYakhe.

338 Jonga kwizithembiso athe uThixo wazinika loMzimba. Ngoku siza kokuthile. Siza kwiNtaba yeZiyoni ngoku. Masijonge yintoni Ayitshiloyo kuloMzimba; ndithetha, ozalwe yintombi. Ngoku sibona i—sibona ukulinganiswa kwayo. Siyayibona yonke imihla. Kodwa masize kuMzimba wenene, sibone yintoni Ayitshiloyo malunga nako Oku. Masijonge. Kulungile. Nantsi into Ayithembisileyo.

339 Niyakholelwa ukuba uYohane 3:16 unyanisile? [IBandla lithi, “Amen.”—Mhl.] Ndifanele nje ndikufunde oku. Kuko konke okukuko. Kulungile. Nina, ndinga... Wonke umntu okholelwayo kuYohane 3:16, “UThixo wenjenje ukulithanda ihlabathi, Unikela ngoNyana Wakhe okuphela kwamzelelo,” njalo njalo, makathi amen. [“Amen.”]

340 Ndinicela umngeni ukuba nikholwe Lilo lonke. Ndithetha malunga noMzimba, ngoku.

341 Masithathe uYohane ama-20, okokuqala. Kulungile. Thatha uYohane, isahluko sama-20, size sibone. Yohane, isahluko sama-20, kwaye sizakuqalisa e, owu, ndingathi

malunga nomqolo we-19. UYohane oNgcwele ama-20, ndiyakholwa ukuba koko ndikuphawuleyo phantsi apha, kwaye ukuqalisa ngomqolo we-19. Ngoku phulaphulisisa.

³⁴² Ndikucela umngeni ukuba uyikholelwe. Owu, ndi—ndiziva mnandi. Owu, ukuba nje. . . ndi—ndinqwenela ndingabona nje uMoya oyiNgcwele ubuthelana khona ngapha, *ngolwa* hlobo, yabona, uthi, “Ngoku, ndiM.” Phulaphula.

. . . kwangolosuku ngokuhlwa, ngolokuqala usuku lweveki, zakubona ukuba iingcango zivaliwe apho babehlanguanisene khona abafundi. . . iingcango zivaliwe apho babehlanguanisene khona abafundi ngenxa yokoyika amaYuda, wafika uYesu wema phakathi, waza wathi kubo, Uxolo malube nani.

Kwaye xa waktshoyo. . . Kwaye xa waktshoyo oko, wababonisa izandla zakhe necala lakhe. Kwaye xa abafundi bakhe. . . (Masibone). . . icala lakhe. Kwaye xa. . . Bavuya ngoko abafundi bakhe, xa bayibonayo iNkosi.

Waze wathi uYesu kubo. . . Uxolo malube nani: . . . (Owu, nikulungele?) . . . njngokuba uBawo endithumile mna, (UliLizwi, iMbewu, IMbewu-Lizwi), nam Ndiyanithuma nina.

³⁴³ Niyayikholelwa? [IBandla lithi, “Amen.”—Mhl.] Sanukuyeka. Kukho okuninzi kwako.

Kwaye xa waktshoyo oku, wabaphefumlela, waza wathi kubo, Yamkelani uMoya oyiNgcwele:

Abazono nithe nazixolela, kubo zixolelwe; nabazono nithe nazibamba, zibambekile.

³⁴⁴ Ingaba yiNyani leyo? [IBandla lithi, “Amen.”—Mhl.] Ngobani Awakuthethayo oko kubo? IMbewu, iLizwi. Kutheni? Babenokuzalwa kuphela nge—ngeLizwi. Eso sisizathu. Niyayikholelwa lonto? [“Amen.”]

³⁴⁵ Masithabathe uMateyu 16 ngoku, nje umzuzu. Mateyu 16:19, masifunde oku, nje umzuzu. Kulungile.

Kwaye ndiyakukunika izitshixo zobukumkani bamazulu: kuthi ke othe wakubopha emhlabeni kubopheke amazulwini: kuthi othe wakukhulula emhlabeni kukhululeke amazulwini.

³⁴⁶ Ndinicela umngeni ukuba niyikholelwe. Ukuba elo asiloLizwi, uYohane 3:16 asiloLizwi. Kutheni uyakuthabatha elinye uze ungalithabathi elinye? Lonke iLizwi likaThixo lilungile, kodwa Lifanele lize kwisibeleko sentombi, apho kungekho nto kuphela iMbewu ilele apho. Niyayikholelwa? [IBandla lithi, “Amen.”—Mhl.] Kulungile.

³⁴⁷ Ngoku qaphelisisani oku. Ndiyazi ihenyu liyayibanga, kwaye bayazixolela izono ngamandla ehlelo labo, kodwa jonga

ebantwaneni babo. Kuwo woke amaholo okudanisa, bacheba iinwele zabo, baziqabe okwabahlekisi, amadoda phandle ahlala nabafazi bamanye amadoda, bencokolisa, beyabula ngezitrato, behlamba bexubene, yonke into. Ngokuqinisekileyo. Bayaxolela, baxolela izono, ngendlela eyeyabo, kodwa isiqhamo sabo sibonisa into eyiyo. Ayibalungelanga. Hayi, mhlekazi. Yintoni abayenzayo? Banxiba ezimfutshane, bachebe iinwele zabo, baqabe ubuso. UYesu wathi, “Baziwa ngeziqhamo zabo,” uhlobo lwembewu abayiyo. Nantso into eyiyo. Imbewu yobuhlelo inika uxolelo lobuhlelo. Ngokuchanekileyo injalo.

³⁴⁸ UThixo wathi, “ILizwi malivelise ngokohlobo Lwalo.” Kwaye ke Injalo. Injalo lonto. Owu, mzalwana, iZibhalo zinyanisile. Uyayikholelwa? [IBandla lithi “Amen.”—Mhl.]

³⁴⁹ Kwaye uMoya oyiNgcwele unobungqina besipho esanyulwa kwangaphambili esibangwa liBandla ukuba Linaso. Intoni? Ngokunkcenceshela iLizwi, ukuvumelana neLizwi, ngo “amen.” Xa Lithe, “Guqukani nize nibhaptizwe, Gameni likaYesu Kristu.” “Amen.” Xa Lisitsho ezi zezinye izinto. “Amen.” Injalo lonto. “Amen,” kuyo yonke into, yabona, Livumelana neLizwi. Kwaye uThixo ngo... wanyula kwangaphambili isipho ukuba size, sixolele izono, kodwa sanikelwa kogwaliswe nguMoya uMzimba-Lizwi. Ngoba, iLizwi linganakho, kuphela, lixolele izono, ngokuba iLizwi nguThixo.

³⁵⁰ Babenyaniseke kangakanani abaFarasi! Ndiyichaphazele, ngalentsasa, sizakufika kule. Ngoku, ndithabathe ixesha lam. Kodwa a—abaFarisi bathi, “Le Ndoda ixolela izono. Siyazi Ingumenyelisi. NguThixo kuphela onokuxolela izono. Kwaye le Ndoda ixolela izono.” Bengazi ukuba Elo yayiliLizwi. ILizwi lixolela izono, ngoba LinguThixo.

³⁵¹ Kwaye xa ungengowakho... uThixo uyazi, wazi, kwaye wayazi kwangaphambili ngolwazi lwangaphambili, ngubani oyakuthabatha esi sipho kwaye ngubani oyakusisebenzisa ngendlela efanelekileyo. Abo banaso bangqinelwe ngeLizwi likaThixo, nalo lonke iLizwi noMoya. Icacile lonto?

³⁵² Abanye bayakukwenza ukholelwe ukuba iza ngokufunda, ngokwemfundo, izidanga; ukuba uya esikolweni ithuba elide, ukuba uba ngubhishop, ufundele ukuba ngupope, okanye uba ngumongameli, okanye into enjalo. Okokuba, abanye bayakusenza sikholelwe ukuba oko kulapho ivela khona, xa umntu, ngokubekelwa izandla, ukwenza ukuba wenze into. Kodwa bakude eLizwini.

³⁵³ AmaRoma 11:29 athi, “Izipho nobizo zingaphandle kwenguquko.” UThixo uyazinikeza. Kwaye kananjalo uYohane 15:16, ufuna ukuyibhala phantsi.

³⁵⁴ Phulaphulisisa ngoku. Wayehluke njani uYesu, ngemihla Yakhe, emahlelweni omhla Wakhe. Babeyakwalatha emva

kuye...Indlela endingathanda ukubambelela koku ithuba elide! Whew! Babeyakwalatha emva ngaphaya kwamagxa abo, emva ezantsi kwixesha, bathi, “Singabafundi bakaMoses. Siyazi ukuba uThixo wabonakala kuMoses, etyholweni elivuthayo. Siyazi.”

³⁵⁵ Babesazi, babeyazi imbali kaMoses, kodwa babengamazi uThixo kaMoses. Ngoba, Wayeme phambi kwabo, kuYohane 6, kwaye wathi, “Phambi kokuba uMoses abekho, phambi kokuba u-Abraham abekho, NDINGUYE,” ityholo elivuthayo. Babeyazi imbali kaMoses.

³⁵⁶ Ke injalo namhlanje. Bayamazi uThixo...Babanga bayalazi iLizwi likaKristu, kodwa abamazi uThixo owayekuKristu. Umlilo oqatyiweyo! Ngubani onokufudunyezwa ngumlilo oqatyiweyo, amava ezemfundo yakwalizwi? Babemazi uMoses, kodwa hayi uThixo wakhe. UYesu wayenakho kwaye wathi... .

³⁵⁷ Amen. Phulaphula koku, mzalwana. Whew! Ngoku ndiziva njengoDavide ejijela lankwintshi phezulu ngoku. Ndiyathemba andikhangeleki njengonyelisa inkolo kuni, zihlobo. Ndilungile, kodwa ndiziva nje mnandi. Ndifikelela nje, ndiziva kakuhle ngoku.

³⁵⁸ UYesu wayenakho kwaye wathi, “UBawo ondithumeleyo Mna ukuM. Kwaye njengoko Andithumileyo Mna, nam ngokunjalo Ndithuma nina,” kubafundi Bakhe. “UBawo ondithumileyo Mna unaM. Ukuba Andenzi imisebenzi yeLizwi elithenjiswa nguBawo Wam, ngoko sanukuNdikholelwa, ngokuba yiyo engqinayo ngaM.”

³⁵⁹ Haleluya! Owu, bandla, kuphi apho nikhoyo? UYesu wathi... .

Bathi, “Owu, siyazi ukuba uThixo wakwenza *oku*, kodwa hayi namhlanje.”

UYesu wathi, “Into ekwanye... .”

“Siyazi uThixo wayenoMoses.”

³⁶⁰ “Kodwa uThixo owayeNam ukuM. Ngokuba, ukuba aniyikholelwa, bonani oku kubhaliweyo ngaM. Bonani oko iSibhalo sithe Ndiyakukwenza, kwaye, ukuba Andingqinelani neZibhalo, ngoko sanukuNdikholelwa.”

³⁶¹ Mandikutsho oku, hayi ukwenyelisa inkolo, kodwa mandikutsho oko malunga noMyalezo endiwushumayelayo. Ukuba uThixo akakungqineli Oku ukuba yiNyaniso, ngoko Asiyiyo. Kodwa ukuba iLizwi lingqinela ukuba ndinixelela iNyaniso, ngoko kholelwani iLizwi. Ngawo angqinayo okokuba ndixela iNyaniso okanye hayi. Abubungqina. A—angqinela olwam...ngolungiselelo Andinike lona. Wakuthembisa oku kwimihla yokugqibela. Nantsi iyiyo. Watsho oko iyakukwenza. Nantsi iyiyo. Siya ngqo kuyo ngoku.

Uyabona ukuba yiNyaniso okanye hayi. UThixo makangqine. Ukuba imisebenzi, izinto endizishumayelayo azingqini, okokuba yiNyaniso, ngoko asiyoNyaniso. Kodwa ukuba iLizwi lithetha ngoku, kwaye nantsi iyiyo, ngoko yintoni ozakuyenza malunga nayo?

³⁶² UYesu wathi, “Ndiyanazi. Nicinga ukuba niyamazi uMoses. Niyazi, ningabe niyayazi imbali kaMoses, kodwa animazi uThixo wakhe. Ngokuba, Ndandikho ngaphambi koMoses. NdandinguLowo owathetha kuMoses. Ndingu ‘NDINGUYE.’ NdinguLizwi.”

³⁶³ Babengenakho ukuyibona, ngoba bangabakayise wabo, umtyholi. Amahlelo abo awanakubavumela bayibone. Oko akulithintelanga iLizwi ekuqhubekekeni, nje ngokufanayo. Yawela kwezinye, kanye, kwaye ukusukela koko kweza uMtshakazi, esiya sizukulwana. Kulungile. Kohluke njani, umlilo oqatyiweyo!

³⁶⁴ UYesu wayenakho—wayenakho ukuthi, “UBawo ondithumeleyo Mna,” ukunye Naye. “Kwaye nemisebenzi Endiyenzayo, iyangqina, ngokuba Ndenza izinto ezinye iZibhalo ezithe Ndiyakuzenza.”

³⁶⁵ AmaYuda ayemazi uThixo wawo wembali. Into ekwanye nangoku. Ewe. Kutheni bamaziyo uThixo wabo wembali? Kungokuba babenembewu yembali. Kutheni bengamamkelanga Yena? Ngokuba yayixutywe nehlelo.

³⁶⁶ UYesu wazi Athunywe Nguye, ngokuba Owamthumayo wayengaphakathi Kwakhe.

³⁶⁷ Kwaye kwakungekho hlelo libotshelwe kuYe. Amen. Ndixelele leliphi. “Sesiphi isikolo Avela kuso?” Bathi, “Ubufumenephi Wena obu bulumko? Kuvela phi oku kufunda?” Babengenakho ukufumana isikolo Awakha waya kuso.

³⁶⁸ Kwaye, noko, kwishumi elinesibini leminyaka ubudala, Wabhidanisa ababhali nabaFarisi. Owu, bethu! Oko kuthetha ngayo. Kutheni bengazange batsho nto kuYe, njengomntwana? YayiliLizwi likaThixo. Babengenakho ukumelana naLo.

³⁶⁹ Akumangalisi abantu babemangele kwiMfundiso Yakhe! Wakhe wayifunda lonto? Marko 1:22, ukuba ufuna ukuyibhala phantsi. “Abantu babemangele kwiMfundiso Yakhe, ngokuba Wafundisa njengomntu onegunya.” Wayesazi Awayethetha malunga nako. Yabona?

³⁷⁰ IBandla ngoku kufanele libe nesahlulo esiphindwe kabini soMoya. Ngokuba kuyinyaniso, njengengubo ka Eliya eyawela phezu ko Elisha, isahlulo esiphindwe kabini, into ekwanye iza isuka kuYesu Kristu. Ngoku, uthi, “Owu, Mzalwana uBranham, uthetha ngeBandla Lakhe.” Injalo lonto. Lowo nguMzimba Wakhe.

³⁷¹ Akalolungu lomzimba wam na umfazi wam, nomfazi wakho ilungu lomzimba wakho? [IBandla lithi,

“Amen.”—Mhl.] “Inyama yenyama yakho, nethambo lethambo lakho,” ngomanyano olungcwele. Ingaba injalo lonto? [“Amen.”] Seso sizathu umKristu kungafanelanga atshate nehenyu. Yabona? Ayilunganga, hayi, mhlekazi, ngoba yaphula zonke izinto zikaThixo.

³⁷² Uthi, “Owu, ngoku, Mzalwana uBranham, linda umzuzu. Uthetha malunga noMoya kaKristu opehu. . .”

³⁷³ IBhayibhile ithe Uyakubanjalo. Ingaba injalo? Isaya 9:6, Ithe—ithe, “Kuthi sizalelwe umntwana, sinikwe unyana; iGama uyakubizwa uMcebisi, nguMthetheli woXolo, nguThixo oligorha, nguSonini-nanini. Kwaye ubukumkani Bakhe abusayi kuba nasiphelo. Nolawulo luyakuba phezu kweLakhe. . .” Intoni? [IBandla lithi, “Gxalaba.”—Mhl.] Elo lilungu loMzimba Wakhe. Bethu! Lowo nguMzimba Wakhe. Asinguwo? [“Amen.”] “Amagxa Akhe” nguMzimba Wakhe. Luphi ulawulo emhlabeni? Emzimbeni Wakhe.

³⁷⁴ “Abangcwele bayakugweba umhlaba.” Injalo lonto? [IBandla lithi, “Amen.”—Mhl.] UPawulos wathi, “Ndiyanimangalela ukuba nisane ezinkundleni, kwaye ningayisi phambi kwebandla.” Injalo. Yabona? “Abangcwele bayakugweba umhlaba.”

³⁷⁵ Luyakuba phezu kwantoni ulawulo? Phezu kwamagxa, uMzimba Wakhe. “Ulawulo phezu kwamagxa Akhe,” leyo yinxalenye yoMzimba. Yintoni? Amandla Akhe asemhlabeni. Amandla kaThixo asemhlabeni liLizwi Lakhe lenziwe inyama eMzimbeni Wakhe emhlabeni, isenza kwenzeke.

³⁷⁶ UMoses. . .Phulaphula. Masiyigqithe enye yayo. Abathunywa bakaThixo basoloko besaliwa. Niyayikholelwa lonto? [IBandla lithi, “Amen.”—Mhl.] UMoses wayeliwe. Ingaba injalo lonto? [“Amen.”] UYesu waliwa. Kwaye uLuka uthe, ku 10:16, ukuba ufuna ukukubhala oko phantsi. Kulungile. Waliwa!

³⁷⁷ USamuweli wokuQala 8:7, umyalezo kaThixo waliwa. UThixo wayenomthunywa, umprofeti, obizwa Samuweli. Niyayikholelwa? [IBandla lithi, “Amen.”—Mhl.] Waliwa yena nomyalezo wakhe. Bathabatha ihlabathi.

³⁷⁸ Lona ngumthetho ka—kaThixo. Lona uzakuba. . .andazi nokokuba ndikutsho oku okanye hayi. Lona ngumthetho kaThixo. Umthetho kaThixo kukwamkela umkhonzi ongqinelweyo.

³⁷⁹ Masikhe nje—masibonise nje oko, umzuzu. Ndifuna ukuthabatha esinye seziBhalo apha, uYohane 13:20. Masikhangele nje. Ndinento ebhalwe phantsi apha, ngahlobo luthile ndingayifumana nje engqondweni yam ngoko. Owu, ehe, apha yiyo.

Inene, inene, ndithi kuni, Lowo wamkela nawuphi endimthumileyo wamkela mna; nalowo wamkela mna wamkela lowo undithumileyo.

380 Umkhonzi ongqinelweyo! Owu, mzalwana, kukho amawaka eentshumayelo alele apha ngoku. Yabona? Injalo lonto. Owu, bethu! Ngumthetho kaThixo. Wamkele Wona.

381 USamuweli wehla wathi, “Ndifuna ukunibuza into ethile. Ingaba ndakhe ndanixelela nantoni eGameni leNkosi engazange yenzeke?”

Bathi, “Hayi.”

382 “Ingaba ndakhe ndathabatha nayiphi iminikelo ukuba ndakhe izakhiwo ezikhulu, kwaye ndenze okuninzi okukhulu ndize ndizizukise?”

“Hayi.”

“Ingaba uThixo ubonakalisile, ukuphendula iLizwi endilithethileyo?”

“Ehe.”

“Ke ngoku, kutheni ningavi?”

UYesu wathi kubaFarasi. . .

“Siyazi Uzalelwe embulweni.”

383 Wathi, “Ngubani kuni ondigwebayo Mna ngaso isono? Mandinibonise Mna iLizwi likaThixo, ndibone ukuba niyaLikholelwa, ndibone ukuba uThixo uyalingqina Lona kuni. Kwaye Mandithethe Ngam, ukuba Ndithetha okwaM, Ndilixoki. Kodwa ukuba Ndithetha ngoThixo, kwaye uThixo uthetha ngaM, ngeLizwi Lakhe, ngoko yiNyaniso. Ngoko, ngubani okholelwa iLizwi likaThixo, Mna okanye nina?” Haha! Oko kwayifumana.

384 UYesu wathi, “Lowo wamkela bona Endibathumileyo, wamkela Mna.” Kwaye, ngoku, abo Abathumileyo. “Kunye nabo bamkela Mna bamkela Lowo undithumileyo Mna.” Ndingwenela besinexesha lokulibazisa koko. Ungamkhonza kuphela uThixo nje. . . Ungamkhonza kuphela uThixo njengoko usenza kwaye—kwaye ukholelwe abakhonzi athe uThixo wabathumela. Ungamkhonza kuphela uThixo emhlabeni, yabona, njengoko abakhonzi bakaThixo abathunyelwe emhlabeni ngempefumlelo eNgcwele ikutolikela iLizwi. Niyayikholelwa lonto? [IBandla lithi, “Amen.”—Mhl.]

385 Nifuna ukubhala phantsi ezinye iZibhalo ngayo? AmaKorinte okuQala 14:16. UPawulos wathi, “Xelisani mna kuba ndixelise uKristu,” ngokunjalo, 11:1. Luka 10:16, khangela oko Akutshiloyo, oko uYesu akutshiloyo phaya. Luka 10:16, ndiyakholwa nikufuphi kakhulu kuyo apha. Masibone ithini apha ngathuba lithile, Luka 10:16, ngelixa basabhala inxalenye yayo phantsi. Ngoku, lawo ngamaKorinte okuQala 14:16, kananjalo 11:1, kunye noLuka 10:16.

386 Ngoku masifunde. Ndingena kuLuka 10:16, apha, nje ukufunda ngelixa nisajongile kwenye ngoku, nje okwethutyana. Kulungile. Naku apho sikhoyo.

*Lowo univayo nina uva mna;...lowo unithiyayo
uthiya mna;...lowo undithiyayo mna uthiya lowo
wandithumayo.*

³⁸⁷ Oko kubonakalisa ukuba uThixo uthetha uMyalezo Wakhe ngabakhonzi Bakhe. Kwasoloko kunjalo. Injalo lonto.

³⁸⁸ Ngoku, amandla eBandla elikholwayo. “UKristu unawo onke amandla ezulwini nasemhlabeni.” Niyayikholwa lonto? [IBandla lithi, “Amen.”—Mhl.] Ngoku, kungathini ukuba Ukuwe? Ingaba uKristu unawo onke amandla? [“Amen.”] Mateyu 28:18. Kulungile. UliLizwi-Mbewu eMzimbeni Wakhe. Kwaye Yena, kuthi, uba liLizwi-Mbewu kuthi. Intoni? Konke oko uThixo wayekuko, Wakugalela kuKristu; kwaye konke uKristu awayekuko, kwagalelwa eBandleni. Lawo ngamandla.

³⁸⁹ Ngoku qaphela. Khumbula umthetho kaThixo wokuqhama, ngoku, khumbula, “Ngoko hlobo lwayo.” Injalo lonto? [IBandla lithi, “Amen.”—Mhl.] IMbewu kaKristu, iLizwi, malize ngoMzimba Wakhe. Ha-ha-ha-ha-ha!

³⁹⁰ Ingaba niyadinwa? [IBandla lithi, “Hayi.”—Mhl.] Kulungile. Nje umzuzu ngoku. Masibambe ngokuzola size sithandaze. Ndifuna ukufaka oku ngaphakathi, kakuhle kakhulu. Ndifuna oku kucolisise.

³⁹¹ IMbewu kaKristu kufanele, k-u-f-a-n-e-l-e, kufanele ize ngoMzimba Wakhe; hayi ngehlelo, kodwa yezalwe ngokutsha iMbewu yeLizwi, kufanele ize ngayo. Ngoku, khumbula. Yintoni? IMbewu kaKristu.

Ingaba iza njani imbewu yam? Ngomzimba.

Ingaba imbewu yomthi we apile iza njani? Ngomzimba.

³⁹² IMbewu iza ngoMzimba, kwaye iBandla nguMzimba kaKristu. Injalo lonto? [IBandla lithi, “Amen.”—Mhl.] IBandla leBhayibhile! Olu Zalo luvelisa (olo luZalo olutsha) Ngokwakhe eMzimbeni, iBandla Lakhe, liLizwi Lakhe, ukuze abantu babone ukungqinelwa kwamaHebhere 13:8, “UYesu Kristu okwamnye izolo, namhlanje, naphakade.” Niyayikholelwa lonto? [“Amen.”] Lena ayingomahl-...mixube yamahlelo, ngoku. Lena ngabo bakwisangqa selanga, belinde ubalo olubheka ezantsi, niyazi ndithetha ntoni, ilungiselela ukuthatha usomajukujuku. Uzuko! Aba asiyomixube yehlelo; abangamanga Apha, abangabo. Hayi, mhlekazi. YiMbewu.

³⁹³ UPawulos wayesoyikela ukuba abantu bayakubukela uhlobo oluthile lwamazwi amakhulu awayenokuwathetha, okunye kwemfundo yakhe. AmaKorinte okuQala 2:1 ukuya kwi-8. Ufuna ukuyibhala phantsi. AmaKorinte okuQala 2:1 ukuya kwi-8, uPawulos wathi, “Andizange ndize kuni, ndithetha amazwi obugcisa, niyazi, okokuba ukholo lwenu lungabi kwizinto zemfundo. Kodwa ndiza kuni ngentobeko,

emandleni nasekubonakalisweni kwoMoya oyiNgcwele, ukuze iLizwi lenu... ukuze ukholo lwenu lube phezu kweLizwi likaThixo." Ewe, mhlekazi.

³⁹⁴ Nakubeni, iibandla zamahlelo ziyakuwugqitha uMtshakazi ngamanani, iwaka kwisinye. Niyayikholelwa lonto? [IBandla lithi, "Amen."—Mhl.] Niyakholwa iBhayibhile iyayifundisa? ["Amen."] Isaya 54:1. Wayithembisa. Ngokuba i . . .

³⁹⁵ Ingaba—ingaba nifuna mna—nifuna mna ndiyifunde? Kulungile, masiyifumane. Nifuna ukubona apho ikhoyo, apho Athembise ukuba ziyakumegqitha. Masiye ngaphaya ku-Isaya 54, 53, 54:1.

*Memelela, ludlolo, lungazaliyo; gqabhuka
umemelele, ubhombolozе kakhulu, wena
ungenanimba ngamntwana: ngokuba baninzi
abantwana besishiywa ngaphezu kwabantwana
bomfazi otshatileyo, utsho uYHOVA.*

³⁹⁶ Ha-ha-ha-ha! Injalo lonto? Baninzi abantwana behenyukazi ngaphezu koMfazi otshatileyo. Ngokuqinisekileyo. Bayasogqitha, ngokuphindwe kaninzi. Nakubeni be—nakubeni bebaninzi ngamanani, abanayise wenyano.

³⁹⁷ Ngoku, abantwana behlelo bamelwe kuYuda 8-13. Leyo yibandla engenankolo, "Amafu angenamvula, enza amagwebu ehlazo labo."

³⁹⁸ Ibandla yakwaMoya imelwe, lela qela lobuhlelo, kuTimoti wesiBini 3:1 ukuya ku-8, "Benokumila kobuthixo." Imbewu yabo ivelisa uhlobo lwabo. Qwalasela, ithenwa . . .

³⁹⁹ Owu, apha, sizakufumana into ethile enzulu ngoku. Ngoku qaphela eliBandla-Mbewu, eli Bandla lenene kunye neyenene, iMbewu yenyano.

Qaphela, ithenwa libe linazo zonke iD.D.'s.

⁴⁰⁰ Ngoku khumbula, uThixo zange anikele . . . UThixo zange anikele eYakhe—eYakhe intshumayelo kunye neVangeli Yakhe kwiNgelosi. Bangaphi abayaziyo lonto? Bangaphi abaziyo ukuba amaGalati 1:8 athe, "Ukuba iNgelosi iza isuka eZulwini ize ishumayele into ethile engenye ngaphandle kwabayishumayeleyo, mayiqalekiswe"? Ke, iNgelosi ayilunganga ukuba yahlukile eLizwini. UThixo wehla weza ngaphantsi kweeNgelosi, waYinikela emntwini, abo babengoonyana. Niyayikholwa lonto? [IBandla lithi, "Amen."—Mhl.] Ngoku qaphela. Ngoku, zange Ayinikele Yona kwiiNgelosi. Qwalasela, zange Ayenze.

⁴⁰¹ Ngoku, uFiliphu wayephezulu ePentekosti, eYerusalem, ukuya kunqula. Bangaphi abathi "amen" koko? [IBandla lithi, "Amen."—Mhl.]

⁴⁰² Ithenwa, ebenazo zonke iD.D.'s nee L.D.'s, kunye nayo yonke into. Kodwa kutheni lingafumananga nto? Labuya leza ezantsi, lifundisisa isiprofeto sika Isaya.

⁴⁰³ Nakubeni iNgelosi yamkhokelela uFiliphu ukuya kulo, kodwa uKhozo loBomi kwafuneka lize ngoMzimba, uFiliphu. Aha! Owu, mzalwana, ngoku sisemgceci. Lisukaphi uKhozo? NgeNgelosi? INgelosi yambonisa apho makaye khona. INgelosi ngumthunywa. *Nanku* unyana. UFiliphu wayenoKhozo, uMyalezo, iLizwi. Yilondlela uMntwana angazalwa ngayo. UFiliphu wabeka izandla zakhe phezu kwalo. UFiliphu walibhaptizela eGameni likaYesu Kristu. Nako kusiza uMoya kaThixo. Ngokuqinisekileyo. Ngoku, uKhozo kwafuneka lize lisuka eMzimbeni. Oyintoni uMzimba? UMzimba kaKristu. Ngokuchanekileyo. Kwaye uFiliphu wayelilungu loMzimba.

⁴⁰⁴ Phulaphula ngoku. Into ekwanye yenzeka kwiZenzo 10:48. UPetros wayekumphezulu wendlu. INgelosi yamkhokelela endlwini kaKorneli. Kodwa laphuma phi iLizwi? UMzimba. Owu, owu, owu, owu, owu, owu! Ndiziva mnandi kakuhle, ndiziva ngathi ndingaqhubekekeka. INgelosi yeza yathi, "Ungakhathazeki. Sukubiza nanto ngengecolileyo. Hamba nje, sukucinga nto."

⁴⁰⁵ "Kwaye ngethuba uPetros esawathetha laMazwi," hayi iNgelosi, hayi inkulu yabefundisi. "Ngethuba uPetros esawathetha laMazwi." Intoni? WayenguMzimba. WayeneLizwi. ILizwi lathabatha indawo. Owu, mzalwana! Whew! Huh! Owu, bethu! INgelosi yakhokelela, kodwa uBomi buza ngoMzimba kaKristu.

⁴⁰⁶ UPawulos, endleleni yakhe eya eDamasko, umbono wamkhokelela. Kodwa uHananiya wayenoKhozo, wayeneLizwi. Amen. La mprofethi, uHananiya, wabona umbono owathi, "Nyuka uye phaya, ubeke izandla zakho kuye."

⁴⁰⁷ Wathi, "Mzalwana uSawule, iNkosi ibonakele kuwe endleleni, usihla usiza apha." Wayazi njani? WayeneLizwi. ILizwi leNkosi leza kumprofethi. Waprofetha, wanyukela phaya waze wathi, "Yena uzile, wandithumela phezu apha, ndingabeka izandla zam phezu kwakho, kwaye uyakuphiliswa uze wamkele uMoya oyiNgcwele. Yamkela ukubona kwakho." Inkwethu yawa emehlweni akhe. Waphakama, wabhaptizwa, iGama likaYesu, wahamba waya kufunda.

⁴⁰⁸ INgelosi yayikhokela, injalo lonto, kodwa uPawulos wayenoKhozo-Lizwi.

⁴⁰⁹ Kuthabatha uMoya kaThixo, iMbewu, ukunikeza uBomi obunguNaphakade. Whew! Bethu!

⁴¹⁰ Ingaba sele iyintsimbi yesibini? [IBandla liyahleka. Umntu othile uthi, "Kusemva."—Mhl.] Ndiyayazi lonto. Uh! Ndizakufunda okunye, ngoko. Mandifunde nje malunga nemizuzu elishumi. Ninganakho? ["Amen."] Ndifumana

imbono elungileyo, ndingahlala apha, kodwa kungcono ndiqhubekele phambili intwana encinci apha. Kwaye sinalo ixesha lethu. Ngamashumi amabini anesihlanu emizuzu kude kube sisihlanu. Andazi ixesha esiyakufika ngalo eGeorgia. Ndingwenela ukuba bendingema ndicaphule koku nje intwanana encinci. Kodwa ndizakuyifunda nje ngokucotha ngenene okuncinci. Phulaphulisisa. Apha koko ndichole usiba lokubhala ngako, ingxenye yayo.

⁴¹¹ Niyabona, zihlobo, into endinayo, indlela endime ngayo ngendlela endinayo? [IBandla lithi, “Amen.”—Mhl.] Yabona endimele kona, “Phumani kuwo amahlelo nize nifumane iBandla lenene likaThixo”? [“Amen.”] Yabona kutheni kufanele Iphume eLizwini? [“Amen.”] Ayinakuza ngobulumko bomntu. Kufanele ize ngeLizwi likaThixo. Eso sisizathu ndikholelwa iLizwi nje ngendlela Libhalwe ngayo. Andisayi kongeza nto okanye ndisuse nto. Nje ukulishumayela Lona ngala ndlela, nje ukuqhubekeka.

⁴¹² Ngoku, bazalwana, nina nonke nikwiteyiphu, ukuba anivumelani nam, ndiyakunithandazela. Ukuba andilungisanga, ndithandazeleni.

⁴¹³ Ndizakufunda okunye ngoku. Nje...Ndifuna niphulaphule koku. Apha kulapho uMoya uthe, “Chola usiba lokubhala.” Kuyakufuneka ndishiye enye yaYo ndiyiyeke, kodwa kufanele ndizise enye yaYo kuni. Kulungile.

[UMzalwana uBranham ufunda umhlathi 414 ku 441—Mhl.]

⁴¹⁴ Ngoku, apha nantsi into endizama ukuyitsho kuni. Umthetho wokuphinda ukuzivelisa, ukuzisa ngokohlobo lwayo, Genesis 1:11. Ezi ntsuku zokugqibela, uMtshakazi-Bandla lenyani liza kwiNtlokolitye, iyakuba liBandla elikhulu, uHlanga olukhulu, njenge...isondele kwiLityentloko elikhulu. Bayakufana kakhulu, kangangokufana naYe, nkqu ukuba kowona mfanekiselo Wakhe, ukuze babenokudityaniswa kunye naYe. Bayakuba baNye. Bayakuba kokona kubonakaliswa kweLizwi likaThixo ophilayo. Ihlelo alisokuze libenakho ukuelisa Oku. Oku kuyakuba... Bayakuelisa imvumo nkolo zabo nemigaqo, exutywe neLizwi, baze—baze bazise imveliso engumxube.

⁴¹⁵ Unyana wokuqala wayeliLizwi-Mbewu kaThixo elithethiweyo. Wanikwa umtshakazi. (Ndiyayihlola nje. UMoya ngoku uchola oko ndikutshiloyo. Yabona?) Umtshakazi, imvel-...ukumvelisa. Wawa. Yabona, yiyo lonto...Umtshakazi wanikezelwa, ukuze unyana azivelise kwakhona, omnye unyana kaThixo. Kodwa wawa umtshakazi, ngokuxubanisa, yabona. Ukuzivelisa kukanyana; kodwa wawa umtshakazi, kwambangela ukuba makafe unyana.

⁴¹⁶ UNyana wesibini, iLizwi-Mbewu elithethiweyo likaThixo, lanikwa umtshakazi, njengo Adam. Kodwa ngaphambi kokuba Abe nokumtshata, wayewile, naye. Ngokuba

wabekwa kwilungelo lokuzikhethela, njengomfazi ka Adam wayenjalo, ukukholelwa iLizwi likaThixo aze aphile, okanye alithandabuze Lona aze ufe. Kwaye wenza njalo.

⁴¹⁷ Ngoko ukusuka kwiqela elincinci leMbewu yenyano yeLizwi, uThixo uyakumzisela uKristu uMtshakazi othandekayo, iNtombi, iNtombi yeLizwi Lakhe. Kwaye ngabo, nangabo, kuyakuzaliswa konke obekuthenjisiwe ngeLizwi Lakhe kwiNtombi engazi mvumo nkolo okanye migaqo eyenziwe yindoda.

⁴¹⁸ ILizwi lesithembiso kuYe, njengoko lalinjalo Lona kuMariya, uThixo ngoKwakhe ebonakalisiwe. Uyakwenza ngoKwakhe, ngeLizwi ElileLakhe buqu lesithembiso, ukuzalisekisa konke obekubhaliwe ngaYe, njengoko Wenzayo xa Waphuma kwisibeleko sentombi. Uhlobo lwesibeleko soMoya ngoku, iyakubanjalo iNtombi ngoku, yamkele iLizwi Lakhe, “Makwenzeke kum njengoko Utshilo.” Nakubeni yayitshiwo yiNgelosi, ngelixa yayise liLizwi elibhaliweyo, Isaya 9:6.

⁴¹⁹ Bayakumthanda Yena, bathande eYakhe, kwaye babenezakhono Zakhe, ngokuba UyiNtloko yabo. Kwaye bona bangabalandeli Bakhe, abalandeli kwiNtloko Yakhe. Ulawulo lukaKristu yajolwakhela.

⁴²⁰ Qwalasela enjani imvano! UYesu zange enze nanye into ade abone kuYise, okanye, uYise Ambonise kuqala. Imvano phakathi koThixo noKristu, yabona, Yohane 5:19. Uyakubanjalo noMtshakazi, kwaye UKristu uyambonisa Yena iLizwi Lakhe loBomi. Uyambonisa Yena, kwaye uMtshakazi uyalamkela Lona. Zange alithandabuze Lona. Akukho nto inokumvisa buhlungu Yena, nkqu nokufa. Ngokuba ukuba iMbewu ityaliwe, amanzi ayakuYivusa kwakhona. (Amen. Ngoko ndinomkhulu “Haleluya!”) Nantsi imfihlelo. ILizwi likuMtshakazi, kwaye ingcinga uKristu, yokwazi into Afuna yenziwe ngeLizwi. Kwaye uMtshakazi uyenza eGameni likaKristu. Uno ITSHO INKOSI. Ngoko Iyakhula, ngoko uMoya oyiNgcwele Uyayinkcenkceshela Yona ide Ikhule kwaye izalisekise injongo Yayo.

⁴²¹ Benza kuphela intando Yakhe. (Amen. Ndiyakuyikholelwa lonto.) Akukho namnye unokubajikela kokwahlukileyo. Bano ITSHO INKOSI okanye bathi cwaka. Ngoko bayakwenza imisebenzi kaThixo, ngokuba Nguye Buqu ekubo eqhubeka neLizwi Lakhe ukulizalisekisa, njengoko Wenzayo ukugqiba ngemihla Yakhe. Zonke izinto, xa Wayelapha, Akazange agqibe konke xa Wayelapha, ngokuba yayingekabi lixesha.

⁴²² Ngoku masime njengoYoshuwa noKalebhu. (Ngoku qaphelisisa. Oku kuzakuba nemvelaphi yokomoya.) Ngoku masime njengoYoshuwa noKalebhu, njengoko siwubona iLizwe lesithembiso lisiza ekubonakaleni. Isondela kwixesha lokunikezelwa. UYoshuwa, kwisiHebhere, uthetha *Msindisi*,

kwaye umele ethenjisiweyo inkokeli yexesha lesiphelo ukuba ilithabathe iBandla iliwelise. UKalebhu umele ikholwa lenyani elahlala noYoshuwa. UThixo wamqala uSirayeli njengentombi eneLizwi Lakhe. Kodwa bafuna into ethile eyahlukileyo. Injalo necawa yomhla wokugqibela.

⁴²³ Qwalasela indlela uThixo angazange enze nto ngoSirayeli de kwaba lixesha elanyulwe Nguye ngoKwakhe. (Ngoku phulaphula. Oku kuzakuthetha into ethile.) UYoshuwa walindela elaxesha. Nokuba kutheni, kukanganani abantu ababenokutsho, “UThixo usinikeli umhlaba, isithembiso. Masiye ngoku siwuthabathe.” Babenokuthi, “Yoshuwa, ulahlekene nomyalelo wakho. Nilahlekile nonke. Kutheni ungenzi nto nje? Wawuqhele ukwenza, wazi u-ITSHO INKOSI msinya, nokuba yayiyintoni intando kaThixo.” Kodwa esisilumko, somprofethi othunywe nguThixo wayesazi isithembiso sikaThixo, kodwa esazi ukuba makasilindele esasithembiso, isigqibo esicace gca esisuka kuThixo sexesha lakhe. (Yabona le mizekelo. Ngoku qaphela.) Kwaye xa ixesha lifika, uThixo wanikela kuYoshuwa, owahlala kunye Naye, ngeLizwi, ngokuba Wayengenakubathemba abanye. Wayenokuthemba yena. Ke oko kuyakuphindeka.

⁴²⁴ Njengomprofethi onamandla othanjisiweyo, uMoses, wazi ukuba uThixo uyakumsebenzisa. Ngokuba Wabonakalisa ukuba uMoses ngumkhonzi Wakhe, ngozalo lwakhe olungaqhelekanga, ngexesha elifanelekileyo okokuba iyakuba, intlangulo yembewu ka-Abraham yayifikile. (Niyayifumana na?) UMoses zange ahlale eYiphutha axoxe amanqaku akhe eSibhalo kunye nabo. Zange axabhulisane nababingeleli. Kodwa waya entlango waza walindela eNkosini, kwade kwa—bade abantu bakulungela ukumamkela. Wayeza kungqina ngabo, kodwa babengamamkeli. UThixo wabizela umprofethi Wakhe entlango. UThixo wangqina ukuba Umkhethile. Kodwa ukulinda kwakungeko kuka Moses, kodwa ukwenzela abantu balungele ukwamkela uMoses. UMoses wacinga ukuba abantwana bazakuqonda ukuba wayethunyiwe. (Zange ndiyibhale; Nguye owayenzayo.) Ke injalo ngoku.

⁴²⁵ Njengo Eliya, emva kwalowa onamandla, ongqinelweyo umprofethi elathi iLizwi likaThixo leza kuye, wagqiba ukushumayela umyalezo Wakhe kumaqela aseMerika alemihla eNenekazi lokuQala, kunye nenwele zabo eziphothiweyo kunye namaqela kaJezebhele aziqabayo. UThixo engqinela umprotethi Wakhe; ngalo lonke ixesha eprofetha, yayiba yinyani. Kwafanela uThixo ambizela ngaphandle edlelweni, ade abe Usibethile esasizukulwana ngezibetho ezikhulu, ngokwala umyalezo womprofethi Wakhe kunye neLizwi likaThixo Awalithumela kubo. UThixo wamthumela entlango, ekuzifihleni, nkqu nokumkani wayengenakho ukumbiza. Kwaye nabo bazamayo ukumcenga ngokuchasene nentando

kaThixo, bafa ngenxa yokwenza lonto. (Owu Thixo! Whew. Uh!) Kodwa xa uThixo wathetha nomprofethi Wakhe othembekileyo ngombono, ephuma entlango weza no ITSHO INKOSI. Wenza ntoni? Ngqo eLizwini, emva wabuyela eLizwini, weza namatye alishumi elinambini wawadibanisa kunye.

⁴²⁶ NjengoYohane umBhaptizi, umanduleli othembekileyo kaKristu, othanjisiweyo umprofethi. Hayi isikolo sikayise, hayi isikolo sabaFarisi, akukho hlelo linokumbiza entlango apho uThixo amthumele khona, ade ave iLizwi likaThixo. “UMsindisi ufikile.” (Niphulaphule, ngqondo kamoyo? Kokuphi okungaphezulu endinokutsho apha. Nditsiba into ethile ngoku apha.)

⁴²⁷ Kwahluke njani namhlanje, abaninzi ababizwa abavangeli babanga ukuba banempendulo nge...esuka kuThixo, eya ebantwini. Nje ngoKora wenzayo, ukuphika, ukuchasa igunya lokaThixo ongqinelweyo, umprofethi othanjisiweyo, uMoses, ebanga ukuba unempendulo. Lena yayilicebo lokwenza imali, nalo, ithole legolide; njengabaninzi besenza namhlanje, izakhiwo ezikhulu, izikolo ezikhulu, izifukamiso zokuqandusela imbewu yabo ekwanye. Kwaye ngoko abantu, ngoko njengangoku, bawela kuyo. Emva kokuba beve iLizwi lenyaniso likaThixo, ngothanjisiweyo umprofethi owayengqinelwe, bawela kubuxoki bukaKora. Umprofethi oqinisekisiweyo kaThixo, kwaye uThixo wazi...kwaye besazi ukuba uThixo ebebaxelele. USirayeli ebesazi uThixo ebebaxelele, ngokucacileyo, okokuba Uyakumngqinela umprofethi Wakhe ngeLizwi Lakhe. UKora wayengengomprofethi ngokweSibhalo, kodwa yakhangeleka ilunge kakubi ebantwini, into enye eyenzekayo ngoku. Namhlanje, namhlanje ligazi ezandleni zenu, ibhola zomlilo eqongeni, amafutha eminweni yenu. Kwaye into ekwanye ivelisa abashumayeli abangabafazi, iinwele ezimfutshane, eziphothiweyo, ubuso obuqatyiweyo. Yintoni eninayo? Aninakucinga ukuba abantu bayakuwela kuyo, kodwa bayenza ngoKora. Kwaye benza kwa into enye ngoku, baze bemke kwiLizwi lenyaniso, ngenxa yamahlelo. Ezimfutshane, ibonakalisa ukuba luhlobo luni lwembewu ekubo.

⁴²⁸ Kodwa, makabongwe uThixo, wonke uSirayeli zange awele kuKora. Abanye bahlala kwicala likaMoses, umprofethi othanjisiweyo ngeLizwi likaThixo. Into enye yiyo, namhlanje, kunye nabaninzi abaNyulwa bakaThixo, ngeLizwi Lakhe noMoya Wakhe.

⁴²⁹ Khumbulani, umdiza, ukhula, kufanele zihlanganiswe kwaye zibotshwe zibe zizithungu. (Injalo lonto?) Oku kwenzekile. Ezi cawa zingabagwiliki bemibutho zibotshwe zaqiniswa kunokuba zakhe zabotshwa. Zibotshwe zazizithungu zahlanganiswa kwiqumrhu leecawa, zilungele

umgwebo womlilo kaThixo. (Andizange ndikubhale oku. Ndivakalelwa ukuba Wakwenza.) AbakaMoya bagcwele yi, ebizwa, into enye njengabo. ILizwi-ngqolowa liyakuhlanganiswa ngenye imini, emva koko Bayamka, ukuya kuKumkani.

⁴³⁰ UThixo uthembisile...Lumkani. UThixo uthembise uMalaki 4 ngalo mhla wokugqibela. Kwaye uMalaki 4 akakazaliseki, kodwa kufanale azaliseke, ngokuba liLizwi elihlumayo likaThixo elithethwe ngoMalaki umprofethi. UYesu wabhekiselela kulo. Kufanele Ibe ngaphambi koKuzo kukaKristu, okwesibini. (Phulaphulisisa ngoku.) Sonke iSibhalo esingazalisekanga, kufanele sizaliseke, ngaphambi kwelaxesha. IBhayibhile kufanele igqitywe, i—igqitywe. Ithuba leNtlanga kufanele liphele, ngesigaba sebandla, xa lo uthanjisiweyo umthunywa efika. Kakade, uyakutyala iMbewu yeBhayibhile yonke, ngqo ukusuka kwinyoka ukuya kumthunywa kwimvula yangaphambili. Emva koko uyakwaliwa ngabantu behlelo, njengoyise wangaphambili, uYohane no-Eliya, njongoko kwathethwayo yiNkosi yethu.

⁴³¹ Abantu, njengoko u-Eliya wayenjalo ngexesha lokuqala, kwixesha lika Ahabhi, iyakwenzeka apha kwesi sizwe, njengoko esi sizwe singumfuziselo kaSirayeli. (Funda okanye uve *Inkolo kaJezebhele*.) Njengoko esi sizwe, oobawo mkhulu bethu, ngokunqula ngendlela ababefuna ngayo, beza kwesi sizwe batyhalela ngaphandle abemi baza basithabatha, wenza njalo uSirayeli wathabatha xa babephuma eYiphutha. Sibenawo amadoda anobuthixo, njengo Washington, Lincoln. Babenamakhulu, amadoda anobuthixo, njengo Davide nanjalo njalo. Emva koko babano Ahabhi etroneni kunye noJezebhele emva kwakhe, ukumlawula. Sinjalo nathi.

⁴³² Ke linjalo nelixesha, kwesi sizwe, okokuba la mntu uyakuvela, ngokuba kuseSibhalweni kwaye ngu ITSHO INKOSI. Ngoko kwimvula yangasemva kuyakuvela iNtaba yeKarmele, umboniselo. IBhayibhile izalisekile, kumbhalo! UYohane umBhaptizi, “Umthunywa Wakhe phambi kobuso Bakhe,” kuMalaki 3. Watyala imvula yangaphambili kwaye waliwa ziibandla, amahlelo, abaFarisi kunye nabaSadusi ngomhla wakhe. UYesu weza waza waba nemboniselo yeNtaba yoTshintsho. Lo manduleli, wemihla yokugqibela, uyakutyalela imvula yangaphambili. UYesu uyakuba yimboniselo phakathi kwamahlelo neemvumo nkolo, ntoleyo iliLizwi Lakhe, xa Esiza, imboniselo, uXhwilo loMtshakazi Wakhe. Elokuqala yayikwiNtaba yeKarmela, elesibini lalikwiNtaba yoTshintsho, elesithathu liyakuba kwiNtaba yeZiyoni. (Uzuko!)

⁴³³ Isimilo sika Eliya, isimilo sikaMoses, isimilo sikaYohane, beshiya amadlelo abo enkonzo, abaninzi babantu zange babaqonde. Kungokuba babeliwe, kunye noMyalezo wabo.

Imbewu yayihlwayelwe. Umgwebo wawuzakulandela. Kwaye babengumqondiso ebantwini, osuka kuThixo, wokuba umgwebo wawusondele. Ukutyala kwakugqithile.

⁴³⁴ Ndiyakholwa, ngenye imini, uMtshakazi wenene kaKristu uyakunyanzelwa ukuba ayeke ukushumayela iLizwi likaThixo. IBhayibhile iyaprofetha ngayo, kwiZityhilelo 13:16. (Ukuba nifuna ukuyibhala.) Amahlelo ayakuMnyanzela ukuba ayeke, okanye athathe uphawu lwalo. Emva koko, xa, iMvana iyakuthabatha uMtshakazi Wayo ize igwebe ihenyukazi ngenxa yoku.

⁴³⁵ Khumbulani, uMoses, ezalelwa umsebenzi, kwafanela alindele kuThixo isipho esithe chatha ukwenzela umsebenzi. Kwafanela abuyele emva aye kulinda, kunye nexesha elanyulwe nguThixo. Ufaro othile kwafanela abe setroneni, kwaye abantu kwafanela babe ngabafuna iSonka soBomi, ngaphambi kokuba uThixo abenokumthumela emva.

⁴³⁶ Ngoku, ngamawaka abasebenzi-bemiqondiso kulo mhla wokugqibela, benze isizukulwana sabafuni-miqondiso abangazi nto malunga nentshukumo yenyano kaThixo kunye neLizwi Lakhe kule mhla yokugqibela. (Njengoko nditshilo. . .) Banike igazi namafutha, kunye nezibonakaliso zenyama eqongeni, kwaye bayakuyixhasa, nokokuba liLizwi likaThixo okanye hayi, nokuba siSibhalo okanye hayi. UYesu usilumkисile ngezinto ezinjengezo ngomhla wokugqibela. (Njengoko benditshilo. . .) KuMateyu 24, imimoya emibini, esondelelene kakhulu efanayo, “Ilahlekise nabaNyuliweyo ukuba bekunokwenzeka.”

⁴³⁷ Ungabaxelela njani? Banike uvavanyo lweLizwi. Ungayazi njani? Thetha iLizwi, bona abakutshoyo malunga naLo. Ukuba abalikholelwa iLizwi, abanaKhozo-Mbewu kubo. Bangabongendawo, kwaye bayanilahlekisa. Njengomtshakazi wokuqala owalahlekiswayo, kwaye nomtshakazi wesibini walahlekiswa, bangabalahlekisi bomtshakazi wesithathu, ngokuxuba iLizwi, okanye ukukuzama. UThixo zange abeke imiqondiso ngaphambi kweLizwi Lakhe. (Amen. Oko kukugqatsa.) UThixo zange abeke imiqondiso ngaphambi kweLizwi Lakhe. Yayingezelwa ukugqinisekisa iLizwi, kodwa iLizwi kuqala. Ukuyibonakalisa, u-Eliya wathi kumfazi, “Bhakela mna iqebengwana kuqala,” emva koko qaphela ummangaliso usenzeka. Yiza eLizwini, kuqala, uze emva koko uqaphele ummangaliso. ILizwi-Mbewu, ngoKwalo, likoko uMoya oyiNgcwele ukuvuselelayo.

⁴³⁸ Angathini umthunywa othunywe esuka kuThixo ukukholelwa nje ezinye zeZibhalo ingelilo lonke iLizwi, aphike inxalenye yaLo? Umprofethi wenyaniso kaThixo uyakuvakalisa iLizwi kwimihla yokugqibela. Amahlelo ayakumthiya. Akayi kubuya ngamva kuwo. Uyakuba njengokuba wayenjalo xa weza ekuzeni kwakhe kukaKristu

okokuqala, “Nzalandini yamarhamba.” Kodwa abanyulwe kwangaphambili bayakuva kwaye bayakuzilungiselela ubalo olubheka ezantsi. Ukholo lweMbewu ka Abraham yasebukhosini, njengaye, ibambelele eLizwini likaThixo, kungakhathaliseki, ngokuba wayenyulwe kwangaphambili.

⁴³⁹ Umthunywa kaMalaki 4 uyakubela ngexesha elimiswe nguThixo. Sikhangelana yena sonke. Siyakholwa uyakuza. Oko kungokweLizwi Lakhe. Iyakuba sekupheleni kwexesha. Ntoleyo, elixesha ngoku lokuyibona. Uyakuba—uyakuba ngozinikeleyo ngokuchanekileyo eLizwini, njengoko babesoloko bechaziwe liLizwi likaThixo kunye nokungqinelwa. UThixo uyakungqinela oko akushumayelayo okokuba yiNyaniso, njengoko Wenzayo u-Eliya, ngokuba kukuza kuka Eliya, elungiselela uXhwilo lweNtaba yeZiyoni. UYesu wathi, “Kwimihla yokugqibela kuyakuba njengexesha likaLote.”

⁴⁴⁰ Intshumayelo yakhe iyakuba noMoya namandla omgca eLizwi likaThixo. Ngokuba okuninzi kubizwe ngokuba yiNyaniso kaThixo, abaninzi abayikumqonda lomthunywa wenyaniso. (Ndinayo ibhaliwe apha, i-s-i-p-r-o-f-e-t-h-o, “Isiprofetho.”) Ngokuba, ngokuba okungaka kuye kwabizwa ngokuba yiNyaniso kaThixo ngabazenzisayo, abalungiseleli benene abaninzi bayakungamqondi lamthunywa.

⁴⁴¹ Njengoko, iziprofetho zexesha lesiphelo ziyakuphinda, ndiyakholwa. Njengomanduleli wokuqala waphuma entlango wameza, “Nantso iMvana kaThixo,” umanduleli wesibini mhlawumbi uyakwenza into ekwanye ngokukhombisa abantu koweLizwi-ngokuzalwa uMtshakazi. UMtshakazi kaKristu uyakwalathiswa esibhakabhakeni, ekubonakaleni kukaYesu. Ekhwaza, “Nantso iMvana kaThixo,” iyakuphuma emilebeni yakhe. (UThixo makasincede ukuba silungele esisiganeko silandelayo sikufuphi.)

Kungecono ndiyishiye, kanye apha.

⁴⁴² Niyakholwa? [IBandla lithi, “Amen.”—Mhl.] Kutheni oku kube njalo? Ingaba niqonda ngcono ngoku? [“Amen.”] LiLizwi, sihlobo. Oku kube malunga neeyure ezintandathu, kanye kufutshane kuzo, isihlanu esinesiqingatha, okanye iiyure ezintandathu. Kukho okuninzi okunokutshiwo. Kodwa ngokuqinisekileyo uMoya oyiNgewe, ngelixesha, uyi—uyizikisile Yona nzulu kakhulu ngaphakathi kwenu, ukuze nazi malunga nendithetha ngako. Sikwixesha lesiphelo. Iimbewu zihlwayelwe ngoku. Imvula yangasemva ilungiselela ukuza.

⁴⁴³ Khumbulani, kuyakubakho enkulu indibanisela yobuhlelo kwamsinyane kancinci, iyakuba yemangalisayo, kwaye bayakuzihlanganisa badibane kweliQumrhu leeCawa. Kwaye ngoko oluhlobo lwebandla luyakukhutshwa ekusebenzeni, kangangoko bekwazi. Ikwelo xesha, ayakubonakala ngalo uYesu, kwaye Uyakubonisa ngowuphi uMtshakazi

nokuba ngowuphi ongenguye. Kwaye khumbulani, zihlobo ezingamaKristu, ndingumntu, ndingazenza iimpazamo. Kodwa uThixo, ekubeni enguThixo, akanakwenza mpazamo. Onke aMazwi abebhaliwe makazaliseke. Watsho njalo uYesu. Ngoko sinezinto apha eSibhalweni ekufanele zizaliseke, kwaye okuya kokunye kwezinto, olukwayo oluzayo.

⁴⁴⁴ Kodwa ngaphambi kokuba olukwayo lube nokuza, lokuphawulwa kwerhamncwa, kufanele kubekho iMbewu etyaliweyo, ukuze uThixo athabathe iBandla alikhuphe kulo. Niyayiqonda ngoku? [iBandla lithi, “Amen.”—Mhl.] IMbewu kufanele ihlwayelwe. Imbewu yehlelo, kwaye kufanele benze isimo okanye umfanekiso werhamncwa, ibandla laseRoma. Kwaye kufanele kubekho uMtshakazi wenyaniso. Kwaye siyaqonda ukuba obizwa mtshakazi waliwe.

⁴⁴⁵ UMtshakazi ka Adam wala ukuzisa uBomi. Wazisa ukufa. Siyimveliso yakhe, imizimba yethu. Sonke siyafa. Sijonge, ungabona.

Umtshakazi kaYehova wafa. Wamala ngokuqhawula umtshato.

⁴⁴⁶ Kwaye wathatha abantu kwiiNtlanga, ngenxa yeGama Lakhe. Ingaba injalo? IGama Lakhe; njengokuba umfazi ethabatha igama lendoda, umtshakazi. Ngoku yintoni ayenzileyo? Into ekwanye abayenzayo ngelinye ithuba, wazenza ihlelo, wazingcolisa.

⁴⁴⁷ Kodwa kuso sonke isizukulwana, yonke imvuselelo izisa umprofethi othile kaThixo. Umprofethi ngumshumayeli, umshumayeli wenyaniso eLizwini, ohlala neLizwi, kwaye bazisa imvuselelo ehlanganisa lowa Wanyuliweyo aphume kwesizukulwana.

⁴⁴⁸ Ngoko uya abe yimbewu, emva koko uThixo akasokuze ayisebenzise kwakhona. Ndibuza sonke isifundiswa sakwalizwi, wonke owembali, andixelele ixesha libe linye alakhe ihlelo lavuka khona. Zange livuke. Lafa xa lazenza ihlelo, kwaye nako apho lilele khona. Ndinginga ngoDwight Moody, iMoody Bible, ife njengasezinzulwini zobusuku.

⁴⁴⁹ Ndinginga ngamaWisile, abakwaMoya, amaRhabe, amaLutere, amaNazarete, iPilgrim Holiness, amadoda anobuthixo avuka, uBuddy Robinson, kunye—kunye noGeorge Whitefield, kunye nawo onke lawo makhulu, anobuthixo amadoda athi ashumayela iVangeli. Kwaye esasizukulwana samkela iMbewu eyayityalelwa ithuba labo. Njengokhozo, nokuba yayilidiza, nokuba ibiligqabi, nokuba ibiyimpontshane, nokuba ibilukhozo; nokuba yintoni, la mlungiseleli wazisa iLizwi lala mhla. Labiza kwimbombo zone zomhlaba kwaye lathabatha uMonyulwa wesasizukulwana. Ngabo abo aBanyulwa, wakhe iNdlu yoThixo ophilayo.

⁴⁵⁰ Ngoku, olu lungiselelo apha kufanele lugudiseleke kwindawo de eyona misebenzi awathi uYesu wayenza, ngokuba, xa Esiza, iNtlokolitye iyakubambelela kanye kuYo. Ngokuba abasokuze... Kuyakubakho uXhwilo luze, kwaye bayakuthatyathwa, kwaye intsalela yoMzimba iyakuza naYo, kwaye Uyakumka aye eZulwini. Hayi ihlelo, sihlobo; iBandla leLizwi likaThixo! Niyayikholwa? [iBandla lithi, "Amen."—Mhl.]

Nazi itshefu ezithile apha.

⁴⁵¹ Ngoku ndiyemka. Ndiyemka, andazi phi. Ndiyafunisa, njengoko ninjalo, intando kaThixo. Ndingqwenela ndingahlala kulomnquba; andinakuyenza lonto. Kukho amawaka; ndiyasiva isikhalo, umoya ongcobileyo ubakrazula. Andikwazi kulala, kunzima. Ndiva abantwana abancinci bekhala, ndibona omama betyhalela abantwana babo emgceci wokuthandazelwa; ndibona othile umama ekhuse usana; ebambe ingubo phezu kwalo, elikhusela kwimvula, eyadini. Intliziyo yam iyopha ngabo.

⁴⁵² Xa ndakha lomnquba, ngosuku endabeka ilitye lembombo phandle phaya, ndikhumbula lambono, ngala ntsasa. Ndinawo ubhaliwe kanye phaya kwilitye lembombo, uthi, "Lona asingomnquba wakho." Wathi, "Yenza umsebenzi wobuvangeli. Yenza ungqinisiso oluzeleyo ngolungiselelo lwakho." [Indawo engenanto eteyiphini.—Mhl.] Ndiyayithanda. Ndiyabathanda abantwana bakaThixo kwindawo yonke. Andazi apho Azakundikhokelela khona. Andazi. Ndilindile. Bendilindile unyaka. Ndingalinda iminyaka emibini, ndingalinda emithathu. Andazi. Andiyazi intshukumo elandelayo. Ndilinde yona. Kodwa ndiyacinga, ngokweSibhalo, iLizwi lhlwayelwe. Into elandelayo kukuza koMoya.

⁴⁵³ UBilly Graham angashumayela kwindawo yonke. U-Oral Roberts, wona amadoda anobuthixo, angashumayela kwindawo yonke. INkosi ingandithumela ukuba ndiye kuhlwayela iMbewu kwenye indawo engenye, kwidlelo elithile. Kodwa ndiyakholwa isizwe sethu sigqityiwe ukuhlwayelwa. Ndiyakholwa silungele ukuvunwa ngoku.

⁴⁵⁴ Xa uMoya usiwa, kwaye kubakho intshukumo phakathi kwabantu, wona amahlelo ayakuyaluzela kunye nje ngokuqinisekileyo njengoko ndimile eqongeni, kwaye iBandla likaThixo liyakukhutshelwa ngaphandle. Kwaye bayakuyenza enjalo ingxokozelo, bade bayenze imanyane, baze benze ukwayo kuye nabani ongenowabo.

⁴⁵⁵ IRoma iyakulawula ihlabathi nje iyure. Iyakulawula intwana encinci. Hayi ubukomanisi. UbuRoma buyakulawula ihlabathi, ngentsebenziswano yobuProtestanti, kwisimo sobuhlelo becawa athe uThixo wayala. Isondele kangangokuba ndisazi iLizwi likaThixo.

⁴⁵⁶ Ndiyanithanda. Ndiyanibulela. Mhlawumbi ndiyakubuya malunga neCawa, iveki. Ndiyehla, eFlorida ngoku, iNkosi ithandle; ezantsi eGeorgia, ukwenzela ubusuku bangomso. Ndinezimbalwa iitlanganiso ezithe saa, ukuba iNkosi iyakhokelela. Ndinencwadi egcwele zizo, athe uMzalwana uRoberson...okanye uBorders wandithumelela yona, ngenye imini. Ndiyacinga kukho, kulungile, kukho indawo apho kukho amashumi amathathu okanye amane eecawa afunayo ukusebenzisana, kodwa uMoya ukhangeleka undibambile. Andazi kutheni. Andazi kutheni. Ke nize nindithandezele, ndiyakunithandazela, okokuba ngokuhlangeneyo singa singema. Wanga uThixo angasinceda. Kwanga kungangabikho namnye wenu apha ongathi asilele kwaye aliphose ela xesha likhulu lizayo.

⁴⁵⁷ Ngoku, ndityholwe ngezinto ezininzi, zihlobo. Kwaye izinto ezininzi ndingonetyala ngazo. Andinankathalo; yinyani leyo. Andazi kutheni kunjalo, umntu othile kufanela andityhalele ekoneni, andenze ndilwe. Andazi. Leyo yindalo. Ndenze izinto ebendingafanelanga ndizenze, hayi ngokuzithandela, kodwa ndi—ndiyonakalisile. Kwaye yilonto endenze ndoyike kakhulu, ekuboneni ngawo lomhla, umhla esiphila kuwo, kwaye uyabona ngoku endikholelwa kuko. Ndifuna ukuva kuThixo, ukuba konke kunokwenzeka, ngaphambi kokuba ndenze intshukumo, yabona, ngoba andifuni kumphoxa Yena. Ndifuna ukuba naYe, ndawo zonke. Kwaye ndifuna nina nindithandazele.

⁴⁵⁸ Kwaye, khumbulani, ndinixelele iNyaniso. Kwaye ndiyanibulela ngokuhlala apha yonke le mini, ukusukela ekuseni ngale ntsasa. Abaninzi benu bame ngeendonga jikelele, emaholweni, noko, iinyawo nemilenze inemikhinkqi. Behleli ezimotweni, ibhetri zenu ziphelelwa, phantse, ngenxa yokuphulaphula. Kwaye naku apha, iseteyiphini yonke. Amakhwenkwe ayishicilele emva phaya. Niyakubanakho ukuyifumana. Kwaye ukuba niyifumene, godukani nayo nize nifundisise ngenene, ngobulumko, nize nibone yintoni iNkosi eyakunithandela yona.

⁴⁵⁹ Niyamthanda Yena? [IBandla lithi, “Amen.”—Mhl.] Uphi uTeddy? [Umntu othile uthi, “Apha kanye.”] Nje ngaphambi kokuba sithandazele ezitshefu kunye nabantu, ndifuna ukuthandazela ngamnye kuni. Ndifuna ukucula le ngoma ngoku. Kuze emva koko uMzalwana Neville enze izaziso zakhe ngezinye iinkonzo.

Ndiyamthanda Yena, uyamthanda . . .

Niyalithanda iLizwi Lakhe? Ngoko uyamthanda Yena.

Ngokuba waqala Wandithanda
Kwaye wathenga intsindiso yam
Emthini weKalvari.

460 Akamangalisi Yena? Ngoku, masithobiseni iintloko zethu nje ithutyana.

Bawo waseZulwini, ndiziva ndikhokelelwa ekwenzeni oku ngoku ngeeyure zokushumayela, ukucacisa, ukwenza okungcono ngendlela endiyaziyo, ngenxa yabantu bakuthi, ndizama ukubenza baqonde ezi zinto endizitshiloyo, nokuba kutheni ndizenzile ezi zinto. Ndizisa kuWe ngoku, Nkosi, aba bantu, aba bantu babonakalayo nabantu abayakuva iiteyiphu emva kwangoku. Wanga uThixo ngoKwakhe anganika utoliko oluNgcwele. Kwaye ndiqinisekile, Nkosi, ukuba ndizise iLizwi, Liyakuwela kubo abo Lanyulelwa ukuwela kubo. ILizwi Lakho liyiNyaniso.

461 Bawo, ndicela uxolo ngokukuphoxa Wena, amaxesha amaninzi. Ndiyathandaza Undixolele. Ndiyathandaza Uxolele isihlwele sam, esibonakalayo nesiingabonakaliyo, ngezono zabo zonke. Okokuba, Nkosi Thixo, siyaqonda ukuba sisekupheleni kwendlela. Lonke uphawo luphambi kwethu apha. Ndiqinisekile ingqondo kamoya, Nkosi, iyakubamba oko ndisandula ukukutsho kwimizuzu embalwa egqithileyo. Ndiyathandaza ukuba bayakuqonda, Nkosi; kwaye oko si...apho sikhoyo. Sikufuphi ekuZeni Kwakhe. Siyaziva izandi. Zikufuphi.

462 Sincede, Nkosi, sincede. Ndithandazela wonke umntu ohleli apha. Ndithandazela ezitshefu, nabazalwana abaphulaphula eteyiphini. Ndincede, Nkosi, ukuba ndithandaze umthandazo wokholo, kubo bonke.

463 Ngoku, kwabo bantliziyo zivulekileyo eLizwini likaThixo, ngokholo, ndityala leMbewu. NdiyaYityala eGameni likaYesu Kristu, ngokholo kuThixo. Kodwa, Nkosi Thixo, ndibanikela kuWe ngoku. Yinkcenkceshele Yona. Thumela uMoya phezu kwaYo, Nkosi, ela Lizwi lintshulisayo phaya; okokuba Okwamnye omkhulu uThixo, wokuphilisa; okwamnye omkhulu uThixo, wokusindisa; okwamnye uThixo, eluvukweni. UnguThixo. Yanga Ingavelisa isivuno, uMtshakazi weNkosi yethu uYesu, esingwalisiweyo isibeleko sentliziyo, ukuze samkele iLizwi. Siphe oko, Nkosi. Ndibanikela kuWe, ukuze uthabathele apha, Nkosi, ukuba kunokwenzeka, bonke ngabanye, uMtshakazi Wakho, eGameni likaYesu Kristu. Amen.

Ndiyamthanda Yena, . . .

. . .intsindiso

Emthini weKalvari.

Sonke ngokuhlangeneyo ngoku, nezandla zenu phezulu.

Ndiyamthanda Yena, ndiyamthanda Yena

Ngokuba waqala Wandithanda

Wathenga intsindiso yam

Emthini weKalvari.

464 Ngoku, emva kokuba iLizwi libe nesithandathu seeyure zokuyala, ndiyaniyalela kwinyathelo lokuqala. "Guqukani,"

kwaye nijonge phezulu, “nize nibhaptizwe,” kwimizuzu embalwa, “eGameni likaYesu Kristu ukuze nixolelwe izono zenu, kwaye uThixo uthembisile ukuninika uMoya oyiNgcwele. Ngokuba idinga likuni nakubantwana benu, nakubo abakude.” LikumaWisile, Bhaptizi, Katolika, maRhabe. “Kwaye nabanina oyakwamkela iLizwi, makaze.” Niyayikholwa? [IBandla lithi, “Amen.”—Mhl.]

⁴⁶⁵ Ndininika umalusi ngoku, ukwenzela inkonzo yobhaptizo. Uyakulungiselela ngoku, ngokuba silungiselela ubhaptizo. Mzalwana Neville.

Ngoku hlalani nje ithuba.

⁴⁶⁶ UMzalwana wethu uNeville, ngoku, umalusi wethu, uyakunixelela malunga nocwangco lwenkonzo kanye ngoku, nje emzuzwini. UThixo anisikelele, de ndinibone. 

ILIZWI ELITHETHIWEYO YIMBEWU YEMVELO XHO62-0318

(The Spoken Word Is The Original Seed)

Lo Myalezo ka Mzalwana William Marrion Branham, waqala ukushunyayelwa ngesiNgesi, kusasa kwaye emva kwemini ngeCawa, ngo-Matshi 18, 1962, kuMnquba kaBranham eJeffersonville, Indiana, U.S.A., wathatyathwa kwisishicileli-mazwi waze wabhalwa ngesiNgesi ungafinyezwanga. Le nguqulelo yesiXhosa ibhalwe yaze yapapashwa yi Voice Of God Recordings.

XHOSA

©2014 VGR, ALL RIGHTS RESERVED

VOICE OF GOD RECORDINGS, SOUTH AFRICA OFFICE
58 DISA ROAD, ADMIRAL'S PARK, GORDON'S BAY 7140 WESTERN CAPE
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

VOICE OF GOD RECORDINGS
P.O. BOX 950, JEFFERSONVILLE, INDIANA 47131 U.S.A.
www.branham.org

Ilungelo lombhali elilelakhe lokushicilela

Onke amalungelo agciniwe. Le ncwadi ingaprintwa kwiprinta yasendlini ukwenzela ukuba isentyenziswe okanye kunikezwe ngayo, ngaphandle kwentlawulo, njengesixhobo sokukhawulezisa iVangelli kaYesu Kristu. Le ncwadi ayinakuthengiswa, yenziwe kwakhona ngesixa esikhulu, ifakwe kwi website, igcinwe kwindawo apho inokukhutshwa khona, itolikelwe kwezinye iilwimi, okanye isetyenziselwe ukurhwebesha imali ngaphandle kwemvume echaziweyo ngombalo ephuma eVoice Of God Recordings®.

Ngeechukacha ezithe vetshe okanye malunga nezinye izinto eziphathekayo, nceda qhagamshela:

VOICE OF GOD RECORDINGS
P.O. Box 950, JEFFERSONVILLE, INDIANA 47131 U.S.A.
www.branham.org